




IZACI
NAMAQHALO
ESIXHOSA

E. W. M. MESATYWA

Longmans

No. 59/822

BAA 496.371103 MES



This book was presented by

Library of Parliament

1950

to the Library of the University of
Cape Town.

10/6

10/6
10/6
10/6

D 174/55



IZACI NAMAQHALO
ESIXHOSA

ngu

E. W. M. MESATYWA

LONGMANS, GREEN AND CO.

Cape Town

London

Melbourne

New York

LONGMANS, GREEN AND CO., LTD.

6 and 7 Clifford Street, London, W.1

BOSTON HOUSE, STRAND STRLET, CAPE TOWN

NEW YORK

TORONTO

BOMBAY

CALCUTTA

MADRAS

MELBOURNE

First Published 1954

A 496.371103 MES



Printed by

Galvin & Sales (Pty.) Ltd., 11 Castle Street, Cape Town

IZALATHISO

IZACI

<i>Isahluko</i>		<i>Iphepha</i>
I.	Izilo Zasendle	1
II.	Iinyamakazi Nezilwanyana	7
III.	Izinambuzane	17
IV.	Iintaka	23
V.	Izilo Zasekhaya	34
VI.	Umzimba Namalungu Awo	50
VII.	Umzimba Namalungu Awo	68
VIII.	Imithi Nemifuno	87
IX.	Amazulu Nendalo Ngokubanzi	95
X.	Ubomi Nentlalo Yasekhaya	109
XI.	Izinto Ezityiwayo	121
XII.	Indlu Neempahla Zayo	138
XIII.	Ukuzala, Ukulala, Ukufa	146
XIV.	Ezamagama Aabantu Naweendawo	150
XV.	Ezinye Izaci	156

AMAQHALO

<i>Isahluko</i>		<i>Iphepha</i>
I.	Izilo, Izilwanyana, Izinambuzane	172
II.	Iintaka	178
III.	Izilo Zasekhaya	182
IV.	Umzimba Namalungu Awo	187
V.	Amazulu Nendalo Ngokubanzi	191
VI.	Ngobomi Nentlalo Yekhaya	196
VII.	Ngeendlela Nemikhwa Yabantu	202
VIII.	Amanye Amaqhalo	207

INTSAYELELO

Ndibulela kakhulu uncedo endilufumene kwezi ncwadi zilandelayo:

- (i) "UZemk' iinkomo Magwala ndini", ebalwe nguMfu. W. B. Rubusana.
Apha kule ncwadi kukho uluhlu lwezaci (idiomatic expressions) namaqhalo (proverbs), ethe inxenye yachazwa ngesiXhosa. Ezi nkcazo ndizisebenzisile, nangona ndihambe ndifunqu-funqula, ndisongeza.
- (ii) "The AmaXhosa: Life and Customs", ebalwe nguMfu. J. H. Soga.
Le ncwadi ibalwe ngesiNgesi. Nakuyo kukho ingqokelela yezaci namaqhalo achazwe ngesiNgesi eso.
- (iii) "Bird-Lore of the Eastern Cape Province", ebalwe nguMfu. Robert Godfrey.
Zonke izaci namaqhalo alapha athetha ngeentaka.
- (iv) "A Xhosa-English Dictionary", ebalwe nguMfu. Albert Kropf.
- (v) "The Healdtown Xhosa Readers", ezinengqokelela yezaci namaqhalo angachazwanga, aqokelelwe nguMfu. Candlish Koti.
- (vi) Iincwadi endifumene kuzo imizekelo. Amagama aabaBali bazo abaliwe emva kwemizekelo leyo.
- (vii) Into eninzi yeencwadi endihambe ndifumana apha naphaya kuzo.

Andingebagqibi ukuwabiza ngamagama abantu abandincedileyo ngokundichazela izaci namaqhalo ebe ndingawazi, kodwa kuho bonke ndithi, 'Ningadinwa nangomso'.

Elokuphetha naali, ukuha kukho obona iziphene kule ncwadi, nonento angancedisa ngayo kwezinye zeenkcazo ezingacacileyo, nalowo unezaci namaqhalo angekhoyo apha, wothi andincede ngokubalelana nam.

E.W.M.M.

*Healdtown,
Cape Province.*

ISAHLUKO I
IZILO ZASENDLE

I. Iingonyama, Izingwe, Iindlovu

1. *Ukuzifaka emlonyeni wengonyama*

Kukuzibulala. Kambe ke ingonyama ingamqwenga lowo uzifaka emlonyeni wayo.

“Bathe bonke ababekho ufanelwe kukwenje njalo ukuβα nemi-hlali, kuβα usinde ebeye kuzifaka emlonyeni wengonyama.”
(S. E. K. Mqhayi)

2. *Kubambene ingwe nengonyama*

Zithi ezi zilo zibini zakudibana kutsho kuhlokome amahlathi yimigqumo. Kutshiwo ke xa kudibene iinto ezikhali-phileyo nezomeleleyo zombini.

“Zithe zakuqubisana ezi nkunzi zimbini, umntu waβona ngo-thuli olumboxo ukubeka phezulu, kwacaca ukuβα kuβambene ingwe nengonyama.”

3. *Ukuβα yingwe yomntu*

Le ntetho ibekiswa kumntu owoyikwayo. Kuzekeliswa ngengwe kuβα isisona silo soyikwa kakhulu ngamadoda, nangaphezu kokuβα eyoyika ingonyama.

“Nabafundi bakwaNokholeji abadala baβevuya ukumbona phakathi kwabo, kuβα wayeyingwe yabo kwiqakamba esese-Lovedale.” (A. C. Jordan)

4. *Amabal' engwe*

Uthi umntu xa angazi kuthetha nto ininzi, athi ndiza kwenza nje amabal' engwe, oko kukuthi ndiza kuthi gqaba-gqaba nje. Kude kuthiwe kukubetha koozelekazi.

“Ngoku kwesi sahluko ndinga ngabetha nje amabal' engwe kuβα hleze ndide ndimdinise umfo wasemzini obendicelile.”
(S. E. K. Mqhayi)

5. *Ukuphatha ingwe emsileni*

Ungase uthelekelela ke nawe into enokwenzeka kuwe ukuḅa unokuthi uyichukumise ingwe emsileni izihlalele. Kukuzibizela ukhwembe-khwembe; ukudlala ngomlilo.

“Kanene ingwe ndiyiphathe emsileni ndithethe ngamaMpondomise nje.” (A. C. Jordan)

6. *Umsila wengwe*

Uthi umntu obulele ingwe, awuthumele komkhulu umsila wayo apho ufika womiswe ube yintonga. Xana kukho onetyala kuthunywa umntu aye kuwugxumeka enkundleni kuloo mzi unetyala, kodwa kufuneka uḅoniwe. Lowo unetyala wowuncothula aye nawo komkhulu ngengomso; ukungayi kwakhe uya kuḅa wenza isidelo. Umsila wengwe ke yisamani ngokwase-mLungwini.

“Le nto ukuḅa ibivakele komkhulu kuqala, ḅe siya kuḅona ngomsila wengwe sonke apha, ibe ke kukuphanza kwethu oko.” (S. E. K. Mqhayi)

7. *Ukuḅa yindlovu*

Kukuḅa namandla agqithileyo.

“Ungabona ngathi lubityile, kanti asingomandla apho yindlovu.”

8. *Ukuvusa umnyele*

Izilo ezinje ngeengonyama nezinja nezinye zibonwa ukuḅa zinomsindo ngokusuka obu boya busentanyeni buthi jaa, bume. Apha ke kuthethwa ukuḅa nomsindo.

“Amadoda awayenegqira elo avusa umnyele akuḅona uSolakhe ephikele ukwenza imfeketho.” (H. M. Ndawo)

II. Imbabala, Iinchuka, Umkhombe, Inyathi, Ixhwili

9. *Imbabala yolwantunge*

Imbabala le yinyamakazi ehlala ezingqaqeni, ekudeni. Ulwantunge lona lihlathi elingenamlinganiselo, elingenasiphelo. Le nyamakazi ke ithi ilapha ibe iphaya, kanti ke ikwayingozi kothe wasondela kuyo. Esi saci sithetha umntu ongenasikhundla, itshivela. Ikwangumntu ongathembekiyo ukuḅa angenza ngozi ni na kwaḅanye.

“Asazi ukuba singamthi ni na lo mntwana usuke waayimbabala yolwantunge into engenasikhundla, eyalanayo nento yonke engumsebenzi.”

10. Ubuqholo benchuka

Inkohliso. Inchuka sisilo esithiyweyo nesoyikwayo ngamaXhosa ngenxa yenkohlakalo namaqhinga aso. Ithi inchuka yakufika endlwini elele abantu ithabathe lowo unga-semnyango imthwale ngobunono, ihamba imbeka phantsi, imbambazela, imvuthele ngomoya onobufu ju ukuba ozele ngakumbi. Ubuqholo bayo ke obo.

“Bamtatazelela bembonga bembonisa ukuba akafani namntu ngobukhulu, kanti lonke elo xesha bamnika ubuqholo benchuka.”

11. Inchuka eyambethe ufele lwegusa

Le ntetho ivele ekuqaleni inchuka le ibisithi xa iya kuzingela yambathe isikhumba segusa ukuze iwungenele kakuhle umhlambi wegusa ingaqondwa ukuba yinchuka. Kubekiswa kumntu onjalo ke; umntu oyingozi nomkhohlisi wenene.

“Wothi ke umntu othuniweyo angabi samkelwa, kuba abantu se benenchwangu kukusoloko bexhwithwa ziinchuka ezambethe iimfele zeegusa.” (B. A. Bangeni)

12. Umkhombe ubembesile

Kukungabi nambulelo.

“Sithe sakumnceda samkhuphulula ebunzimeni bakhe, wasuka waangumkhombe ubembesile, wasijongela phantsi.”

13. Isisele senyathi

Kutshiwo kumntu olumkileyo, umntu onamava. Inyathi le idume ngobulumko namaqhinga okuzimela nokuhlasela aabo bayizingelayo.

“Yonke into ofuna ukuyazi ungayibuza kweliya xhego lakwa-Zengele; lisisisele senyathi ngokwazi izinto.

14. Ukhwekhwe lwexhwili

Ixhwili yinyamakazi eyahlala inokhwekhwe olungapheliyo, lwaye lusulela kananjalo. Ke into engavumiyo ukwahlukana nanye kuthiwa lukhwekhwe lwexhwili. Kukwanjalo kwisifo esithi sinyangwa nje sibe singavumi ukuphuma.

“Sibe kuzama zonke iindlela zokuba sahlukane naye, hayi wasuka yena waalukhwekhwe lwexhwili, wathana nca nathi.”

III. Iinyoka, Ugqoloma, Uhili, Imbulu

15. *Ngamanyal' enyoka*

Bathi aabo bakhe bazibone iinyoka zisilwa asinto ibukelekayo leyo. Yinto etsho umntu abamb' amazinyo, xa iyileyo izama ukuginya enye. Elinye inyala lenyoka kuxa ikhwela emthini, nje ngaleyo yasemyezweni. Esi saci ke sithetha into embi, into emasikizi; okanye into ebanga usizi.

"Hayi ke nkosi yam amanyal' enyoka anqhinwa ngabo bonke ababebukele ukulwa kwezo nkunzi zimbini." (H. M. Ndawo)

16. *Ukubamba inyoka emsileni*

~~Kukuziqhwayela ukhwembe-khwembe; ukuzifaka engozini nasengxakini, ukuvusa umsindo. Kuthiwa kulula ukuba inyoka imtye umntu ukuba uyivele ngasemsileni, kunoko kunjalo xa ayibambe ngasentloko. Esi saci sithethwa nangezi ndlela: Ukunyathela inyoka emsileni; ukuphatha inyoka emsileni.~~

"UNolifwa wanyathela inyoka emsileni, avuka onke amaLawu ngendlwana, nalawo ayesel' enqhenqhile." (H. M. Ndawo)

17. *Ukuba yinyoka*

Akukho mntu ungawaziyo amaqhinga enyoka nokungathembeki kwayo. Kubekiswa kumntu onjalo, onamaqhinga, oqubuluza ngesisu esenzakalisa abanye, ezifihlile kuloo msebenzi wakhe mbi.

"Yayibuhlungu into yokuba uZwelinzima angabi nakho ukubuqonda ubunyoka bukaDing'indawo." (A. C. Jordan)

18. *Yinyoka nesele*

Esi saci sichaza abantu abangathandaniyo. Kaloku inyoka le ayithandani nesele, kuba isele lilixhoba enyokeni. Lithi ke ngoko isele lakuva nokuba ngumfutho wenyoka, ulibone ukwenza imitsi ebanzi lizama ukusaba kuloo ngozi; kanti woyibona yona inyoka ibekele emva kwalo, se ingathi ayiboni nangamehlo, igila izicithi iyiloo nto. Ezi zilo be zifanele ukuthandana kuba zozibini zihlala ndawo nye. Le nto isifundisa ukuba asingabo bonke abantu abahlala ndawo nye abathandanayo.

"Umntwana ngumdiibanisi wemihlambi eyalanayo, kwa nje ngokuba ngenxa yomntwana, ababekhothana wobona se beyinyoka nesele." (Z. Futhane)

19. *Banamafutha kagqoloma*

Yintetho ebekiswa kubantu aboyikekayo. Ugqoloma yinyoka eyayisoyikwa kakhulu.

"Akubanga kho mntu usondelayo ngakuye, kuBa waba ngathi ngumntu lo onamafutha kagqoloma ukoyikeka kwakhe."

20. *Uhili uphumile ezingcongolweni*

Yinkolo yamaXhosa ukuBa oohili aaba bagcinwa ezingcongolweni ngaaBo banaBo. Kaloku yimpahla yamagqwira leyo. Uthi ke uhili ukuBa ukhe wabaqwa wabanjwa—nje ngoko kuthiwa bathanda ukudlala nabantwana—kuthiwe uphumile ezingcongolweni, oko kukuthi udandalazile. Apha ke kuthethwa ukuBa ihlebo livelile.

"Waphawula kwa selizwini uMthunzini ukuBa konakele ngoku. Usel' edule kakade, uthikolose ma kaphume ezingcongolweni." (A. C. Jordan)

21. *Kukho uhili engcotyeni*

Nje ngoko se sitshilo, uhili lo uhlala encheni nasezingcongolweni; phofu akafumani abonwe nje, kodwa uya ranelwa. Le ntetho ke isetyenziswa xa kukho into ekrokrelwayo, efanelwayo.

"Uthe akufuna ukundenzela into enkulu kangaka, akafuna nambuyekezo, ndaqala ndandweba, kwanga kukho uhili engcotyeni."

22. *Uya kuva into embi eyaviwa nguhili*

Oko kukuthi uya kuBa sezintlungwini ezimbi. Uhili lo ubethiyiwe, phofu esoyikwa ngenxa yemfeketho yakhe, nangenxeni yokuBa ekhankanyelwa ngakumagqwira. Ubesithi ke apho athe wabanjwa khona—nakubeni ibiyinto enqabileyo leyo, kuBa kuthiwa unebastile athi akulifaka emlonyeni asuke athi fwaka—enziwe into embi ukohlwaywa ade afe.

"Nje ngokuBa uziphethe olu hlobo lubi kangaka nje, wothi apho ubanjwe khona uviswe into embi eyaviwa nguhili."

23. *UkuBa yimbulu*

UkuBa yimbulu kukuBa ngumntu othanda ukulinganisa abanye abantu, esenza izinto abazenzayo nokuBa yena azimfaneli. Le ntetho ivele kulaa ntsomi yembulu nentombazana,

ngokusuka imbulu ithathe izikhaka zentombazana leyo, phofu yabuya yabanjwa yabulawa.

“Kukho abantu abangasayi kuze bancedwe, bahlala bezenza iimbulu ngokusukela izinto zezinye iintlanga.”

24. *Umsila wembulu*

Ikwayintetho evela entsomini. Intombazana ethile yahluthwa iimpahla zayo yimbulu, yaza yona intombazana leyo yanyanzelwa ukuza inxibe ezo zembulu. Yathi ukuze ide ibaqwe imbulu kwasuka kwathi phufululu umsila wayo yaza yabulawa. Kubekiswa ke kumntu ozifihlileyo, esithi ukoku noku, asuke abaqwe ngokuthi gqi into apho kuye ebonisa eyona-yona nto ayiyo.

“Loo makhwenkwe asikuko nokuza ebenenkathazo. Anga avile okweveki, wabuya waphutshuluka umsila wembulu.”
(Z. Futshane)

ISAHLUKO II
IINYAMAKAZI NEZILWANYANA

I. Iimfene, Iinkawu

25. *Imfene yakho indala*

Imfene sisilo abethanda ukuhlupheza ngaso abantwana amaXhosa, kuBa ebesithi sisilo esindwebileyo. Kodwa ke xa se indala ibimana ukuphoswa zizisulu, ngenxa yokuphelelwa bufungqakamba bayo. Nje ngokuba ke ibe ikhwelwa ngamadoda, kusithiwa liqegu lasebusuku, ibisithi ke ngenxa yobo budala, athi umntu oyikhwelayo ahlale elahlekelwa. Esi saci sibekiswa kumntu ofike emva kwento.

“Libaqhule kakhulu iqela elo ngokufika emva kwesithonga, lisithi iimfene zabo se zindala.” (S. E. K. Mqhayi)

26. *Unyawo lwemfene*

Esi saci sithetha into efihlakeleyo nengaqondakaliyo Sivele ekuBeni iimfene ezi izizilo ezingathandwayo ngamaXhosa kuBa zezamagqwiya athi azifihle koovimba. Ungawabona amadoda kusasa eqwalasele ezinkundleni zeentlanti ekhangela iintupha zeemfene. Se kubonwa ngezo ntupha ke ukuthi zikhe zaakho iimfene. Kuthethwa umntu owenza imisebenzi emibi nehamba phantsi, phofu yena ezifihla eyikhanyela nokuyikhanyela loo misebenzi.

“Baqala bonke ukungayiqondi le nto yenzekayo, kwakhala futhi ukuthi ilunyawo lwemfene.”

27. *Wophala kuhle, indawo iyehla*

Kuthiwa itsho indoda xa ikhwele iqegu layo lasebusuku, imfene ke leyo; isenzela ukuBa ihambe kakuhle, kuBa omnye umlenze wendoda ufuqa phantsi. Le ntetho isetyenziswa xa kucetyiswa othile ukuBa loo nto ayenzayo angayinxhameli, ahambe kuhle.

“Mna ngokwam ukuBona, oko be ndilapho, ndinganicebisa ukuBa ningawaqweqwedisi. Phalani kuhle, indaw’ iyehla.”
(A. C. Jordan)

28. *Umntu okhe wanya imfene*

Ngumntu lo othi elele, izinkcwe zinqumle izidlele, kuse zomele; kuthiwe unemikhala.

"Ukhawuleze wasula umlomo kuba zibe zikho iimpawu ezalatha mhlophe okokuba wayesel' ekhe wanya imfene kobo buthongo." (H. M. Ndawo)

29. *Isandla semfene*

Isandla sokhohlo.

"Akufani ubala kakubi kangaka nje, wenziwa yile nto yokusebenzisa isandla semfene."

30. *Inzondo yemfene*

Kukuthi umntu okwenze into embi ungamlibali, uzame zonke iindlela zokuziphindezela. Imfene le kuthiwa ayilibali.

"Kanene wena ungumntu apha onenzondo yemfene, akusoze uyilibale le nto nakubeni se side sazama ukuxolisa."

31. *Ukukhawulela iinkawu ziya kusela*

Kutshiwo kumntu ozifaka kwizinto ezikude naye; umntu ongugqada-mbekweni. Kambe ke kakade neenkawu be zingeyithandi into yokunqandwa zisiya kuziselela emlanjeni.

"Kuthe ni le nto usuke ukhawulele iinkawu zisiya kusela? Bayeke abantu bazenzele izinto abazithandayo."

32. *Ukusithela ngesebe lenkawu*

Ithi inkawu xa izimela umntu, ibeke isebe lomthi apha emehlweni, ube wona umzimba lo ungaphandle wonke, ingazilibali ke yona izimele kwaphela. Kunjalo nasezimfeneni; zithi ukuza ziye kuba umbona emasimini zaza zabaqwa, uyibone ithabatha udiza ilubeka ebusweni, ibe ke igqibile ukuzifihla ngokwayo. Le ntetho ibekiswa kumntu ozikhusela okanye ozithethelela ngento engekho.

"Ndibudlile ubomi ndaanela, kuba kaloku mna ndathi qho ndahlal' esikweni eli libalekwa ngooDabula, babe besithela ngesebe lenkawu besithi amaxefa ngamanye." (A. C. Jordan)

33. *Ukukhatywa yinkawu*

Kutshiwo kumntu olambileyo; obethekileyo yindlala.

"Ufike sel' eziquqa, kome nomlomo lo, kwacaca ukuza umfo lo akalambe ukhatywe yinkawu."

34. *Ukwenza owenkawu*

Ukutsiba; ukukhawuleza.

"Esemi njalo uNyamende weenza owenkawu ukuya kumbopha emnweni; wathetha akaphambuka nakancinane kwintetho yentombi yakhe." (H. M. Ndawo)

35. *Ukulila ngaso-nye uxel'inkawu*

Ithi inkawu xa ibanjwe emgibeni, ufike ilila ngeliso elinye, ibe ikhangele ngelinye ukuβα akukho mntu uzayo na ukuza kuyikhulula okanye ayibulale. Le ntetho isetyenziswa eku-nqandeni umntu ozisa engozini. Kutshiwo naxa abantu balila bengalili. Kukho enye imbali ethi: Ithi ingwenya yakubamba umntu ilile ngaso-nye phambi kokuβα imtye. Iya msizela, kodwa iya vuya ngenxa yesi sidlo siphambi kwayo. Apha ke kuthethwa ukukhohlisa.

"Se ndithe siya lila. Kanti ke noko silila ngaso-nye, kuβα ngelinye siya vuya, siya hleka." (A. C. Jordan)

36. *Yehl' inkawu emthini*

Ikhaya lenkawu lisemthini, ithi ke yakuhla apho ibe sisisulu sezinja. Le ntetho ibekiswa kumntu ofiye indawo yakhe yenkuselo, okanye umntu othethe into ebangele ukuβα abe sisisulu ezingxoxweni.

"Uthe kanti yena akaqondi ukuβα sel' eyinkawu eyehle emthini, wabona ngokuvuyelelwa kwakhe ziintjaba zisithi zimfumene."

II. *Iimbila, Umvundla, Inyhwagi, Iphuthi*37. *Ukumnika imbila ngentloko*

Kukuthi endaweni yokumnika umntu umzimba, okanye inyama leyo, usuke umnike amathambo, okanye ngendawo eyothi imlume. Kukukhohlisa; ukuqhatha.

"Weza kuye enga ngumntu omzisele uncedo namacebo, kanti ugqibele oku ukumnika imbila ngentloko."

38. *Uhlangene neembila zichithakala*

Esi saci sibekiswa kwiindidi ezininzi zabantu abahlelwe ngamaſwa, anje ngokuthi umntu afe engalixhamlanga ilifa alifumeneyo; nokuthi othile afelwe yindoda yakhe, okanye ngumfazi wakhe esand' ukutjhata; njalo njalo ke.

"Umfo kaBani uhlangene neembila zichithakala, kuBa kuthe kungadlulanga nenyanga uyise ebubile, naye walandela, lasala lodwa elo lifa lingako."

39. *Umvundla uzek' indlela*

Umvundla lo xa ubalekayo uthi mbo ngendlela, uhambe ngomgaqo wawo ungaphambuki. Kutshiwo kumntu ofuze uyise okanye unina ngento yonke.

"UNomsa inzwakazi enkulu, — kuBa umvundla wawuzeke indlela ngezo nwele zimnyama zinde, ngaloo mehlo anombizane, sel' elindele impendulo apho wayecele khona umsebenzi." (G. B. Sinxo)

40. *Ngoyatya lwemivundla*

Eli lixeja ethi imivundla iphume ngalo eminxhuneni yayo ukuya kufuna iinto ezityiwayo. Kungonchwalazi.

"Bafike ngonchwalazi lwemivundla, amanye amaLawu amadala esel' enqhenqhile." (H. M. Ndawo)

41. *Unomvundla*

Ngumntu ophambeneyo.

"Yinto ongakika iphaphatheka apha elalini, kunyanisiwe ngaabo bathi unomvundla."

42. *Ukubuya noboya bentenetya*

Kukubuya nelize, into engaphathekiyo. Intenetya ke ngumvundla.

"Utsfo watsho ezingela, 'suke wada wabuya noboya bentenetya yanga ngumntu okhe kwavuka isikhova endleleni yakhe." (H. M. Ndawo)

43. *Deda mhlangala endaweni yenyhwagi*

Umhlangala yenyhwagi ziinyamazana eziphantse ukufana ngayo yonke into ngaphandle kwamabala neziqu. Ngaloo ndlela kunzima ukuzahlula. Kodwa kuqondakala ukuba umhlangala lo uyoyiswa yinyhwagi, kuBa ithi yakufika usel' udeda wona. Sivele apho esi saci; kuthethwa ukuthi umntu omncinci ma kafenxele omkhulu.

"Okunene uDing'indawo akayazi le nto, kucacile ukuba kufuneka engayazanga aze aqabuke yena xa se kusithiwa, 'Deda mhlangala endaweni yenyhwagi'." (A. C. Jordan)

44. *Amaphuthi ahlath' inye*

Ngabantu abevanayo, abameko nye, nabasoloko bekunye. Amaphuthi ziinyamakazi ezisoloko zihamba zisisiqhu.

"Kuthe kuBa be singamazi apho aye khona, sase silanda iqabane lakhe, bathi kuBa ngamaphuthi ahlath' inye, samfumana."

III. Ooxam, Iqaqa, Ihodi**45. *Uxam waphusile***

Uxam lo kuthiwa asinto ububele xa angumdlezana, kude kuthiwe uya kwazi nokuwateketisa amathole akhe. Uthi ke akwaphusa, awalumle ngokubukula, ewaluma ewathi ni. Ma kuBe sivele apho esi saci. Sithethwa kumntu apho be kukade kufunyanwa khona izisulu, asuke ngamhla uthile angafuni kuva nto ngaloo nto, sel' eyinto engenalusini, ephelelwe bubuBele.

"Wabuza, hayi zalandulwa zombini ezi zinto ngokungatyhileki okukhulu. Waqonda ukuBa ma kasel'eyeka, uxam waphusile." (A. C. Jordan)

46. *Gqi uxam ezingcongolweni*

Kukuthi ihleBo lidulile.

"Ubonile ukuBa akusancedi nto ukuBa aBe sayifihla le nto, uxam ma kathi gqi ezingcongolweni."

47. *Uxam wakholwa ngamantintinti*

Uxam lo sisilwanyana esingeva kothuswa, kuheswa nakuthiwa ni na xa sel' ezimisele entweni. Mbone ekatsa izinja ngaloo msila wakhe, eziluma esithi ni, enxhamele emlanjeni. Nomntu omi endleleni yakhe uya kungena naye emanzini. Inye indlela yokumnqanda kukumbetha ude umosele. Esi saci ke sithethwa kumntu ongeva kuxelelwa nakunqandwa, ade aBe usiwe isandla.

"Waphuma kuloo ndlu yaBafana eBethwe waanela, waqonda naye loo mini ukuBa uxam kakade wakholwa ngamantintinti."

48. *Ooxam baya phaxulana*

Kutshiwo kuBantu okanye izinto ezifanayo nezilinganayo koko kungabi nto kwazo.

"Safika besilwa kumdaka kodwa Benganqandwa, kusithiwa ma bayekwe ooxam baphaxulane."

49. Ukuwa isiqaqqa

Iqaqa eli xa se lixinwe lutshaba, lisuke lizithi qikili ngokungathi lifile, kanti mhlawumbi liya kusinda ngokuzifisa oko. Phofu ke kakade iqaqa yinto efa kade, linomxhelo omde. Kutshiwo kumntu owe olo hlobo lokuthi qwithi qikili.

“Watsho kwaakanye ngenduku entloko, yatsho indoda yawa isiqaqqa.”

50. Into esuzelwe liqaqa

Le ntetho ivele ekuweni iqaqa linevumba elibi. Into esuzelwe lilo ke yinto enganyamezelekiyo. Ungeva nasezinkundleni xa kuthethe ihlwempu, isuke loo nto ingahoywa kuBa kuthiwa kuthethe iqaqa.

“Asibanga nakuyinyamezela konke le nto ayenzileyo, isuke yafana nento apha esuzelwe liqaqa.”

51. Asimaqaqan' ukuzikhotha imihlana

Kuthethwa ukuBa asingabo nabantu ukuzigwagwisa. Kaloku iqaqa lincinane kangako, nevumba lalo likhulu kangako, kodwa ungalibona ukuzikhola kwalo; mhlawumbi lenziwa yile michako imhlophe ihla ngomqolo. Kuthiwa ingonyama ayinakho ukumelana nevumba leqaqa, isuke ibaleke ibe yofa yakudibana nalo. Ma kuBe iqaqa liya yiqonda le nto yokoyikwa naziingonyama.

“Babe kucelwa ukuBa bancedise hayi baala, kuBa asingawo namaqaqan' ukuzikhotha imihlana.”

52. Ukuvatha iqaqa

Iqaqa asinto ukuBa nomsindo, into ekutsho kubalasele nevumba elo lalo. Ungathi xa uliva ligquma ungalibali udibene nento enkulu yesilo. Umntu ke ovathe iqaqa ngumntu lo onomsindo; olwileyo.

“Safika loo mini esikolweni utitshala wethu engathi uvethe iqaqa, engababetheli nto zazilapha abantwana.”

53. Ihodi liphanda umnxhuma lingawulali

Ihodi yinyamakazi ekhuthelweyo ongefika iphanda iminxhuma elingayilaliyo. Loo minxhuma iba yingozi kwezinye izilo nakuabantu. Kutshiwo kumntu owenzela abanye amayelenge ebahekela imigibe. Ngumntu omisebenzi ihamba phantsi komhlaba.

"Ubengemntu nokuthanda ukwenzakalisa abanye ngemigiḡe abathiyele ngayo, into efana nehodi lona liphanda iminxhuma lingayilali."

IV. Oononkala, Amasele

54. *Umdudo woononkala*

Esi saci sithethwa xa kukho isiphithi-phithi nokuḡa kusentlanganisweni, wonke umntu ethetha ngaxefa nye, kungekho kundileka. Kambe ke umntu angasel' ewuthele-kelela umdudo woononkala ukuḡa ungaayinto enjani na, elowo unonkala ekekelela kwelakhe icala.

"Hayi ke ngoku yaba ngumdudo woononkala, akwaba kho mvisiswano nakundileka." (A. C. Jordan)

55. *Amaxoxo angeze avume, unonkala adude*

Sisiphithi-phithi sento engenasidima.

"Kuthe kwakubonakala ukuḡa amadoda aza kuphathana ngezandla wanqanda umHlekazi ngelithi akunakuvuma amaxoxo kudude unonkala, kanti kusekho ukundileka apho."

56. *Inkal' ixinge etyeni*

Kuxa umntu angene engxakini ekunzima ukuzikhupha kuyo.

"Yinto eqondwe nayimveku ngoku okokuḡa inkala ixing' etyeni. Ukhohlwe naliceḡo awayenokuliyila, ukuze azifenixise kwezo ntwelo." (H. M. Ndawo)

57. *Umt fhot fho wamasele*

Yinto esisiphithi-phithi engenasidima; ingxoxo engenamvisiswano. Kambe ke kakade ingoma yamasele asinto ingena kamnandi endlebeni yalowo uphulaphuleyo.

"Lisiko elibi eli lokuḡa nithi ningamadoda nisuke niḡe nithetha nonke ngaxefa nye nisenza umtshotsho wamasele."

58. *Umntu ofana nesele*

Isele asinto nokuḡa neenkani. Lithi likhutshwa nje endlwini liḡe lifunzele phakathi, kanti nalapho lofika lizifumbe nje. Kutshiwo kumntu onjalo ngeenkani nokuhlala angenzi nto.

"Unxhamele ukusidina ngeenkani zakhe zobudenge, usuke wafana nqwa nesele ngazo."

59. *Ukujoja amasele*

KukuBUYA ze kwinto obuyithembile okanye uyilindele.
 "Sathi silindele ukufumana into kanti ngamampunge yonke loo nto; kunamhla nje ngokwenene sonke se sijoja amasele."

V. *Iimpuku, Unwabu, Ucwethe, Intulo, Ilulwane*60. *Ukuhlinz' impuku*

Impuku le ibisetyenziswa ekwenzeni amayeza athile, phofu afihlelwe lowo kwenzelwa yena, oko kukuthi ihlinzelwe ngasese. Umntwana ochamayo xa aleleyo unyangwa ngokutyiswa impuku, eba yena yinyama nje. Sisetyenziswa ke xa abantu bathetha into ekungafunekiyo ukuBa iviwe ngabanye; kukugqugula.

"Yaqiniswa le nto zezi kanye zasemifini, kuBa zazisithi soloko beqwalaselene behlinza impuku." (A. C. Jordan)

61. *Iqhinga lidliwe yimpuku*

Iqhinga aliphumelelanga; umntu uBonelelwe eqhingeni lakhe.

"Ubonile ukuBa akusancedi nto ukufihla, iqhinga lakhe lidliwe yimpuku, ma kasel' exela konke okubuzwayo."

62. *Impuku eseselweni*

UkuBa sengxakini. NakuBeni kulula empukwini ukungenes elweni, kunzima ukuzikhupha.

"Waqala kaloku uNojaji wafiyeka yedwa. Wena wakha wayibona impuku iseselweni." (G. B. Sinxo)

63. *Umagoloda walus' iimpuku*

Ngumntu ongathi uyinyamekele into kanti wenzela ukuzityhuthulela kwa kuyo. Umagoloda yintaka eyalusa iimpuku ngokuzitya.

"Uthi kukho mntu ungagcina izinto angazuzi yena, kambe nomagoloda walusa iimpuku ngokuzitya."

64. *Babik' imbiba, babik' ibuzi*

Imbiba yimpuku yasendle, le inemigca emqolo, ekuthiwa yinqalu okanye injova. Iya tyiwa ngamakhwenkwe. Ibuzi lona zezi mpuku zinkulu zasendle. Esi saci ke sibekiswa kwaBa bantu bahamba bethetha le, bathethe leya, oko kukuthi abathethi nto iqinisekileyo, kuBa abaqinisekanga ngokwaBo.

Ngamanye amazwi kukuthi akukho bunyaniso kwezi ndaba, beza nazo.

“Olu daba ke noko lusifiya kukho ukungaqondani kakuhle, kuba nesi sithunyuwa sisuke sabik’ imbiaba sabik’ ibuzi.”

65. *Ucwalamb’ uya bila, impuku iya khwezela*

Into ethethwa apha ifana naleya yeenziwa ngumvundla uthelekisa imvuβu nendlovu, ufuna ukubona ukuβa kuya koyiswa wuphi na. Lithetha umntu ongumphambanisi, yena engeyonto; ekhwezela ukuβa abantu abakhulu nabanewonga baxabane.

“Asinguye nomntu lowo, yinto ongafika ivotshoza phakathi kwale mizi, iyimpuku ikhwezela, ize ijiye apho ucwalamb’ ebila.”

66. *Ukuβa lunwabu*

Kubekiswa kwinto ecothozayo, engakhawuleziyo. Kuthiwa unwabu olu lunamandla okuliguqula ibala lalo lifane nebala lento olusukuβa luhleli kuyo. Kutshiwo ke nakumntu omana ukuzenza oku namhla, azenze okuya ngomso.

“Uloliwe waba ngathi ucothoza okonwabu ukuya eQonce.”
(A. C. Jordan)

67. *Ukuchan’ ucwethe*

Ucwethe sisilwanyanana esincinanana kakhulu. Ngu-
mntu oyinkcani yedwa ofika abe nokusibetha. Kuthethwa ukuβa umntu uyifumene eyona nto iyiyo.

“Eso sanuse sachan’ ucwethe, kodwa yena walwa kuba wayenga-
waqondi amazwi aso.” (H. M. Ndawo)

68. *Inqweme lentulo*

Iintulo asizizinto eβe zidliwa ngamaXhosa, kodwa kuthiwa ukuβaThwa ibisisidlo esibaluleke kakhulu. Inqweme layo βe lifunyanwa zizikhulu zesizwe kuuphela ngenxa yoβuncinane nobumnandi balo. Sisaci esisetyenziswa ke xa kukho into emnandi nenexabiso elingene abantu abathile.

“Se ndilindele kuni boobawo ukuβa ndithi ni na, kuba inqweme
lentulo lidliwa βabini βangaβa βathathu ngumnqakathi.”
(B. A. Bangeni)

69. *Umhlelo wentulo*

Ikwayinto enye nesi saci: Inqweme lentulo.

70. *Ukubamba elentulo*

Naantsi imbali yokudalwa komntu. Kwathunywa ulovane ukuba luye kuxelela abantu ukuba abasayi kufa. Ithe kanti intulo imamele, yasuka yathi ngqe ukuya kubaxelela ukuba kuthiwa baya kufa. Luthe lufika ulovane olo babe abantu se besifa kade. Sivele apho esi saci, sithetha ukuhamba ngelizwi umntu alive kuqala, agcine lona; ukungazingeni ezi nguqu-nguqu zala maxefa.

"Nosixolela ke ngokungathi siphongomile, asazanga ukuba le nto iguquliwe, thina sisabambe elentulo."

71. *Ukuba lilulwane*

Kutshiwo kumntu ongenacala; unxa-zonke; umbolombini. Kungenxa yokuba ilulwane eli alaziwa nokuba liyintaka liyinyamakazi kusini na. Kuthiwa liyintaka kuba naali libaba, kodwa amaphiko akafani nawentaka, kwaye linoboya endaweni yeentsiba. Ngokwasezilwanyaneni lifana kakhulu nempuku ngomlomo neendlebe noboya, inqaba ke yile yokuba linamaphiko.

"Ngumntu ongenakuthenjwa lowo, ufana nqwa nelulwane, akanacala alilo."

ISAHLUKO III
IZINAMBUZANE

I. Iimpukane, Iinyosi, Iphela

72. *Impukane eluhlaza*

Umingi-mingi; amare.

"Kuvumbuke bambi abathi bona bakhankanya ureme lo, nabo bethiwe mvi ziimpukane eziluhlaza." (H. M. Ndawo)

73. *Amathe eempukane*

Imvula efefezayo; umkhumezelo.

"Asingede sizivalele ngendlu, akukho mvula ingako noko, ngamathe nje eempukane."

74. *Ukukhetha impukane emasini*

Ukwenza into ngobunono nangocoselelo.

"Akayi kuwamkela lo msebenzi umdaka kangaka, ngumfo lowo okhetha impukane emasini."

75. *Impukane elubisini*

Into eyonakalisa into entle, nje ngoko impukane ifika izithi nkxu elubisini olumhlophe, nabo bumnyama nokunchola kwayo.

"Babengabantu abazonwabeleyo, kwafika mntu uthile owaba yimpukane elubisini ngeentetho zakhe ezimbi ngabo."

76. *Akahlalwa mpukane*

Kutshiwo kumntu ococekileyo, inono; umntu othanda ukuBa zonke izinto zihambe ngendlela yazo.

"Yayiyintokazi ethe ncothu kamnandi, ibujekazi lehombakazi, into eyayingahlalwa mpukane mfo ndini."

77. *Iinyosi zinobusi*

Iinyosi zibonwa ngokuluma kwazo ukuBa zinobusi. Kutshiwo ngomntu onento, athi ngenxa yayo angafuni kuso-ndelwe kuye.

"Woyilumkela loo ndoda ungasondeli kuyo, ndijongile nje ngathi iinyosi zinobusi."

78. *Zingena phi na iinyosi?*

Le yindlela umXhosa abuza ngayo ukuba kuselwa phi na. Kunje ngokuba kusithiwa: Kuphilwa phi?

“Kha nitjho bafu ndini, some imiqala, ngaba zingena phi na iinyosi kule mizi isesapha?”

79. *Ungenwe liphela endlebeni*

Kutshiwo kumntu osuke akaba nasikhundla, nosuka abe etwela. Lithi iphela lakungena umntu endlebeni ange uphambene. Lothi ukuze liphume kuqatywe inqhaka apha ngaphandle endlebeni.

“Asimntu nokuthanda ukuthetha edwekefa, efaqaza ngokungathi ungenwe liphela endlebeni.”

80. *Iphela lingene emasini*

Asikuko nokuba iphela liya wathanda amasi. Liweva nokuba aphi, lifike lizithi gxuphu kuwo, oku kwempukane elubisini. Kukunyelisa into entle nenchwengileyo.

“Sithe thina sisabuka sincoma, kwafika mntu uthile osuke wagxeka wanyelisa, watjho loo nto yafana namasi angenwe liphela.”

II. Iintakumba, Iincukuthu, Iintwala, Ikhallane**81. *Kuhlinzw' intakumba***

Esi saci sisetyenziswa ngeendlela ezimbini. Okokuqala, kukugqugula, ukwenza into ngasese, nje ngokuhlinz' impuku. Okwesibini, intakumba le incinane kanga ngokuba ukuyihlinza kungaba kukwenza into engenanjongo, into efana nokuhlahla intloya, nokucanda unwele.

“Babaqwe behleli phantsi kwesiwana kubonakala ukuba ikho le ntakumba bayihlinzayo, bade beze kugolozelana kude kangaka.”

82. *Gcina iintakumba zakho*

Kutshiwo kumntu osukela izinto zabanye abantu, iinto ezikude naye, ayeke ukukhangela ezakhe. Kutshiwo nokuthi: Gcina iintwala zakho; Gcina oonomoyi bakho.

“Abantu bazibonakalisile ukuba badiniwe ngulo mntu usoloko engena ezintweni zabo, base bemxelela ukuba ma kagcine iintakumba zakhe.”

83. *Incukuthu nentsika*

Incukuthu yinto ethanda ukuhlala ezintsikeni zezindlu, izifunele iindawo zokuzimela kwa kuzo apho. Kuthethwa izinto ezingahlukaniyo; unonca nononca.

"Bathe emva kwale ngxabano yabo bavana nangaphezu kwangaphambili, basuka bayincukuthu nentsika."

84. *Unobudenge bentwala*

Intwala kuthiwa isisidenge kuBa ithi eli xa izimele ezinweneni, ibuye izidize ngokuluma umnini-ntloko lowo. Kuthethwa ke ubudenge obunjalo.

"Noko lo mfo akaboniswa buchule bungako ekwenzeni yonke le nto, ndingasuka ndithi ubonise ubudenge bentwala."

85. *Undwebe ngokwentwala yesikhaka*

Intwala yesikhaka ayifani neyasentloko ngombala nange-mikhwa. Ithi yona apho imdle khona umntu ibaleke izimele emifingweni yombinqo lowo. Wothi umntu efuna nje ukuyichoba, unotfhe, angazi ukuBa yatshona phi na. Kutshiwo ke kumntu onjalo ukulumka nokuba namaqhinga.

"Abadanga babe nakumbamba, kuBa wayendwebe ngokwentwala yesikhaka, asuke aduke se besithi bamfumene."

86. *Bachobana iintwala*

Ngabantu abevanayo, abahlebelanayo iinto ezinkulu. Kaloku akukho mntu unga angaziwa ukuBa unaloo mpahla; ngabantu abasondeleleneyo kakhulu abanokuxelelana, bade bachobane.

"Asiyazi eyona nto ibadibanisileyo, kodwa abevani ngako, nditfho mna bachobana iintwala."

87. *Uhluthi esentwala*

Kumntu ohluthi kanga ngokungathi siza kugqabuka isisu. "Sifike ingekuko kutya, satfho sahlutha esentwala."

88. *UkuBa likhalane*

Kubekiswa kumntu othe nca komnye, engavumi kwahlukana naye; kunjalo nje emfunxa igazi ngokudla izinto zakhe.

"Kukho abantu abangasebenziyo, baphikele nje ukuBa ngama-khalane kwaBanye."

III. Ibungane, Intethe, Uqongqothwane, Inyiki

89. *Kulila ibungane*

Oko kukuthi kuze; kusenxoweni.

"Imizi ingamanxowa,inja ibetha umkhulungwane, kulila ibungane lodwa, nalo ngokufelwa lilizwe." (H. M. Ndawo)

90. *Ukuβα nebungane entloko*

Kumntu obuphambana.

"Ezi zinto azenzayo noko zisixakile, usuke waangumntu lo ongathi nebungane entloko."

91. *Uya komel' emcingeni nje ngentethe*

Yintetho ebekiswa kumntu olihlwempu. Kaloku intethe le ifela emcingeni nje yenziwa ziintswelo, nakukungaβi nazi-hloβo zokuyinchwaβa.

"Undibona se ndihamba ndicela nje ndenziwa buβuhlwempu, se ndiqonda nokuthi mhla ndafa ndiya komel' emcingeni nje ngentethe."

92. *Yimfuza kaqongqothwane*

Ooqongqothwane ziinto ezifanayo kakade, ngaphandle nje kwebalana elibomvu apha ngaphantsi, ukwahlula inkunzi emazini. Kutjhiwo kumntu ofuze okanye ofana nomnye ngeenxa zonke.

"Ndithetha mna kusuke kwaayimfuza kaqongqothwane, uyise noonyana βakhe yintw' inye nje."

93. *Ukuginya inyiki*

Kubekiswa kumntu osuke wayamkela into ayixelelwayo, engaqiqanga ukuβa isiphumo sayo soba yini na, kanti ube-thiyiselwe njalo, yena akaqonda.

"Uthe kuβa ebengandwebele nto wavuma ukuyenza le nto βabengathi bamcebisa yona, wathi kanti njalo uginya inyiki ngokwentaka esigwini."

94. *Ukubophelela inyiki ngasezantsi*

Esi saci sivele ekuβeni athi umntu othiyele intaka ngenyiki alibophelele emazantsi alo, esenzela ukuβa umzimba lo unga-sentla ukhululeke. Ngokwenje njalo ke kuya kuthi inyiki elo limana ukuzibija-bija, liphethu-phethuka, intaka ilibone ikude, iβe se iziphosa esigwini eso. Kubekiswa kumntu owenza

izinto ezinomtsalane nombizane kwabanye, esenzela ukubalimaza ngokubakhohlisa.

“Ngumfo othanda ukunika amacebo, ambize umntu ekude, kanti inkabi yamalanga ibophelela inyiki ngasezantsi, ibeke isigu.”

95. *Umsonto onyiki-nyiki*

EmaXhoseni zininzi izinto ebe zisenziwa ngezikhumba zeenkomo nezeenyamakazi. Zonke be zithungwa ngosinga lwenkomo, okanye kuncwelwe imitya yentlonze. Be kugqojozwa ke amaqondo ngameva nokuba kungezilanda, apho lowo mtya uya kungena khona. Ibikhathaza ke le mityana ngokusuka ibe manzi, ize ithi yakuba njalo imana ukufingana isixhanti esi, ingaphumeli kakuhle apho entunjani. Ubusithi ke wakuba njalo kuthiwe umsonto unyiki-nyiki. Kutshiwo ke kumntu ofihle intloko, ongafuni kwaziwa elona cala angakulo.

~~“UNomathamsanqa umjongo wamjonga wafumana ukuba ngumsonto onyiki-nyiki asingomntu unokuthenjwa.”~~ (H. M. Ndawo)

IV. Izigcawu, Iimbovane, Inkume, Isiqalane

96. *Ukugabula izigcawu*

Zithi izikhulu zomzi xa zithabatha uhambo, zibe nomfana ohamba ezibethela izinja. Inkosi iba namaphakathi ehamba nawo ukubona ukuba akukho ngozi endleleni yomHlekazi. Nasezimbizweni kuba kho umntu othetha kuqala ukuwaneka umcimbi lowo ekungawo. Zonke ke ezi zinto kuthiwa kukugabula izigcawu.

“Wena lo mHlekazi asinguwe umntu wokugabulela umphakathi izigcawu, ngumphakathi into yokukugabulela izigcawu.” (S. E. K. Mqhayi)

97. *Ukulala izigcawu*

Kutshiwo kwinto engasetyenziswayo. Izindlu ekungahlalwayo kuzo ungafika zilele izigcawu, nezinye ke izinto ezinjalo.

“Wacelwa ukuba akhe adlale uhadi, kodwa wazilandula esithi se kwalala izigcawu kuye malunga nokwenza loo nto.”

98. *Isigcawu sijinga emnyango*

Yinkolo efana nezi zinxulumene nezeentaka ezinje ngoosikhova namanqilo. Xa kujinga isigcawu emnyango, se kusaziwa ukuBa kukho undwendwe oluzayo kuloo mzi. Ma se sikhankanya nezinye. Xa upawuzelelwa sisandla, uza kuBulisa umntu wasemzini; xa udikizelelwa liliso, uza kufumana incwadi; xa ulunywa yindlebe, kukho abantu abathetha ngawe; nezinye ke.

"Kungathi ni ukuthi kunje ukuBa xavalala, kuBe se kujinga isigcawu emnyango? Ziindwendwe eziya kufakwa phi ezo?"

99. *Ukuzinqikel' ilitye elineembovane*

Kukuzibizela ukhwembe-khwembe; ukuzifaka engxakini. "UkuBa ukhe wayenza loo mpazamo, uze wazi ukuBa uzinqikele ilitye elineembovane." (A. C. Jordan)

100. *Ukuzinqikel' ubugqwangu*

Ubugqwangu zezi mbovane zinkulu zibomvu, asikuko nokuBa ziya luma. Kuthethwa ukuzifaka enkathazweni; engxakini.

"Uye kuqala abantu bezihlalele, wathi kanti uzinqikela ubugqwangu, bamenza ukumbetha oku."

101. *Ukuzinqikel' ilitye elinenkume*

Ukuzibizela ukhwembe-khwembe; ingxaki.

"Ngale nto uyenzileyo kulaa madoda, uye kuzinqikel' ilitye elinenkume, kunjalo nje aya kukuphatha kakubi."

102. *Utheze olunenkume*

Uzibizele ukhwembe-khwembe; uzizisele inkathazo. Inkume le yoyikwa kakhulu, kuBa kuthiwa ithanda ukungena endlebeni, kuBe nzima ke ukuyikhupha.

"Wathi ngokunxwala amadoda ezityel' iinto zawo, kanti utheze olunenkume, asuka amngungela onke."

103. *Ukuziqhwayela isiqalane*

Ukuzifaka engxakini; enkathazweni.

"Yehl' intlekele ekade ndiyixela ndisithi ungaqhwayi isiqalane ngabom." (B. A. Bangeni)

ISAHLUKO IV

IINTAKA

I. Ngeentaka

104. *Ukuḅa nentaka*

Ukoyika.

“UVel’esazi noNomsa bahlala ngasemlilweni bethe cwaka emana ukukhwezela nje uVel’esazi, enentaka, ezamana nezwi angaqala ngalo.” (G. B. Sinxo)

105. *Ukumfaka intaka*

Ukoyikisa omnye umntu.

“Ngezi zinto amxelele zona wathi kanti umfaka intaka, akaḅa saba nakho ukuwuqhubela phambili loo mcimbi.”

106. *Unentaka yokuzigqatsa*

Ngumntu ofuna ukuhambela phambili, onganeliswayo yiloo nto ayiyo.

“Laa ndoda inentaka yokuzigqatsa, ayisayi kwaneliswa kuku-soloko iphantsi kwenye indoda; ifuna ukuziphathela iinto zayo.”

107. *Ukungenwa yintaka*

Kukuphambana.

“Wasuka wasixaka kuḅa wathi noko wayeliphaku-phaku kakade, wanga ngoku ungenwe yintaka, waangumntu ophambeneyo mpela.”

108. *Wayigwengula intaka ephikweni*

Kuthethwa ukuḅa uyiphosile into. Ukuze ube uyosele intaka kufuneka uyaphule iphiko.

“Wathi nalo mntu be sisithi siya kufumana kuye intlabiso malunga nalo mcimbi, kanti naye uyigwengule intaka ephikweni.”

109. *Ndiya kukubambela intaka ekujiyayo*

Utfho umntu ofuna into komnye, into eluncedo, ethembisa ukuḅa naye woze amncede kwinto emxakileyo.

“Uze undincede ngomso uze kundifundisa izibalo, nam ndiya kuze ndikubambele intaka ekujiyayo.”

110. *Nosel' eyibethile akakayoji*

Kuthethwa ukuba into iya mphuncuka umntu sel' esithi uyifumene. Sisonke esi saci sithethwa ngolu hlobo: Nosel' eyibethile akakayoji, nosel' eyojile akakayoyi.

"Ma singadyuduzeli madoda, sithi lo mcimbi siwugqibile, nibona nje nosel' eyibethile akakayoji."

111. *Umhlambi wantaka*

Into eninzi; inyambalala.

"Sifike kuphithizela abantu apha, kumhlambi wantaka, baye phofu bebonakala ukuba ngabantu baloo ndawo." (S. E. K. Mqhayi)

112. *Ukusukela endala uba lithole*

Abantu abangazaziyo iintaka, bathi bakubona ezi ntakana zinje ngoononqane nezinye, bacinge ukuba ngamathole, babe bezixhamla ngokuzisukela, kodwa bangaze bazibambe kuza zindala. Esi saci ke sithetha ukufumana ukuba into inkulu kunokuba ubuyithelekelela.

"Lwabetha yadideka inkosi, yaziqonda ukuba isukela endala icinga ukuba lithole, lo mcimbi awuka phi." (A. C. Jordan)

113. *Ukulekwa ziintaka*

Kubekiswa kumntu olilolo ofana nesikhova kuza sona sisoloko sihlekwa zezinye, zisigxwagxufa. Kubekiswa naku-bantu ababujelweyo, baze ke bangahambi phakathi kwabanye abantu, nabo bangahanjelwa kuza bengekakhutshwa ehlathini.

"Size kukukhuza ke, size kukukhupha ehlathini, sithi hamba namhla phakathi kwabantu, ungabuye uhlekwe ziintaka." (S. E. K. Mqhayi)

114. *Izulu limathumb' antaka*

Izulu lisibekele, alixolanga. Kuthiwa lifaniswa namathumbu entaka kuza yinto ekrakrayo amathumbu, nezulu ke xa lingaxolanga liya krakra. Abanye bathi kungenxa yokuba amathumbu entaka afana namafu la amdaka xa kusibekeleyo.

"Kungathi kungana namhla nje, izulu lisuke laamathumb' antaka."

115. *Yangena intaka endlwini*

Ithi intaka xa ixinwe yinto eyixinileyo, inge ayisa boni

nangamehlo, iye kuzifaka nasezindlwini zabantu. Kutshiwo ke xa kufumaneka into ebikade izungulwa, ifunyanwa lula.

"Uvakele esithi, 'yangena intak' endlwini', akubona kanye lo mntu akade emfuna nzima."

II. Khova, Sangxa, Ntfo, Ngqanga, Ntambanani, Khwenene

116. *Ukubuya nembande yesikhova*

Kuthethwa ukubuya nelize; okanye ukuBa neliJwa.

"Saya apho sinthemba lokuba siya kufumana ulutho, kanti kumhla siya kubuya nembande yesikhova."

117. *UkuBa sisikhova*

UkuBa lilolo; umntu ongavumiyo ukudibana nabanye. Kaloku isikhova yintaka ehlala yodwa kwamnyama wona amatyholo, kuBa asikuko nokuba ithiyiwe zezinye, kwa nanga-bantu ngokunjalo.

"Safika ehleli yedwa, esuke waasisikhova sasebugxwayibeni, kungekho namnye umntu othetha naye."

118. *UkuBa nomoya wezikhova*

Kutshiwo kumntu onomoya ombi wokunchola, nomntu ofuna ukuziphatha. Isikhova esi kuthiwa ukuBa sikhe sathi ngcu emaxhantini obuhlanti, nokuba kuphezu kwendlu, size sikhale, se kusaziwa ukuBa kukho into embi eza kwenzeka kuloo mzi, into efana nokufa. Nguloo moya mbi ke lowo wokufoBa nokuzisa amaJwa emzini.

"Akavumanga ukude atyhileke, sathi sakuthetha naye kwacaca ukuBa unomoya wezikhova, angasenza nento embi."

119. *Ukuvuka kwesikhova endleleni*

Le ntetho ikwanxulumene nezi nkolo zingaka ngesikhova. Uthi umntu akusibona endleleni yakhe, aqiniseke ukuBa kukho into embi eya kwenzeka kolo hambo lwakhe. Omnye ude aluncame olo hambo, agoduke. Ikwayinto enjalo nakuthekwane.

"UtJho watJho ezingela, suke wada wabuya noboya bentenetya, yanga ngumntu okhe kwavuka isikhova endleleni yakhe."
(H. M. Ndawo)

120. *Izangxa zidibene*

Zidibene iinto ezinkulu; izinto ezikade zizondana.

“Wonke umntu wanga akangephoswa lolu khuphiswano lwezi zikolo zibini, kuBa kwakusaziwa ukuBa kuza kudibana izangxa.”

121. *Wababa untfo*

Kutshiwo kumntu osemgibeni, umntu oBesithi uya zithelela ngelakhe, kanti uya zibabisa.

“Wathetha eloqa esithi uya zisindisa kanti kumhla aya ezifaka emgibeni, weva xa se kusithiwa ngomnye: wabab’ untfo.”

122. *Unebala likantfo*

Untfo lukhozi olumnyama lwaza lwaanebala elimhlophe elibalaseleyo. Le ntetho ibekiswa kumntu onento ebalaseleyo esimilweni sakhe, athi aziwe ngayo.

“Ubesithi nokuBa akabonwanga, kwaziwe ukuBa into ethile yenziwe nguye, kuBa unebala likantfo.”

123. *Ingqanga ifile*

Ingqanga yintaka yomkhosi. Ihlala ezinzulwini zamahlathi; ithi xa ibabayo ibabele phezulu. Ibihlonitshwa ke yimikhosi, ithi ukuBa ivele ngasemva komkhosi uBe sel’ uBa namandla; uze lowa isinga ngakuwo ubaleke ungalwanga. Umntu odumileyo nonewonga ke kuthiwa yingqanga. Esi saci sibekiswa kumntu onjalo ofileyo.

“Wayefiywe nelifa elikhulu nguyise owayesisinhanha, isidwangube embusweni wakomkhulu, umfo ekwathiwa ngaye mhlana wafa, ‘Ingqanga ifile’.” (G. B. Sinxo)

124. *Ngqanga neentsiba zayo*

Le yindlela yokuthetha ezinkundleni, endaweni yokuthi: mGcini-sihlalo nentlanganiso.

“Ngqanga neentsiba zayo, ndicela ukuBa sigqithele kumgca ongezantsi, le ndawo se siyixoxe ngokwaneleyo.”

125. *Kukutshila kwentambanani*

Athi amakhwenkwe apho aBone khona intambanani, ufike eyiqhwabela izandla evuma nengonyana ebululayo. Woyibona ke yona se indandazela phezu kwawo, itsho ngento ebukekayo, ithi yakuthi phephu ukumka apho, kuthiwe iya

wisa. Esi saci sithethwa kumntu owenza into ebukekayo, umntu onezimbo nokuBa kusemxhentsweni.

"Ndinxhamel' ukuqonda ukuBa ngoku kunxhamel' ukavela iintjili, iintambanani zesibaka-baka." (B. A. Bangeni)

126. Amathumbu esikhwenene

Kuthiwa isikhwenene yintaka enqabe kunene, engafumaneke lula. Esi saci sivele ngaloo ndlela yokuBa sinqwenelwa ukunga singakhe sityiwe. Ke amathumbu esikhwenene athetha nokuBa yinto ni na emnandi nenqwenelekayo kwizinto ezityiwayo. Kutfhiwo nakwinto engaze ifumaneke, isithembiso esingazalisekanga.

"Uthe ma ndikhawuleze ndiyigqibe le nto uya kundipha amathumbu esikhwenene, ndase ndiBa nethemba lokufumana into emnandi."

127. Amaqanda esikhwenene

Yinto enye nesi saci: Amathumbu esikhwenene.

128. UkuBa sisikhwenene

Kuthethwa umntu ongafuni kuzenzela nto, kodwa ohlala elinganisa abanye kwizinto abazenzayo. Isikhwenene sifundiswa ukuthetha 'de sikwazi, kodwa asiqondi nanye into kwezi zinto sizithethayo.

"Kukho into eninzi yabantwana abafundayo apha efana nezikhwenene, abayiqondi yonke le nto bayifundiswayo."

129. Izulu limathumb' esikhwenene

Oko kukuthi kusibekele, kodwa imvula ayide ine. Izulu lifaniswa namathumbu esikhwenene kuBa amathumbu aso yinto ekuthenjiswa ngayo, ingaze ibe kho.

"Izulu namhla limathumb' esikhwenene, kodwa kanga ngoku-nqaba kwemvula asisathembe nto ukuBa ingana."

III. Boboyi, Ndlazi, Ntak'obusi, Hofe, Ntendele, Sagwityi, Ng'ang'ane

130. Ali fu fu ligcad' uboboyi

Apha kuchazwa imini efufu kakhulu, ongeva ngayo ngezi ntaka zimana zixokozela.

"Ndithetha mna loo mini lalingefufu laligcad' uboboyi, amadoda la ehleli ezithe xibilili iinguBo zawo."

131. Utyebele phakathi nje ngendlazi

Indlazi yintaka apha ephila kukudla iimpuku, ethi noko ikhangeleka ncinane, kanti asikokutyeba ngaphakathi. Kutshiwowu kumntu owazi lukhulu, phofu engabonakali ukuba unjalo.

“Ungaboni wena ethule ethe tu, ingqondo ephaya, yeka! Ndithetha mna utyebile phakathi nje ngendlazi.”

132. Ungayilibali intak’obusi

Kuthethwa ukuba umntu owenzelwe into ma kabe nombulelo, ukuze abe nakho ukufumana ezinye izinto ezilungileyo. Le ntetho ivele ekuweni kukho abantu abathi bakukhokelelwa ezinyosini yile ntaka balibale ukuyifiyela yona intwana yobusi.

“Uthe akugqiba ukubapha ukutya, wabakhapha umganyana, wathi xa abulisayo, ’ze bangayilibali intak’obusi.”

133. Ukubambisa isisila sehobe

Lathi ihobe elithile libanjwe yimfene lacinga icebo lokusinda. Liyicebise ukuba ingalityi luhlaza kodwa ilipeke. Yavuma imfene yatsho yabasa umlilo. Lithe ihobe ma libanjwe ngesisila lifakwe apho emlilweni. Uthe unkaabi akubona ukuba uboya buya rawuka, walithi chu ngesisila lasuka lathi phuncu, lemka libaba. Kuthethwa ukwenza umntu athembe ilize.

“Lathi kanti neqhokolo elikhulu elo, se kukudala lawuphawulayo loo mnqweno, lazimisela okokuba liya kukha limbambise isisila sehobe.” (G. B. Sinxo)

134. Ukuxaka intendele

Kukwenza into efika ixake ukuba ingathiwa ni na ukuze ibuye ilungiswe okanye iconjululwe.

“Udifene nesifiqi sento athe waqonda naye ukuba sixake intendele.”

135. Amathole esagwityi

Athi egqitywa nje ukuqanduselwa amathole esagwityi, kanti sel’ ekwazi ukuzichwechwela encheni. Ukuba akhe othuswa, kosuka ibe lelo libeke kwelalo icala, kuthi saa, kufane nempangalasane. Kuthethwa ukuba elowo umntu uya zibonela.

“Sithe xa sikummango othile, onamatyholwana nemithi, nezihlahlana, ndibona abantu bonke, fwaka, ngokwamathole ezagwityi.” (S. E. K. Mqhayi)

136. *Izulu limathumb' esagwityi*

Yinto enye nezi zaci: Izulu limathumb' antaka; Izulu limathumb' esikhwenene.

137. *Uthathisele amathole eng'ang'ane*

Ing'ang'ane yintaka ethi ukuba umntu uthathisele amathole ayo, kanti ayisayi kwahlukana naye, ihamba ikhala emva kwakhe, ifuna amathole ayo lawo. Kutshiwo kumntu owone omnye ongasayi kwahlukana naye 'de abe ufumene indlela yokuziphindezela ngokumenzakalisa.

"Kanene nje ngokuba iinkomo zakho zidle intsimi yakhe nje, loo nto ayisayi kuphela ngoku, kufana nokuba uthathisele amathole eng'ang'ane."

IV. Seme, Ndwe, Ngaba-ngaba, Nchunchu, Mpundulu, Nkonjane

138. *Iseme lizalela elubala*

Iseme yintaka engazixhamliyo ngokwaakha indlwane yokuzalela; iqanda ilibeka naphi na, nasebaleni; oko kukuthi ayifihli. Esi saci ke sibekiswa kumntu owenza izinto ekuhlени, emabaleni; umntu ongenamahlebo.

"Usuke waba liseme lizalela elubala, kuba 'wahamba eyipapafa le nto thina be sizama ukuba inyathelwe ngeenyawo."

139. *Ukuthwala indwe*

Kutshiwo kumntu osuke waanekratji, waasisichi, wazifaka indwe ngokwakhe. Amathwala-ndwe ngamadoda azibaluleyo ezimfazweni. Ke umntu ozifaka usiba lwendwe uziphakamisile.

"Uthe noko aphuculwe woongululwa waangumntu ebengento, wasuka ngoku wathwala indwe, wabajongela phantsi abanye."

140. *Umke namangaba-ngaba aselwandle*

Kutshiwo kumntu osuke wathi swaka oku kwenaliti.

"Okoko lowa mntwana wemkayo wathi uya kusebenza, usuke wathi nya wanga ngumntu omke namangaba-ngaba aselwandle."

141. *Amangomso emke namangaba-ngaba*

Kuthethwa ukuba ungayibekeli ingomso into onokuyenza namhla, kuba ingomso alaziwa mntu, lineento zalo.

“Ma siwugqibe lo msebenzi namhla nje singawuyekeli ingomso, kuthiwa amangomso emka namangaba-ngaba.”

142. *Inchunchu ezimilomo mide*

Inchunchu lihomba lentaka, elimaßala mahle, nomlomo omde. EmaXhoseni iinkosi namaphakathi azo ße zinezihlalo zazo zodwa; kuthi ukuba kusesisuseni, iindawo ezikhethiweyo nezimnandi zibekwe kweseenkosi isitheße; atsho nokutsho umntu ukuthi, oku kokweenchunchu ezimilomo mide. Le ntetho ke ibekiswa nakuwuphi na umntu onamalungelo anqatyisiweyo kwabanye abantu.

“Safika apho kuhleli iinchunchu ezimilomo mide, oochwenene bona, sabona nathi ukuba ma siziibe, le ndawo ingaphaya kwethu.”

143. *Ubambise ithole lempundulu*

Impundulu yintak' ezulu. Xa kududumayo, kuthiwa yiyo igwabisa amaphiko ayo amnyama. Asintaka ikhe ibanjwe, umntu obambise ithole layo angaba ufumene into enkulu. Esi saci ke sibekiswa kumntu ofumene ithamsanqa, umntu owelwe yingxawuka.

“Wathi akubuzwa ukuba ezi nkomo zingaka uzifumene njani na wasuka wathi ubambise ithole lempundulu.”

144. *Inkonjane iliphangele ihlobo*

Kubonwa ngeenkonjane ukuthi ihlobo lifikile, kanti ngamanye amaxeja ziya fika lisekude, kuthiwe ziliphangele. Kutshiwo ke kumntu owenze into, okanye othethe phambi kwethuba lakhe.

“Kha uhlale phantsi mfo, ingathi inkonjane iliphangele ihlobo, ße kungekafikwa kule ndawo uyiphakamisayo.”

**V. Gaga, Gqaza, Nqilo, Celu, Giyo-giyo, Nomyayi,
Ntshiyane**

145. *Kwalila ugaga loo mini*

Ugaga yintaka apha eße kusithiwa ifoßa into embi ukuba ithe yeviwa ilila xa umkhosi usiya kuhlasela. Kuthethwa ukuba yaba lilifwa lodwa loo mini.

“Elaloo mini latshona singakhanga sikhothe naphantsi kolo khuphiswano, kwanga kukhe kwalila ugaga.”

146. Uyatya lwamagqaza

Xa kuqalayo ukuhlwa, ngexefa ezi ntakana zisaman' ukubaba, ukusondela ezindlwini zazo.

"Kuvakele ukunduluka kweenqwelo zoduli ngoyatya lwamagqaza."

147. Ukutshayelelwa linqilo

Kukho inkolo yokuBa indlela yakho isikelelekile kwakuvuka le ntaka indande ecaleni lakho.

"Imini yayizolile, aye amanqilo ebatshayelela, benqula, beyincoma indlela yabo ukuBa isikelelekile." (S. E. K. Mqhayi)

148. Umcelu uza namathamsanqa

Umcelu kuthiwa yintaka yeenkomo neyamathamsanqa. Awubulawa kuBa uxela ukwanda kweempahla. Uya thandwa ngamakhwenkwe kuBa esithi ungumalusi ngenxa yekhwelo lawo.

"Sithi sakuwubona umcelu phakathi kweenkomo sithi ziza kwanda, uza namathamsanqa."

149. Ukuba ligiyo-giyo

Igiyo-giyo yintaka yenyama. Apho kufele khona isilwanyana wofika ikho izityhuthulela. Kutshiwo ke kumntu othanda kakhulu inyama.

"Kuthi apho kukho khona inyama yesisusa, ufike sel' eligiyo-giyo naye ngasebuhlanti phaya."

150. Unomthi kanomyayi

Umntu onomthi kanomyayi ngumntu osakuBa enconywa ukuBa unethelezi, umntu ompunyu-mpunyu. Lo mthi kanomyayi ke kuthiwa ufunyanwa endlwini yakhe, kodwa kunzima ngenxa yokunqatyiswa kwendlu leyo. Nonomyayi ngokwakhe kunzima ukumbambisa naxa athiyelweyo.

"Sel' encanyiwe nangamapolisa ukuBa aya kuze ambambe lowo, kaloku kuthiwa unomthi kanomyayi."

151. Ukulila esimantfiyane

Kukwenza isijwili esikrakra nesilusizi. Amantfiyane ziintakana ezenza ingxolo ebukhali, ongafika zingumhlambi, zithe nkxwe-e.

"Basitsho esimantfiyane bakuva ukuBa unyana wabo ubanjwe edabini lezigebenga."

VI. Amaphiko, Iintsiba

152. *Ukumila amaphiko*

Ukusukela phezulu.

"Kambe ke noThembeka wayesel' ejongiwe zezinye iintombi ukuBa akazi kusuka amile amaphiko na akuva kusithiwa naanku uZelinzima." (A. C. Jordan)

153. *Ukuthwala amaphiko*

Kukudlisela; ukucela injezu.

"Uthe thu enkalweni eyinkaba-nkaba phezu kwenkabi yakhe yehafe, kumhlophe ukuBa lo mfo uthwele amaphiko."

154. *Ukuswela amaphiko*

Kutsho umntu onqwenela ukunga angafikelela kwindawo ekude; esitsho nje ke kungokuBa akanandlela yokuya apho.

"Ndiswele amaphiko, nge ndiphapha ndize apho, khe ndibone ukuBa ndingafika isenguwe na kanye-kanye." (H. M. Ndawo)

155. *Ukumila iintsiba*

Kutshiwo kumntu othe emva kweenkxwaleko neenzima waBuya waangumntu ebantwini. Esi saci sizekelwe kwiintaka ezithile ezithi ebusika zixhwitheke iintsiba kuthi tu, kanti zobuya zimile entwasa-hlobo. Kwada kwaakho nenkolo yokuba izagwityi zona zijika zibe ngamasele ebusika, yiyo le nto kukho abantu abangayityiyo inyama yazo.

"Ndiya vuya ukuthi emva kwezi ntlupheko neenzima ezasifiya sijacekile, sibuye samila iintsiba, saangabantu nathi."

156. *UkuBa neentsiba*

KukuBa sisityebi; ukufuma; ukuBa ngunto-zakhe.

"Umntu ogcina inxhova kubelungu kufuneka abe ngumntu ohluthayo cwaka, oneentsiba kakuhle." (B. A. Bangeni)

157. *Ukuhloma usiba*

Uthi umfana akuya kucela intwazana ukuBa ayizeke, kuthiwe uyihlome usiba. Ma kuBe yinto efana nale yasemlungwini yokufaka ingeji.

"Ithe le ntombi yakuba se iceliwe, ihlonywe usiba, kwaba kukhona abafana bayidumbele intloko, beyifuna cwaka."

158. *Indoda engenazintsiba*

Lihlwempu. Kaloku intaka engenazintsiba iba ngumkhu-
thuka wento engenamkhitha, ingenakho nokubaba.

“Kwafika kwaanzima kumadoda angenazintsiba, kwaayinqaba
nokuthetha, kuba kaloku ebengazi kuphulwa-phulwa kuloo
mbizo.”

ISAHLUKO V
IZILO ZASEKHAYA

I. Iinkomo, Inkunzi, Imazi, Inkabi, Amathole

159. *Inkomo edla yodwa*

Ngumntu olilolo; umntu othanda ukuhlala yedwa.
“Andikholwa ukuba uya kuza abaqhele abanye, uyinkomo edla yodwa, akafuni konke ukudibana namntu.”

160. *Awakulonkomo*

Ngamaphakathi enkosi. Oku kuthi awakulonkomo kuku-hlonipha igama lenkabi yenkosi eyiyeyona iyithandayo, ebeli-sithi ibotwe libizwe ngayo.

“ULucangwana ubegwengula, namhla awakulonkomo azeka ezantsi.” (S. E. K. Mqhayi)

161. *Ukubuyela kwa senkomeni*

Oko kukubuyela kwa kuloo nto ibisenziwa, okanye kuloo mcimbi ubuxoxwa.

“Gxebe ma khe sibuyele kwa senkomeni. Ekhaya ezulwini komkhulu akubanga kho konwaba.” (H. M. Ndawo)

162. *Zemk' iinkomo magwala ndini*

Le yindlela yokuhlaba umkhosi. Naanzi ezinye: Kuba-njwene ngazo ekuthini; Vingcan' amazibuko; nezinye.

“I-i-i-wu, kazi kuyiwe phi na ngamadoda! Zemk' iinkomo magwala ndini!”

163. *Inkomo ingazal' umntu*

Kuxa kuthethwa ngento engenakwenzeka.

“Inkomo ingazal' umntu ukuba ungaze undibone ndiphinda ndisiya kulaa mzi apho ndaphathwa kakubi kangako.”

164. *Inkonyana iya sothuka isisinga*

Ithi inkonyana eqala ukukhulekwa imana isothuka isisinga, ixhuzula ide ityabuke. Kanti ke yoda isiqhele. Kubekiswa kumntu ongekayiqheli into, osenobundlobongela kuyo.

“Wawubongoza umzi ukuba umnyamezele, ubuxolele ubugingxi-gingxi abenzayo kuba usafana nenkonyana eyothuka isisinga.”

165. Ukubopha oomofu

Kukwenza into ngokufutshane, umntu angenzi ilembelele lento xa athethayo, kungabi kho zintetho zinxaxhayo neziholayo.

“Xa nditshoyo ndiza kubopha oomofu, kuba amathunzi sel’ ewile.” (B. A. Bangeni)

166. Abantu bambala-nkomo

Abantu aaba ziinto ezifanayo kakade, bafika bahluke nje ngeendawa-ndawana.

“Asikuko nokuaba uya fana nodade wethu osekhaya. Kakade abantu aaba bambala-nkomo. Watsho uMoses.” (H. M. Ndawo)

167. Ukuba yinkomo enombala

Ukuba ngumntu odumileyo ngobubi.

“Se ndisuke ndaayinkomo enombala, akukho namnye umntu ofuna ukuba nento yokwenza nam.”

168. Yeyele ngomkhono

Ithi inkomo eyeyele ngomkhono kufuneke ukuba ivuswe ngemivalo. Utshe umntu osengxakini nasenkathazweni, abe ke njalo ucela uncedo. Ikwayindlela yokuhlaba umkhosi.

“Yeyele ngomkhono mawethu kulaa ntsimi yakowethu isethambekeni, se ndize kuzibika kuni.”

169. Se ibonga ilele

Kutshiwo kumntu osel’ ephelwe ngamandla, se kuvakala nje ilizwi xa athethayo, akusekho nto yimbi anokuyenza.

“Sifike loo ndoda iphantsi, be kunyanisiwe ukuba sel’ efana nje nenkomo le ibonga ilele.”

170. Inkunzi bayinqumle amanqindi

Umntu obeyinkathazo bamthibazile.

“Wathi kuba ngoku eqonda ukuba noko amaQaba amathile, anqunyulwe amanqindi, wathi ma sikhe sicele eXhegweni, kuba se kuleli lixa.” (B. A. Bangeni)

171. Ukusenga imazi ekhabayo

Kubekiswa kumntu othi ukuba uye kufuna into kuye, abe nento eninzi yokuthetha, athi nokuaba uya kunika, ange angakwenza into.

“Ndithe ndizifumana eziya nkomo be ndiziboleka, ndabe ndiqondile nam ukuba be ndizama ukusenga imazi ekhabayo.”

172. *Ukuthenga emithiyo*

Kukwenza into usekeleze ukuzuzisa enye. Yinto ethandwa kakhulu le ngabantu, ukuthenga inkomo xa aqondayo ukuthi se imithi, kuza woba uzuzisa zaambini ngexabiso lenkomo enye.

“Xaancedisa uDing’indawo uya kuza engasenzi mpindezelo nje kuuphela woba sel’ exube nokuthenga emithiyo.” (A. C. Jordan)

173. *Yalala inkomo isengwa*

Kuthethwa ukwenza into engaqhelekileyo; okanye ukwenza into engekho sikweni nasemthethweni.

“Ufike neenguqu-nguqulo ezininzi ezingaqhelekileyo, nezingabukwayo ngumzi, watsho umntu ukuthi, naantso ke inkomo ilala isengwa.”

174. *Ukukhaba ngawo omane*

Ukubebetha into, ukungafuni nokuyiva oku; ukungayingeni konke.

“Namakhwenkwe awayekhe aziphosa kuye ezibika, wayengazanga awafekethise. Wawakhaba ngawo omane.” (A. C. Jordan)

175. *Inkomo yinqoma yintsengw’ ebeka*

Umntu onqonywe into akonwabi kuya phi, kuza engazi ukuba yophuthunywa nini na; kungoko athi esenga nje abe ebeka-beka hlaziye ize kuphuthunywa. Utsho umntu xa athetha ngento engeyoyakhe.

“Nge ndiba ndithi ndinazo iinkomo, koko yinqoma zonke, uyazi ke nawe ukuba inkomo yinqoma yintsengw’ ebeka.”

176. *Ukusenga kwezimithiyo*

Le ntetho ivele ekuweni athi othile ahambe ebalisa ngeemazi zakhe ezehlisayo, kanti esitsho nje azikazali nokuzala ukuba unazo. Ngumntu olixoki; umntu oyithetha inyaniso ade agqithe, ajikele ngaphaya kwayo.

“Ubungathi xa umva ethetha ebalisa ngomzi wakowabo, ungabalibali abantu abahluthayo, kanti lonke elo xesha usenga ezimithiyo.”

177. *Ikhaba eyikhabayo*

Ukubuyisela ububi ngobubi.

"Ube kubeka eli lindinyhukula, nam ndabeka kwa lona, kuBa kuthiwa ikhaba eyikhabayo."

178. *Iinkabi zitsala ngaxhatha linye*

Ngabantu abasebenzisana kakuhle; abantu abevanayo.

"Nenze into ebululumko kuBa lo mcimbi niwuphathise aaba bantu babini, baziinkabi ezitsala ngaxhatha linye kakade."

179. *Azitsali ngakutsala kunye*

Ngabantu abangaginyaniyo, abangevaniyo. Ungabubona ubugingxi-gingxi nokungahambeli phambili kweenkabi ezingatsali kunye.

"Side sancama ukubadibanisa aabo bobabini, sifumene kuBa ziinkabi ezingatsali ngakutsala kunye."

180. *Ukuzifaka amathole*

Kuthethwa ukufuduka. Kaloku iimazi zihamba namathole azo xa kufudukwayo.

"Ithe le ndoda yakuqonda kuBa ayisaginywa yinkosi yayo, yasel' izifaka amathole, yaya kukhonza mazweni wambi."

181. *Inxowa elif' amathole*

Yindawo apho impahla ingandiyo.

"Nto yimbi engathi imfuduse kwelo nxowa kukusuka lingabi namgqeku, kuthiwe ke, 'Linxowa elif' amathole.'" (S. E. K. Mqhayi)

182. *Any' amathole*

Abantu abakha balusa, baya yazi inkathazo nokubethwa kuBa anyile amathole, kuBa kaloku kuza kulalwa kungatyiwanga. Kuthethwa kuBa konakele ukuhlala.

"Uthe ukufika oku kwakhe akabona nto intle, kwalila mntwana, kwakhala zinja, kwacaca kuBa anyile amathole kuloo mzi."

II. Iimpondo, Ibele, Itshoba, Inqina, Ubilo, Ilunda**183. *Ukunqumla iimpondo***

Ithi inkomo ekhathaza ngokuhlaba ezinye kunye nabantu, inqunyulwe ezo mpondo, ingabuye yenze ngozi. Kuthethwa ukuthibaza.

“Amadoda avumelana ukuba inye indlela yokuyinqumla iimpondo le nkwenkwe yenza iintlondi, kukuyalusa.”

184. *Ukumfaka uphondo*

Ukumnyanzela umntu ngokungamphi thuba; ukumnxhamisa.

“Ndathi noko ndandithembisile ukuba elo tyala ndiya kulilungisa ekupheleni kwenyanga, wasuka laa mlungu wandifaka uphondo.”

185. *Ukubetha eluphondweni*

Inkomo le akuvunywa ukuba ibethwe eluphondweni, kuba isuke ibe ngathi iphambene. Kuthethwa ukuphambanisa.

“Uthe emva kwalaa ngozi wasuka wafana nenkomo ebethwe eluphondweni wabaxaka abantu ngezinto azenzayo.”

186. *Ukuphuma iimpondo*

Kwakusitshiwo ebantwaneni xa bali bele kukwenza iintsomi emini. Kutshiwo nakoxokayo. Yindlela yoku boyikisa ukuba bangabi ngamavila, nokuba bangabi ngamaxoki.

“Lumkela iimpondo! Uya kuphuma iimpondo Ndopho, usenz' iintsomi emini nje.” (G. B. Sinxo)

187. *Ukutshiselana uphondo*

Umntu otshiselana uphondo omnye uya mhlokoza, emchukela, kuba esazi ukuba libi kwevumba lo phondo olutshayo. Kuthethwa ukuhlalisana kakubi.

“Noko babengabamelwane abadanga bahlalisane kakuhle kuba babesoloko betshiselana uphondo.”

188. *Loo nto iwe ngeempondo*

Apha kuthethwa ukuba loo nto ayibanga nampumelelo. Ukuba inkomo le ithe ukuwa kwayo yaya kuhlaba ngeempondo phantsi, se kusaziwa ukuba iyoyisakala yiloo nto iyoyisayo.

“Le nto be sizama ukuyaakha, isuke yaya kuwa ngeempondo, ukutsho ke ayiphumelelanga, saba siya yincama.”

189. *Xa kumpondo zankomo*

Ngexefa lasekuseni, onokuthi ukuba uye ebuhlanti ubone nje kuuphela ukukhanya kweencam zeempondo zeenkomo. Lelo xefa ke elo, ixefa lombethe.

“Wathi ma ivuswe yonke ke uDing'indawo, yakhwela emahlaneni, wayikhokela xa kumpondo zankomo.” (A. C. Jordan)

190. *Ukukhanya kweempondo*
Yinto enye xa kuthiwa: Xa kumpondo zankomo.
191. *Ukuncela umbele*
Ukwenza into ngokufezekileyo nangokwaneleyo.
"Andinasikhalazo santo ngalo msebenzi wenu, nitsho nancela umbele."
192. *Wakhanyela walala ngombe*
Ukukhanyela unga buyi ngomva.
"Yinto emaqhingana leyo, engakhanyela ilale ngombele."
193. *Umanyiselela kofileyo (umbele)*
Kuthethwa ukukhohlisa. Ungayibona le nto kwinkomo enombele ofileyo, athi umsengi awufake enkonyaneni, ufike ke se ide yaxhapha amagwebu, ingalibali yona ifumana ubisi. Neentsana se zithuthuzelwa ngale mibele ifileyo ithengwayo, nazo ke zikhohliseke.
"Abazanga bamlibale ebezela ububele ngokubapha umbona, kanti ubanyiselela kofileyo, kuza bafika ingumdlungu wodwa."
194. *Ukubenga itshoba*
Kukunikela umva; ukungayingeni into; ukubebetha.
"Sithe simcenga ukuza ma kangenelele kuthi asincede, wasuka wabenqa itshoba, weva ezinyaweni."
195. *Unotshobo*
Akanasikhundla; akafuni kuhlala nasekhayeni lakhe.
"Sada samncama wemka kuza wasuka waanotshobo, esibaleka sonke."
196. *Laqhama itshoba*
Kuthethwa ukufa.
"Walahla ngebunguza kwelo samncwa, laqhama itshoba kwa oko."
197. *Itshoba lilele umbethe*
Esi saci sizekelwe ekuweni isilo esifileyo asisenakho ukumana sijiwuzwa itshoba ukuziphunga iimpukane, lithi ke itshoba elo lilale umbethe. Kuthethwa ukufa.
"Ukuza wayengafikanga umfundisi loo mini, itshoba nge lalala umbethe." (Tiyo Soga)

198. *Ukuthwala itshoba*

Ukubaleka. Isilwanyana esibalekayo siya lithwala itshoba. "Inkomo be kuxa zisondelayo. Uthi zathi ni ke? Ziwathwalele apha amatshoba! Zanga zonke zinosinga." (S. E. K. Mqhayi)

199. *Ifwa lomhluzi wamanqina*

Le nto umhluzi wamanqina asinto ukuaba kkrakra, kodwa uya thandwa ngabantu bawo, abothi bewusela nje babe bewubabaza obu bukrakra, phofu bengade bawuyeke. Kutshivo kwinto efunwa ingafunwa.

"Le nto yasuka yaangumhluzi wamanqina, igxekwa ngumntu wonke, kodwa kungekho namnye ungayenziyo."

200. *Ukubeka ubilo*

Kukuphumla; nje ngenkunzi yenkomo ibeke ubilo emazini. "Safika sel' ebeke ubilo ngokungathi ngumntu mdala waloo mzi."

201. *Ukwaleka umsundulo*

Ukongeza; okanye ukusekela intetho yomnye.

"Ziinto ezathi ukuphendula zisaleka umsundulo kumazwi am, zatsho zawahlamba loo mazwi am amfiliba atsho aqaqamba." (S. E. K. Mqhayi)

202. *Sinelunda ngawe*

Oko kukuthi siya zidla ngawe, sinegugu kanjalo.

"Bantwana bam, thina mzi waseNcholosi, siziva sinelunda ngeengxelo esizifumeneyo ngani kubaphathi baseLovedale." (A. C. Jordan)

203. *Ukuthwala ilunda*

Kukuzidla; ukuzigasa; ukuaba nekratshi.

"Impumelelo yakhe imenze wathwala ilunda, wabakhangelela phantsi abanye abantu."

204. *Ukuvusa ilunda*

Ukwenza umntu abe negugu, ibongo ke elo, elikwayinto elungileyo.

"Jol' inkomo, siya kubulela ngokusikhulisela inkosi yethu. Le nto uyenzileyo ifanel' ukukuvusa ilunda." (A. C. Jordan)

III. Amahafe, Iguja, Iibokhwe, Amatakane, Ihagu

205. *Into emkhitha ufana noweha fe*

Kutshiwo kumntu ongemhle kodwa ethandeka. Asikuko nokuBa ihafe eli liya bukuwa kuBa liya thandeka.

"Kwabonakala kumi eziko inxele likaBojana into efanelwe yintsebe yayo echaziweyo, nomhlantla wayo omncinane, into emkhitha ufana nowehafe." (B. A. Bangeni)

206. *Umkhosi udla amaha fe*

Le ntetho izekelwe ezimfazweni, apho amasoldati ajika adle loo mahafe akhwele kuwo. Kuthethwa ukunqongophala kwezinto.

"Kanga ngokunqaba kwezinto kulo mhlaBa, abantu se befana nomkhosi odla amaha fe."

207. *Mhla amaha fe aphuma iimpondo*

Kuxa kuthethwa ngento engasayi kuze yenzeke, okanye ibe kho. Kaloku amahafe akanazimpondo, engasayi kuze abe nazo.

"Mhla amahaf' aphum' iimpondo nto ni na mfana ndini? Ukuba niya banda mna akukude kum eΣefegu." (A. C. Jordan)

208. *Aziphali ngakuphala kunye*

Kutshiwo kubantu abangaginyaniyo, abangevisisaniyo.

"Le nkosi nabantu bayo kungatshiwo ukuthi aziphali ngakuphala kunye, kusoloko kukho ingxwaba-ngxwaba ekhoyo."

209. *Ukuphuma egufeni*

Kukungakwekwi; ukuthetha into phandle, kude kuthiwe into ukuyithi pa-ha-ha, endaweni yokuyithi tyi-ho-ho.

"Ndiyiqonde kwa sentlandlolo le ntetho yakho ukuba inebatha. Phum' egufeni ngoku mfo wam." (A. C. Jordan)

210. *Ukuva kunye negufa*

Kutshiwo kumntu ongevayo, ongaqondiyo, othi enqandwa nje abe yena enyanzelisa.

"Kudala ke ndisithi yiyeke loo nto. Kuthe ni kodwa le nto uva kunye negufa?"

211. *Ukuba yigufa*

Kukululama, ukuthozama. Enye into ethethwa apha kukuthi umntu alandele engaqiqanga ukulunga kwaloo nto ayilandelayo.

“Andilwazi olu hlanga silulo lusuke lwaaziigufa, luhamba lulu-kuhlwa nguye wonke umntu othi uyinkokeli.”

212. *Ukudla amasi egufa*

Kutshiwo kumntu onamabongo, ozele ngamatshamba; ikwangumntu ocekisayo. Kaloku amasi egufa kuthiwa aya gezisa.

“Akagezi ngako laa mntwana, ungathi udla amasi egufa.”

213. *Ibokhwe igudl' igumbi*

Ukuyiza into bugungu; ukuyiza ngecala, nje ngebokhwe le ifuna ukungena endlwini.

“Le nto ibithanda ukuduḅa-duḅa umphefumlo womhlobo wakhe, kuthi kwakuḅa lapho, angamthembi kakuhle, kuḅa kuḅe kungathi ibokhwe se igudla igumbi.” (H. M. Ndawo)

214. *Ibokhwe ingazal' umntu*

Yinto engenakwenzeka.

“Ukuba angaze akuḅoleke loo mali uyifunayo, ngaba ibokhwe ingazal' umntu.”

215. *Ukuqhuba amatakane*

Kutshiwo kumntu onxilileyo.

“Akabanga nakufikelela emzini wakhe, kwafuneka ukuba athwalwe, kuḅa wayesel' eqhuba amatakane, indlela le engasayiboni.”

216. *Akwaziwa okwatyebisa ihagu*

Yintetho le ongayiva ithethwa buncoko ngumntu oza kutya into angayiqondiyo, okanye angayifuniyo, athi sel' esenza nje ukuzalisa isisu. Kaloku ihagu yinto eyahlala ityebile.

“Sithe noko siqonda kuḅa asikokutya kufanele ukuphiwa abantu oko, safumana satya, kuḅa singakwazi okwatyebisa ihagu.”

217. Ukudla amanqina ehagu

Kutshiwo kumntu oraqazayo; umntu ononyawo.

"Kanga ngokuhiliza kwakhe, ufana nomntu lo owadla amanqina ehagu."

IV. Izinja, Iikati**218. Kuzole nasebukhweni bezinja**

Kuzole nkcwe, kungekho nelifu elinye. Ebukhweni bezinja kusemahlwentfini.

"UMhlontlo, ebethi phambi kokuba avele, kuthi lany umbane, kutsho isithonga, izulu lizole nasebukhweni bezinja." (A. C. Jordan)

219. Inja ibuyela emhlanzweni wayo

Kutshiwo kumntu obuyela emikhweni yakhe emidala nemibi, awayesel' ezikhwebule kuyo.

"Sathi be sisabukele sincoma nokuncoma, seva se kusithiwa hayi lowo ufana nenja ebuyele emhlanzweni wayo."

220. Intlama idliwe yinja

Kuthethwa ukuba konakele ukuhlala, izinto azimanga kakuhle. Kaloku kumzi apho intlama idliwe yinja, ungafika kukhal' intonga kubethwa mfazi, mntwana, nja, kuyiloo nto.

"Safika isisabengu kuloo mzi, isisantfwe, kumhlophe ukuba nene-nene intlama idliwe yinja."

221. Yintlangu nenjakazi

Izinto okanye abantu abafaneleneyo ngayo yonke into; abantu abasoloko bekunye. Ngabantu ekungenakuthiwa ugqithiwe omnye ngoqhule, kude kuthiwe basuka baantambo nye.

"Wonke umntu wabuya encoma kuloo mtshato, esithi baabahle abantu bobabini, basuka bayintlangu nenjakazi ukufanelana."

222. Iqhinga limke nenja

Oko kukuthi iqhinga libonelelwe.

"Wathi akubona ukurwaqela kwenkosi kaloku ngoku wafu-
mana waba liyilo, waqonda ukuba elo qhingana lakhe limke
nenja." (A. C. Jordan)

223. *Ixe fa lixhat shwe yinja*

Ixeja liphelile.

"Asingebi sazilibazisa ngobucukubede bocalulo lwazinto ngoku, ma sise sisiva endleleni, nexefa kakade se lixhatshwe yinja."

224. *Ukuba ngumka-nja*

Le ntetho ivela emidlalweni yabantwana. Ukuba baya baleka, lowo ufike mva ngumka-nja; lowo ungazi nto ngumka-nja, njalo njalo ke. Kuthethwa ukungabiyo-nto.

"Be ndisatsho! Utata uhlal' endixelela ukuba ngumka-nja umntu ongalaziyo iqakamba eNcholosini." (A. C. Jordan)

225. *Ibanda okwempumlo yenja*

Yinto leyo ebanda ceke. Isisimanga into yokuba nokuba se kufufu kanjani na, kodwa yona impumlo yenja wofika ibanda.

"Sathi ngokuhamba silibala endleleni, safika oko kutya be sikubekelwe se kubanda okwempumlo yenja."

226. *Nga ngoboya benja*

Inyambalala.

"Impahla yalo mzi yayinga ngoboya benja ukuba ninzi kwayo." (H. M. Ndawo)

227. *Ukubophelelainja enkangeni*

Kukwenza into yobudenge; ukungabi nanyameko ekwenzeni into; ukuba nemfeketho. Kambe ke nayiphi nainja ingayincothula inkanga ebotshelelwe kuyo.

"Babesithi ngelabo bawavingcile onke amazibuko, kanti babopheleleinja enkangeni, kuba zathinjwa zonke ezo nkomo."

228. *Kwanja zotha umlilo*

Iinto ezithethwa apha zimbini. Eyokuqala yeyokuchaza umzi apho abantu baziimvuze-mvuze bubu bele, apho nezinja zotha umlilo. Kaloku indawo yenja iphandle. Noko ayiqhelekanga le nkcazo. Eyesibini kukuchaza ubomi basekwendeni, kuba apho wonke umntu unaba ngasemlilweni, kothe nezinja, abe yena umfazi esaphuka yedwa ngumsebenzi.

"Kwowu! ukwenda ngamanyala! Ndifike nene-nene kwanja zotha umlilo; ukuba ndandazile, nge ndingekho apha."

229. Inja imi nenkovu

Utsho umntu xa asengxakini.

"Akabanga nazwi lamlomo, wasuka wathi nkamalala, wafana nenja le imi nenkovu."

230. Ukudela umbundlwana

Ukudela umqulu. Umbundlwana ke yinjana encinane, engekathungululi nokuthungulula.

"Wasakudela umbundlwana, ubone engako wena, asingomandla apho, yindlovu."

231. Ing' iya yikhotha kanti iya yixathula

Kutshiwo kumntu ofika azenze umhlobo nomncedi womnye, kanti ngalo lonke elo xefa uya nyhwalaza, ufuna ukumenzakalisa ngenkohliso.

"Ngalaa mhla le nkewu yamyaleta uAdam ukuba adle umthi, yatsho isithi wogabuka amehlo aqiqe, kuba kakade isiko layo leli; Unga uya yikhotha, kanti uya yixathula." (H. M. Ndawo)

232. Kosengw' ikati

Le ntetho ibekiswa kwindoda engenabuhlanti, ihlwempu ke. Asikuko nokuba umntu olihlwempu ubehlala kakubi. Nasezinyameni, intamo yenkomo ibiyinyama esisabelo esisigxina somntu olihlwempu; ekwada kwavela intetho esisinyeliso esithi, 'amaxhwitha-ntamo,' kube ke kuthethwa 'abaphantsi, amaququluzana angenankomo.' Ke nakowona mzi usebuhlwentfjini, iba kho yona ikati; kuthethwa ke ukuba ihlwempu losenga yona, kuba akukho nale yobisi.

"Safika kuloo mzi sasiya kuhlolela intombi yethu kusebuhlwentfjini obulihlazo, ndithetha mna kusengw' ikati."

233. Ikati etsho icala

Yintetho esisinyeliso nesigxeko; isithuko. Ibekiswa kumntu ozibona ubunto engento.

"Lo mntu uya zicingela, kunjalo nje uziphakamisile, kanti ke akahlukile kwikati etsho icala."

234. Yimpuku nekati

Zizilwanyana ezingevaniyo ezi, kuba impuku le ilixhoba kwikati. Kubekiswa kubantu abaziintjaba, abahleli bexhwithana.

“Andibazi aaba bantwana bam ukuBa ndiza kubathi ni na, basuke baziphatha okwempuku nekati, basoloko besilwa.”

235. *Koseng' ikati, kubethelele impuku*

Ngumzi apho izinto zingahambi ngandlela; kwanothanda. “Ithe yakufa loo ndoda, abantu banikina iintloko, kuBa kwacaca ukuBa ngoku kuloo mzi koseng' ikati kubethelele impuku.”

236. *Lichathaza elinyawo mbini*

Ngumntu olisela. Ichathaza yikati yasendle edume ngokuuba.

“Oko kwathi kwafika laa mfo wasemaTanugeni, iimpahla zethu ziya phela, uthe kanti lichathaza elinyawo mbini.”

V. Inkuku, Iqanisi, Intfontso

237. *Inkuku isikw' umlomo*

Ithi inkuku ezala amaqanda ijike kwa yona iwadle, isikwe umlomo, okanye utshiswe. Esi saci sithethwa kumntu ongenanto yakuthetha; umntu othe nkamalala.

“Ewe kaloku, bathi baya monelwa xa amawabo ayesaala ukuBa umntwana endiselwe enkosini. Inkukw' isikw' umlomo kodwa ngoku.” (A. C. Jordan)

238. *Inqabe nje ngezinyo lenkuku*

Yinto enqabe nga ngokude kuthiwe ayikho. Inkuku ayinalo izinyo. Ngoku se kusithiwa: Inqabe ngokwedayimani.

“Ewe elo gama lokuphumla ndalizuzana nam nje ngabanye, kodwa inkqu yokuphumla yona yanqaba ngoku kwezinyo lenkuku.” (S. E. K. Mqhayi)

239. *Umbele wenkuku*

Yinto engekho.

“Le nto andithembise yona ifana nombele wenkuku, ayivakali ndawo.”

240. *UkuBa yinkuku*

Kukuthi nkamalala; ukuxakwa ukuBa ma kathi ni na, oku kwenkuku inethile.

“Sibe kumbuza nto wasuka waayinkuku, wafumana wee buxe akathetha.”

241. Ukulala neenkuku

Ukufhona kwelanga lixeja elo lokuβa iinkuku zilale. Kuxelwa umntu olala ngoratya.

"Nangona safika kuloo lali ubusuku busebutjha, kwathi kanti apha emizini kulalwa neenkuku, kuβa akubanga kho mntu usivileyo."

242. Ukqhwayela emva okwenkuku

Kukho ibali elithi: Oku kuqhwaya kungaka kwenziwa ziinkuku, kufunwa isitfixo sokhozi esalahlwa yinkuku, lwaza ukhozi lwafunga ukuβa luya kuhlala lusiβiza. Apha ke kuthethwa ukungahambeli phambili ekwenzeni izinto.

"Siluhlanga oludeliweyo kuβa ingathi asihambeli phambili, siqhwayela emva oku kwenkuku."

243. Ukuβa ngaphantsi kwendlu yenkuku

Umntu ongaphantsi kwendlu yeenkuku ngumntu ongento, kuβa le ndlu yeenkuku yindawo encholileyo, engafumani itjhayelwe.

"Wombona kwa oko sel' esuka ezikhola, abe nolunya, abakhangelele phantsi kwendlu yenkuku abanye." (H. M. Ndawo)

244. Ukulalisa no ranisi

Ooranisi baneentsiba ezitjho umandlalo ube tofo-tofo, athi oleleyo alale obungenalo nephupha. Esi saci sisetyenziswa xa umntu akrokrela ukuβa ububele abenzelwayo bobokumlalisa aze enzakaliswe engaqondanga.

"Undenzele ububele obufike bandindwebisa, ndaqonda ukuβa undilalisa no ranisi, ndize ndibe sisisulu kuye."

245. Azililanga (iinkuku)

Le ntetho isukele ekuβeni xa kuza kusa, uya kuva ngeenkuku zikhala. Xa zingekalili, loo nto ithetha ukuβa kusesebusuku. Ke umntu ekuthiwa azililanga kuye, kuthethwa ukuβa kusebusuku phaya kuye entloko; oko kukuthi akana-ngqondo kakuhle.

"Wema apho ixefana, wathi gwiqi wahamba, ngathi azililanga." (A. C. Jordan)

246. *Ukuphila ubomi bent font fo*

Oko kukuthi uhleli ubomi obunzima, nje ngoko lithi intfontfo ukuze litye liphandelwe ngunina, kanti lihleli lisexhaleni lokuxwilwa ngookhetfhe.

“Akusekho konwaba kulo mhlabo woobawo, sihleli ubomi bentfontfo, kuba uthi uhamba nje ube ungazi ukuaba akuzi kubanjwa na.”

VI. Uboya, Umsila, Isisila, Amaqanda, Igila, Ungele**247. *Ukulalisa uboya***

Kukuthuzela; ukuxolisa; ukuphelisa umsindo. Kutshiwo nokuthi: Ukuphulula uboya.

“Uthe akubona ukuaba nomsindo kwakhe, weza kuthetha naye kakuhle, ezama ukulalisa uboya.”

248. *Ukutsho eboyeni*

Xa into uyibethe eboyeni, okanye ukuaba kuthiwa iwe ngoboya, kuthethwa ukuaba akubanga kho ngozi namonakalo wenzekileyo.

“Ndaqala ndaanoluvo lumbi ngeliya ramba; andingephiki nokuaba lithe kanti alikabi nawo amava okuba linditsho enyameni na, nokuaba linditsho eboyeni.” (S. E. K. Mqhayi)

249. *Ukuaba ngumsila*

Ukuaba ngumsila womntu kukusoloko ulandelana naye.

“Andifuni mntu undilandelayo xa ndiya phaya, kukho abantu abathanda ukuaba yimisila yabanye.”

250. *Ukuyibamba ngomsila*

Ukungayiyeki into, ukuyithi chu. Nomntu ombuna, oyintambo, kuthiwa sel' ebanjwa ngomsila.

“Sabuza ukuaba bamenze nto ni na lo mfo wayeyindlobongela, nje ngokuaba sel' eyinto ebanjwa ngomsila nje.”

251. *Ukukhwenyela umsila*

Ukoyika; ukusaba. Le ntetho ivele ezinjani, aphoinja ithi yakothuswa yinto iwufake phakathi kwemilenze umsila.

“Ithe kqwaqu nje kwaaba babulali bayo, yeka ke, khwenye umsila ukujakatyeka ukuya kweela kwantsiza.” (S. E. K. Mqhayi)

252. *UkuBa nesisila*

UkuBa namaJwa.

"Kungesizathu sokuBa eziya ntombi zakhe zinesisila, azincoliswa ngabafana." (H. M. Ndawo)

253. *Ukuvuka emaqandeni*

Yintetho ebekiswa kumntu onyabileyo, umntu ongafuni kwenza nto; kuthethwa ukuBa ma kaphaphame.

"Wavuya ke ecinga ukuBa uZwelinzima uza kuvuka emaqandeni engadanga anyanzeleke yena Vukuz'umbethe ukuBa athethe kakubi ngoyise." (A. C. Jordan)

254. *Ukufukama amaqanda abolileyo*

Ukuthemba ilize. Yinto eqhelekileyo ukuthi isikhukukazi sihlale ixefa elide phezu kwamaqanda, kanti se kukudala abolayo.

"Wayengalityalwa eyindoda efumileyo ngemali nempahla, kanti umfo lo ufukame amaqanda abolileyo, kuBa yathinjwa yonke."

255. *Iwazala iwaqandula*

Kutshiwo kumntu onemfeketho, kuBa intaka ethi izala amaqanda ibe iwakroboza, yintaka efekethayo enje ngonothoyi, intaka engaqanduseliyo.

"Ungumntu apha ongemazi nokuBa le nto ayithethayo naye-nzayo uyinyanisile na, kuBa uluhlobo lomntu owazala ewaqandula."

256. *Ukuzityanda igila*

Kukukhuphela yonke into kuBantu basemzini; ukuzibokoxa.

"Waqonda ke ukuBa ma kasel' ezityanda igila, achaze ubuhlungu bentliziyo yakhe ngenxa yokuphoswa yintombi ka-Khalipha." (A. C. Jordan)

257. *Lwanchola ungele*

Kuthethwa ukufa. Izekelwe ezinkukwini; noko asintetho indilekileyo le.

"Yaba yindyikitya yendakado kwelo duli, kwafikwa iziingqimba zamadoda anchole ungele."

ISAHLUKO VI
UMZIMBA NAMALUNGU AWO

I. Umzimba, Lomo, Lwimi, Zinyo, The, Qala, Hlathi

258. *Ukuwa umzimba*

Ukutyhafa; ukudana.

"Uthe uNomathamsanqa akumalama lo mfana, yaphunguka ingqondo yakhe, wangenelwa nakukuwa komzimba." (H. M. Ndawo)

259. *Ukuhambisa umzimba*

Ukuhlasimlisa.

"Ukuḅa kwakungaphanganga kufike umlungu, igama elithi 'Mfengu' nge lingasahambisi mzimba, nge sise silithabatha nje ngesiduko." (S. E. K. Mqhayi)

260. *Ukuḅamba umzimba*

Ukungakhululeki.

"UThembeka noko wayeze kweli dinga ebambe umzimba ngenxa yeziganeko zezo ntsuku." (A. C. Jordan)

261. *Ukuthungw' umlomo*

Ukuthi cwaka; ukungenzi nezwi elinye.

"Yinto ni ukuthula kangaka ngokungathi uthungw' umlomo?"

262. *Ukufakana imilomo*

Ukugqugula; ukubunga.

"Zithe ukuḅa zindibone iintokazi zaḅafo, zaqala zafakana imilomo." (S. E. K. Mqhayi)

263. *Ukuḅa nomlomo omde*

Kumntu othanda ukuthetha; incoko.

"Anisayi kufika ngoku apho niya khona, lo mfo nihlangene naye uya kunilibazisa ngeendaḅa, unomlomo omde."

264. *Ukusula umlomo*

Ukufumana into etyiwayo.

"Hamba uye kwamFundisi, intliziyo iya kḱokḱa yona kuḅa ungakhanga usule mlomo namhla." (H. M. Ndawo)

265. *Ukubamba umlomo*

Xa umntu amangaliswe yinto.

"Yaanela kuthi, 'Hha,' yaqhwaŋa izandla yaŋamba umlomo yathi, 'Ndisaniŋiya,' yaphuma yagoduka." (A. C. Jordan)

266. *Ukuvula umlomo*

Ukuthetha.

"Indoda leyo ibe ityunjwe ukuba impheleke, ibiliqhara-qhara lencoko ebe lingavumeli omnye umntu ukuba avule umlomo." (H. M. Ndawo)

267. *Ukubetha emlonyeni*

Ukuphazamisa umntu othethayo; okanye ukuthetha into ebiza kuthethwa ngomnye.

"Hi bethuni." Wambetha emlonyeni uNomvuyo. "Kha nithethe le nto yale nkwakhwa kakuhle, ndiyive." (A. C. Jordan)

268. *Ukungena emlonyeni*

Yinto enye nesi saci: Ukubetha emlonyeni.

269. *Ukuhluthw' intlaka emlonyeni*

Kukulahlekwa yinto obusel' usithi uyifumene. Esi saci sivele ezimfeneni. Ithi imfene ukuba ikhe yambaqa umntwana wayo esitya intlaka engayiphiwanga, ngakumbi intlaka emhlophe, abethwe, alunywe, akhanywe ade ayikhuphe.

"Wathi lo mfana akwaliwa sel' egqibile nokulobola, ngokusuka intombi leyo igcagce nomnye, kwathiwa uhluthwe intlaka emlonyeni."

270. *Ukungawuhlanganisi umlomo*

Zimbini izinto ezithethwa apha. Kuxa umntu ahleke njalo luvuyo. Kukwathethwa ukumangaliswa yinto, ufumane ukhamise nje.

"Amadoda awayekwelo qumru emka engawuhlanganisi umlomo bubuchopho bale nkosana." (A. C. Jordan)

271. *Ukuluma umlomo*

Kukunyamezela. Ngamanye amaxeŋa le ntetho isetyenziswa xa umntu axakwe yinto ethile, engaŋoni ndlela yakuyicombulula.

"Watfho eluma umlomo, kubonakala ukuba, ukuba ebekho loo mfana, ubeza kuyazi into abinqe ngayo uNgubengwe."
(A. C. Jordan)

272. Udla esula (umlomo)

Ngumntu othi esitya nje abe ewusula umlomo, uthi wakumkhangela ufike umlomo womile. Le ntetho ingasetyenziswa ngeendlela ezininzi, nje ngomntu obonelela esakhe isisu yedwa; okanye umntu owenza izinto ezimbi, aze kuzenza mhle phambi kwaBanye.

"Wayebakhohlisile kwaphela abantu, bengamlibali umntu olungileyo nothembekileyo, kanti udla esula."

273. Ukwanda ngomlomo

Ngumntu othetha kakhulu angenzi nto; umntu ogqiba ukwenza izinto ngomlomo.

"Asiziqondi ezi nkokeli zanamhla zisuke zanda ngemilomo, sibe singaboni nto ziyenzayo ukunyusa uhlanga."

274. Imilomo ayibolanga

Kuye kutfhiwo kumntu oseluhambeni, ehamba indlela angayaziyo; kuthethwa ukuba wohamba ebuzisa indlela, acele nento etyiwayo.

"Ndlela-ntle ke, indlela noyiva phambili, imilomo ayibolanga."

275. Ukungabi namlomo

Ukungabi nanto yakuthetha; ukuthi nkamalala.

"Mna ngokwam andinamlomo wakuthetha, ndiphelelwe ngamahlathi. Andinazwi." (B. A. Bangeni)

276. Ukoma umlomo

Kukungabi nanto yakuthetha. Nomntu olambileyo woma umlomo.

"Kucacile ukuba anikhange nitye nto, nemilomo le yenu isuke yooma, yaamhlophe phatfha."

277. Umlomo uzale

Kukuthi umntu athethe engenantloni, engayoyiki loo nto ayithethayo.

"Nabantu abakhulu babekhahlela izale imilomo, besithi mhla kwaphatha yena kuza kubuswa emaMpondomiseni." (A. C. Jordan)

278. Ukuphuma into ngomlomo

Kutshiwo kumntu othetha kakhulu, ethetha izinto ezinga-mamelekiyo; iinto ezimanyumnyezi.

“Ndithi mna yaphuma into ngomlomo emntwini, sanga singavala iindlebe zethu ngenxa yeentloni.”

279. Undaba-mlonyeni

Yinto ekuthethwa nekuncokolwa kakhulu ngayo.

“Intetho yesanuse yaba nguyena ndaba-mlonyeni kuloo lali.”
(H. M. Ndawo)

280. Lahluthw' inqatha emlonyeni

Kukuthi umntu ebesithi uyifumene into isuke impfuluke.

“Wathi ebefumene umsebenzi osisigxina wasuka wagxothwa kwa loo mini, waba ke uhluthw' inqatha emlonyeni.”

281. Umntu okhamise umlomo

Ngumntu omathileyo nonyabileyo, kude kuthiwe uya kungenwa naziimpukane emlonyeni.

“Nje ngokuba ukhamisile nje uya kuqhathwa ngabo bonke aaba bantwana bandwebileyo.”

282. Ukuba nolwimi

Kukuba ngumthuthi weendaba; umntu othetha izinto angazibuzwanga.

“KuNomsa yayimhlophe into yokuba akukho cebo anokulizuzwa kunina kaNongendi, umfazi onolwimi ogqiba ilali ethetha naliphi na ihlebo.” (G. B. Sinxo)

283. Ngamathe nolwimi

Zizinto okanye abantu abangahlukaniyo; abahlobo abakhulu.

“Kwakuse kusithiwa xa kuthethwa ngabo, kuthiwe ngamathe nolwimi, kuba babesoloko bekunye.”

284. Unchunchu ngolwimi

Ngumntu onolwimi olude; udiz' amahlebo.

“Ujiye wazenza ngokumxelela le nto, kosa se ingundaba-mlonyeni kule lali, asikuko nokuba unchunchu ngolwimi.”

285. *Ukungakhothi naphantsi*

Ukubuya ze; ukungafumani nento le.

“Kolo khuphiswano, isikolo sethu asizanga sikhothe naphantsi, sabuya simpancuza.”

286. *Abantu baya kothana*

Ngabantu abangabahlobo, abavanayo. Le nto ibonelwe ezilwanyaneni, zona zibonisa ukuvana nokuthandana ngokuthi zimana zikhothana.

“AmaMfengu namaXhosa be bengekade babe ngabantu abakhothana ncam, kuba amaMfengu ebehletywa ngobuthi.”
(Z. Futshane)

287. *Ukuba namazinyo asibozo*

Iguja enamazinyo asibozo apha ngaphambili, leyo se iqinile, iphelele. Ke xa umntu athi unamazinyo asibozo uthetha ukuba indala, uqinile, kunjalo nje uhleli nasengqondweni.

“Se kukade ndihamba ndibona, ndingaka nje ndinamazinyo asibozo.”

288. *Ukubamba amazinyo*

Ukuba nexhala; ukoyika.

“Wabomboloza uDing’indawo, athi amadoda ebebambe amazinyo esithi aza kubona ngoZwelinzima sel’ejuba, asuka ema nematha.” (A. C. Jordan)

289. *Ukungwenela ithambo ungenamazinyo*

Kukufuna ukwenza into engaphaya kwamandla akho. Kaloku asikuko nokuaba umXhosa uya yithanda into yokuhleza ithambo naxa angasenawo namazinyo.

“Umkhozi wam uzibike ubuze bakhe, esithi unqwenele ithambo engenamazinyo. Kha nimboleke umntwana lowo.” (B. A. Bangeni)

290. *Ukubibidla amazinyo*

Kutshiwo kumntu othetha imfeketho, ngokungathi ngumntwana lo ofunda ukuthetha.

“Amvungamela onke amadoda lo mfo uthi xa athethayo abe ebibidla amazinyo, echitha ixefa lawo.”

291. *Ukulumeza amazinyo*

Into ehlasimlisayo, utsho uhambe wonke umzimba.

"Zithe ukudibana kwazo ezo nkunzi zimbini, kwatsho kwalumeza amazinyo kwaabo babebukele."

292. *Abahlobo bezinyo kuuphela*

Ngabantu abangaqhelananga kakhulu, ngaphandle kokuba elowo esuka ancume nje bakubonana, kungekho nto ingaphaya koko.

"Wahamba nenye inkwenkwe kuba uGwanguse wayexakekile loo mini, kwaye ke be besengabahlobo bezinyo kuuphela."
(Z. Futshane)

293. *Ukuhleka intsini-menyo*

Kukuhleka ungahleki. Ungambona umntu onjalo ngokovelisa nje amenyo ngathi uya hleka, bube bona ubuso buxela nto yimbi.

"Safika utitshala ebamise bume abantwana ngoswazi, nabahlekayo se behleka intsini-menyo, nge kuba baya lila."

294. *Ukuginya amathe*

Ukubawela into etyiwayo; okanye ukuphumla komntu othethayo.

"Yaginya amathe xa kulapho imbongi, zaye zingena izizwe zikhahlela, waye umfazi engayekanga ukutshayelela." (A. C. Jordan)

295. *Ukuginya ingwiqi*

Ukubawela into etyiwayo; okanye xa umntu axakwe yinto ama kayithethe.

"Wasuka wooma amathe kotho, waba kusuka ethinta isikhohlela, eqokela eginya ingwiqi, akwatsitsa nto." (A. C. Jordan)

296. *Ukoma amathe*

Kutshiwo kumntu ongenanto yakuthetha, othe nkamalala.

"Loo Father Williams yamcikozele ngengomso intombi kaKhalipha wooma amathe." (A. C. Jordan)

297. *Ukuzekelwa amathe*

Ngumntu okuthetha kungaqondakaliyo, kungavakaliyo, nje ngoko umntu aba njalo xa anomsindo.

“Uthe ngenxa yomsindo, wazekelwa amathe, akaBa savakala ngoku nento ayithethayo.”

298. *Ukuginyisa amathe*

Into eginyisa amathe yinto emnandi, ephelisa ixhala. Xa ingemnandi kuthiwa ayiginyisi mathe.

“Akuya kukhangela umkhuhlane kwaNosayini, ufike umntwana ethe thimbilili, eginyisa amathe.” (Z. Futshane)

299. *Ukuvuza amathe*

Ukunqwenela into kwezityiwayo; ukubawa; ukufala.

“Kuthi kujolwa nje, abe sel’ evuza amathe ngathi liphela, kanti ukwanjalo nasezintongeni.” (B. A. Bangeni)

300. *Ukuvuza izinkcwe*

Ukubawela into etyiwayo.

“Asinguye nomntu ukubawa lowo, wothi kusaqalwa nje ukuphakwa abe sel’ evuza izinkcwe.”

301. *Ukusula ugovane*

Ukufumana into etyiwayo.

“Imbi le nto kude kutshone ilanga singakhange sisule ugovane, se silambe siziinkembenca.”

302. *Ukoma umqala*

Kukunxanwa; okanye kukuxakwa yinto yokuthetha.

“Wathi akufuna ukukhwaza, kwathi malakatha wooma umqala kukoyika.” (G. B. Sinxo)

303. *Umqala uya gquba*

Umntu uya bawo; uya fala.

“Eso sandla uThembeka wasifumbathisa iqhekeza lesonka, esithi, ‘Ndiyazi *cousie* ukuba uphum’ iindaba nje ngumqala uya gquba’.” (A. C. Jordan)

304. *Ukudla imihlathi*

Kutshiwo kumntu oqumbileyo, engathethi engahleki; umntu ongatyhilekanga.

“Sibe kuthetha naye waphikela nje ukudla imihlathi, saBona ukuba lo mfo uhlwile, ma simyeko.”

305. *Ukuqinisa imihlathi*

Ukunyamezela nokuzimisela entweni.

“Ugqira waqinisa imihlathi ngokwendoda, kuBonakala kodwa ukuBa ithemba alikho.” (A. C. Jordan)

306. *Ukuhleka kuvele nelomhlathi*

Ngumntu owonwabileyo, ovuyayo, otjho angawuhlanganisi umlomo.

“Kuthe ni le nto angasoyikiyo singooyise, suke ancokole ahleke kuvele nelomhlathi, ngathi uncokola neentanga zakhe?” (A. C. Jordan)

II. Ntloko, Nwele, Ndlebe, Buso, Dlele, Bombo

307. *Akanantloko*

Ngumntu obuphambana, umntu ongenangqondo. Umntu onentloko yena ngulowo wenza izinto ezibadlileyo nezindlekileyo.

“Akanantloko ke bethu lo mntwana. Andimazi ukuBa ufuze bani na.”

308. *Ukujingisa intloko*

Kukudana. Se kuBonwa ngokuthi nxokotho nokuthokombisa.

“Wafika se kuhleliwe, kulindelwe yena, wangena sel’enyosfoza ejingisa intloko kuBa engaphumelelanga.” (A. C. Jordan)

309. *Ukufihla intloko*

Umntu ofihle intloko ngumntu ongaveliyo ukuBa ukuliphi na icala entweni; ngumntu ofana nesi silwana kuthiwa yinyekevu esithi sakuchukunyiswa sisuke sizisonge. Nofudo lunjalo. Ngumntu oyingqunyembe, umsila-sila, usithuBeni.

“UDing’indawo wayesel’ emcelile uZwelinzima ukuBa sigcinwe nguye isihlalo. Wayefuna ukufihla intloko, lungaziwa uluvo lwakhe.” (A. C. Jordan)

310. *Ukubetha entloko*

Ukukhohlisa; ukuqhatha.

“Wanga undinike nto naantso, kanti undibeth’entloko, akukho nto yanto apho.”

311. *Ukudibanisa iintloko*

Ukugqugula; ukubunga; ukuthetha-thethana.

"Kwacaca ukuBa amadoda amakhulu esizwe ma kakhe adibanise iintloko, ukuthi kuza kuthiwa ni na ngalo mcimbi."

312. *Intloko ethambileyo*

Kutshiwo kumntu ongqondo ikhawulezayo; umntu onobuchopho.

"Intloko yakhe ibithambile, yaye nengqondo yakhe igcina ngokungalilisiyo." (H. M. Ndawo)

313. *Intloko elukhuni*

Kutshiwo kumntu ongqondo ihamba kade. Ikwangumntu oneenkani.

"Lo mntwana akahambeli phambili ezifundweni zakhe, kucacile ukuBa intloko yakhe ilukhuni."

314. *Ukuzama ngentloko*

Ungayibona inkomo le ibuthisileyo xa izama ukuvuka, ufike se ifumana igweba ngentloko kodwa umzimba usaala. Kutshiwo kumntu ozama amalinge okwenza into, phofu kuBonakala ukuBa akanamandla ayo.

"Kumoyisile ukuBaphatha aaba bantu bakhe, sel'ezama ngentloko kungoku nje."

315. *Ukuhla entloko*

Ukuqubula; ukuthetha okanye ukwenza into ebingalindelwe.

"Ukususa ukuvula umlomo wathi, 'Kwo! mfo kaDumakude, uyindoda. Undihle entloko ke namhla nje'." (A. C. Jordan)

316. *Ukudumba intloko*

Ukufuna into kaBukhali, ngamandla; ukuyigulela, ukuthi phithi.

"Ithemba! Asinto ukuBa mnandi. Kodwa elokuvunywa yintombi oyidumbele intloko ngathi ligqithisile." (A. C. Jordan)

317. *Ukufaka intloko emntwini*

Ukuxhomekeka emntwini; ukuthembela kuye.

"Watsho wathi kuZwelinzima ma kazeke intombi kaKhalipha, ababonise aaba bantu ukuBa akafakanga ntloko kubo." (A. C. Jordan)

318. *Ukubekela entloko*

Ukukhulaba kweyona nto kungayo.

"Le ndoda ayilibazisanga ngokuwenza made, isuke yasel' ibekela entloko kulo mcimbi uphethweyo."

319. *Nga ngeenwele zentloko*

Inyambalala; into eninzi.

"Akukho lizwe lingenamigcofo nazizathu zalo. Ilizwe eli ke libe ligutyungelwe ziziyolo ezinga ngeenwele zentloko."
(H. M. Ndawo)

320. *Ukuba namanwele*

Ukoyika into ongayiboniyo, se usiva ngeenwele ezi ngathi ziza kuphuma zitake entloko.

"Ndithe ndingangenanga kuya phi entsunguzini apha, ahle andixelela amanwele ukuba akulambathi phakathi apha."
(S. E. K. Mqhayi)

321. *Sitjhone asivele nangonwele*

Uthi umntu omka nomlambo, kuBe kho ithemba lokuba angasinda xa aman' ukuvela ngentloko, se kuncanywa apho athe qumbu yabalala khona. Kuthethwa ukuba sengxakini yomsebenzi othile.

"Akukho ntw' imbi ngaphandle kokhul' olu lusibambileyo. Hayi ndithetha mna sitjhone asivele nangonwele." (A. C. Jordan)

322. *Ungazilah' iinwele zakho*

Uthi umntu akugqiba ukucheba iinwele zakhe azinchwabe okanye azitjhise, kuBa kuthiwa iintaka ziya kuzichola zaakhe ngazo iindlwane zazo, umntu ke woBa sisibanxa emva koko.

"Bathe bakugqiba ukucheba, unina wabangxolisa esithi ma bangazilahli iinwele zaBo, zocholwa ziintaka baBe zizibanxa."

323. *Indaba uyingene ngesihlwitha*

Kuthethwa ukuba le ndaba uyingene ngobunxhamo, engamenywanga. Isihlwitha ziinwele ezinde.

"Kuthe noko abanye be beyoyika le ndaba, wasuka yena wayingena ngesihlwitha, waba njalo wonisela wonke umntu obelapho."

324. *Ukuḅa yindleḅe yomntu*

Kukuphulaphulela umntu, uze uye kumbalisela ezo nto uzivileyo.

"Ndiva kakubi kukuḅa ndingayi kuphumelela ukuya kuloo ntlanganiso, se ndiya kuthuma wena ube yindleḅe yam."

325. *Ukulumana iindleḅe*

Ukugqugula; ukubunga.

"Yathi kusathe cwaka njalo yalumana indleḅe noyisekazi, yathi khwitfhi yemka." (A. C. Jordan)

326. *Ukudlana iindleḅe*

Yinto enye nesi saci: Ukulumana iindleḅe.

327. *Ukudlis' iindleḅe*

Kukuphulaphula ngenyameko.

"Bathe dungu abantu emva koku ukuya emizini yaḅo, bezidlisile iindleḅe zaḅo." (H. M. Ndawo)

328. *Ukuvala iindleḅe*

Ukungaphulaphuli ngokufaka iminwe ezindleḅeni.

"Uthe akuthetha enje nje esidlangalaleni, sanga singaval' iindleḅe zethu kukuḅa neentloni."

329. *Ukubaz' iindleḅe*

Ukuphulaphula; ukumamela ngenyameko.

"Abaphulaphuli bange bangema ngeenyawo, bethe cwaka se belufake amehlo undwendwe, bengaphanyazi, beḅaze iindleḅe zaḅo." (H. M. Ndawo)

330. *Ukubek' iindleḅe*

Ukuphulaphula ngenyameko.

"Ukutfho ndithi bekan' iindleḅe inkosi yenu namhla iza kuthetha umthetho omdala kulo mzi." (S. E. Mqhayi)

331. *Ukulala ngandletyana nye*

Kukugula.

"Ziindaba ezimbi ezo ukuḅa laa ngqele yamngena kakubi watfho walala ngandletyana nye."

332. *Iindleḅe zobetha-bethana*

Koḅa kho ukungeva kakuhle, nokungaqondani; loo nto ibangelwa zizinto ezininzi ezivakala ngaxeja nye.

"Ize zingabetha-bethani iindlebe mzi kaGcaleka, la maphakathi athethileyo akusingisa oku kuthetha kuBabini." (S. E. K. Mqhayi)

333. *Ubuso ngobuso*

Ukuya kujongana nomntu uthethe naye.

"Uthe kuBa kungekho bani unokumphumeza, amkhuphe kuloo ntsunguzi, walangazelela ukukhe aye kubonana naBo ubuso ngobuso." (H. M. Ndawo)

334. *Ubuso buwile*

Ukudara.

"Uphume kuloo ndlu ubuso buwile, kumhlophe ukuBa ubengxoliswa."

335. *Ukubamba izidlele*

Xa umntu amangaliswe yinto.

"Wathi uNobantu eswaqa yonke into yabe inkosi se iphelelwe ngamandla, phofu ihleli kwa kule ndlu, ifumane yaBambelela esidleleni." (A. C. Jordan)

336. *Ukuphatha emanyeni*

Ukuchukumisa into nokuba ngumntu kwindawo eyothi imenze umsindo.

"Bathe bakuthetha kakubi kangaka ngomhlobo wakhe, bathi kanti bamphathe emanyeni, wasel' ehamb' apha ngumsindo."

337. *Le nto isembonjeni*

Oko kukuthi le nto icacile, isemhlotsheni. Esi saci siya setyenziswa naxa kuthethwa ngento esuke yaangunonca, ingavumi ukwahlukana nomntu.

"Akungezikhathazi ngokuyityebisa kakhulu le ntetho yakho, noko ndicinga ukuba umcimbi lo usembonjeni kuthi sonke."

III. Amehlo, Iinkophe, Siyi, Mpumlo

338. *Ukudyoba ngentfongo emehlweni*

Kukukhohlisa. Loo mntu ukudyobayo ufuna ungaBoni, kunjalo nje uve iintlungu kukutshotshozelelwa.

"Ungamthembi kakhulu lowo, wothi kanti sel' ekugqibile ukukudyoba ngentfongo emehlweni, ngumkhohlisi omdala."

339. *Ilizwe limehlo*

Kukho amare emfazwe.

"Akunakulunga ngoku ukuBa umntu athabathe uhambo olude kangaka, kuBa naaku ilizwe se limehlo."

340. *Ukuva ngomnwe esweni*

Xa kuxhelwa nokuBa yigufa, kufakwa umnwe esweni ukuqondisisa ukuBa nene-nene ifile. Apha kuthethwa ukwenza into ude uqiniseke ukuBa uyigqibile, akukho nto iseleyo; ukucikida.

"KuBa kaloku engumntu omnyama kungaba ngenkankulu ukuBa azeke uNozihlele intombi yakomkhulu, nokuBa ude wavunywa uya kulotyoliswa ade eviwe ngomnwe esweni."
(A. C. Jordan)

341. *Uneliso ekwenzeni into*

Ulichule ekwenzeni into.

"Ungathi uye endlwini yakhe uBone izinto ezintle azenzileyo, uqonde ukuBa ngumfo oneliso ekwenzeni izinto."

342. *Amehlo akaBonelani*

Kuthethwa ukuBa abantu abayiboni into ngokufanayo, nje ngokuBa umntu unokuthi le nto intle, athi omnye imbi. Sisaci esisetyenziswa ikakhulu ekufaniseni abantu. Sithethwa nangolu hlobo: Amehlo akaphakelani.

"Asazi ukuBa uBone ni kule ntombi athe phithi yiyo, kuBa ke noko ayijongeki, kambe ke kuthiwa amehlo akaBonelani."

343. *Ukutya kwamehlo*

Nanto ni na ejongekayo neBukekayo.

"Abantu abeze kubukela, babese becela ukutya kwamehlo, besithi abazi ukuBa kulityaziselwa ni na, amehlo alambile."

344. *Iliso lisela*

Kuthethwa nokuBa akufunekanga ukuBa into ethile uyijonge, uya kuqabuka iliso se lilapho.

"Ndifone into enge ndingayibonanga kodwa ke iliso lisela, nam andinakuBa sayinceda loo nto."

345. *Ngamehlo abomvu*

Ukulindela into kabukhali; okanye ukuBonisa ukuBa nomsindo.

"Wabanjwa ngengalo nguVel'esazi ebomvu ngumsindo, wamjonga ngamehlo abomvu." (G. B. Sinxo)

346. *Ungavimba umntwan' akho esifa ngamehlo*

Kutshiwo xa kunconywa ubumnandi bento.

"Yinto eya kubetha ngonyovu olu ukuyola kwayo, into ongavimba umntwan' akho esifa ngamehlo." (T. B. Soga)

347. *Abanamehlo*

Abantu ababonayo; abaqaphela izinto ezenzekayo.

"NakwaBaca azama ngako konke anakho ukuba ingaqondwa eyona nto ayihambeleyo, nangona abanamehlo bayibonayo noko abathetha." (A. C. Jordan)

348. *Ngamehlo amnyama*

Kutshiwo xa umntu afuna into eyilangazelela ngamandla.

"Wayeyifuna ngamehlo amnyama loo ntombi, kunjalo nje ezimisele ukuba uya kuyitshata nokuba se kunjani na."

349. *Ukucela amehlo*

Kukwenza into kuba ufuna ukunconywa; ukudlisela.

"Yinkabi yehafe ebisithi yakuthi thu esiqhwini sabantu, yenze izimbo, inge icela amehlo."

350. *Ukufihla amehlo*

Ukungayijongi into kuba ingabukeleki, okanye imanyu-mnyezi.

"Waphuncula kweso sithuba ke, waya engasanyatheli enkwa-khweni. Wonke umntu wafihla amehlo ke ngoku." (A. C. Jordan)

351. *Ukwenza into yamehlo*

Ukwenza into entle; ukwenza into ebonakalayo.

"Amakhwenkwe aamaMpondomise enza into yamehlo xa alwayo, kuba alwa ngezikhali." (A. C. Jordan)

352. *Umhlahlo ngamehlo*

Umhlahlo yindi-bano yabantu ebizwe yinkosi, apho isanuse siya kuhlaba khona igqwira. Ke umntu onukiweyo ubonwa ngabantu bonke, kuthiwe ke umhlahlo ngamehlo.

"Wathi umntu naantso ke into yakho namhla, umhlahlo ngamehlo, umzi wasemaNantsini uza kutshatyalaliswa yinkosi ngenxa yokuthakatha."

353. *Ukungayisi-so into*

Ukungayikhathaleli; ukungayinanzi; ukubetha ngoyaba.
 "Iincwadi ezi zifikayo zona akaphendulanga nanye yazo,
 akayisa-so le ndawo ziyithethayo." (S. E. K. Mqhayi)

354. *Ukutyebisa iliso*

Ukubuka into.

"Yaba yileyo yamana ukuphosa ilizwana xa igqithayo, engasenzeli nkosi ngoku amadoda, iyileyo ityebisa elayo iliso."
 (A. C. Jordan)

355. *Ukubaza amehlo*

Kukusoloko ulindile; ukuqwalasela.

"Wabaza amehlo ke waya eqiniseka ngakumbi akuphawula
 ukuba amaxeja amaninzi uMphuthumi unento yokuya kubunga
 noThembeke eMzana." (A. C. Jordan)

356. *Ukuthwala amehlo*

Umntu othwele amehlo ngumntu othi nokuaba kuthethwa
 naye, angabonisi mbeko nantlonelo kulowo uthethayo. Ikwakukubonisa ixhala ngento.

"Kwakhiwa umhlonyane, wafuthwa, akwathwalelwa mehlo
 ukugula kwakhe." (Z. Futshane)

357. *Ukususa le isemehlweni*

Umntu olambileyo usuke angaboni nangamehlo. Ukususa
 le isemehlweni indlala kukufumana nokuaba yintwana encinane
 yokutya.

"Kungemzuzu ungakanani wabuya ejuqule amaquube,
 batya nonyana wakhe, yafumana yasuka le isemehlweni."
 (Z. Futshane)

358. *Ukubeka inkanga emehlweni*

Ukukhohlisa.

"Asimntu ndiya kuze ndimlibale lowo, ukuthi uya ndicebisa,
 kanti ugqibile ukundibeka inkanga emehlweni."

359. *Ukuxhoma amehlo*

Ukusinga-singa ngokulangazelelayo. Kutshiwo naku-
 mntu onkangeleko yoyikekayo, umntu ofuna ukulwa.

"Kodwa asiveli khona eYuropu, noko se siwaxhome kangaka
 amehlo khona, silindele usindiso eYuropu." (S. E. K. Mqhayi)

360. *Hlamban' amehlo*

Kutjhiwo xa kutshayelelelwa into entle, into efana nomtshato.

"Uvakele umfazi otshayelayo esithi, 'Hlamban' amehlo,' xa abatshati babenyathela inkundla."

361. *Ukungalela inkovu emehlweni*

Kukwenza into emntwini ukumbonisa ukuBa umdelile.

"Ndihlala ndibaBona abantu bedelela, hayi lowo wasuka wathi ndithetha naye wandigalela ngenkovu emehlweni."

362. *Ukubamba ngeenkophe*

Ukuyengezelisa iinyembezi, ngenxa yokuchukumiseka yinto eBanga intlungu okanye usizi; phofu azide ziwe iinyembezi ezo. Yintetho ebekiswa emadodeni kuuphela.

"Watsho wasinga kude uVukuz'umbethe, kuBa amehlo ayezele iinyembezi, sel' ezibambe ngeenkophe." (A. C. Jordan)

363. *Ukutyandela ngo fiyi*

Ukuthetha ngamehlo; ukucima iliso; ukuBetha iliso.

"Uthe ke, 'Suka, Khweza!' Utsho wamtyandela ngo fiyi ukuthi, 'Uz' ungabuyi.'" (Tiyi Soga)

364. *Ukufinga iint fiyi*

Kutjhiwo kumntu ozicingelayo, onekqatshi, kuthiwe unamathatha.

"Ungafika lowo efinge iint fiyi, enyuse nempumlo, ungazi ukuba yinto ni na le azidla kangaka ngayo."

365. *Ukubamba iint fiyi*

Ukungakhululeki enkangelekweni; ukungatyhileki.

"Sathi ke akusicothozisa, nangona sasibambe iint fiyi ukufika kwakhe, saya sinyibilika, sada samxelela izikhalo zomzi." (A. C. Jordan)

366. *Izinghu ezima fiyi*

Ngumntu onolunqhu olubalaseleyo, nama fiyi ajingayo; umntu onolunqhu olufana nolwemfene. Kukungatyhileki, nokuba nenkohlakalo.

"Ngumfo ozinqhu zima fiyi, othi nokuba umjongile ubone nje ukuba uzele yinkohlakalo ngaphakathi."

367. *Uluncu oluma fiyi*

Umntu ongathi ngumhlobo wakho kanti akanguye.

"Kube kho ukungqabalaza kwamaziko, namahlelo athile, waye nomFotshozo ophezulu usel' ukwaluluncu olumafiyi."
(S. E. K. Mqhayi)

368. *Ukuphuma ngempumlo*

Le ntetho isetyenziswa ukuncoma umntu othile othetha ulwimi oluthile kakuhle. Kuye kutshiwo nakumntu otye kakhulu, kuthiwe ukutya kude kwaphuma nangempumlo.

"Wakhumfa loo mini lo mfo, isiNgesi esi siphuma ngempumlo."

369. *Ukutsala ngempumlo*

Ukwenza omnye ukuBa enze nanto ni na ayixelelwayo, nokuBa akathandi.

"Nangona wayengenguye umntu okhohlakeleyo, wayethiwe nqo ngempumlo ngumfazi, emke mpela nothando." (G. B. Sinxo)

370. *Ukusa into phantsi kwempumlo*

Ukufumana into etyiwayo; ukutya.

"Kwangenwa endlwini yokutyela, apho intokazi yazibonakalisa ubuchule bayo ekuseni into phantsi kwempumlo."
(G. B. Sinxo)

371. *Ukunyusa impumlo*

UkuBonakalisa ikratji.

"Ngumntu ongafika enyuse impumlo, kambe ke ngumntu onekratji kakade."

372. *Ukuthwala impumlo*

Yinto enye nesi saci: Ukunyusa impumlo.

373. *Ukufinga impumlo*

UkuBonisa ukuBa into ethile ideliwe, iya cekiswa nokucekiswa.

"Be kusithi oko xa kuthethwa ngeli lizwe, ade umntu afige nempumlo, ubone ukuBa lingaba nevumba eli lizwe."
(S. E. K. Mqhayi)

374. *Ukuqho sa impumlo*

Ikwayinto enye nokuthi: Ukufinga impumlo.

375. *Ukuvuma umhloko*

Kukuvuma ngokungathi umntu uva ivumba.

"Simke singaqondanga nokuba lo mntu uvumile na kuba wayenesiko apha elibi lokuvuma umhloko."

376. *Ukuvuma ngempumlo*

Kukuvuma ungavumi.

"Uvume ngempumlo uPhike kwacaca kunina ukuba olo vumo lunento yalo." (J. J. R. Jolobe)

ISAHLUKO VII
UMZIMBA NAMALUNGU AWO

I. Isifuba, Mbambo, Khwapha, Ntamo, Mbilini, Dlele, Bindi

377. *Akanasifuba*

Umntu ongakwaziyo ukugcina ihlebo; umntu othanda ukuthetha.

"Izizalwane zaqumbelana, amagama akabulisana, yonke loo nto yayisenziwa kukuswela isifuba kwakhe." (G. B. Sinxo)

378. *Ukuthwala ilizwe ngesifuba*

Yintetho ebekiswa kumntu ongalukhathaleleyo uluvo lwabanye abantu, umntu ofuna ukwenza loo nto iqondwe nguye.

"Nje ngokuba ubekwe kule ndawo yewonga, akuyi kukulungela ukuba uthwale ilizwe ngesifuba, kuya kufuneka uliphulaphule ilizwi lalo mzi uwuphetheyo."

379. *Ukukhatywa yinciniba esifubeni*

Kutjhiwo kumntu othetha futhi, othi ngenxa yoko ade athethe nebe kungafunekanga ukuba ziviwe.

"Abakhatywe ziinciniba ezifubeni abazanga bayigufe into yokohlwaywa kukaNolifwa, kwathi kusisa yabe se isaziwa ngabaninzi." (H. M. Ndawo)

380. *Ukuzibetha esifubeni*

Kukubonakalisa ukothuka nokuxakwa yinto.

"Asibubo budoda ukulibala kukubetha isifuba nokuzisizela xa uxakwe yinto. Zama icebo lokuphuma kuloo ngxaki." (A. C. Jordan)

381. *Ukuthwala amanzi ngesifuba*

Uthi umntu oyintlambi ange amanzi la uwathwala ngesifuba nokuza umsinga se unamandla kangakanani na. Le ntetho ke ibekiswa kumntu onguzwi-lakhe, owoyiphikisa into nokuza se ithethwa luluntu lonke.

"Nawuphi na umntu osewongeni lokulawula, akumlungeli ukuba athwale amanzi ngesifuba, kuza kaloku akaphethe zilwanyana uphetha abantu."

382. *Ukuphatha ngeembambo*
 Ukukhumbula; into uyigcine entliziyweni; ukungalibali.
 "Le nto ndinifundisa yona kufuneka niyiphathe ngeembambo, kuBa ibaluleke kakhulu."
383. *Izele imi ngeembambo*
 Oko kukuthi izele ithe ntli.
 "Sithe sifika kuloo mgcoBo asafumana nendawo yokuma ngeenyawo, indlu leyo yayizele imi ngeembambo."
384. *Ukufaka igxalaba*
 Kukuncedisa entweni ngokusebenza.
 "Amadoda afake kakhulu igxalaba kulo msebenzi be ndinawo, sawugqiba singawuvanga."
385. *Ukufaka ekhwapheni*
 Ukufihla; ukusondeza.
 "UZanemvula nangona wayeliqaba wayelumkile, nasemabungeni akhe wayesoloko ewafake ekhwapheni amadoda anje ngooDabula." (A. C. Jordan)
386. *Ukuxhoma amakhwapha*
 Ukulungiselela ukulwa ngokuphakamisela phezulu iingalo.
 "Ngumfo ongafika exhome amakhwapha, ungazi ukuBa ngumntu owayethe ni na yedwa lo uthanda kangaka ukulwa."
387. *Ukuqinisa intamo*
 Kutshiwo kumntu oneenkani, umntu ojonge phambili ongafuni kujikwa entweni.
 "Asimntu ukuBa neenkani lowo, ungafika eqinise intamo lonke ixefa."
388. *Ukujingisa intamo*
 Kukudana.
 "Yabangxolisa inkosi, Bemka apho komkhulu bejingisa iintamo."
389. *Untamo inamafutha*
 Ngumntu onesisa; umntu ophayo, onesandla esikhululekileyo.
 "Akukho ndlela mbini xa kunje, ma siye phaya kwantamo inamafutha, uya kusinika ngesisa le nto siyifunayo."

390. *Ukuphila ngamathe entamo*

Kutshiwo kumntu ophila nzima, umntu olambayo.

"Sakwenza ukuBa amadoda lawo apheheyo ayifumane ngelo phanyazo imivuzo yawo, ekuBeni sel' enesiqingatha somnyaka ephila ngamathe entamo." (S. E. K. Mqhayi)

391. *Ukuhlaba amadlala*

EmaXhoseni inyama enamadlala ibingafunwa, ithi ke enawo imana iphecululwa elahlwa, kuBa kuthiwa umntu odla amadlala usoloko egodola. Esi saci ke sisetyenziswa xa kwintetho yomntu, okanye esimilweni sakhe kukho ndawo zithile zingathandekiyo nezingentle, zize ke ezo ndawo zihlalye kuBa aziBukeki.

"Kodwa yona inkosi yayinobulali, isoloko iwakhumbuza amadoda ukuBa ayinamava; ingavuya ukuBa angoyiki ukuyihlaba amadlala into eyithethayo." (A. C. Jordan)

392. *Ukukhetha amadlala*

Yinto enye nokuthi: Ukuhlaba amadlala.

393. *Ukucanda amadlala*

Ikwakukuthi: Ukuhlaba; Ukukhetha amadlala.

394. *Ukutyanda amadlala*

Sinye nezi zaci: Ukuhlaba; Ukukhetha; Ukucanda amadlala.

395. *Ukusa amacala phantsi*

Ukunqhenqha; ukulala.

"Kuthe se kusebusuku basiwa komnye umzi ukukhe baye kubeka phantsi amacala emizimba ediniweyo."

396. *Ukuzigoba amacala*

Ukuzincoma; ukuzibonga.

"Wakhawuleza uDing'indawo wayichitha intlanganiso, olwakhe uluvo lungaziwa libandla—lingazi ibandla ukuBa umka ezigoba amacala luvuyo." (A. C. Jordan)

397. *Ukungabi nambilini*

Kukungakwazi ukugcina ihleBo; ukuBa nguthetha-futhi.

"Uyihlalise kakubi ilali ngokungabi nambilini, ethetha izinto angazithunywanga."

398. *Unombilini omhle*

Ngumntu ozala abantwana abahle nabanempilo entle.
 "Asingabo nabantwana ukuba bahle, unina wabo unombilini omhle."

399. *Izibilini ziphezulu*

Le ntetho ibekiswa kumntu owothukileyo. Kuthi kwakuphela oko kothuka kuthiwe izibilini zithe gungxu.

"Umfo omkhulu wayemi yedwa ngokungathi akayinzanga yonke le nto yenziwa zezi ntombi. Kanti hayi izibilini ziphezulu." (A. C. Jordan)

400. *Ukuthi qhiphu umbilini*

Ukothuka; ukoyika.

"Wathi qhiphu umbilini akubona umntu abe engamlindele apho."

401. *Ukuqina umbilini*

Ukungoyiki; ukukhalipha.

"Wathi noko abonayo ukuba yingozi yodwa leyo, waqina umbilini, waya."

402. *Ukuthoba izibilini*

Ukuphelisa ukoyika, nokususa ixhala; ukuxola.

"Igama eli ulibonayo lakhe ma likwanelise, uthobe izibilini, ungaxhuneli nto yimbi onga ungayazi ngaphezulu." (H. M. Ndawo)

403. *Ukuba nombilini*

Kutshiwu kumntu ongahluthiyo, kude kuthiwe ngunxhova ayizali.

"Ngumfo onombilini lowo, uthi ukuba ukhe wayibamba ibekile yotywala kubonakale ukuba uya kuyifinca engaphefumlanga."

404. *Ukuthi khiphu uvalo*

Ukothuka.

"Wathiwa khiphu luvalo akumbona, kuza loo mntu wayemfanisa naye ngumntu owabuba kudala." (H. M. Ndawo)

405. *Ukujiywa luvalo*

Ukothuka.

"Wajiywa luvalo umntwana, wathi nangona azama ukuzifihla waqonda umphathikazi, kuba wayesel' enethuba egcina lo mthinjana." (A. C. Jordan)

406. *Ukuba novalo*

Ukoyika.

"Wabuya wangena endlwini, wazama ukuqweba ubuthongo. Kodwa kanga ngovalo awayenalo abuzange buhle ubuthongo." (A. C. Jordan)

407. *Ukuba maphika*

Ukukhefuzela; ukuhambela phezulu.

"Wathi akusithela wazibeleva iinyawo egoduka wafika emaphikana kokwabo." (H. M. Ndawo)

408. *Ukubeka iphika*

Ukuphumla.

"Kahle ntombazana, kha ubek' iphika. Lo msebenzi singene kuwo ngoku unzima, ndaye ke ndingekaqondi nto kakuhle." (B. A. Bangeni)

409. *Ukuba nephaphu*

Kutshiwo kumntu oligwala, iphaku-phaku; ukoyika.

"Ewe nditshilo, ndandinalo iphaphu, kodwa kwaamhlophe ukuba ma ndingalivumeli ukuze ndilungelwe, ndalungelwa okunene." (S. Mqhayi)

410. *Ukuba nesibindi*

Ukukhalipha; ukungoyiki.

"Ndi bona ukuba amadoda aya kunyolana namhla nje. Ngoko ke ndifun' ukuya ndiyindoda, ndinesibindi." (B. A. Bangeni)

411. *Ukungabi nasibindi*

Ukoyika; ukuba ligwala.

"Uthe noko afuna ukukhe azitsholololo kule ntombi, wasuka akabi nasibindi, kuba le ntombi ibinika impendulo engenangqithela phambili."

412. Ukuqina isibindi

Ukungoyiki.

"Hayi mntwan'am funda ukungaphakuzeli uyindoda. Sel' ubone iinto ezinkulu kulo mzi wasemaMpondomiseni. Funda ukuqina isibindi." (A. C. Jordan) -

413. Amatfha-ntliziyo

Abantwana abanxhamayo; amakhalipha.

"Afumana ajobalaza nje odwa amatfha-ntliziyo, kungekho mthetho wakomkhulu ubafunzayo." (S. E. K. Mqhayi)

414. Guga mzimba sala ntliziyo

Umfho umntu osel' ephelwe ngamandla omzimba, abe esalangazelela ukunga angenza izinto ezenziwa ngabantu abasenamandla obutfha. Kambe ke kakade umzimba wona ungaphela, ibe yona intliziyo isenamafhamba.

"Uthe akubona ulutfha ludlala waviwa sel' esithi, kwowu, guga mzimba sala ntliziyo, kuthi nam ma ndingene phakathi."

II. Izandla, Ngalo, umKhono, Umnwe, Uzipho**415. Ukuthwala izandla**

Kukukhala esikrakra; ukwenza isijwili.

"Kuthe kodwa kwesi sithuba ababa nakuthi ni, basuka bathwala izandla entloko, bawujika-jika umzi ngesikhalo nesijwili." (S. E. K. Mqhayi)

416. Ukuphuma izandla

Le ntetho isetyenziswa ukuncoma into entle; okanye umntu oya ebeka phambili entweni.

"Uthe emva kokugula wabuya waanesiqu, waamhle, waba yinzwakazi ephume izandla." (G. B. Sinxo)

417. Ukubetha ngomva wesandla

Ukubetha umntu ngomva wesandla kubonisa indelo nokungamkhathaleli loo mntu. Umbetha ungamjonganga nokumjonga, kuba engazi kuziphindezela.

"Uthe ngenxa yomsindo nangenxa yokuba emdelile, wasuka wambetha ngomva wesandla, wamfiya apho."

418. Ukuphathela ezandleni

Kukungamphi thuḁa umntu.

“Kukho mfana apha iminyaka mithathu esiphethele ezandleni, esithi ufuna ubukhulu, phofu ezelwe esisinci.” (S. E. K. Mqhayi)

419. Ukubeka izandla

Ukuzaliswa kwaḁaFundisi.

“Yenye yeenkonzo endingenakuyiphosa leyo yokubekwa kwezandla kuḁaFundisi.”

420. Isandla sam siya baba

Kuthiwa xa umntu aḁawuzelwa sisandla, kuxa aza kuḁulisa umntu wasemzini.

“Sisoloko isandla sam siḁaḁa okoko kusile, andilwazi olu ndwendwe luza kundifikela.”

421. Isandla esibandayo

Kuthethwa umntu ovimbayo. Ophayo yena kuthiwa unesandla esifufu.

“Bemke kuloo mzi bencoma ukuḁanda kwesandla somnikazi-mzi, ngokumana elandula ukudla bekuḁona.”

422. Ukucela izandla

Ukufuna uncedo kwaḁanye aḁantu; ukucela izipho.

“Ndihamba ndicela izandla ngenxa yomtḁhato lo ndiza kuḁa nawo.”

423. Ukughwaba izandla

Bathi aḁafazi xa ḁamangaliswe yinto uve ngokukhuza nokuqhwaba izandla. Ikwayindlela yokuncoma nokukhuthaza lowo wenze into kakuhle.

“Wathi aḁuza kuphuma phambili elugqatsweni, yavakala intswahla nokuqhwatywa kwezandla ngaḁaḁukeli.”

424. Ukufaka izandla

Ukufaka izandla kukuncedisa ngokusebenza nangezipho.

“NgomVulo zawa iinkabi zeenkomo izihloḁo zakwaDlomo zafaka izandla kwa kunye nabakhwenyana.” (H. M. Ndawo)

425. *Ukuphatha intloko ngezandla*

Kutshiwo kumntu obuphambana, nomntu owenza izinto ngobunxhamo.

"Ezi zinto azenzayo khona ngoku zisuke zasixaka, intloko le yakhe uyiphethe ngezandla."

426. *Ukupha izandla*

Kukuncedisa ngokusebenza nangezipo.

"Ndiya babulela bonke abantu abathe bandipha izandla kulo msebenzi mkhulu be ndinawo."

427. *Ukuwelwa ngumqa esandleni*

Kumntu obe nethamsanqa ngokufumana into abengayifanele, okanye into engamfaneleyo.

"Oyena mhlobo wakhe yayingunina kaNongendi ngokokude into eninzi yabantu ibe nomona, icinge okokuaba uNongendi uza kuwelwa ngumqa esandleni." (G. B. Sinxo)

428. *Ukuhlamba izandla*

Utfho umntu xa ayincamileyo into, okanye xa azimisele ukungaphindi ayingene.

"Ke mna ndiya zihlamba izandla kulo mcimbi, kuaba ndiya bona ukuaba uza kuphuma apho be singajonge khona."

429. *Umntu ophathayo*

Ngumntu othakathayo.

"Ungaqheli kakhulu kuloo mzi, kukho amaqe okokuaba umfazi wakhona uya phatha."

430. *Umntu ophethweyo*

Ngumntu ophambeneyo. Umntu obulawayo ngokuthakatha.

"Ndambona ngolunye usuku efika esikolweni phaya engemhle, ngathi yayingumntu ophethweyo." (H. M. Ndawo)

431. *Uphuncuka bemphethe*

Ngumntu ompunyu-mpunyu, ongangenwayo nayimithi.

"Bathe besithi bamgqibile, hayi wasinda ngendlela engaziwayo, kuba kaloku nguphuncuka bemphethe."

432. *Into ephathekayo*

Into ebonakalayo nevakalayo.

"Inkosi yazimisela ukunyamezela ibalindele kuBa Baza kubuya nento ephathekayo phaya kuJenca." (A. C. Jordan)

433. *Ukuphatha imbengwane*

Ukungamphi thuba umntu ukuBa enze into.

"Ndithetha mna lo mfo undiphethe imbengwane ngesikweliti sakhe, akandiphi neli lokuphefumla."

434. *Ukutsha ngamaqulo*

Iqulo ke liphethelo. YinguBo egquma esi sandla sasekhohlo sibambe intonga yokuvika xa kuliwa ngeentonga. Kuthethwa ukunxhamela ukwenza into.

"Lithe lakutsho elo lizwi lasabeleka, kuBa amadoda ayesel' esitsha ngamaqulo kakade." (S. E. K. Mqhayi)

435. *Ukunyuka nengalo*

Le ntetho ivele ekuBeni uthi ububulisa umntu ngesandla asuke angabi sakuyeka, akubambe ngengalo. Ithetha ukungahlukani nomntu.

"Lo mcimbi undizela nawo mkhulu. Ke kaloku se ndinyuka nengalo kuwe, ukuBa siwusingathe sobabini." (A. C. Jordan)

436. *Ingalo engaphantsi*

Ubuqhinga; iyelenqe.

"UkuBa ndikhe ndafumana ingalo engaphantsi kulo mthetho uwukhuphayo ngezithunywa, ndiya kunixhoma kuwo lo mthi." (S. E. K. Mqhayi)

437. *UkuBa nesikhono*

UkuBa lichule ekwenzeni into.

"Umsengi wakomkhulu ngumntu ohloniphekileyo nothenjiweyo, kwaye ikwangumntu onesikhono, kuBa uphatha ukutya komntu omkhulu."

438. *Ukungena ngemikhono nesiphanga emcimbini*

Kuthethwa ukuBa ungene wonke kulo mcimbi, kwaye kunzima ukuBa angabuya azikhuphe.

"Uthe kuBa enguzwi-lakhe wasuka wangena ngemikhono nesiphanga kuloo nto, kodwa ngoku ngathi kunzima."

439. *Isihlaahla sento*

Into ephathekayo; into onokuɓambelela kuyo.

"Lityala elingabanga nasihlaahla santo, kwaɓonakala ukuthi ma lichithwe."

440. *Uneminwe emide*

Ngumntu olisela.

"Akungejiji nto kufuphi nalowo, wofika se ithe nya, uneminwe emide."

441. *Ukuɓotshwa umnwe*

Be kusithi kudala ezinkundleni xa kuthethwa ityala, ukuɓa kukho umntu ongafuniyo ukuthetha, kuthatyathwe usinga lwenkomo, kuɓotshwe umnwe, kuqiniswe lunge luya ngena apha enyameni. Lowo mntu uya kuthetha konke. Le ntetho ke ibekiswa kumntu omana ukutwela, epholoza yonke into.

"Lipholopholo lento ethetha ingayeki, ngokungathi iɓotshwe umnwe."

442. *Ukungumla umnwe*

Uts'ho umntu xa azimisele ukuɓa into ethile akasayi kuyenza.

"Ungandinqumla umnwe ukuɓa ndingaze ndikuxelele le nto ndiyive ithethwa ngawe."

443. *Ukubeka umnwe*

Ukuɓonisa ukuɓa into ibalulekile; ukugxininisa entweni.

"Kwesi siqendu be nisifunda, ndiza kunixelela iindawo ekufuneka nibeke kuzo umnwe, kuɓa zibalulekile."

444. *Ukuɓa nezinwe*

Kukuɓa lichule ekwenzeni izinto ngezandla.

"Ungathi xa ubukele amakhwenkwe alusileyo, ufike kuɓafo abanezinwe ɓakuphatha udongwe."

445. *Ukutshaya izithupha*

Ukwenza into ngokuzimiseleyo; ukufunga; ukulandula. Ikwakukumunc' iintupha.

"Lathi xa liqalayo ukuncuma ixhego liba loyisile walandula uThembeka watshaya izithupha, esithi akanayo nentwana encinane yothando." (A. C. Jordan)

446. Ukuva ngozipho

Uthi umfazi womXhosa xa afuna ukuqonda ukuβα ithanga linxa yiphi na, alicofe ngozipho, kuthi ukuβα aliphumi ncindi azi ukuβα lilungile, angaliqhawula emlibeni walo. Apha ke kuthethwa ukuqondisisa ukuβα izinto zimi luhlobo luni na, zilungile na nokuβα hayi.

“Kodwa wada wagqiba kwelokuβα ahambe nazo, kodwa aqale ngokumva ngozipho uDing’indawo, adc aqonde ukuβα uphulwaphulwa kangakanani na likomkhulu.” (A. C. Jordan)

447. Ukuhlala ezinzit sheni

Kuxa kuthethwa ngomntu ongqondo ikhawulezayo, ongathi akacingi naxa abuzwa into, ihleli ingathi impendulo isencamini yolwimi.

“Ngumntu ongqondo ikhawulezayo lowo, iimpendulo kuye zihlala ezinzitsheni.”

448. Phakathi kwenyama nozipho

Ukuβα semngciphekweni, phakathi kokufa nokuphila.

“Umkhuhlane waya ubeka phambili, isigulana sangenwa kukubuda, kwacaca ukuβα ubomi baso buphakathi kwenyama nozipho.”

III. Umqolo, Isisu, Ithumbu, Isinqe, Idololo**449. Wakhanyela walala ngomqolo**

Kukukhanyela uqikileke, ungaβuyi mva.

“Ukuza namanqhina apho akuncedanga nto, kuβα yena wathi roqo wakhanyela walala ngomqolo.”

450. Ukwenza ngomqolo wakhe wonke

Ukwenza ngentliziyo yakhe yonke, ngokupheleleyo.

“Athi ke ngoku amaMfengu akuβα efunyenwe ukuβα angakumfo omhlophe ngomqolo wawo wonke, abekwa emdeni ophakathi kwamagwangqa namaXhosa.” (S. E. K. Mqhayi)

451. Wazibek’ eqolo

Yinto enye nokuthi: Ukuzibeleva iinyawo.

452. Phakathi komhlana nembeleko

Ungalubona usana olubelekiweyo ukonwaba kwalo, ludlala luhleka, lusithi ni, lude lulale. Kutshiwo kumntu onge-

nazingxaki, umntu ozonwabeleyo, esitya amaqhosa cebatyi zakhe.

"Saphambukela kumzi esabona sisekude ukuBa umfo lo ufumile, ngenene uphakathi komhlana nembeleko."

453. *Yaqhawuka imbeleko*

Kuthethwa ukuBa buphelile obo buhlobo be buphakathi kwabo. Kakade ke ukuqhawuka kwembeleko ingaba kukwenzakala kwaloo mntwana ubebelekiwe.

"Asingetsho ukuthi kuthe ni na, kodwa kucacile ukuBa abasaginyani aabo bobabini, iqhawukile imbeleko apho iqhawuke khona."

454. *Ukugob' umnqonqo*

Ukudana; ukuthi khuluBembe; ukuthi nxokotho.

"Wada ngelikade wazigqiba, waziqokelela ngokuzola, wazifumba, wagoba umnqonqo, wabambelela ebunzi, wacinga, wacinga, wacinga." (A. C. Jordan)

455. *Ukwaphuk' umnqonqo*

Ikwayinto enye nokuthi: Ukugob' umnqonqo.

456. *Ukuthob' umnqonqo*

Yinto enye nezi zaci: Ukugob' umnqonqo; Ukwaphuk' umnqonqo.

457. *Watsho saabomvu (isisu)*

Ngumntu otye satsho isisu sathi mpu; kude kuthiwe saalugaga.

"Asibobubele kumfazi waloo mzi, sitsho izisu zethu zaabomvu kukuhlutha."

458. *Ukufa kusesiswini*

Inkathazo ekhoyo inxulumene nomntwana wakho, oko kukuthi ikufuphi kakhulu kuwe, ikuwe.

"Uthe nangona engumfo olukhuni, waxakwa namhla akubona unyana wakhe ekule ntloni, baphela ubungwanyalala, kuBa ukufa kusesiswini."

459. *Sisu sigab' amasi, soda sigab' amanzi*

Amasi la abekukutya kwamaXhosa, uBe esithi nomntu ogulayo anikwe wona. UkuBa loo masi akahlali esiswini se

kusaziwa ukuthi loo mntu akakude ekufeni, kuBa namanzi akayi kuhlala, iBe ke amanzi yinto yokugqibela alingwa ngayo umntu ogulayo.

"Sithe sakufika saxelelwa ukuBa umntu uphantsi uBambekile, nesisu ebe sigab' amasi, se sigab' amanzi."

460. *Ulwantwentwe ngesisu, unchathu ngenikhono*

Kutshiwo kumntu olivila, umntu othanda ukutya kodwa ehamba kade emsebenzini.

"Hayi lowo simncamile, ululwantwentwe ngesisu, kodwa unchathu ngenikhono, into efuna ukutya kodwa ingasebenzi."

461. *Ubodl' esambesa*

Yintetho ebekiswa kumntu ongathi ulungile ngomphandle, kanti uqulethe uBuBi nenkohlakalo nokunchola.

"Ngumfo obodl' esambesa lowo, kufuneka umndwebele xa udiBene naye, kuBa angakwenzakalisa ngenkohliso yakhe."

462. *Kwatshona nenkaba*

Kutshiwo kumntu othi xa axoxayo, athethe kuthi gongqo inkaba.

"Wathi noko se kumhlophe ukuBa nguye yedwa omele eli cala, wema waba umi, wacikoza kwada kwatshona nenkaba."

463. *Ukusika emathunjini*

Ukuvela omnye umntu usizi, okanye uBuhlungu.

"Le nto imbi kangaka ihle lo mfana itsho kwasika kum emathunjini yanga yenzeke kum."

464. *Kwabanda emathunjini*

Utsho umntu owothuswe yinto. Yinto enye nokuBanda umxhelo.

"Sothuswe sisikhalo somfazi, esitsho kwabanda ezantsi emathunjini."

465. *Ukusimbela isinqe*

UkuBaleka ngamandla; ukugqotsa.

"Ngesizathu endingasaziyo ndive ngelawu se lingathi lihla entungo, liBaleka lisimbela isinqe." (S. E. K. Mqhayi)

466. Into ef' amanqe

Nasiphi na isilo esife amazantsi la asisenamsebenzi, kuβa singenakho ukuzivukela nokuma. Esi saci sivele apho; yinto engento, engenasihlaahla sayo, nantsingiselo kuyo; into engenamsebenzi.

"Amvungamela onke amadoda ngokuchitha ixefa lawo ngokusuka abe ethetha into ef' amanqe."

467. Ukubalela edolweni

Kuthethwa ukukhohlisa, nangona kungaqondakali ukuβa sizekelwe phi na. Kuthiwa ma kuβe yintetho yasesikolweni, athi umfana eβona intombi, abe sel' ebala iphetshana, ebalela edolweni, ebeka idinga, phofu engekho ntweni.

"Hayi ke kambe nabafana, iinto ezithi ziqala nje ukudibana neentombi emitshatweni ziβe se zithembisa, phofu kucacile ukuβa zibalela nje edolweni."

468. Lo mcimbi se udlule amadolo

.Le nto se igabadele.

"Ndifona ukuthi lo mcimbi se udlule amadolo, awusasilingene thina se ufuna inkosi ngokwayo."

469 Ukuthambisa amadolo

Ukuwafaka amafutha, ukwenzela ukuβa akwazi ukuβaleka ngamandla.

"Abahambi bathambise amadolo, βadabalala entla kobuhlanti, beyindlela ukuβuyela kwa semva." (H. M. Ndawo)

470. Amadolo abethana

Ukutyhafa; ukuβa nengevane.

"Ithe kuβa abantu aaba abasenamitsi, wakhawuleza wabafumana, waza wabaguqula bewile, amadolo abethana, bethe dedelele." (H. M. Ndawo)

471. Amadolo anzima

Ukutyhafa, kutsho kuβe nzima nokuhamba.

"Wathi akuma phambi kwayo wafumana waziva emadol' anzima, wema wacinga." (A. C. Jordan)

472. Ukuthamba amadolo

Ukutyhafa; ukugevezela amadolo.

"Wathamba amadolo, wagibiseleka phantsi. Wathwalwa ukujenxiswa apho." (A. C. Jordan)

473. Umtha wedolo

Esi saci sizekelwe ekuḅeni umntu esithi noḅeyimbaleki enjani, mhla ahliwe ngumtha wedolo, aḱiywe nazizinyhola neziqhuza. Sisetyenziswa ngulowo uxakwe yindawo emxakileyo.

"Mna ke se ndinomtha wedolo. Kha wenz' umqela mfo kaThomalele, ungekade uḅe nomkhinkqi." (A. C. Jordan)

474. Lenyele idolo lenkonyana

Kuḅe kho ukudana okukhulu.

"Kuthe kwakuvakala ukuḅa akutfhatwanga ecaweni, lasuka lenyela idolo lenkonyana, abantu ḅajingisa iintloko, kwanga kusemchwabeni."

475. Ukuwa ngendololwane

Ukuguqa phantsi umntu athandaze.

"Iyeza linye ngoku lelokuḅa siwe ngendololwane, sizibike eXhegweni."

IV. Umlenze, Xhongo, Iinyawo, Isithende, Ubontsi**476. Umi ngomlenze omnye ehlathini**

Akavumi ukude avele ngokupheleleyo, axele konke akwaziyo, okanye icala angakulo. Kukuḅa ngusithuḅeni.

"Ma kungathenjelwa kakhulu kuye, kuḅa umi ngomlenze omnye ehlathini, akavumi ukulukhupha uluvo lwakhe."

477. Koda kufike abahamba ngamlenzana mnye

Abahamba ngamlenzana mnye ke ngaḅo bahamba ḅenqhiba ukutya; iindwayinge. Kutshiwo ukukhawulezisa abantu abaphethe ukutya.

"Koda kufike nabahamba ngamlenzana mnye. Ngoko ke ndingathi injoli ma isiphakele, siteye nje ngesiko." (B. A. Bangeni)

478. Ukuma ngomlenze omnye

Ukuphelelisela onke amandla akho ekwenzeni into. Enye into ethethwa apha kuxa umntu sel' esemngciphekweni wokulahlekelwa yinto, okanye ukugxothwa; ukawiswa. Akukho kugxininisa kumntu omi ngomlenze omnye.

"Asothukanga sakuva ukuḅa ugxothiwe emseḅenzini, uḅesel' emi ngomlenze omnye kakade."

479. *Ukucela kooxhongo*

Ukuḅaleka; ukugqotsa; ukugijima ngamandla.

"Ndifumene nam ukuḅa icebo linye qha kulapha nje lelokuḅa ndicele kooxhongo." (S. E. K. Mqhayi)

480. *Ukuhamba ngeziqula*

Kutshiwo kumntu owomeleleyo, isiganyonyo somfo.

"Akungetsho ukuḅa uwagqibile amafumi asiixhenxe eminyaka, ngumfo osahamba ngeziqula."

481. *Ukuqafa izitho*

Kukuthi kuḅazali bentombi, uphelelwe ziinkomo, ma ḅakwenze kuhle ḅakunike umfazi, wobuya uḅahambe ngezitho zakho, uye kuḅafunela iinkomo zokulifeza ikhazi elo. Kutshiwo kumntu ongenazinto zakhe.

"Siya siyiselwa isityeḅi ngumfo osaqafwe izitho, ongenayo neyokulandula inkomo." (S. E. K. Mqhayi)

482. *Ukuthambisa iintungo*

Kukuthi ihlwempu liboleke isityeḅi inkomo yalo inye, linethemba lokuḅa lofumana isipani sonke ngenye imini.

"Inkomana eḅe ndinayo ndiyiḅoleke esaa sityeḅi sisesapha, kaloku wena ngokwenje njalo andiyilahli, ndithambisa iintungo."

483. *Unyawo lwambeth' indlela*

Umntu osoloko ehamba; umntu ongahlaliyo ekhayeni lakhe.

"Iititshala ngooNyawo lwambethe indlela, zingabahloḅo ḅaḅo bonke aaba bantu, kuthi khona kwiimistress." (H. M. Ndawo)

484. *Kwamasongwa-nyawana*

Enchwabeni. Sizekelwe kwindlela umntu asongwa ngayo xa anchwatywayo.

"Uthe akuḅuzwa ukuḅa akanabantwana na, waphendula nge-lithi bonke ḅakwamasongwa-nyawana."

485. *Ngeenyawo ezinkulu*

Ukusukela phezulu ekwenzeni into ngaphambi kokuqiqa isiphumo sayo; ukuyinxhamela into.

"Le nto ḅayisukele ngeenyawo ezinkulu, kanti kothi kuphakathi iḅuye iḅaxake."

486. *Ngeenyawo ezinentsente*
Yinto enye nokuthi: Ngeenyawo ezinkulu.
487. *Ngeenyawo ezimdaka*
Sisaci esinye nezi: Ngeenyawo ezinkulu; Ngeenyawo ezinentsente.
488. *Ukuva ezinyaweni*
Kuthethwa ukuhamba.
"Bathe besakuva ukuBa abahoywanga kulo mzi, basuka beva ezinyaweni."
489. *Ukumisa iinyawo*
Ukugxininisa entweni; ukungajika-jiki.
"Ke kaloku asibanga nandawo yakubambelela nakumisa nyawo, kuBa into iBa nto ngokuzckelwa kwenye." (S. E. K. Mqhayi)
490. *Siphantsi kweenyawo zakho*
Oko kukuthi siya zinikela kuwe, singabakhonzi bakho; okanye kukuthi asilwi, singoondilele.
"Ameva luhlanga lwakwaluhlanga! Mna jangqela lenu ndiphantsi kweenyawo zenu." (S. E. K. Mqhayi)
491. *Ukunyathela ngeenyawo*
UkungayibaBazi into, ukusuka iBe yinto elityelweyo; ukudela.
"Indoda ekhupha iinkomo ize yazi ukuBa iwunyathele ngeenyawo umyolelo kaZanemvula." (A. C. Jordan)
492. *Oonyawo-ntle*
Kubekiswa kuBaFundisi nabaSumayeli beenDaba ezilungileyo.
"Sinethemba lokuBa sokha sifumane ithontsi lemvula emva kolu tyelelo looNyawo-ntle."
493. *Nyawo zam noze nithi nakha nandinceda phi na?*
Kutjho umntu obalekayo, ethetha neenyawo zakhe, ukuBa zikhe zinge zibaleka ngaphezu koko zenzayo.
"O! Nyawo zam, nothi nakha nandisebenzela nto ni na kulo mhlaBa kaMdingi?" (H. M. Ndawo)

494. *Ukubeleka iinyawo*

Ukubaleka ngamandla; ukugqotsa.

"Ndithe ndakulalama iřamncō ndaphethuka, ndazibeleka iinyawo, izithende zathanda ukuza kuchukumisa ikhosi ngasemva." (H. M. Ndawo)

495. *Ukuthath' unyawo*

Ukuya ubeka phambili ekwenzeni into, okanye embonakalweni.

"Ubuye esikolweni bemncoma ukuġa mhle, besithi uthathe unyawo."

496. *Ukungena ngazo zombini iinyawo*

Kuthethwa ukuyingena into ngokupheleleyo, nje ngoko ukhe ubone umntu exovula udaka ngeenyawo zombini.

"Abahambi aaba bangene ngazo zombini iinyawo, abacezela namnye umgcoġo." (H. M. Ndawo)

497. *Ukuġa nonyawo*

Kutřhiwo kumntu othanda ukuhamba, kude kuthiwe unonyawo oluřawuzelayo.

"Andimazi lo mntwana usuke waanonyawo kangaka, yinqaba ukuġa ungaze umfumane esekhaya."

498. *Ukuma ngeenyawo*

Yinto ebingathi ilele, isuke ithi vumbululu.

"Lo gama abathunywa abaya bangekhoyo, lisele lema ngeenyawo ityala ngasemva." (S. E. K. Mqhayi)

499. *Ukuhlanjwa iinyawo*

Undwendwe luya xhelelwa ukuġonisa ukuġa lwamkelekile. Kukuhanjwa iinyawo ke oko.

"Ngengomso bahlanjwe iinyawo, isizenzo sokuqala ke eso sokuhlonela ubukhosi abavela kuġo, nokuqhuġa isiko elidala lemvelo." (H. M. Ndawo)

500. *Ukubabeleka abasicatyana*

Kukuġaleka. Yinto enye nokuthi: Ukucela kooxhongo.

501. *Ukucela kwabanentsente*

Esi saci siya fana nezi: Ukucela kooxhongo; kwaġasicatyana.

502. *Into enebatha*

Yinto egoso, engathanga tye; into enento eyigufileyo kuyo.
 "Yathi nentetho yembongi yathanda ukuBa nebatha namhla nje." (A. C. Jordan)

503. *Inkwali yambesa*

Ukunyhwalaza; ukukhohlisa. Kutshiwo nokuthi: Inkwalambesi; inkwalambisa.

"Ewe uyenzile yona inkwalambisa yokuxela ingozi yokutshela komntu omnye endlwini." (Z. Futsihane)

504. *Ukubuya izithende*

Ukuphinda umva.

"Kuphi na apho amadoda akha aqhuba abafazi nabantwana ngamadolo ukuya kuhlola ilizwe, ze wona abuye izithende?" (H. M. Ndawo)

505. *Ukudla izithende*

Ukuhleba. Ikwayinto enye nokuthi: Ukusika iimpundu.

"UDing'indawo esenza ubunyoka emdla izithende nje uZwelinzima, yena uVukuz'umbethe wayengafuni nto ingenayo phakathi kwabo." (A. C. Jordan)

506. *Ukusika izithende*

Yinto enye nokuthi: Ukudla izithende.

507. *Umathatha ngozwane*

Inkunkqele yesela. Yiyo le nto kuthiwa: Uyinyathele.

"Asilosela elo ngumathatha ngozwane, unga uyigilile nje into, kanti umke nayo."

508. *Ukukhanyela ume ngobontsi*

Kukukhanyela ungaBuyi mva.

"Enye into uVel'esazi wayekhanyela ame ngobontsi xa abuzwa ukuBa wakha waya na eBawutini." (G. B. Sinxo)

509. *Ukusithwa ngubontsi*

Kukukhohliseka ngokulula; ukuva amantyontyelo.

"Uze unge nje wena uya mncoma, umbonge, uya kukuphula-phula kule nto, ngumfo osithwa nangubontsi lowo."

510. *Ukunyathela ngoobontsi*

Kukulungela ukulwa.

"Impi kaDing'indawo yayise inyathela ngoobontsi ke ngoku, kuBa yayisazi ukuBa kukho into eza kwenzeka ngoBo busuku." (A. C. Jordan)

ISAHLUKO VIII
IMITHI NEMIFUNO

I. Ihlathi, Ukhuni, Igoqo, Ukutheza, Amafande

511. *Ukukhut shwa ehlathini*

Le yinkonzo yokhuzo eyenziwa yinkosi emva komnyaka umnini-mzi wafayo. Kukuza kuvelana naabo bantu, noku-bayaleza kulowo uza kuBa yintloko; nokuBa baBe nakho ukuhamba phakathi kwaBanye abantu, nabo baHanjelwe.

“Akuhlanga lungehliyo, namhla ma kuBe hele, niphume ehlathini; kwakunje kwa kwaBadala, kusaya kuBa nje nakwa-Bezayo.” (S. E. Mqhayi)

512. *Ungakhwazi ungekaphumi ehlathini*

Ungaqali uthakazele ungekaqiniseki yimpumelelo yakho.

“Bamyala ukuBa angakhwazi engekaphumi ehlathini, hleze kuthi kanti eyona nto inzima akakayiqabelisi.”

513. *Amahlathi aphelile*

Umntu udulile; ihleBo livelile.

“Kude kuthi xa kuBuziwe ligqira elo kulowo uthakathayo, ukuBa ma kaphike, asuke naye aphelelwe ngamahlathi, avume, kuBa eqonda ukuBa ubaqiwe.” (B. A. Bangeni)

514. *Ayigawulwa hlathini linye*

Esi saci sithethwa kumntu ocinga ukuBa nguye yedwa okwaziyo ukwenza into ethile, kanti loo nto yenziwa ngomnye naBanye bangayenza.

“Nje ngokuBa kucacile nje ukuBa akuzimisele ukuligcina izwi lakho, hlal’ usazi ukuBa ayigawulwa hlathini linye, nomnye akayi kuligcina elakhe.”

515. *Awumbiwa hlathini linye*

Loze litsho igqira; lithetha ukuBa loo nto yenziwa ngomnye, nomnye angayenza.

“Nindiphatha kakuBi nje nam ndiya kwenje njalo kuni, kuBa umthi lo awumbiwa hlathini linye.”

516. *Isikhuni sibuya nomkhwezeli*

Kukuthi umgiḃe oḃe uwuḃekele omnye, ujike ubabise kwa wena.

"Umgiḃe owawundilumkise ngawo undibambile, okunene isikhuni sibuye nomkhwezeli."

517. *Ukunqumlela egoqweni*

Kukuthi yonke into esondela kuwe uyirwaphilizele kuwe.

"Uḃengumfo ondwetyelwe kakhulu, kuḃa yonke impahla ehambayo ekhe yaya kudlula ngasemzini wakhe, ubeyinqumlela egoqweni."

518. *Ma kalutheze alothe*

Umntu owenze into ma kazithwale iziqhamo zayo.

"Wayeyalwe kakhulu ngokuzeka laa ntombi, ngoku kuthiwa, nje ngokuḃa eluthezile ma kalothe."

519. *Ukuthezela emnxebeni*

Kuthethwa ukuḃa umntu ma kadle elinganisa, angenzi ubusafa-safa, othuke sel' ephelwe ziintsifa.

"Ndifike ndaamfuphi, andawafeza amabongo am neminzwi yomnqweno wentliziyo, kuḃa ndalibala ukuḃa umntu lo kufuneka athezele emnxebeni."

520. *Ukufaka uviko*

Ukunyanzela umntu ukuḃa asebenze; ukungamphi thuḃa.

"Saya kuziqefisa kumfo owathi kanti uza kusibulala, kuḃa wayesifaka uviko oko kusile, singenalo nelokutya ithuḃa."

521. *Ukubopha amabande*

Apha kuthethwa ukudibanisa izinto ezingahlanganiyo, nje ngoko enje njalo umfazi ukunxibeleva amaxonya xa aye kutheza. Yinto efana nokwenza isonka sentsipho, into ethi ixovwa nje ibe iphasalaka. Yinto enye nokunxibeleva amabande.

"Andikholwa ukuḃa le nto siyenzayo iya kuḃa nempumelelo, se sifumana nje sibopha amabande."

522. *Ukubopha ngabande linye*

Kukwenza mfani-nye.

"Lithe kuḃa ipolisa lifike bekunye alaḃa sabuza, base beḃo-tshwa ngabande linye, baqhutyelwa entolongweni."

II. Imithi, Ixolo, Ubuthi, Igqabi, Ngeentlobo zemithi

523. *Ukudlela umthi*

Umntu odlelwe umthi ngumntu ofika enze izinto angenakho ukuzichaza ukuba uzenzela ni na, ebangelwa yini na. Ufana nomntu ophethweyo.

"Nonyana womkhuluwa sel' esuke waayinto apha ebumpekileyo, engathi ibubanxara, ungade uthi lo mfazi wakhe umdlel' umthi." (H. M. Ndawo)

524. *Wakhanyela wakhwela emthini*

Wakhanyela aka buya mva.

"Uthe noko ebeboniwe ekuyenzeni kwakhe le nto, wasuka wakhanyela wakhwel' emthini."

525. *Ma kulal' iziphunzi*

Ma kube luxolo, zilityalwe iingxabanano.

"Ngako oko ma kube licamagu elihle, kulal' iziphunzi, ibe luxolo mzi ndini wakowethu." (G. B. Sinxo)

526 *Ngumthi nexolo*

Umthi nexolo ziinto ezihamba kunye, ngaphandle kokuba umthi uya guga. Kuthethwa iinto ezingahlukaniyo.

"Yaye inonyana osel' eyinkonde naye, engumthi nexolo kuyise, enqhina amazwi awiswa lixhego elo." (H. M. Ndawo)

527. *Yintlaka nexolo*

Kuthethwa izinto ezithene nca ngokuthandana, nokuba ngabantu.

"Ndithetha mna yintlaka nexolo aabo bantwana babini, wosoloko wabafumana behleli kunye."

528. *Ndizidlise ngobam (ubuthi)*

Oko kukuthi ndizibulele ngokwam ngale nto ndiyenzileyo.

"Athe kanye lawa maqhinga ndandiwasebenzisela ukuba agxothwe emsebenzini, ajika agxothisa mna, kwacaca ukuba ndizidlise ngobam."

529. *Ukususa ubuthi*

Lisiko lesiXhosa ukunchamla konke ukutya okuphiwa abantu basemzini, ukubaqinisekisa ukuthi akunyangwanga. Nokuba yinyama le wobona umnini-mzi eqoma phambi

kokuba ayigqithisele emadodeni; kunjalo nasetywaleni, kufuneka ukuba akhe aqabule phambi kokuba asele amanye. Kukususa ubuthi ke oko.

“Yathi yakuba isuse ubuthi, yalibeka ilala phambi koDaBula, yaya kuhlala kwa ngakumlingane wayo. Asela ke onke amadoda.” (A. C. Jordan)

530. *Ukwaphul' uluthi*

Kukuba nento eninzi, abantwana nokuba ziinkomo; ukuba sisityebi. Le ntetho ivele emithini yeziqhamo, ethi ngokuxakatha kakhulu kuBonakale ukuba umthi uyaphuka. Kwa khona, uthi umntu oneenkomo ezininzi, okanye abantwana, kwaphuke uluthi xa aziqhubayo, okanye xa abetha aabo bantwana baninzi.

“Ukuba abandiniki umfazi wam ma baqole iinkomo zam sahlukane. Umfazi uzele waphul' uluthi.” (J. J. R. Jolobe)

531. *Igqabi likalonji*

Utywala besilungu. Elinye igama labo ngamanzi kaMaqoma, kuba yinkosi eyayibuthanda kunene.

“Akukho zwi siza kulenza singakhange sinyel' imiqala, yiza nomngxu wembodlela, igqabi likalonji lona.”

532. *Ukuba ligqabi*

Ukubaleka; ukugqotsa; okwegqabi lomthi lisimka nomoya.

“Wamthi hlasi akema nokuma, naanko eligqabi, emka ngendlela esinga edolophini.” (A. C. Jordan)

533. *Into esemagqabini*

Into ekude lee; into engenakufikelelwa.

“Uthe akuliva ixabiso lale nto abe eyifuna, waqonda ukuba isemagqabini kuye, akanakuyifikelela.”

534. *Ukungafuni negqabi letapile*

Sakuba kusitshiwo kumntu onqungukileyo yinto emdinileyo nokuba yeluhlobo luni na. Kaloku asikuko nokuba likakjra igqabi letapile.

“Ithe le nkunzi kungenini yaBonakala ingxothoza isima ngeenyawo, yaye mhlophe ingasafuni negqabi letapile ukuba ingaphinda ilwe.” (S. E. K. Mqhayi)

535. *Ukunqanda ihlahla*

Ukunqanda ingozi ebiza kuBa kho.

"Uthe uWele yena wayenqanda ihlahla elaliza kuwela intsapho kaVuyisile kuBa umnini-mzi wayedungudele." (S. E. K. Mqhayi)

536. *Uzicandel' umgala-gala*

Umgala-gala lo ngumthi olufica kunene. Umntu otheze wona ubila esoma ezama ukuwucanda. Apha ke kuthethwa ukuzifaka engxakini, umntu engayiqondi loo nto.

"Yamothusa le nto uMthunzini, kuBa wacinga kuBa inkosi izama indlela yokubandeza ezi ncwadi. Wajiya kambe wazicandela umgala-gala." (A. C. Jordan)

537. *Uzixhoxhele isikhuni somhlakothi*

Uthi lo mthi wakuBaswa uqhuhumbe iintlantsi ezitfho kuBe nzima ukuwotha umlilo, umntu ephepha ezi ntlantsi. Kuthethwa ukuzizisela inkathazo.

"Uthe kanti yena akasaqondi kuBa umzi lo awusamginyi, waza waBiza intlanganiso yawo, waBa njalo uzixhoxhele isikhuni somhlakothi."

538. *Ukoj' umnga*

Ukukhohlisa.

"Wafika sel' encumile kakade, ebonakalisa uBuBele, kodwa bamndwebela abamaziyo kuBa wothi kanti sel' esoja umnga."

539. *Amasi omhlontlo*

Utywala bomlungu.

"Asikuko nokuBa abantu bakowethu bathabathekile butywala bomlungu, abathi xa babuteketisayo ngamasi omhlontlo."

540. *Inkinge emthumeni*

Liqhina elingenakusonjululwa; intsinda-badala.

"Kuthe kwakubuzwa kuBa le nto ingathiwa ni na ukuconjululwa, hayi yasuka yayinkinge emthumeni, amadoda afumana ee nqwadalala."

541. *Induku yogwanife*

Ugwanife ngumthi ongasetyenziselwa ntweni ngenxa yokuthamba nobuvithi-vithi bawo. Kutshiwo kumntu olibetye-betye, osimilo singathembekiyo.

"Yingqokunyembe yomfo ongenakuthenjwa nangumntwana, into efana nenduku yogwanife."

542. Udle incholo

Incholo le ngumthi apha oncindi ithi yakutyiwa imtsho lowo uyityileyo adole. Incindi yawo inje ngeyekhala. Kube-kiswa kumntu otyhafileyo.

"Yinto ongafika iquqa iinyawo, iyokozelisa umzimba ngokungathi udle incholo."

543. Ubuhle bekhiwane ziimpethwana

Zimbini izinto ema zilunyukelwe ngumntu otya amakhwane. Ufele lwekhiwane luhle luya bukeka, kodwa hayi ukutya-bula kwalo elulwimini. Okwesibini, kuthi kanti umphakathi lo wekhiwane ubolile uzele ziimpethu. Le ntetho ibekiswa kumntu onjalo, omhle ngomphandle, kanti uzele ukunchola nenkohlakalo.

"Banga bangabantu abahle abanobubele, kanti buhlehle nje bekhiwane obuziimpethwana."

544. Isisele sombinza

Umbinza lo ngumthi osiqhamo sithandwa kakhulu ngama-Xhosa. Ukhiwa uluhlaza, uze umbelwe izisele apho wovuthwa msinya bu-bufufu bezisele ezo. Ke kaloku ke, be kulula uku-ba umbinza lowo ubiwe ngamasela; nabazihambela ngen-dlela bazenzele kuwo. Kuthethwa nayiphi na into esisisulu, apho wonke ubani afika azenzele engaphiwanga.

"Andazi uku-ba ndiza kubathi ni na abantu bale lali, basuke isitiya sam basenza isisele sombinza, ziphelile tu iziqhamo zam."

545. Ukhozo lomya

Ukhozo lomya yimbewana emnyamana entlana. Kufani-swa ngayo ke umntu omhle oyintombazana.

"Okoku-ba umntu omhle uthe wazincama wamsebezela endle-beni usithi ulukhozo lomya ubuhle bakhe, suku-ba umgqibile ukumenzakalisa." (H. M. Ndawo)

546. Umgxube uya vuthwa

Izinto zinxhamele ukulunga; ixefa lifikile.

"Bathe bakuqonda uku-ba umgxube uya vuthwa, ababi saphu-melelisa ukuthetha, kwase kusidla umkhonto wodwa." (S. E. K. Mqhayi)

III. Incha, Isinama, Umcinga

547. *Ukubeka incha*

Ukuyeka; ukupheza ekuthetheni.

"Kha nibek' incha kuloo ndawo, ingathi kusanele okwangoku, sobuya siyithethe le nto."

548. *Ukubutha incha*

Le ntetho ivele ekuthini umntu athunywe ukuba aye kutheza, asuke abuye ethwele incha, kuBa engawazi umahluko phakathi kweenkuni nencha. Ngumntu obutha amakhobo endaweni yeenkozo. Umntu osisibanxa.

"Andimlibali umntu osisidenge, osuke wafana nomntu obutha incha kule nto be ndimthume ukuba andenzele yona."

549. *Kungamili ncha*

Kungabi kho nto ilandelayo, kungaphumi nto. Oko kukuthi, nokuba kusengxoxweni, athethe atshayele kuthi tu, kungabi saba kho mntu unokovelisa enye into. Kukwathiwa: kungahlumi ncha.

"Wamangaliswa ngokungathethekiyo ukuba eyona nkosi ayi-thembe ngaphezu kwazo zonke, isuke icikoze kungamili ncha." (A. C. Jordan)

550. *Ukunabela incha*

Kutshiwo kumntu ofileyo.

"Wayedume ngokuba ngumfo obeyibetha kube kanye enye indoda, itsho inabele incha."

551. *Ukubambelela encheni*

Ukuthemba ilize, kufana nomntu obamb' umoya.

"Kodwa kwakucacile ukuba sel' ebambelele nje encheni woyiswe tu." (A. C. Jordan)

552. *Ukutsiba izicithi*

Kubekiswa kumntu ose wada wagqitha emgqeni.

"Ude wabizelwa intlanganiso enkulu yokumthethisa, kuBa ngeli xefa wayengase etsiba izicithi."

553. *Ukutshelwa lihlungu*

Kukuphelelwa ngamathemba.

"Usuke waasidenge apha esitshelwe lihlungu, ebamba eyeka ongezantsi ukuwuthintela ukuba ungathi daca emhlabeni." (H. M. Ndawo)

554. Ngumanxiwa akamili mbuya

Ngumntu ofuduka mihla le, akubi kho nokhula olu kuBa kungekho mgquba. Ngumntu ongahlali xefa lide nasemsebenzini wakhe.

"Ndingakucebisa ukuBa ungaqali uwulahle lo msebenzi, kuBa amanxiwa akho akayi kumila mbuya."

555. Isinama ndokunamathela

Le ntetho kulunyukiswa ngayo umntu kwimikhwa emibi, okanye kumaqabane angendawo, ekuya kuBa nzima ukuzincothula kuwo. Ithetha into enzima ukwahlukana nayo. Phofu akusoloko kusingiselwe kwizinto ezimbi zodwa.

"Ndithe ndiseyinkwenkwana ndahlalwa ngxale leli bongo lokuBa ngumbali, kanti lose liBa sisinama ndokunamathela."
(S. E. K. Mqhayi)

556. Ukuhlala emcingeni

Umntu ohleli emcingeni ngumntu ongenacala, ongenaluvo lwakhe, othi ngoku abelapha, ubone sel' ephaya, oku komcinga uphetshukiswa ngumoya.

"Wazimisela ukuBa uya kuhlala emcingeni kule ngxoxo, aze asuke enze loo nto isininzi sithi ma kwenziwe yona."

557. Ukuhla nomcinga

Ukufoxa entweni.

"Wangenwa luloyiko ke uMphuthumi, waya enqaba ngoku-nqaba, kanti njalo uhla nomcinga." (A. C. Jordan)

ISAHLUKO IX

AMAZULU NENDALO NGOKUBANZI

I. Izulu, Iinkwenkwezi, Amafu, Ilanga, Inyanga

558. *Izulu lidlalile*

Kanga ngokoyikwa kwezulu, kuthi apho libethe khona, kungatshwiwo ukuβa libethile, kuthiwe lidlalile. Xa libethe umntu kuthiwa limthathile.

"Kwathi lany umbane, kwavakala isithonga, wathi umntu, lidlalile apho lidlale khona."

559. *Izulu lihlomile*

Oko kukuthi izulu lifingisa amafu. Kutshwiwo nasemntwini lo osuke wahlwa.

"Uthe ukufika kwakhe ekhaya wabona kwa ngokungakhathelelwa kwakhe ukuβa izulu lihlomile, kukho into aza kuyenziwa."

560. *Lidudume ladlula*

Kuxa into eβe isoyikwa ixhalelwe ngengozi ehamba nayo ide yadlula kungabanga kho monakalo iwenzayo.

"Lidudume ladlula oko ezi mviwo zide zabalwa zagqitywa."

561. *Ukwahlulwa ziindudumo*

Kuthethwa abantu abathandana kakhulu, ekungekho mntu unokungena phakathi kwaβo; bangahlulwa kukufa kuuphela.

"Aabo boβabini baya kwahlulwa ziindudumo, abathandaneli kuphila." (A. C. Jordan)

562. *Loo nto iziinkwenkwezi*

Oko kukuthi yinto ekungekho ndlela yokuβa ingafumaneke.

"Le nto yabanga indlela yakhe iβe kude nemizi, nethemba lokufumana ukutya liβe ziinkwenkwezi." (Z. Futshane)

563. *Loo nto isemafini*

Yinto ekude lee ukuba ingafiklelwa; isemajuku-jukwini.
 "Bamxelela ukuba angazixhamli ngokufuna intombi yenkosi,
 isemafini kuye."

564. *Unelifu*

Unesiqhu sabantu abamkhuseleyo.

"Ithe gqi inkosi ingqongwe lilifu, akwaba kho bani unokuyenza
 nto kwelo qela labavukeli-mbuso."

565. *Equmbe esisifu*

Umntu oqumbe wada wajika nebala eli lakhe laamnyama.
 "Mboneni etjhaya loo mphakathikazi, ngaloo nqawa yakhe
 inde, equmbe esisifu kukudinwa." (G. B. Sinxo)

566. *Ulibambe lingatshoni (ilanga)*

Utfho umntu xa limkayo ilanga, enga lingakhe lime, ade
 agqibe loo nto ayenzayo.

"Uvakele othile esithi, 'Ulibambe lingatshoni,' kubonakala
 ukuba kanye uzimisele ukuyigqiba ukuyilima loo ntsimi yakhe."

567. *Xa libantu bahle (ilanga)*

Le ntetho ma kube isukele ekuveni ixefa lokuhomba
 emaXhoseni kuxa limkayo ilanga, se kubuyiwe emisebenzini.
 Okunye kuthiwa xa ilanga limkayo, imitha yalo ithi ukhlababa
 kwayo emntwini imtfho akhangeleke, bathi nabangajongekiyo
 unge ungabuya ujonge. Kuthethwa ukumka kwelanga.

"Kwakuxa libantu bahle. Amathunzi eenduli zaseNcholokini
 aye enabe ada aya kuthi rece ezintlanjeni ezantsi." (A. C.
 Jordan)

568. *Ukutshonelwa lilanga*

Kukufikelwa ziinzima neengxaki.

"Samfikela ehleli endlwini yakhe efana nomntu ongathi
 akacingi, endwanye nje, kubonakala ukuba le ndoda itshonelwe
 lilanga emini."

569. *Ilanga liye kunina*

Ilanga litshonile.

"Lithe elaloo mini ilanga lagitshima ukuya kunina liphethe
 iindaba zokuba sel' elindele iingxelo zokuxela impumelelo
 yabafundi." (G. B. Sinxo)

570. *Ilanga lihlabē umhlaba*

Kuthethwa ukuḅa semini.

"Waxela lo mfo ukuḅa naanku uDanisa esihla kuloliwe emThatha, chamba-hamba emendweni ilanga lihlabē umhlaba."
(A. C. Jordan)

571. *Ecaleni kwelanga*

Apho kungenakufikelela mntu khona; into engenakufu-maneka.

"Ma ndikuxelele kwa ngoku, le nto uyifunayo uya kuyifumana ecaleni kwelanga."

572. *Likhangele uligqibelise*

Yindlela yokoyikisa umntu, ngokuthi uza kumbulala.

"Wathi akufun' ukwaala, lathi ixhwele, 'Ukuḅa akuzizisi namhla nje ezo nkomo, likhangele uligqibelise.'" (B. A. Bangeni)

573. *Ilanga likhupha intlanzi emanzini*

Yimini eJufu kakhulu.

"Lalingefufu loo mini lalifun' ukuthatha umntu, iyimini ekuthiwa ngayo likhuph' intlanzi emanzini."

574. *Inkabi yamalanga*

Ngumntu okade etfhiswa ngamalanga, umntu onamava, owaziyo onke amahla-ndinyuka alo mhlabā.

"Yayingamazwana amaḅini kuuphela, kodwa ayethethwa yinto kaDiniso, inkabi yamalanga." (G. B. Sinxo)

575. *Amasi agcadwe elangeni*

Athi amasi akugcadwa elangeni ahlobe, aḅe ke onakele. Kuthethwa ukuḅa izinto azimanga kakuhle, konakele ukuhlala.

"Watfho umntu ukuthi amasi agcadw' elangeni kulaa mzi, intlalo yakhona imbi, kusoloko kusidla intonga emfazini."

576. *Xa lithi "ndithenge"*

Matfhona, xa lowo uligcakameleyo unga angalithenga lingatfhoni ilanga ngenxa yobumnandi ḅalo, okanye lowo usenomsebenzi anga angawugqiba ukuḅa khe limmele.

"Kwada kwathi xa lithi 'ndithenge' kwafika isigidimi size kumxelela ukuḅa uya ḅizwa yinkosi." (A. C. Jordan)

577. Umaf' evuka nje ngenyanga

Ngumntu lo oncenkani, othi naxa oyisiweyo angaze azinikele. Yinto ebingathi igqityiwe, kodwa imana isithi vumbululu; njalo njalo ke.

"Ngumaf' evuka lowo nje ngenyanga, be sisithi oku kugula kwakhe kwamva kuya kumosela."

578. Ubusuku obungenanyanga

Ukuba mnyama tshu; ukungazi nto.

"Eli sithetha ngalo isiko asililo nelabantu abaMnyama, ingelilo nelabeLungu, lelobudenge nje, bubusuku obungenanyanga." (B. A. Bangeni)

II. Unyaka, Umso, Umhla, Ukusa nokuhlwa, Imini**579. Unyaka onesiqhuma**

Ixeja elide.

"Wahamba uMthunzini eziva edanile, waya kuhlala omnye unyaka onesiqhuma kuloo ndlu, kungekho mntu uza kukroba." (A. C. Jordan)

580. Ungadinwa nangomso

Le yindlela abulela ngayo umXhosa xa ancedwe ngento, oko kukuthi kunga kungasoloko kunjalo.

"Waphinda waqokela ngokumbulela umfundisi ngokuzikhatthaza, esithi ma ze angadinwa nangomso kukumcebisa." (A. C. Jordan)

581. Ukubekela ingomso

Kukuthi into obe unokuyenza namhla uyiyekele ukuyenza ngenye imini.

"Wagungqa umfana, labetha iphaphu, wanga lo mcimbi abezimisele ukuwenza angawubekela ingomso." (G. B. Sinxo)

582. Lwafika olungaliyo

Ngumhla obe ukade uxelwa, ulindelwe nokulindelwa.

"Lwafika olungaliyo, lwaye lujongwe kabukhali macala omahini." (H. M. Ndawo)

583. Namhla kunamhla

Le yimini enkulu engafani nezinye, kuza kwenzeka iinto ezinkulu.

"Namhla kunamhla okunene! UDa'bula wayengazange abizwe ngokuba uyiMfengu." (A. C. Jordan)

584. Kumhla kwahluzwa

Ngumhla izinto zimiswa ngendlela yazo, nje ngoko iba yimini enkulu mhla kuhluzwa utywala.

"UkuBa ukholisiwe yinto yokuba andiphathe ngolu hlobo, siya ya apho kobuya kuhluzwe khona." (J. J. R. Jolobe)

585. Imihla nezolo

Imihla ngemihla; yonke imihla.

"Aaba bafana wawungafika bebopha iinkabi zabo imihla nezolo, ngokukodwa ngolwesiHlanu, elowo esiya kumbutho wakhe." (A. C. Jordan)

586. Kusa kusihlwa

Kuthethwa ukuba umntu akanakutjho ukuthi uqinisekile yinto ethile.

"Ndithetha mna asazi apho sikhoyo kulaa mkhuhlane, se sibona kumana kusisa kusihlwa."

587. Kusasa namatjhona

Oko kukuthi ngalo lonke ixefa; imihla ngemihla.

"O! Hayi bethuni, sidiniwe thina lolu filifo lukaNolifwa oluba kusasa namatjhona." (H. M. Ndawo)

588. Kwasa okungaliyo

Lwafika usuku olungenakunqandwa mntu; into eyayi-ngenakungenzeki.

"Kwasa okungaliyo. Kwathi kugqitywa ukutyiwa kusasa yabe imoto yeBifopu se imi phandle." (A. C. Jordan)

589. Into engaxeli nokuba kuya sa

Into engento, engenamsebenzi, nje ngenkunzi yenkuku engaliliyo ekuseni.

"Le nkwenkwe ndiyifumeneyo ukuba yaluse iigufa zam livila lento, into engaxeli nokuba kuya sa."

590. Ukuhlwa kuya kukubutha

Kubekiswa kumntu olinqeneja, umntu omana ukuzi-bekela elinye ixefa izinto, angawasebenzisi amathuba esaphila. Kukwathethwa ukuba umntu akanakusoloko esinda angohlwawya ngezinto ezimbi azenzayo.

"Asothukanga ke noko sakuva ukuba ude wabuthwa kukuhlwa, kuBa ebesebenzela loo nto kakade ngokuhlala ewunyola umbuso."

591. *Se sihlwelwe*

Oko kukuthi se sifyiwe lixeja.

"Uz' ulindele ilizwi elivela kum, ukhawuleze uze apha. Se siphantse sahlwelwa kulo mcimbi." (A. C. Jordan)

592. *Lo mntu uhlwile*

Kutshiwo kumntu ode wajika nebala eli kukuβa nomsindo nokuqumba; ukungatyhileki.

"Uraβule umfana wathi, 'Ndiya bulela tata', kwatsho into ese ihlwile, kanti la magaqa ayibinzile." (B. A. Bangeni)

593. *Xa kuqalayo ukunchola*

Xa kuhlwayo; xa limaluluwe.

"Emka amadoda elali aya kuqondana nempahla emakhaya, kuβa kwakuse kuqala ukunchola." (A. C. Jordan)

594. *Kwahlwa emini*

Kukufikelwa ziinzima neengxaki eβe zingalindelwe.

"Waxinwa yimibuzo yenkundla, wavakala esithi omnye, kwahlw' emini kulaa ndoda."

595. *Imini emaqanda*

Eli lixeja ekuthiwa izikhukukazi ziβeka ngalo; intlazane.

"Ukukhala kweenkuku akhwela kuloliwe osinga eMonti, aza eBlaney akhwela kunomkhehlana owaya kuwalahla eQonce emini emaqanda." (A. C. Jordan)

III. Umoya, Umbethe, Ulwandle, Inkungu

596. *Iliwa libek' umoya*

Izinto azimanga kakuhle; kukho inkathazo ekhoyo.

"Bagqiβa ekuβeni bathi ukuβa βaya βona ukuβa iliwa libek' umoya uDing'indawo azenze umntu ongalwiyo nonyana womkhuluwa wakhe." (A. C. Jordan)

597. *Ukuphelela emoyeni*

Into ukungabi nandawo iya kuyo; ukuphelela elizeni.

"Okuya uyisekazi wayemgxothile efuna ukulungisa umzi, kwathi ni na le nto loo nto yaphelela emoyeni." (S. E. K. Mqhayi)

598. *Abangasemoyeni*

A bantu bokuqala ukuva iindaaba. Kaloku iindaaba ezi kuthiwa zithwalwa ngumoya.

"Nangoku ningayazi nje nina indlela yokufa kukaJongilanga, thina bantu bangasemoyeni se siyivile." (A. C. Jordan)

599. *Ukubamba umoya*

Kukubamba into engekho; ilize.

"Abandulanga bamqonde ukuba ungumntu ozwi lingenakuthenjwa, baqabuka xa se bebona ukuba babambe umoya, yena akasekho apho."

600. *Akungeni moya phakathi kwabo*

Bayevana; bangabahlolo abakhulu.

"Waye uMxhuma nala madoda asemzini kungasungeni moya phakathi kwabo." (S. E. K. Mqhayi)

601. *Ukuyithethisela emoyeni*

Xa uthethisela into emoyeni, iya kuthwalwa nguloo moya, isuke ibangazeke, ibe ke ivakala nakwiindawo ezingezizo.

"UFather Williams wayesel' eqondile ukuza le nto ma kangayooni ngokuyithethisela emoyeni, ma kayeke bade baye kungena egumbini lakhe." (A. C. Jordan)

602. *Ukusela umoya*

Ukuhamba-hamba phandle; ukubethwa ngumoya ngokuzihlaziya.

"Wayiphosa etafileni waphuma waya kusela umoya, sel' engathi uphambene kukuphala kwengqondo." (A. C. Jordan)

603. *Ukubethisa ngomoya*

Ukungayinanzi into; ukungayihoyi ngokungathi ayinamsebenzi.

"Bakuba bebuziwe imvela-phi, nalapho basinga khona uSige-benga usuke le nto ibuzwayo wayibethisa ngomoya." (H. M. Ndawo)

604. *Ukuthetha umoya*

Ukuthetha into engenamsebenzi; amampunge; uhaya.

"Size kule ntlanganiso sinethemba lokuza siza kuva into eyiyo, kanti kuza kuthethwa umoya."

605. *Ukuthimba umoya*

Kukufumana uluvo lwabantu, ungaluvelisanga olwakho kuqala.

"Phambi kokuba sizibokoxe ezethu izimvo kwaaba bantu, kosilungela ukuba siqale sithimbe umoya wabo."

606. *Ukuphembel' emoyeni*

Umntu ophemba umlilo emoyeni ufumana ukuba awude uvuthe kuaba awunamatheli apho ezinkunini ngenxa yomoya lowo. Kutshiwo kumntu owenza into engade ibe nampumelelo.

"Kumhlophe ukuba lo mcimbi wakhe efewuphembel' emoyeni, kuba naaku kude kube ngoku unghambeli ndawo."

607. *Umoya wesibaya*

Le ntetho ibekiswa kumntu ongathembekanga, iwexu-wexu. Umoya lo wesibaya awunacala ekungathiwa ubeka ngakulo. Le nto iphawuleka kakuhle xa kubaswe apho esibayeni.

"Kube kuthetha lo wamqhanela, kwaaba kuphakama lowa, waangakuye; bada bamqonda bonke ukuba lo mntu ngumoya wesibaya."

608. *Koda kufike esimathonts' abanzi*

Kuthethwa ukuba koda kufike iingxaki ezinkulu nezinzima, umntu ma kakhawuleze. Le ntetho ivele ezimvuleni ezinkulu, ngakumbi iziphango, ezithi zize ngamandla nangokukhawuleza, zimfikele umntu engaqondanga.

"Uthe lo mfo akufika kulo mzi, wabona kwa ngeentsebe zomnini-khaya ukuba akamkelekile, wasel' esimka ngesimathonts' abanzi." (S. E. K. Mqhayi)

609. *Imbula-mbethe*

Ngamazwi ayintjayeleyo; okanye ngumntu ohlahla indlela.

"Nguyena mntu uwufaneleyo lo msebenzi wokwenza imbula-mbethe kule ngxoxo, kuba yena ukhe weva into ekungayo."

610. *Umntu lulwandle*

Umntu lo unzulu, akanakugqitywa ukwaziwa. Ufaniswa nolwandle kuaba lubanzi kangako, zibe zininzi nezinto eziphelela khona.

"Umntu lulwandle oluzele ngookrebe, oomona, namawa aneengozi." (Z. Futshane)

611. Ukulalwa yinkungu

Kukungabi nalwazi; ukungaqondi okufana nokomntwana omncinane.

"Sibe kumbuzisisa lo mntu, wasuka wafana nomntu osisidenge, kwaBonakala ukuBa ulelwe yinkungu ngale nto siyifunayo."

612. Isijama-nkungwini

Ngumntu othanda ukulwa, phofu kungekho nto ifuna ukulwelwa. Singathi ngumntu lo othi akubona inkungu ithe jinyi phambi kwakhe aBe sel' efuna umngeni kuyo.

"Ngendalo edandalazileyo, indoda yona okokwayo ibisisijama-nkungwini." (H. M. Ndawo)

613. Inkungu nelanga

Into eninzi; inyambalala.

"Singe sibizwe ngexilongo isizwe, ukuza kuBona la madoda akomkhulu, wayi-wayi-wayi, yabetha yaayinkungu nelanga kwa ngoku." (S. E. K. Mqhayi)

IV. Ilizwe, Igada, Uthuli, Indlela**614. Ilizwe limaxongo**

Kukho amaJe emfazwe.

"Kuvakala ukuBa ilizwe limaxongo, amadoda ma kalande iinkomo zawo emathaanga."

615. Ilizwe ulikha amakhenke

Ulihambile ilizwe, uthi elapha aBe ephaya.

"Wafika emva kwemfazwe eBaBaza ukulikha kwakhe ilizwe amakhenke."

616. Incum yelizwe

Ezinyameni, incum le ngumphambili wesifuba, yinyama yamadoda ke leyo, kuBa kusithiwa yiyona nyama iyiyo. Apha kuthethwa eyona ndawo ityebileyo yomhlabha.

"BaBa benethamsanqa lokuthi kwelaa lizwe BaFudukela kulo, BaFumana eyona ndawo iyincum."

617. Ilizwe lifile

Imfazwe igalelekile. Kutshiwo naxa abantu BaXabeneyo, njalo ke.

"Ithe yakuweva la maxoko-xoko, iweva Bunkente-nkente kakhulu, yagqiba kwelokuba lifile, umzi ugxothise lufhaha." (S. E. K. Mqhayi)

618. *Ilizwe liyintombazana*

Kukuthi ilizwe lihle, liya bukeka. EmaXhoseni into-mbazana le ifana nesitya esihle, into ekungadleli nokuba ngubani. Kambe ke ikwalibongo lomfo kuBa esazi ukuba nakuba elihlwempu nje, uya kuBa ngumntu ngenye imini ngenxa yekhazi laloo ntombi. Kungoko ke into ebukekayo nentle ifaniswa nentombazana.

"Incha yayithe jinyi iluhlaza, ilizwe okwalo liyintombazana."
(H. M. Ndawo)

619. *Ilizwe elimagad' ahlabayo*

Oko kukuthi ilizwe linguqukulubodwe.

"Safika kwilizwe elimagad' ahlabayo, kumhlophe ukuba utshaba luwenzile umsebenzi walo, nathi asakhangelwa ngeentsebe ezintle."

620. *Ukusuka egadeni*

Kutshiwo kumntu omde, othe ncothu kamnandi.

"Ngumfo osukileyo kanoBom egadeni, omlomo unqhebeja, omabovu angqangula, othe rwe ngoBuwana obungenqova phofu." (S. E. K. Mqhayi)

621. *Ukuphosa igada*

Kukunceda.

"Kuthe noko ingabantu basweleyo, safumana iyimfanelo yethu ukuba nathi siphose igada kulo msebenzi wabo, nje ngabantu abahlaleleneyo."

622. *Ukutsho phantsi*

Ukuwa nganeno kwento obe uyifuna; ukuncama. Ngamanye amazwi kuthiwa: UkuBetha phantsi.

"Wathi ebesithi uya mqonda umntu oNtsundu waziqonda loo mini ukuba akakamazi. Hayi watsho phantsi." (A. C. Jordan)

623. *Ukuhlalisa phantsi*

Ukuthoba lowo uziphakamisileyo; ukufiyisela.

"Ngumfo obesithi mhla ngogayi azihlalise phantsi izizwe ngomfaneleko, kodwa ehleli nje ekhaya ubungaxakekayo."
(S. E. K. Mqhayi)

624. Ukuqhola ngothuli

AmaXhosa ngabantu ababethanda ukuziqhola ngezinto ezinje ngobulawu ezinkosini, baze abantu bona benze ngeetyeleba nezifikane, kunye nemithombothi. Ukuqhola ngothuli ke kukukhohlisa, kuBa uthuli lufika lumncholise lowo, lumphandle nokumphandla.

"Banga bamnika icebo eliya kumsindisa, kanti bamqhola ngothuli, kuBa kwathi kanti uya kuphelela ebusini."

625. Ukuqhumisa uthuli

Ukwenza into ngoBunxhamo; ukukhawuleza; ukuBangela ingxabano.

"Be kuye kuthi, okokuBa omnye uthe ngelifwa akaba kхо apho omnye akhona, kuqhume uthuli lwentleBendwane."
(H. M. Ndawo)

626. Ukuzokhela uthuli

Kukuzifaka engxakini. Uthi umfazi xa atshayela indlu aqale ayifefe ngamanzi, ukwenzela ukuBa kungavuki luthuli oluya kumtsara.

"Uye kuqala abantu bezihlalele, kanti uzokhela uthuli, kuBa bamvukela bonke, bamenza ukumbetha oku."

627. Umntu onothuli

Ngumntu lo othi apho ahamba khona kusoloko kuqhuma uthuli lwengxabano. Umxabanisi.

"AkuBanga kudala efikile lo mfana, sabona se kunyolwana, kwacaca okokuBa kufike umntu onothuli."

628. Ukugqutyelwa luthuli

Kutshiwo kumntu omfuphi, kuBa ekufuphi eluthulini.

"Asikuko nokuBa mfuphi lo mfo, ugqutyelwa luthuli, isithwene sokwenene."

629. Ukuhlahla indlela

KukuVula indlela, into efana nokugaBula izigcawu. Kude kuthiwe kukugqusa indlela; ukutshayela izibi.

"Taruni mzi, andibani, andimnini-kuthini, ndihlahla kuuphela le ndlela kuBa namhla kuza kuhamba lo mfana kaKhawuta."
(S. E. K. Mqhayi)

630. Ukucela indlela

Kukucela ukuḅa ukhululwe uhambe indlela yakho.

"UDaḅula wacela indlela, exela ukuḅa noko kudala bemka ekhaya." (A. C. Jordan)

631. Akukho ndlela mbini

Akukho qhinga limbi.

"Akukho ndlela mbini madoda kule nto, ma siqhubele phambili."

632. Iindlela zakho zimile incha

Le ntetho ibekiswa kumntu olivila, umntu osoloko ehleli phantsi engenzi nto. Kaloku indlela esetyenziswayo wofumana iqujekile; emile incha ke yileyo ingahanjwayo.

"Kuthe kwa ngoko akuḅa sesihlalweni, kwaqala kwaḅonakala ukuḅa kukho into eqhubekayo, kuḅa uḅengemfo undlela zimila incha."

633. Ukungabi nandlela

Ukungabiyo nto; ukungabi namsebenzi.

"Kambe ke lo mntwana akanandlela, yinto efuze apho ndingaziyo."

634. Iphala-ndlela

Umntu ongenandawo inye ahlala kuyo; isibadu-badu.

"Se simncamile ukuthi singaze simfumane esekhaya lowo, liphala-ndlela."

635. Ukuphinda indlela

Uthi umfazi akugqiḅa iinyanga nokuḅa zimbini emzini wakhe omtsha, kufuneke akhe agoduke aye kuḅona aḅazali bakhe. Oko ke kukuphinda indlela.

"Yintokazi eyafika yoonwaba emzini wayo, yagqiḅa unyaka wonke phambi kokuḅa iphinde indlela."

V. Iintaba, Iliwa, Amatye, Umsele, Isiduli**636. Iintaba ziwelene**

Esi saci sinye nesi: Iindonga ziwelene.

637. Ukunqola intaba

Kukuba ncenkani, ukungeva kuxelelwa; ukuba nekʒatʒi.
 "Ube kunqandwa kule nto, kayi wasuka wanqol' intaba,
 wada waya kwenzakala."

638. Ukubambisa iliwa

Le ntetho ivele entsomini kaHlakanyana, owathi esukelwa
 lutjhaba lwafika esekele iliwa, waza wathi ma lukhe lubambe
 apho, lo gama asaya kufuna iinto zokuxhasa, waba uya sinda
 njalo. Kukukhohlisa.

"Ndalinda apho kwatjhona ilanga, kuɓa wayethe uya kubuya,
 wathi kanti undibambise iliwa, kuɓa akazanga ade afike."

639. Umntu olilitye

Ngumntu olukhuni, oneenkani. Ikwangumntu ongqondo
 tihabatha kade.

"Sibe kumcenga ukuba asiboleke imali, hayi waalilitye,
 samncama."

640. Ngamatye asemanzini

Ngabantu abalukhuni. Yinto efana nabantu abathi
 behleli phakathi kwamagqoboka, bangaze basuleleke koɓo
 bugqoboka; bafana namatye la asemanzini wona angaze
 anyibilike.

"Nangona se kuyiminyaka iliZwi lafikayo kuloo lali, kusekho
 imizi ekubomvu isisiqhoqhobela, apho abantu bafana namatye
 asemanzini ukuba lukhuni."

641. Ukuginya ilitye

Kutshiwo kumntu ontliziyo ilukhuni, umntu okhaliphileyo,
 oqine isibindi.

"Wathi noko abonayo ukuba ingozi iya kuɓa nkulu, wasuka
 wanga ngumntu apha oginye ilitye, waziphosa apho elutjha-
 beni."

642. Ukuzibetha ngenyheke etyeni

Ukuzixhamla; ukuzenzakalisa.

"Lo mntu uzibetha ngenyheke etyeni, akasayi kuze avunywe
 kulaa mzi afuna ukuzeka kuwo, nje ngokuɓa elihlwempu
 elinje nje."

643. *Liya gaya liya cola eli litye*

Asiyiqondi kakuhle into ethethwa sesi saci, kodwa kuthiwa sisetyenziswa xa kuhanjwa kuqokelelwa, kugaywa amadoda okuya kusebenza emigodini.

644. *Kwafa ilitye nembokothwe*

Esi saci sisetyenziswa xa kubambene abantu ababini besilwa, nokuba ngamaqela akhuphisana emidlalweni, kungade kuphuhle cala. Siya setyenziswa nalapho utshaba lububise kwathi cum tu, nje ngemihla kaTshaka, apho kwakude kuqhekezwe namatye la okusila kunye namasoko.

"Kwafa ilitye nembokothwe, saza isisalela sabo yaangamaxhama atolwe ngabaThwa. Yaba ngamachithi odwa." (H. M. Ndawo)

645. *Ubelu lomsele*

Utywala.

"Kwafika iinto ekwakuBonakala ukuaba zifile lunxano, zabe se zibiza ubelu lomsele, obutsawulayo bona utywala obu."

646. *Ukunqika iziduli*

Ukudiza ihlebo. Akukho kwazi ukuaba isiduli esi sifihle ni na de usinqike, kuaba asizizo ntubi zodwa ezihlala apho, kukho neenyoka nezinye izilwanyana.

"Ujiye wavusa udufe kuloo lali ngokuhamba enqika iziduli zezinto ezingathethwayo."

647. *Ukuwa isiduli*

Ukusuka umntu athi qwithi ukuwa, ange ufile. Ukuwa isiqaga.

"Kwatshiwu ngenkontyo yenxeba entloko ekuvakala ukuaba loopha kakhulu kwada kwaakabini esiwa isiduli." (S. E. K. Mqhayi)

648. *Ukwenza umntu isiduli*

Ukungamniki umntu inxaxheba emfaneleyo.

"Xa be kumenywa le mbizo kuthiwe kubizwa iLiso lomZi. Ke naanku umGcini-sihlalo nimenz' isiduli saseTabase." (A. C. Jordan)

649. *Ukuhlaba iziduli*

Ukuthi swii ngamabinqa.

"Inkathavu yona ngumninawe wakhe, abathi ma kube ubangelwa kukuhlaba kunene iziduli ebudodaneni, kuaba phofu ubekwangumfo okhangelekayo." (S. E. K. Mqhayi)

ISAHLUKO X
UBOMI NENTLALO YASEKHAYA

I. Umzi, Unina, Unyoko, Intombi, Umkhozi,
Umkhwekazi, Abantu

650. *Amaqobokazana angal' emzini alahlekile*

Le yindlela yokuncoma umntu obinqileyo ngokukhawuleza ekwenzeni into.

"Zithe thu iintombi zabafo neenyanda zeenkuni, watshayelela umfazi esithi, naango ke amaqobokazana angal' emzini alahlekile."

651. *Ukufiya amang' emzini*

Ukubufiya ngaphandle ubuxoki nokukhohlisa, kungaziwa nabo ekhaya, oko kukuthi umntu enze izinto zokwenene nezibonakalayo; ukungafekethi.

"Hayi ke emva kwentlazane loo mini, akafundisa umfo ka-Ntakana, wafiya amanga emzini." (A. C. Jordan)

652. *Ukuya ngoonina*

Ukuya ngeendawo zazo; abantu baye ngamakhaya abo. "Uthe ngokufika oku kwakhe zakhawuleza izinto zaya ngoonina, kuBa be kukade kuthe xavalala."

653. *Zifelwe ngunina*

Le ntetho izekelwe ezilwanyaneni, ekuthi oonina bakufa, kanti amathole aya kuBa zizisulu zamaJamncwa. Ibekiswa kwinto eninzi nexhaphakileyo, nefumaneka lula ingenamkhuseli.

"Babuya abafana kuloo mtshato bengalibali, besithi asizontombi apho zifelwe ngunina."

654. *Umntwana uya kufana nonina*

Kuthethwa kuBa kuya kuBa nzima, kuBe yingxaki, kuBe kubi. EmaXhoseni, umntwana xa enza izinto ezisecaleni kuthiwa ufuze kulo-nina; kuBa mbi enkangelekweni kuthiwa ufana nonina. Wothi lowo wenza ezincomekayo kuthiwe ugodukile, oko kukuthi ufuze uyise.

"NgeCawa xa se kusithiwa 'Ekhaya' kwezinja iinkabi, umntwana uya kufana nonina." (A. C. Jordan)

655. *Unyoko walotyolwa ngamathokazi*

Kutshiwo kumntu osoloko enamathamsanqa, ohlala elungelwa zizinto.

"Kucacile ukuba oonyoko balotyolwa ngamathokazi, sondelani naasi isibindi, nisike." (Z. Futjhane)

656. *Unyoko walotyolwa ngamakhuba*

Kutshiwo kumntu osoloko ambethwe ngama fwa.

"Nje ngokuba uhleli wambethwe ngama fwa nje, ngokwakudala nge kusithiwa unyoko walotyolwa ngamakhuba."

657. *Ungavimba unyoko-khulu esifa ngamehlo*

Kuxa umntu ancoma ubumnandi bento etyiwayo. Kulula ukumvimba lo mntu ufa ngamehlo, ngokumana usithi iphelile, angaboni nokuba uyifihlile.

"Asiyole isibindi senjova sisimanga. Ungavimba unyoko-khulu esifa ngamehlo." (Z. Futjhane)

658. *Ukucuntsula kwinto yabantwana*

Into yabantwana kukulila. Kutshiwo kumntu omdala olilayo.

"Kwathi cwaka endlwini, waphawula uNomsa ukuba umculi ucuntsula kule nto yabantwana, iinyembezi zihla kancinci emehlweni akhe." (G. B. Sinxo)

659. *Zidlala abantwana*

Yintetho ebekiswa kwinto eninzi nexhaphakileyo, efumaneke lula. Kaloku izinto ezidlala abantwana zezingenamsebenzi nezingalondolozwayo.

"Siye sathi thu kwintlanjana eneboma, iziqhamo ezi zidlala abantwana."

660. *Ukuhlamba umntwana*

Ukuhlanjwa komntwana kukwaziswa ezizweni ukuba uncanyiwe, ngoko amahlazo akhe ma ze kungakhangelwa ooyise nabazalwana bakhe ngawo. Le nto yenziwa kumntwana othi ethethiswa, asuke akugqithe oko.

"Uthe lo nyana wakhe akumqonda ukuba utsiba izicithi ngokungeva naxa ayalwayo, wasel' ebikela amawabo ukuba umhlambile."

661. Umntwana wamathumbu

Ngumntwana wamagqibelo, untondo. Kaloku nguyena uthandwayo, ekuthi ukuba kukho nto yenzekileyo kuye, kukhawuleze kuxuxuzele amathumbu omzali. Owamazi-bulo yena kuthiwa ngowezemva-ba, aze olandelayo abe ngoweze-selwa.

"Ubengafuni nokuba kube kho nomntu ochukumisa loo mntwana, kuba ubesithi ngumntwana wamathumbu, intandane yakhe."

662. Abantwana bothuthu

Ngabantwana bokuzalwa.

"Asothuki ke noko, kuba kakade abona bantwana bothuthu babonakala mhla kukho isihelegu esinje." (A. C. Jordan)

663. Abantwana bogaga

Esi saci sibekiswa kubantwana ababuselweyo nguyise, kube kuthethwa ukuba ugaga obe lusandlalwa nguyise luba-fanele, oko kukuthi ubuphakathi newonga likayise. Ngabantwana bokuzalwa, abangenga-bo abangeneleli.

"Kuthe kwakuxaka kwa-ba nje kwathiwa lo mcimbi uya kulungela kwa abantwana bogaga."

664. Abantwana bomgquba

Abantwana bokuzalwa.

"Lo mzi kaXhosa namhla ndiwuncamile, ndiwuncame ngokuxaka nabomgquba, kazi kobeka phi na kubangeneleli?" (S. E. K. Mqhayi)

665. Abantwana bomthonyama

Abantwana bokuzalwa, abanawo onke amalungelo kuloo mzi. Umthonyama ke ngumgquba omdala ongaphantsi.

"Eyethu imbizo, thina maMpondomise omthonyama kukhona iza kuqala ngoku." (A. C. Jordan)

666. Abantu basetyhini

Ngabantu ababinqileyo; isifazi.

"Umzi lowo wasetyhini wosel' uzibonela kwinyama yawo kakade, ulusu olo namathumbu."

667. Abantu basebuhlanti

Ngamadoda lawo.

"Asinto inokubuzwa bafazini leyo, yeyabantu basebuhlanti."

II. Ukwenda, Ntombi, Mkhozi, Mkhwekazi, Dudo, Sina, Tjhila

668. *Ukwenda ngamanyala*

Ithi intombi yakwenda ifike kuBomi oButjha, obahluke mpela koBuya ikhule nabo. Ifika apha kulo mzi yenziwe isigculelo, ithiwe ngxi ngomsebenzi, ingenamthetheleli. Sithe-thwa nangolu hlobo: Ukwenda kukuzilahla.

"Okokuba ubawo usadla ubom nge kuthethwa ezinye namhla nje, ukwenda ngamanyala." (H. M. Ndawo)

669. *Ubeba uya kwendela enkosini kanti uya kwendela kumfo-kazana*

Kusingiswa kumntu owe nganeno kumnqweno wakhe. Thelekisa nesi saci: Ubeba uya kuzeka ekaSambuntsuntsu, kanti uya kuzeka ekaSihlongonya.

"Wathi akuphoxeka enje nje kumabongo akhe, wavakala esithi wayeba uya kwendela enkosini, kanti uya kwendela kumfokazana."

670. *Indaba yakwantombi*

Le nto iindaba zalapho kwendele umntwana wakho asinto idla ngakuBa mnandi yonke imihla. Kukho ezifika zimbi, zilusizi. Apha ke kuthethwa into ekungafunwa kuthethwa ngayo, esuke idungudeliswe, ingangenwa bani.

"Into aya kuyenza la MaFela-ndawo-nye ukuBa ubulewe 'loo mfokazi' kukusuka eleyo indoda iye endlwini yayo, ekaZwelinzima into ibe yindaba yakwantombi." (A. C. Jordan)

671. *Indaba yakwamkhwekazi*

Umkhwekazi ngunina womfazi. Ke iindaba zasebukhweni akuthethwa ngazo, kwa nje ngezo zakwantombi. Kukwatjhiwo ukuthi: Yinyewe yakwamkhwekazi.

"Ma singafumani sizixhamle ngokumbuza nto lowo, le nto yenzekileyo isuke yaayindaba yakwamkhwekazi kuye, akayi-phathi mpela."

672. *Indaba yakwamkhozi*

Abantu abendiseleneyo babizana ngokuBa bangaBakhozi. Ikwayinto ekungathethwayo ngayo.

"Yaza ke le nto yaBa yindaba yakwamkhozi macala onke, kuBa noNongendi eyithethile loo nto wayeya kuBa uya zihlaza ngokwakhe." (G. B. Sinxo)

673. Into ebe kusithiwa mkhozi ngayo

Kuye kutshiwo xa into ebe kuhlotywe ngayo iphelileyo, okanye loo nto be kudityenwe ngayo.

"Abuzwe imibuzwana engephi, yaphela into ebithethwa kusithiwa mkhozi ngayo." (Z. Futjhane)

674. Andimazi nasemdudweni

Oko kukuthi andimazi mpela, ndiya qala nokumbona. Kaloku umdudo yindawo apho izizwe zidibana khona, nabaqalayo ukubonana bazane apho.

"Ndothuke kakhulu ukubona ndigangwa ngumntu endingamaziyo nasemdudweni."

675. Ukungena ngegqudu emdudweni

Ngumntu ofika angene entweni yabanye abantu ngokuyoona, engamenywanga kanjalo. Ngumntu ongumphazamisi.

"Sithe xa sisithi lo mcimbi siza nawo kakuhle, wasuka yena wawungena ngegqudu emdudweni, yaba njalo iyonakala indaba."

676. Ukuxhentsa uzombelela

Kubekiswa kumntu ongenamncedi, bonke abantu behambela kude naye.

"Umfo omkhulu uxhentse ezombelela, yabe kambe le nkonde inguyise se iman' ukuzisula, kuba ibise ibile imdaka." (H. M. Ndawo)

677. Uxhentsa ngesidanga seny' indoda

Esi saci sithethwa kumntu othabathe indawo engeyiyo eyakhe.

"Uthe kanti le minyaka esithi uyinkosi nje uxhentsa ngesidanga seny' indoda, weva se kusithiwa ma kakhwelele."

678. Zisina zidedelana

Lisiko ukuthi amaqela asinayo amane ukunikana amathuba, ukwenzela ukuaba wonke umntu abonwe ngababukeli. Kuthethwa ukuaba abantu aaba ma banikane ithuba entlalweni nakuloo nto isakuaba isenziwa.

"Zisina zidedelana makhaba akowethu, eli dabi linzima, iinqhukuva ma zifenzele iimpikwane, iimpikwane zona zidedele amathwala-ndwe."

679. *Umsina ndozele*

Ukwenza ilembelele lento, into edinayo nedikayo, engaphele ndawo.

"Ngumfo othi xa athethayo enze umsina ndozele otsho abantu aaba balibale naleyo abeqale ngayo."

III. Ikhuba, Indima, Izala, Umpha, Umnyani, Intanyongo**680. *Amakhuba alingene abalimi***

Se kusithiwa ngezi mini: Izikere zilingene abachebi. Kutshiwu kwaba basileleyo ngenxa yokunqongophala kwezinto, zaye ezikhoyo zilingene abantu abathile.

"Aabo bangenanxheba apha bothi bakhwelele, kuba ndijongile nje kungathi amakhuba alingene abalimi."

681. *Ukudlala ngekhuba kuziliwe*

Kuthethwa ukuba umntu wenza into eya kumfaka enkathazweni. Xa kuziliwe akulinywa nokulinywa.

"Kwelakowabo bafika izihlobo zabo zisahamba ngekhuba—akuzilwa." (H. M. Ndawo)

682. *Ukudovuda indima*

Kumntu ohamba esoona, enyopha izinto zabantu abazilungiseleleyo; isiboxi. Ungayibona ukuxabana kwendoda endima yayo ixovulwe yimpahla.

"Usidinile ke bethu lo mfana ngokuhamba edovuda iindima zabanye, ubefanele ukuba akhe abethwe, ayiyekc le nto yokuboxa."

683. *Ukwenza indima*

Ukwenza into ebonakalayo.

"Asibanga nandima siyenzayo kulaa mcimbi be nisifiye siwuphethe, usuke wasoyisa."

684. *Ukuhlwayela entsindeni*

Umntu olime entsindeni ufumana kakhulu, kuba loo mhlabu usemtsha, usenamafutha awo onke. Kuthethwa ukwenza into efumanisa lukhulu.

"Wathelwa nqa akuthi eqala ififini asuke enze into engazanga ibonwe, wathi ma bakhe benze kuhle, wothi kanti uhlwayela entsindeni."

685. Ukuthetha into angayilimanga

Kubekiswa kumntu othetha into angayikhathalelanga nokuba ingena njani na kwabanye.

"Lo mfo uyiphikele into yokunyola umbuso ngokumana ethetha into angayilimanga."

686. Umpha wezala

Izala yindawo apho kulahlwa khona inkunkuma; kanti emasimini yindawo athi akugqiba ukufula umfazi, azibeke khona iindiza. Le ntetho ke ibekiswa kumntu ongento, osimilo sibi, sibolileyo.

"Asazi ukuba lo mntwana ufuze bani na, kuba abazali bakhe ngabantu abalungileyo, kodwa yena ngumpha wezala."

687. Umpha ochutywe walahlwa

Ngumntu olihlwempu, impula kalujaca; impabanga yomntu.

"Iingxaki endinazo zindongamele, ndiyichithe yonke imalana ebe ndinayo, kungoku nje se ndifana nompha lo ochutywe walahlwa."

688. Ukuphosa ezaleni

Ukulahlela enkunkumeni, ekulibaleni. Kukwathethwa ukumwisa umntu ngokumbetha.

"Waye lo mfana uxabeneyo sel' enyola ngomnqayi. E! Kwaakade wajika ngomnqayi. Gqum. Waphosa ezaleni."
(B. A. Bangeni)

689. Ukuphinda iminyani ese ibuliwe

Kuthi kwakugqitywa ukubulwa nokuba ngamazimba, iminyani ilahlwe okanye itshiswe kuba ayisenamsebenzi. Apha kuthethwa ukuvusa into ebe ise igqityiwe.

"Lo mcimbi uxoxwe wagqitywa, andinakho ukuvuma ukuba uphindwe uvuswe, kungaba siphinda iminyani ese ibuliwe."

690. Ukufiya iminyani

Ukuba kho nto iseleyo. Xa kungasalanga nto kuthiwa: akwasala nenkubele.

"Ithe, kwakha kwadilika uthango, aza afuba amathole. Utjhaba lwafiya nje iminyani." (H. M. Ndawo.)

691. Ukuzixhomela intanyongo

Ungathi ukuba ungene kula manqugwala aamaXhosa uze ukhangele phezulu entungo, wo bona apho kujinga iziswenye zombona nokuba zizikhwebu ezihlohlwe phakathi kodonga nophahla. Wofika ke se zide zaamnyama ngumle. Yintanyongo ke leyo. Ukuzixhomela intanyongo ke kukuzibekela izinto bucala, ezothi zikuncede ngeemini ezinzima.

"Ukufuya kulungile, aqwebu umntu ngeli xefa asenamandla, asasebenzayo, abe ngokwenje njalo uzixhomela iintanyongo eziya kumnceda ngamaxeja anzima." (G. B. Sinxo)

692. Babula besela

Kukufunisela into; kukwenza into ngenyameko enkulu.

"Babula besela abantu, bengayifumani into engaze ikhuphe mna esikolweni." (S. E. K. Mqhayi)

693. Kwavula zibuqe

Apho umntu wenza ukuthanda kwakhe; kwatyebilekende; kwesikamnebesu. Le ntetho ivela ekuveni kuthi kwakugqitywa ukuvunwa, zivulelwe iimpahla ukuba zingene emadizeni zibuqe, zihambe kwanothanda, ibe kwa seso nakuBalusi.

"Xa nditshoyo ningandiva kakubi mawethu. Anditsho ukuba ma sivule zibuqe." (A. C. Jordan)

IV. Umquba, Umvalo, Khwelo, Senga, Fele, Nyongo, Mswane

694. Ukutsha kwemquba

Lithi igquba xa litshayo, kanti liya kuthabatha ixefa elide ukuze loo mlilo ucime. Kuthethwa into nokuba lityala elingapheliyo, limana ukuthi vumbululu.

"Nangona se iyiminyaka emibini, sihlala sihlale sibizelwe ityala elingavumiyo ukuphela, elisuke lafana nokutsha kwemquba."

695. Yoda ibe mgquba-gqubane

Le ntetho ivela kwintsoni kaHlakanyana, owadla inyama yamadoda, waza iimbiza wazizalisa ngomquba, wemka. Ekubuyeni kwakhe, ibe kwa nguye okhwaze esekude esithi, 'Yophula, yoda ibe mgquba-gqubane.' Le ntetho isetyenziswa

ukukhawulezisa abantu abanento abayilungiselelayo ukuBa ingade yonakale.

"Kudala silindile kungade kophulwe, kha ningathi niya khawuleza bethu, yoda iBe mgquba-gqubane."

696. *Ukutshula amakhobo*

Ukutshula kukuhamba ufunisela ukuBa umlomo wesisele uphi na. Kaloku izisele zikhohisa ukuBa sebuhlanti, zithi ke zigqunywe ngumgquba. Kohanjwa njalo ke mhla kuza kudinjazwa. Apha kutshiwu kumntu othetha into angayaziyo, mhlawumbi into yobudenge; ukufunisela.

"Asibanga nakuyilandela le nto ayithethayo, kuBa wasuka wafana nomntu lo otshula amakhobo."

697. *Se ivuswa ngemivalo*

Kuthi xa kukho inkomo eyeyeleyo okanye ebuthisileyo, kufunwe imivalo yokuyivusa nokuyixhasa. Kutshiwu ke kumntu osel' ephelelwe ngamandla; umntu oleleyo ongenakuzenzela nto ngokwakhe.

"Ntombi yasemzini, uzele ukuza kusivusa ngemivalo kwinto ebe kuse kucacile okokuBa siwile mpela ngakuyo, uye wasivuselela ke." (H. M. Ndawo)

698. *Ukuntiyontyelana amakhwelo*

Ukukhuthazana; ukuBongana; ukuncomana.

"Bantu bakowethu ayincedi nto into yokuBa sintiyontyelane amakhwelo apho kungekho nto, siya bulalana ngaloo nto, senzana izifombo emiphefumleni." (S. E. K. Mqhayi)

699. *Ukuva amantiyontyelo*

Kumntu ova ukunconywa nokuBongwa. Kodwa kudla ngokuthi kanti oku kunconywa kwenzelwa ukuBa lowo kubekiswa kuye enze into eya kusuka imfake ebunzimeni nokuBa kusengxakini.

"Kucace mhlophe ukuBa kuzo zonke ezi ntaka eyona iva kakhulu amantiyontyelo ngunomyayi lo." (Z. Futshane)

700. *Ukusengela ezintsinini*

Kukho amadoda anezandla ezilukhuni, ethi indoda nokuBa ikpezisa inkwenkwe itsho apha ezintsinini, oku kokuBa inkwenkwe leyo ilibale kukumunca ulwimi, iBe ingafumananga nto isisapholo. Kuthethwa ukukhohlisa.

"Ngumfo obethanda ukunqoma abanye, kanti usengela entsinini, kuBa ubeziphuthuma kwa oko akubona zimithi."

701. Ungaphothuli kungekasengwa

Ungenzi into yamva kuqala.

“Ungaphothuli kungekasengwa, kufuneka siye kucela intombi leyo phambi kokuba sicinge ngokuyilobola.”

702. Ukusengela esekweni

Ukusengela phantsi; inkcitho, kuba into ekusengelwa kuyo lithunga.

“Andiboni ngeniselo kule nto siyenzayo, kufana nokuaba sisengela esekweni.”

703. Umalahlwa nofele

Le ntetho ihle kuba esithi umntu nokuaba ufelwe yinkomo okanye igufa abe nento ayizuzayo ngofele lwayo ngokuluthengisa. Kanti ke zona izilo ezinje ngamahafe nezinja zilahlwa neemfele zazo. Kubekiswa kumntu ongento, ongenamsebenzi naluncedo mntwini.

“Yinto engento loo mntu, ngumalahlwa nofele, ubukho bakhe abuxeli nto.”

704. Ukumatha ufele

Apha kubekiswa kumntu ongathi ngumyebilelana, umntu othambileyo, ongathi ulunge nokulunga, kanti undwebile, uzele nenkohlakalo. Kude kuthiwe ngumyebilelana ngathi yinja idle amaqanda.

“Ubagqibile abantu ukubeyelisela, kuba ngumntu apha omathe ufele.”

705. Ukuzikhupha inyongo

Kukuyikhuphela yonke into oyaziyo kubantu basemzini, nakubantu abangathenjwayo; ukudiza amahlebo.

“Ubohla umgcinile loo mntu, asikuko nokuaba uya thanda ukuzikhupha inyongo kubantu angabaziyo.”

706. Ukuthwala inyongo nesinyi

Amagqira kudala ebebonwa ngenani leenyongo nezinyi ezihloniwe entloko ukuaba adume kangakanani na. Be zixela iindawo ahamba exhelelwa kuzo. Kutshiwo kumntu ozigwagwisayo.

“Asikuko nokuaba .uziphakamisile khona ngoku, ungafika ethwele inyongo nesinyi, ejongele phantsi wonke umntu.”

707. *Into esenyongweni*

Into ethandwa kakhulu; umhlobo omkhulu womnye umntu.

"Unkabi waman' ukuwisa emis' amaxhaka elinganisa ukumisa kwenkabi yakhe yenkomo esenyongweni kuye." (B. A. Bangeni)

708. *Ukugxwala emswaneni*

Umswane wenkomo ubuqufwa ngabahlinzi, usasazwe ugqibe ubuhlanti obu, ungaqiywa uyimfumba njalo, kusenzelwa ukuba ziya kuhlabana kuwo, zimana ziwothuka zigxwala, kanti njalo zoda zenzakalisane. Zithi ke zakugxwala phezu kwawo zibe ngathi zililela ukufa kwenye inkomo leyo, ziyivela usizi. Sizekelwe apho esi saci, sithetha ukulilela into engenakuba sancedwa bani.

"Lityala lethu sonke ke, kuba thina sasibona nge sasikhalile kwa oko. Namhla nje se sigxwala emswaneni." (A. C. Jordan)

V. *Inqawa, Icuba, Ukutshaya*709. *Ukubek' inqawa*

Kuthethwa ukufa.

"Yoothuka yonk' ilali yakuva ukuba loo ndoda iyibekile inqawa."

710. *Yaqin' inqawa*

Ukuba sengxakini. Iintfayi ziya wazi umcimbi wenqawa eqinileyo; kwaphukela micinga, kucime mililo, kube buhlungu imihlathi kukutsala, ibe yiloo nto.

"Ide ya bona ukuba yosel' incaza. Akubanga kudala, yathi incoko yajiya, yaqin' inqawa, zalila iintonga." (Z. Futhane)

711. *Andisatshayi ngaloo nqawa*

Oko kukuthi andisekho kuloo mcimbi be sifiyene kuwo. Ngale mihla se kusithiwa: Ndiyihle kwelinye iphepha.

"Sithe sifika ngosuku olulandelayo, wabe sel' esithi akasatshayi ngaloo nqawa yena, ma singamfundekeli."

712. *Ndisatshaya*

Le ntetho isetyenziswa ezingxoxweni, umntu ethetha ukuba usapheza okwelo thuba, kodwa wobuya athethe.

"Ndisatshaya zidweja ukunikela ithuba kwezinye izithethi."

713. *Ukut fhaya umdiza*

Kukutfhaya isigarethi.

"Wahlala eyedwa kwesinye sezihlalo ezisemxokomezeleni wamakareji, etfhaya umdiza." (A. C. Jordan)

714. *Icuba nomhlabha*

Xa kusenziwa igwada kuthatyathwa icuba lisilwe ngembo-kothwana emnyamana egudileyo, kuze ke kuthatyathwe umhlabha utfhiswe ube luthuthu, lize linongwe elo cuba ngolo thuthu. Ligwada ke elo. Ligwadwa ngentfazi. Kutethwa izinto ezihamba kunye nezivanayo.

"Akubanga xefa lide efkile apho, waba sel' eba licuba nomhlaba nomnye umfana waloo mzi ahlala kuwo."

715. *Ukut fhaya isaqhuma*

Kukuthi, unga bokuyiyeka into ide iphole xa uzimisele ukuyenza.

"Wabona uMthunzini ukuba ma katshaye isaqhuma ukuzibika kule ntombi yamalayo." (A. C. Jordan)

ISAHLUKO XI

IZINTO EZITYIWAYO

I. Inyama, Inqatha, Ithambo

716. *UkuBa yimbumba yamanyama*

Xa kuhlinzwayo kuBa kho amasuntswana enyama asalela entlonzeni yesikhumba. Ngamanyama lawo. Athi akudityaniswa enze imbumba yento eqinileyo. Esi saci sithetha uku-manyana; umanyano ngamandla.

“Esi sipho sothando waBanika ookhokho esenzela ukuBa baze baBe yimbumba yamanyama, bakwazi ukuthanda yonke into.” (H. M. Ndawo)

717. *Inyama yakhe imbi*

Kutshiwo kumntu ongalungelwa nto; umntu onamaJwa.

“Akukho nto ikhe imlungelwe lowo, inyama yakhe imbi, ngokwakudala nge akhe asiwe nasemagqirani aye kulungiswa.”

718. *Inyama yamakhwenkwe*

Le ntetho ayisosaci, yindlela nje yokukwekwa nokuhloni-pha. Inyama yamakhwenkwe sisifo apha ekuthiwa ngudila, ubeende. Le ntetho ke isetyenziswa xa kuthethwa ngezifo ezithile, eBe kungelungi ukuBa zibizwe ngamagama azo, ngenxa yehlazo ezihamba nalo.

“Umfo kaNaantsi uthe mbo ngendlu, ubanjwe yinyama yamakhwenkwe, sisifo ke eso esingenakuthiwa pa-ha-ha.”

719. *Ukubutywa ngobubende inyama ungayidlanga*

Kutshiwo kumntu oBekwe ityala engenalo. Ivela kwintso-mi kaHlakanyana owayitya yonke inyama waza wathambisa ixhego ngamafutha ukuze kuthiwe ityiwe lilo.

“NdiBone se ndifikelwa ngumsila wengwe wakomkhulu, kanti ndibutywa ngobubende inyama ndingayidlanga.”

720. *Ukubutya ngobubende*

Ukuncoma umntu. Kaloku ububende obu ibikukutya okuxatyisiweyo zizizwe eziNtsundu. Ligazi elinqumileyo elithi liphekwe, kudityaniswe nemihlelo nezinye izinto ezityiwayo. Sisaci esingaqhelekanga ngale ndlela.

"Bamngungela bonke bembutya ngobubende kuloo mpumelelo etyaleni."

721. *Umntu ongenandonci*

Yintetho ebonisa indelo. Kuthethwa ukuba lowo kubekiswa kuye usengumntwana, akazi nto.

"Kuya kuthi ni ukuthi singamadoda sizithethela iinto zethu, sibe sifundekelwa zezi ntwana zingekabi naye nondonci?"

722. *Udikwe yeyokosa*

Esi saci sivele ekuBeni esithi umntu naxa sel' edikwe yephekiweyo inyama aphambukele kweyosiweyo. Abantu abaninzi kudala be beyithanda kakhulu inyama eyosiweyo kunephekiweyo, kuBa eyosiweyo ayikhawulezi idike nje ngephekiweyo. Se kusithiwa ke umntu akuxakwa yinto emxakileyo kuthiwe udikwe yeyokosa. Xa sithethwa sonke esi saci kuthiwa: Udikwe yeyokosa eyokuphekwa engekayidli.

"Wamchitha kanga ngokuBa wathi uMthunzini ebezimisele ukuba uya kundululwa yintsimbi yesithandathu, yabetha eyesine sel' enqhenqhe emandlalweni wakhe, edikwe yeyokosa." (A. C. Jordan)

723. *Ukukholwa yeyokosa*

Yinto enye nesi saci: Ukudikwa yeyokosa.

"Yizani noBabini ke, niya kufika uNojaji esanilingene. Kutsho into ekuse kuBonakala noko ukuba ikholwe yeyokosa." (G. B. Sinxo)

724. *Linqumil' inqatha*

Kutshiwo xa umntu ebesukele phezulu ekwenzeni into, okanye ekuthetheni, kuthi kuphakathi asuke axakwe, kuthi nkqi.

"Ngeli xefa eBengcazela wonke uDeli, eBile ethe xhopho. Inqatha lalise linqumile, ezisola ngokugeza kwakhe." (Z. Futjhane)

725. Ukuzisikela enqatheni

Kunjalo kwaXhosa xa kutyiwa inyama, clowo umntu ufuna indawo enenqatha, eyothi iyenze ibe nencasa inyama leyo. Nasentlalweni abantu basoloko bezibeka kwibanga elingaphezu kwelo bakulo. Umntu yinto ehlala icinga ukuβa iya kulungelwa zizinto.

"Lisiko nolwawuphi na umntu ukuzisikela enqatheni, ngakumbi kwinto asukuβa cyidumbele intloko." (H. M. Ndawo)

726. Ngathi ndidle amanqatha

Oko kukuthi ndidikwe yiyo yonke into, andinamkxa wayo nayiphi na.

"Ndisuke ndafumana ndatyhafa, andafuna nto konke, ngokungathi ndidle amanqatha."

727. Ukuqongqotha ithambo

Inyama emaXhoseni ibityiwa de kukhandwe nomongo. Esi saci sithethwa xa into yenziwe ngokwaneleyo yafezwa. Sithethwa nangale ndlela: Ukukhanda umongo.

"Le nto bayixoxe ngokwaneleyo bada baqongqotha nethambo, akusekho nto engaba isele ngoku."

728. Yaphuka thambo

Utsho umntu xa aza kubaleka ngamandla. Eli thambo ke ngaaba xhongo abaleka ngabo.

"Uthe akuβona ukuβa utjhaba se lumfincile, wathi yaphuka thambo, ukuya kweela kwantsiza ehlathini."

729. Ukuba nethambo nomntu

Le ntetho ivele ezinjani, kuβa zithi apho zifumene khona ithambo, zilwe kuqhum' uthuli. Xa umntu athi ndinethambo nawe, uthetha ukuβa kukho into engemnandi ekufuneka ayixoxe nawe.

"Ndinethambo nawe malunga nalaa mcimbi be ndikuphathise wona, waza akwawuqabelisa."

II. Izimba, Mbona, Nkoko, Mfe, Tywala, Amasi, Mqa, Thanga, Vatala

730. Ukudla amazimba

Kutsho umntu osaphilayo. Amazimba ke butywala.

"Ngamanye nto ni? Sith' aaba sisidl' amazimba nje, nitheth' ukuthi ni ukuthi amaxeja ngamanye?" (A. C. Jordan)

731. *Amazimba aphantsi*

Ukuxakeka; izinto azimanga kakuhle.

"Unganditheli nqa ngokungezi ukuza kukuvelela, andinaku-nceda, amazimba am aphantsi."

732. *Umbona uphantsi*

Yinto enye nokuthi: Amazimba aphantsi.

733. *Ungadli nkoḃe zamntu*

Kuthethwa ukuḃa unгахambі ungena mzini; ukhawuleze.

"Le nto ndikuthuma yona inxhamisekile, uncede ungadli nkoḃe zamntu ube lapha ngephanyazo."

734. *Into eneenkozo*

Into ebonakalayo nevakalayo, into ebadlileyo. Ibe yinto ephathekayo, ingabi ngamakhoba nje.

"Kudala simamele izinto ezingenamsebenzi apha. Ingaba akukho namnye na umntu oza nento eneenkozo?"

735. *Ukuphosa iinkozo*

Le ntetho ivele ekuḃeni athi umntu aman' ukuphosa iinkozo ezinkukwini engathi uzipha ukutya, kanti ufuna ukubamba enye aze kuyinqumla. Kubekiswa kumntu oman' ukupha omnye izinto ezimnandi, engathi uthi, angathi ekhe watya ndimḃambe ndimenzakalise. Kukuthiyisela.

"Kha niḃone unkaḃi yamalanga, uya waphosa iinkozo ke ethetha ngoluya hlobo nje, kukho nto ayincwasileyo."

736. *Usilelwe isidudu semfe*

Isidudu semfe ḃe sisenzelwa umntu ofa sisisu, sithi kodwa kuḃa sikḃakḃa, akḃuquke angaḃuye athande ukusiphinda. Umntu okḃuqulwe yinto emkḃuquleyo, nokuḃa iyini na kuthiwa usilelwe isidudu semfe.

"Wayengafuni kutya, engafuni kuthetha namntu, efumane wandwanya nje oku komntu osilelwe isidudu semfe."

737. *Ukubetha ngemfe iphindiwe*

Kuthethwa ukukhohlisa. Imfe ephindiweyo yileyo etyiwe yada yaangamakhambi. Akungeḃi umnika nto umntu omnika into ese injalo. Kukwathethwa ukumenzakalisa umntu ngokumḃetha ngomphindwa wemfe.

"Naanko uDing'indawo ebunga noZwelinzima eNt'jiqo, emḃetha ngemfe iphindiwe." (A. C. Jordan)

738. *Ukukhetha imfe emfabeni*

Kuthethwa ukungabi kho lualulo, umntu athi le yeyam, leyo asiyoayam, andinanto yokwenza nayo.

"Iinkedama zikho kanobom ekuvakaleni xa kuthethwa, kodwa umfazi engayazi into yokukhetha imfe emfabeni." (H. M. Ndawo)

739. *Etyhafe eyimfe*

Oko kukuthi edinwe efana nemfe le xa iyokozeliswa ngumoya. Kude kuthiwe umntu edinwe eyiqhiya.

"Ude ngelikade waya kwisigcunyana sedobo etyhafe eyimfe, wachophapha apho efumane wafumbalala." (H. M. Ndawo)

740. *Ukutyibela amakhambi*

Yinto efana nokukhama iintsipho kuphume ivanya. Kutshiwo kumntu oziphinda-phindayo entethweni yakhe, kungekho nto intfa ivelayo.

"Ndicela ukuba lo mfo ahlale phantsi, akasenanto yakuthetha ngoku, sel' etyibela nje amakhambi ngokumana cziphinda-phinda."

741. *Ukumfifitha amakhambi*

Ukwenza into ngokwaneleyo.

"Akusekho nto intfa iya kubuya ivele apha, se simfifitha nje amakhambi."

742. *Akusentsuku zatywala*

Utywala obusilwa namhla nje abuyi kude buselwe ingezekanga loo nto kuthethwa ngayo. Kuthethwa ukuba lowo mhla umisiweyo se ukufuphi.

"Ma sime ngeenyawo. IKilisimesi se inyathele, akusentsuku zatywala engafikanga loo mfokazi." (A. C. Jordan)

743. *Utywala bumnandi bungumhlaba*

Le yindlela yokuncoma utywala. Ude athi umntu bunyaka umwa, izikhooko zembiza; bobukhabayo obo, bada baane-ndawo eqhwethayo.

"Lo mfazi uya kwazi ukuphatha ukutya kwamadoda, aka-kooni; obu bona abumnandi bungumhlaba."

744. *Iyewu elinemisila*

Butywala besiXhosa. Kaloku amaꝑewu wona akanxilisi, kanti ke xa anemisila kuthethwa ukuba kugalelwe ezinye izinto ezinxilisayo, nje ngoko nomntu obuseleyo uba nemisila aphume izinto.

"Yiza wethu naal' iyewu elinemisila. Waphuma ephethe le bekilana kuthiwa ngufephiwe." (E. S. Guma)

745. *Mt fha nje ngamasi*

Le ntetho ibekiswa kumntu othi noko amdala, akhangeleke ngokomntu omtfha. Kaloku amasi la asoloko ematfha kuba chlaziywa lonke ixesha ngobisi.

"Ngudiza-dala lowo, kodwa akungetfho, usoloko ekhangeleka mtfha nje ngamasi."

746. *Kunje ngentloya ehlahlekayo*

Intloya yinto efana namanzi. Ungathi uyihlahla, ufu-manane ukuba iseyilaa nto ibiyiyo. Kuba njalo nasezingxoxweni, kukho abantu abaneenkani nabathanda ukuthetha, umntu aphikele ukuyihlahla ingxoxo, afun' ukuyenza imisonto, naku-beni se iyintloya kungasekho nqhaka kuyo.

"Akukho nto intsa inokubuya ivele kule ngxoxo, kungoku nje ezi zithethi se zihlahla intloya."

747. *Ukuthutha ubisi*

Ukuya ubuyelela endaweni.

"Wabetha ebuyelela kuloo mzi, wanga ngumntu lo othutha ubisi."

748. *Umqa womel' ephinini*

Kutfhiwo kumntu osengxakini.

"Ithe imibuzo yakuba ilandelelana phezu kwakhe, wasuka umqa womel' ephinini, okunene yaqin' inqawa."

749. *Wajiya umqa*

Umqa ojyileyo awuthandwa kakhulu, umntu usuke axakane nawo ukuba uza kuwutya luhlobo luni na. Le ntetho ixela ukuba sengxakini. Kude kuthiwe umntu ma kabonde umqa wakhe.

"Uqondile naye ukuba kungoku nje umqa uya jiya, ma kazame qhinga limbi."

750. *Ithanga elifelwe ngumlibo*

Ngumntu oyinkedama, ongenayise nanina. Kaloku ithanga elifelwe ngumlibo aliibi salunga, lisuke libole.

"Wachukumiseka nangakumbi nayile nto yokuba laa mazwi ahlabi ngolu hlobo, ampompoza kwithanga elifelwe ngumlibo." (H. M. Ndawo)

751. *Umthwalo kasenza*

Yinto eyingxaki. Kutshiwo nokuthi: Umthwalo kace-tjhana.

"Yinto ni ukusizisela umthwalo kasenza, sihleli siminxekile kakade yeyethu imithwalo ekwanzima ngokwayo?"

752. *Uvuthelwe phakathi nje ngevatala*

Ivatala le kunzima ukuyibona ngomphandle ukuβα ivuthiwe na nokuβα hayi, ngaphandle kokuβα ide isikwe. Umphandle lo wayo uluhlaza. Yintetho ebekiswa kumntu ongathi xa umjongileyo uthi akulele nto, kanti hayi ufihle lukhulu.

"Abaninzi baβemthabathe nje ngesithuli unyana wenkonde leyo, kanti umntu lo βengazi nje uvuthelwe phakathi nje ngevatala." (H. M. Ndawo)

B. AMANZI**753. *Ukudla amanzi***

Kukusela utywala. Utywala obu kuthiwa ngamanzi ohlanga.

"Lo mfo uDyan yinchiβi yokuthandaza. Watjho kwafufu endlwini, kwatjho kwalibaleka ukuβα uyindla-manzi." (B. A. Bangeni)

754. *Azithumani manzi*

Oko kukuthi ziya fana kuloo nto ziyiyo, okanye kuloo nto ziyenzayo.

"Ukuβα akukayi emaMpondomiseni mfundi, akukawaβoni amaAfrikakazi amahle. Zintle iintombi zalapho. Ezikhumfileyo neziqabayo azithumani manzi." (A. C. Jordan)

755. *Amanz' angene endlwini*

Abantu abahlala kwizindlu ezinemihlisela baya bazi ububi noβunzima ababuthwalayo kwakufika iimvula ezinkulu.

Le ntetho isetyenziswa xa konakele ukuhlala; xa izinto zingemanga kakuhle.

“Waphuma endlwini ethe qhiwu umnqayi, sel' egila izicithi, watjho obonayo ukuthi, kulaa mzi amanz' angen' endlwini.”

756. *Ukugalela amanzi*

Kukugxeka nokutyhafisa.

“Bange bagalelwe ngamanzi, balikhasi eli ukoyika, bekhohliwe ukuba bolingena njani na, nangandlela ni na ikomkhulu elo.” (H. M. Ndawo)

757. *Ukulala ngamanzi*

Kukuthi abantu balale bengatyanga nto ngenxa yendlala.

“Baphantse bawa isiduli ngenxeni yephango. Bavumelana ngamxhelo mnye ukuba bazibophe ngokulala ngamanzi.” (H. M. Ndawo)

758. *Ukuseza amanzi*

Ukuthoba izibilini kumntu owothuswe yinto; ukuxolisa.

“Abazali mhlawumbi izalamane zabo be ziya ziseze olunye usapho olusekhaya amanzi, ilizwi lithi baya banchwaba.” (H. M. Ndawo)

759. *Intlanzi etshelwe ngamanzi*

Ukuncama; ukuphelelwa ziinyaniso; ukuphelelwa ngamathemba.

“UNomathamsanqa ngeli xefa unge yintlanzi etshelwe ngamanzi.” (H. M. Ndawo)

760. *Amanz' andonga*

Ngumntu omhle kakhulu, umntu oyintombazana.

“Ibintle intombi kaMnyaka. Ibilubelukazi olumanz' andonga. Ibicombulukile, ifanelekile, iphucukile, ivuthulukile.” (E. S. Guma)

761. *Utshelwe zizicheku*

Ukuncama; ukuphelelwa ziinyaniso. Esi saci sithethwa ngolu hlobo: Isa bonkolo sitshelwe sisicheku.

“Okunene wayetshelwe zizicheku, engazi ukuba woncedwa ngubani na ngemali yokuhlawula amatyala akhe.”

762. Ndiya kuhlamb' ezantsi kwakho

Kutjhiwo kumntu onamathamsanqa, olungelwayo zizinto, ethandwa ngumntu wonke, abanye benga bangasuleleka kuloo mthi ahlamba ngawo.

"'Ndithi mna uNkosazana wabasela ngokwakhe loo ti. Akathumela nokuthumela.' 'Hayi ndiya kuhlamb' ezantsi kwakho ntombi kaKhalipha', yatjho enye.'" (A. C. Jordan)

763. Zisela mfuleni mnye

Zizinto ezivanayo ezo.

"Be sikade singabaqondi, kodwa sithe ngokusoloko siaba bona bekunye sase siqonda ukuba zisela mfuleni mnye."

764. Se kuselwa ngayo

Yinto engundaaba-mlonyeni. Ukuselwa ngayo oku kukuaba kuncokolwa ngayo ezindyaleni. Ngezi mini kuthiwa: Kuphungwa ngayo ikofu.

"Le ndaba se kuselwa ngayo kwelakwaMdingi. Kukho amare athi se ihlwayelekile nakowenu." (H. M. Ndawo)

C. UKUDLA

765. Ukudla ukubila kwakho

Ukuphila ngokuzisebenzela kwakho.

"Safika apho indoda idla ukubila kwayo, umntu asebenze oko liphumile ilanga, aye kunqandwa bubumnyama."

766. Ukutya iindaba

Ukuncokola ngokuzonwabela.

"Waqhwitha woonwaba watya iindaba, akaya kubiza nkosi." (A. C. Jordan)

767. Ukudlel' indlala

Ukubeka umntu ityala engenalo; okanye ukuqhatha.

"Nimdlel' indlala ke noko lo mfana bafu ndini, kuaba animixelelanga ukuaba niya zifihla." (A. C. Jordan)

768. Ukudlis' udaka

Ukwenza into kutjho kungathi abanye abenzanga nto; ukufiyisela; ukuthoba lowo uziphakamisileyo.

"Be sisazi kakade ukuba ukho nje uza kusidlis' udaka, usihlalise phantsi ngomfaneleko."

769. *Ingathi ndimtye ngaphakathi*

Ukuthiya umntu egazini. Utjho umntu othiye omnye, athi kusuke kuthi ma ndihlanze ndakumbo, ndimthiye nje ngobothi.

"Ndisuke ndithi ndakumbo, kuthi caphu-caphu, intliziyo ifune ukuhlamba, ngokungathi ndimtye ngaphakathi."

770. *Ndiludlile olunkonazana*

NokuBa ndonakalelwe ngoku, ndikhe ndaxhamla kodwa. "NakuBeni se ndinje ngoku, andikhalazi, kuBa ndiludlile lona olunkonazana."

771. *Ukudla ubom*

Kuthethwa ukuBa umntu usaphilile, usadla ahluthe, akaBikwa hlaBa.

"La mazimba siwalimela ukuBa sichwayite lo gama sisadl' ubomi." (B. A. Bangeni)

772. *Ukudla ukutya kokuhamba*

Le ntetho ichaza umntu ongenasikhundla, umntu lo ongayaziyo into yokudla endlwini yakhe. Kanti ke kukwathethwa incithakalo yesizwe.

"Ngumntu lowo ongenakuze umfumane endlwini yakhe, ngulowo kuthiwa ngaye udla ukutya kokuhamba."

773. *Ukuzityel' iinto zakho*

Kuthethwa ukusela utywala; ukunxila.

"Wadibana nogxiba olude lomfo omnyama omazinyo amhlophe, into eyambulisa ngesiNgesi, kuBonakala ukuBa izityel' iinto zayo." (G. B. Sinxo)

774. *Ukudlana iintsimbi*

Kuthethwa ukuBa kudiBene iinto ezifanayo, akukho idlula enye.

"BaBefungelene ukuBa mhla BaDibana kuya kudlana iintsimbi."

775. *Udle ukudla kwamdla*

Yintetho ebonisa ukuBa ukonwaBa kwakhe kwaphelela ezintlungwini. Kuye kutjhiwo kumntu osele utywala waza wanxila.

"Sifike sel' eyantaza nokuhamba oku, kucacile ukuBa udle ukudla kwamdla."

776. *Uyaliwa kukutya kokusila*

Kutshiwo kumntu owaliwayo butywala; umntu onxila lula.

"Ningabi samqabulisa nokumqabulisa ngoku, ngumfo lowo owaliwayo kukutya kokusila, sibe asifuni manxila apha."

777. *Ukudlel' indlolothi*

Ukukhohlisa.

"Ungaqali uyamkele loo nto akuxelela yona lowo, wothi kanti ukudlel' indlolothi, asinguye nomntu ukunyhwalaza."

778. *Azidli mmangweni mnye*

Ngabantu abangavisisaniyo; abangaginyaniyo; abange-nabudlelane.

"Andiyi kothuka ukuva ukuza laa mzi uchithakele, kudala sisiva ukuza azidli mmangweni mnye konke yena noonyana bakhe."

779. *Ukudla ngamntu*

Yinto eqhelekileyo kwaXhosa ukuthi lowo ufikelwe lundwendwe alulungiselele kakuhle, kusilwe zindywala, kuxhelwe kuze yiloo nto. Kothi ke ngenxa yoko, ilali ifumane amaqithi-qithi, ibe ke iya dla njalo ngaloo mntu. Kutshiwo nangale ndlela: Ukuphila ngamntu.

"Andisayi kuza sahlukana nawe, mhlawumbi nam ndowelwa zizinto, kaloku kudliwa ngamntu."

780. *Ukudla luhlaza*

Bathi abantu xa bayitshelwe inyama, oko ke kukuyikhana ngamandla, bade bayitye luhlaza; kukufukutha ke oko. Apha kuthethwa ukumnxhamela umntu ungamphi nethutyana lokuza yena angenza nto malunga nokuzithethelela okanye ukuzikhusela.

"Akuva na ukuza sithi usixokile kulaa ntombazana yeLawu? Ngoku ifuna ukusidla luhlaza." (H. M. Ndawo)

781. *Udl' omdlayo*

Butywala obo, kuza umntu obudlileyo buya mdla ke khona.

"Bangade babe baya buthanda utywala, kodwa bode banqhine ukuza budl' obudlayo."

782. Ukudlela emnyameni

Kutshiwo kumntu omana ukulityalwa; umntu ongade aziwe kakuhle.

"Andiyithandi le nto yokumana ndilityalwa, yonke imihla umntu ebuza ukuḅa ndingubani na kanene, ngokungathi ndidlel' emnyameni."

783. Lilamba lidlile

Le ntetho ithathelwe kule nja iliNgesi, kuḅa nokuḅa ihluthi yosoloko ingathi ayikhanga itye. Kutshiwo kumntu othi enze into enkulu, aḅe ngathi akenzanga nto. Ikwalihomba elingaxhaphiyo, njalo njalo ke.

"Lilamba lidlile elo, into echul' ukunyathela, ihomba lenene."

784. Ukubeka umbeko

Umbeko kukudla okuleleyo. Kukuthi into ungayenzi kwa oko, uyibekele elinye ixefa.

"Wandithembisa ukuḅa akakazi kundibetha namhla nje, uza kundibeka umbeko."

D. IZITYA**III. Imbiza, Isitya, Isitheḅe, Ukupheka****785. Ukuphekela ngende imbiza**

Kukwenza amalungiselelo ezinto ezityiwayo; ukuhlinzelwa.

"Uthi akufika emzini umfo oneendaḅa, umfo oncokolayo, aphekelwe ngende imbiza, kuḅe kusithiwa ma ze adle ahluthe."
(Tiyo Soga)

786. Ukuphakela embizeni

Le yintetho ebekiswa kumntu ovimbayo, othi ngokuphakela apho embizeni kanti akuyi kuḅonwa ukutya ukuḅa kungakanani na okuseleyo.

"Asinguye nomfazi ukuvimba lowo, yinto ephakela embizeni."

787. Ukufa kusembizeni

Oko kukuthi, kuthe kanti inkathazo le ilapha kuye. Xa isingisele emntwaneni wakhe, sithi ukufa kusesiswini; size sithi xa ibekise kwaḅanye aḅantu, sithi ukufa kusezizweni.

"Siḅe kubuqa sisiwa ngapha nangapha, hayi ḅo, kwathi kanti ukufa oku kusembizeni, naantsi into kulo mntu singaye."

788. *Ukungaziwa nokuḅa usisiciko sayiphi na imbiza*
 Kutjhiwo kumntu odeliweyo.
 "Lo mfo uhamba nzima noko phakathi kwaaba bantu, ndithe-
 tha mna bamdele abamazi nokuḅa usisiciko sayiphi na imbiza."
789. *Ukuphözisa amasoko*
 Ukuphumla; ukuhlala phantsi.
 "Nditjho ndisithi ke mNtwan' omhle nebandla, ma singabi
 saphözisa masoko. Ma sime ngeenyawo." (A. C. Jordan)
790. *Ukufuna isitya emnyameni*
 Ukufunisela into; ukuphutha-phutha ungenandawo unga-
 bambelela kuyo.
 "Ewe lakha laakho igazi elinzima, elaphalalayo kwinduli ethile.
 Niba nenza imfuziselo, kanti nifuna isitya emnyameni."
 (H. M. Ndawo)
791. *Akanasitya senkosi*
 Ngumntu ongenambeko, ongayaziyo indawo yaabantu
 abakhulu.
 "Noko lo mntu akanasitya senkosi, uyiswele ke kambe le
 nto iyimbeko."
792. *Umfo owazalelwa esithebeni*
 Ngumntu onamathamsanqa. Umntu owafjiywa nelifa
 nguyise.
 "Sisebenza sibulaleka nje thina, kukho abantu abathe gcobo
 bona, kuḅa kaloku bazalelwa esithebeni."
793. *Guga sitheḅe kade usophulela*
 Isitheḅe esi sibaluleke kakhulu kumaXhosa, kuḅa inyama
 yebandla yophulelwa kuso; kambe ke nje nganto zonke, naso
 sibuya siguge. Esi saci sithethwa kumntu osel' egugile, umntu
 obekade eyinto ngeemini zakhe. Yindlela le yokuncoma
 nokuḅonga umntu.
 "Kuvakele ilizwi elibe liphuma kuNtulizempi, lilelokubonga
 inkonde leyo, lisithi, 'Guga sitheḅe, kade usophulela'.
 (H. M. Ndawo)

794. Ukupheka usophula

Into ephekwa isophulwa ayide ilunge, kuBa inganikwa thuba lakuvuthwa. Kuthethwa ukungamniki thuba lakuphumla umntu; ukumovuya.

"Asazi ke namhla nje, kuBa loo Major webongo akakho. Le ntombi ndiza kuyipheka ndiyophula. Ndifung' uma." (A. C. Jordan)

795. Iqhinga aliphekwa

Iqhinga yinto ezizelayo ingacingwanga.

"Bathe noko be besithi baya kumqubula ngemibuzo wasuka wavela kwinkalo ebe bengayinganganga, kuBa iqhinga eli aliphekwa."

796. Ukupheka enye ngomhluzi wenye

Kuye kutshiwo kumzi apho inyama le ingapheliyo. Phofu ke ikwayintetho yamaxeja embalela impahla isifa ilandelelana. Sithethwa xa kukho into engapheliyo, enye emva kwenye.

"Impahla yangenelwa sisifo esingazanga side siqondwe. Yafa kwaphekwa ngomhluzi wenye." (H. M. Ndawo)

797. Ndoyicel' ivuthiwe

Kuthethwa ukulinda de isiqhamo sento sivele, ngakumbi xa iyinto engabonakalisi bunto banto.

"Hayi yona le nto bayenzayo andiyinqweneli nganto, ndoyicel' ivuthiwe."

IV. Iselwa, Umcephe, Indebe, Umphanda**798. Ukutjicela eselweni**

Kuthethwa ukukhalala.

"Sithe sivuma ukuyamkela le nto abesipha yona, wathi kanti sel' etjicela eselweni, oko kukuthi sel' ekhalele."

799. Lwahaanza uselwa

Kutshiwo kumntu ofe ngesiqophe. Ngezi mini kuthiwa: UkukhaBa ibekile.

"Lathi xa livulileyo walahla ngesitibili entlafunweni, waqengqa ugodo kanti luhlazile uselwa." (A. C. Jordan)

800. *Amaselwa asela umoya*

Xa kungekho nto isengwayo, amaselwa eze.

"Kuthe kulo mzi yakuphuthunywa laa mazi inye, kwalila abantwana, kuBa amaselwa aza kusela umoya."

801. *Ukusengela eselweni*

Kukufiya enyanyeni.

"Nguyena mntu be ndimthembile lo, kodwa usuke wasengela eselweni, ndaba ndisele ndedwa ke."

802. *Umcephe ucandiwe*

Ukufana nqwa, amatwa-totse. Xa kwenziwa umcephe kuthatyathwa iselwa licandwe kubini. La macala ke aya fana, aya lingana; umsebenzi wawo kukukha izinto ezimanzi.

"Entla kwakukho iisuitcase ezimbini. Zazifana, ingumcephe ucandiwe. Zazithengwe ngamini nye kuTsolo." (A. C. Jordan)

803. *Ukusela ngendebe endala*

Kudala emaXhoseni be kufuyiwe ngamadoda, iinkomo ezi zilibongo lomfo. Ukufa kwakhe eli lifa lidlulela kunyana wakhe, othi naye abe negugu ngalo, atsho nokutsho ukuthi usasela ngendebe endala. Kuthethwa ukuBa izinto zisahamba kakuhle, nje ngokwakudala.

"Banqhine into yokuba kusalwa ngendebe endala, izinto azinguye uqulukubotho, nje ngelo babeqhele ukuzibona kwelo bavela kulo." (H. M. Ndawo)

804. *Ukudla ngendebe endala*

Yinto enye nokuthi: Ukusela ngendbe eendala.

805. *Ukufaka emphandeni*

Le yindlela amaxhila acela ngayo uxolo xa axabeneyo. Kuthethwa ukuBa ma kuselwe, ilityalwe yonke loo nto.

"Ma singabi sayivusa le ngxabano, se undifaka emphandeni mnta'kabawo, siyilibale."

806. *Ukukroba emphandeni*

Ukusela utywala.

"Bathe besahleli kul' olo hlobo, babona kufika kubo indoda, iye yee xhwenene, kucace into yokuba ikhe yakroba emphandeni." (H. M. Ndawo)

E. UMLILO

V. Umlilo, Ukuphemba, Ilahle, Ukutjha, Umsi

807. *Ukokhelana Umlilo*

UkuBa ngabahlabo; ukuvana.

"Naxa amaMfengu namaXhosa kwakuse kusokhelwana imililo, be bengekade babe ngabantu abakhothana ncam." (Z. Futfhane)

808. *Ukuyithethela emlilweni*

Athi amakhwenkwe xa abonisele intaka, alumke ukuBa angathethi ngayo xa otha umlilo, kuBa kuthiwa yosuka imkisele. Le ntetho ke yenziwa xa kukho nto ibungwayo, kuthethwa ukuBa hleze yonakale ngokusuka ibangazeke.

"Ngathi ndiya bona sinyathela enkundleni kwaDlomo ngaloo mhla mkhulu wethu. Hayi ma ndiyeke, ingathethelwa emlilweni, hleze imkisele." (H. M. Ndawo)

809. *Uphem' efiya*

Ngumntu ohamba ebanga iingxabano kubantu ngabantu, nakwimizi ngemizi, aze ajiye kunjalo, awujiye uvutha loo mlilo awuphembileyo. Kuthiwa nguMasuka-ehlala, uNontsuke.

"Ningamvumeli loo mntu ukuBa eze ezindlwini zenu, kuBa nguphem' efiya."

810. *Ukuphemba ungawothi*

Kutjhiwo kumntu ongazifumaniyo iziqhamo zomsebenzi wakhe, ofiyela aabo balandelayo.

"Wayengumntu ophemba angawothi, kuBa wayengaziniki thuba lokuxhamla iziqhamo zaloo nto ilungileyo abeyenza."

811. *Ulilahle elinothuthu*

Ngumntu ongathi ulungile, ululamile, kanti ngaphakathi uqulethe ububi nokunchola.

"Umfo lo wayehamba icawa, eyotywa nalivumba eli lotywala, kanti ulilahle elinothuthu." (G. B. Sinxo)

812. *Ukuhlala phezu kwamalahle atshisayo*

Esi saci siya zichaza. Kambe ke umntu ohleli phezu kwamalahle atshisayo angayifumana into ayifunayo. Kufana nokuhlala phezu kwezilanda.

"Akagqibanga nonyaka ekwendeni, waquqhumba esithi akanakunyamezela ukuhlala phezu kwamalahle atshisayo kuloo mzi wakhe."

813. *Ukuhlalwa lilahle emhlana*

Ukuḅa nento engonwabisiyo; ukuḅa senkathazweni.

"Inkathazo neenzima endizithweleyo zifana nelahle emhlana, akukho konwaba kum, ndiphele amabongo undibona nje."

814. *Andizi kuḅasa amadaka, ndiza kuḅasa iindiza*

Utsho umntu ongazi kolula ukuthetha, ongazi kwenza luzenge-zenge lwakuthetha kude. Amadaka buḅulongwe obuthe boomiswa, buvutha ixesha elide, iindiza zona zivutha nje ixesha zithi pam.

"Xa nditshoyo andizi kolula ukuthetha, andizi kuḅasa amadaka, ndiza kuḅasa iindiza." (B. A. Bangeni)

815. *Oomayitshhe*

Abantu abanemisindo, abafuna ukuḅa yonke into ibe yeyeziqwayi.

"Oomayitshhe bona babese besithi kudala kuthethwa, ma kubethwe umntu, ibe yinto ephelileyo."

816. *Kwanti-zitshile*

Kwalunkwe; entlango.

"Saya kufika kwanti-zitshile, kulaa mmango ndabona kuwo iinciniba zisilwa zaza zayiyeka ingxabano yazo zakhumbula kum." (S. E. K. Mqhayi)

817. *Ukoja emsini*

Ukuḅa phakathi entweni apho unokuhlaselwa ngokulula.

"Inkosi iyaleze ukuḅa laa madoda ingafuniyo ukuḅa abuye ephila apho emfazweni, aze ojiwe emsini, akhokele ekuhla-seleni."

ISAHLUKO XII

INDLU NEEMPAHLA ZAYO

I. Indlu, Udonga, Iziko

818. *Ukulala ngendlu*

Ukugula.

"Laa mlenze wakhe wakunekayo wamnyanzela ukuba alale ngendlu."

819. *Le nto asiyondhwan' iyanetha*

Le nto ayilula nje ngoko ibicingelwa ukuba injalo.

"Waya enyameni izibilini ziphezulu, kuba wayeqonda kwa ngelizwi likaDabula ukuba lo mcimbi awuyiyo ndlwana iyanetha." (A. C. Jordan)

820. *Namhla ziya kufa iindlwana ezincinane*

Le ntetho isetyenziswa mhla kunzima, kuthethwa ukuba abantu abamizinjana iethe-ethe baya kuma kakubi.

"Asilolanga eli lanamhla, alinamthunzi, iindlwana ezincinane ziya kufa."

821. *Ukuphuma ngendlu*

Kukuthi wonke umntu wayelapho.

"La madoda ale ndawo ayekho kakhulu, ephume ngendlu kwada kwaphuma nasezingqothweni." (S. E. K. Mqhayi)

822. *Nokuba se kunnyama entla*

Nokuba se kunjani na. Ufsho umntu xa azimisele ukuyenza into, ethetha ukuba akukho nto iya kuma endleleni yakhe.

"Isazela sam siya ndixelela ukuba lo mfana ndimaale nokuba se kunnyama entla." (G. B. Sinxo)

823. *Inqaba enqabel' umnini-yo*

Kuxa umntu enza into esithi unqabisela abanye, isuke loo nto ijike naye, imxake nokumxaka.

"Athe la mayelenqe wayewenza okususa laa mntu emsebenzini, aayingqaba enqabel' umnini-yo, kuba ajika agxothisa kwa yena."

824. Iindonga ziwelene

Esi saci sisetyenziswa xa kudibene abantu abakhulu, abantu abanewonga, mhlawumbi baya lwa, okunye baya tshata, njalo njalo ke.

“Ukuba kukhe kwada kwachukunyiswa nokuba inye imfengu, Nozici! iindonga ziwelene, ziwela phezu kwakho ke.” (A. C. Jordan)

825. Lwadilika udonga

Yonakala indaba; kwaxatyanwa; lwaqhekeka udiwu.

“Kwathi kwa ngoko kwavel' elinye igezana lomfana labonga umngani walo, limfudumezela ukuba ma kudilike udonga.” (B. A. Bangeni)

826. Ukufela eludongeni lwamadoda

Ukufa kwegoza; umntu ofe esilwa.

“Athe noko amanye amadoda ajikayo ebaleka, akalunikela umva yena utshaba, esithi uya kufela eludongeni lwamadoda.”

827. Ukukhasela eziko

Kukuzisa engozini, axele umntwana. Kaloku yena umntwana akayazi ingozi yomlilo, kungoko wombona egaqela kuwo.

“Umntu oyile ntanga ndiyiyo sel' efana nomntwana ogaqel' eziko, nam ke se ndixhentsa ngayo le ngoma yombelelwa lulutsha.” (H. M. Ndawo)

828. Ukubikela amaziko

Kukusasaza iindaba kuzo zonke izizalwana, nakubantu abakhanyileyo.

“Ndifuna ukuba bonke abafana basekhaya apha bavuke lingekaphumi babikele onke amaziko ngale ndibano iza kuba lapha ngomso.”

829. Ayithethelwa eziko

Ukungalibangazi ihlebo. Yinto enye nesi: Ayithethelwa emlilweni.

“Ithe le nto kuba iselihlebo, wabona ukuba ma kangayithetheli eziko hleze ibangazeke.”

II. Ingufo, Inxhova, Ukhuko, Intambo, Umtya

830. *Ukubopha ngengufo enye*

Kutshiwo nangale ndlela: Ukwambathisa ngengufo enye; oko kukuthi ke ukudibanisa; ukwenza mfani-nye.

"Amakhwenkwe lawo niwabophe ngengufo enye, isitya sawo sibe sinye ngokwesiqhelo."

831. *Ukuchopha phezu kweengufo*

Kutshiwo kubantu abangenasikhundla, abafuduka imini nezolo. Oku kuchopha phezu kweengufo ke kukuba abanalo nexefa lokukhulula imithwalo yabo. Kuthiwa ngoonothwal' iimpahlana.

"Esi sizwe soonondala asichanwa kakuhle kanye apho sisuka khona, kuba sahlala isisizwe esichophe phezu kweengufo."

832. *Ukwambatha ingufo kaqaqaqa*

Kutshiwo kumntu ofileyo, nosel' enchwatywe.

"Kwafika abantu basemzini babuza umntu othile ababemazi, baxelelwa ukuba lowo sel' ambethe ingufo kaqaqaqa."

833. *Ukuba nguqelezana*

Be kuthi xa kusikwa ingufo yenkomo, kube kho isizi ba ekubanjiswa ngaso xa zinganele ezilungileyo, phofu sibuye siqhaqhwe. Nguqelezana ke lowo. Esi saci sichaza umntu ongumphambukeli, ongenasikhundla.

"Akulungile ukuba iindawo eziphambili zinikwe abantu abangabahambeli, ooqelezana kanye, kuba bosuka bazifiye bafune ndawo zimbi."

834. *Ukuyekelela umxakatho*

Ukuyekelela entweni; ukungayinyamekeli kakhulu.

"Kwaqalwa ukuhlakula se kuyekelelwe umxakatho, efiywa nayedwa ixefa elide kungabi kho nkathazo." (A. C. Jordan)

835. *Inxhova enemilenze*

Le ntetho izekelwe kwezi nxhova zeenyamakazi zama-Xhosa zinemilenzana ejingayo. Icuza ke ligcinwa kwezi nxhova, lide lingene kule milenzana. Uthi ke wakuncaza, asuke umfo aman' ukubula eqongqotha elandula, libe lona

icuba lizele kule milenzana. Inxhowa enemilenze ke yindawo yokufihla; nomntu ofihlayo, iqili, ukwabizwa ngolu hlobo.

"Ungazihluphi ngokubuza nto kulowo, wohlal' esithi akazi nto konke, asikokufihla apho, ngunxhow' inemilenze."

836. *Inxhowa yamanzi*

Umntu olivila; inqeneja lomntu.

"Asimntu ukunqena lowo, negama lakhe se kusithiwa ngunxhowa yamanzi."

837. *Unxhowa ayizali*

Ngumntu othanda ukudla, isidla-kudla. Le nxhowa ke sisisu.

"Ningabambisi abanye abantwana niphike naloo nto ingahluthiyo, ingunxhowa ayizali."

838. *Unxhowa-nkulu*

Sisityebi; umntu onemali eninzi, kuthiwa inxhowa yakhe inde.

"Asinakuphika noonxhowa-nkulu, sizibokoxe, thina senza kanga ngoko sinakho, asinakwenza ngaphezu koko."

839. *Ukubula uboya benxhowa*

Ukuqongqotha yonke into eseleyo; ukuzibokoxa.

"Ngengomso uphindile umzi wadibana, kwaakho nabanye abasabula uboya benxhowa, ithe kanti loo nto iya kwenza amanye amakhulu amahlanu." (S. E. K. Mqhayi)⁴

840. *Umahamb' ehlala ukhuko lwabatshakazi*

Umtshakazi unokhukwana lwakhe angahlukaniyo nalo. UkuBa ngumahamb' ehlala oku kukuBa umtshakazi akanasikhundla sinye, usoloko ethiwe nkxi ngumsebenzi. Kutshiwo kumntu ongenasikhundla.

"Nangona ebefunelwa iindawo ama keme kuzo, usuke waangumahamb' ehlala ukhuko lomtshakazi, efuduka kwasa nje."

841. *Ukutsha ziintambo*

Ngumntu onxhamileyo, ofuna ukwenza into. Le nto ibonakala kakuhle elubalekiseni lwamahafe.

"Ixhego lakwaNgxabane lalikade lisitsha ziintambo lifuna ukuthetha, kodwa uDing'indawo engaliphi thuba." (A. C. Jordan)

842. *Ukuḡamba iintambo*

Kukuthi entlanganisweni umGcini-sihlalo ayiphathe intlanganisiso leyo, kungabi kho kuyekelela.

“Wabanqanda ababini uDing’ indawo (kuḡa ngendlela engaziwayo zazise zibanjwe nguye iintambo) kwathetha uJong’ilanga.” (A. C. Jordan)

843. *Umtya nethunga*

Esi saci sizekelwe endaweni yokuḡa ithunga emaXhoseni be lifakwa umtya, lijingiswa ngawo endlwini, lityathwe ngawo xa kuhanjwayo. Naxa kusengwayo ukho umtya oyintambo. Umtya ke awahlukani nethunga. Kutfhiwo ke kwizinto ezithene nca ngokuthandana, nokuḡa ngabantu.

“Baqhelana loo mini ke aaba bafana, bathi beya kufika eLove-dale babe se bengumtya nethunga.” (A. C. Jordan)

844. *Isanya-mtya*

Ngumntu onyabileyo; umntu ohleli ebuza iimpukane, ekhamisile.

“Sisanya-mtya senkwenkwe loo nto, ayinakuphuma yodwa nempahla.”

845. *Abukho obusetyesini*

Utjho umntu xa axinwe yingozi, atjho ezama indlela yokusinda, kuḡa uḡomi bakhe bonke bulapho kuye, abukho obusendlwini.

“Yasuka yee funqu yonke indlu yafumbatha amanqindi, ndathiwa ntjoo ngamehlo abufamncwafa, ndathi, A! mnta’kamfi, abukho obusetyesini.” (H. M. Ndawo)

846. *Ukuzifaka enkonkxeni*

Ukuzifaka engxakini.

“Be ndiba ndilumkile ekwenzeni le nto, ndathi kanti ndizifaka enkonkxeni.”

847. *Ukuthulela umnqwazi*

Ukuthulela umntu umnqwazi kukuḡonisa ukuḡa lowo ngumntu wewonga; iinkosi; abanumzana; amanene namane-nekazi. Ikwakukuḡonisa ukuḡa umntu wenze into encomekayo.

“Hayi mfo kaNantsi sikuthulela umnqwazi; siya bona ukuḡa uyindoda ngokwenza le nto ude uphumelele uwedwa.”

848. Umntu ngumva wekhabathi

Ungathi ufika emzini ubone ubuhle bezinto ezixhonywe ekhabathini. ibubukhazi-khazi bodwa. Kha ujikele ngemva ke, wofika iluthuli lodwa, nezindlu zezigcawu. Umntu ke unjalo, unamacala amabini, elihle neliibi. Le ntetho isetye-nziswa xa kuvele eli cala libi.

“Woothuka umzi wakuva ukuBa laa mntu be bemenza imbasa, uthe kanti ngumntu weentloni-ntloni, kwacaca ukuBa nene-nene umntu lo ngumva wekhabathi.”

III. Izixhobo, Umkhonto, Ikhaka, Intonga**849. Uxhob' efohlela**

Ngumntu oqula ethukulula; ngumntu oligwala.

“Ithe yakutfho igwatyu ingoma yokuhlupheza amagwala, waBonakala umfo othile emana exhob' efohlela.”

850. Ndizigwaze ngowam (umkhonto)

Ndizenzakalise ngokwam ngale nto ndiyenzileyo; ndizibulele.

“Kwathi kanti ngokwaala kwam akucela uncedo kum, ndizigwaze ngowam, kuBa naanku ngoku esaala naye ndakumcela ukuBa andincede.”

851. Ukuphosa umkhonto

Kukuncedisa umntu ngokumnika izipho.

“Indoda ayidluli kwamanye exakekile, yinto ekhe iphose umkhonto.”

852. Ukuzifaka esikhatheni

Ukuzifaka engxakini, enkathazweni.

“Asikuko nokuBa wayesithi ulumkile ngelakhe ekwenzeni le nto, wathi kanti uya zeyelisela, uzifaka esikhatheni.”

853. Ukhaka-kamphethu

Iwexu-wexu. Umalala-neli-avuke-neli. Umntu ojibilika nanini na ebethenjwe.

“Kungoku nje singena kumcimbi obalulekileyo nofuna umntu onokuthenjwa, ukhaka-kamphethu akanandawo apha.”

854. Ukugungqa ngamakhaka

Ukwenza umdudo wemfazwe.

"Sifike amadoda exhentsa, egungqa ngamakhaka, efuna ukubeka phambili emsini."

855. Ukubeka iintonga emntwini

Ukuthembela kuye; ukuxhomekeka kuye. EmaXhoseni iintonga zizikhali zomntu nesikhuselo sakhe. Ngumntu othenjiweyo yedwa ke ezinokubekwa kuye, kuBa eya kuBa luncedo ngazo.

"Wabulawa sisifo sentliziyo exhuzulwe ngumothuko wokuva ukonakala komntwana wakhe wamaphelo, awayebeke zonke iintonga zakhe kuye." (G. B. Sinxo)

856. Ukuthabatha iintonga

Kuthi emzini ukuBa kukho into exakileyo, engavumi kuqondwa, kuthiwe ma khe kuthatyathwe iintonga, kuthethwa ukuBa ma kuyiwe koosiyazi, abanezandla, ukuya kuBuzisa. Kukuya kuvumisa.

"Into yokujika uBe lihlwempu bumini, asiyiyo nto imnandi, ilula. Baninzi abangathabatha iintonga baye koosiyazi." (E. S. Guma)

857. Igwala liphatha ugqotsho lwentonga

Kubekiswa kumntu othetha kakhulu, kodwa kuthi xa kufikelelwe ekuBeni kwenziwe, ange angachasela ayichwethe loo nto, kuBa engafuni ukuBa imenzakalise.

"Wayesebenza nendoda embi, eyayikwazi ukuthetha, kodwa kuthi kwakuthiwa 'phakathi', isuke ichasele oku kwegwala eliphethe ugqotsho lwentonga."

858. Intonga esekhosi

Ngumntu ekuthenjelwe kuye; umntu oya kuBa luncedo ngeemini ezinzima. Ngumntu oyinqolongi yomnye.

"Kungenzeka umfumane eyintonga esekhosi kuwe. Uze umana usiza naye ngeemini zembizo." (Z. Futshane)

859. Ukulahla iintonga

Ukuncama; ukuphelelwa ngamathemba. Yinto enye nokuthi: Iintonga ziwile.

"Walahla iintonga xa eva yonke indlu imsekela umThembu, esekelwa ziimantyi ezi kanye." (A. C. Jordan)

860. Usemxfholweni

Kuthethwa ukuba nguyena-yena usentweni.

"Walibulela uThemba icebo clo, kuba lalisemxfholweni weengcinga zakhe." (G. B. Sinxo)

861. Ukumisa ngomxfholo

Ukubeka izinto ngolungelelwano. Ikwakukuthetha inyaniso.

"Zithe neendawo abelinga ukuzibeka ngecala engxelweni yakhe, zaphethulwa zamiswa ngomxfholo wazo." (S. E. K. Mqhayi)

ISAHLUKO XIII

UKUZALA, UKULALA, UKUFA

862. *Ukuzalela phantsi*

Ngumntu ofelwayo ngabantwana besebancinane.

"Waba nelifwa lokungabi nabantwana, kuBa wayezalela phantsi."

863. *Ukuzalela endle*

Kubekiswa kumntu lo osuke akafuna kuBa nanto yakwenza nabantu bakowabo, nokuBa zizihlobo, eBa baleka.

"Ndithetha mna usuke waayinto apha ezalela endle, ndithi ndisathi thu aBe sel' egqotsa ukuya kuzifihla ngokungathi andimzali."

864. *Ukuzala kukuzolula*

Utsho umntu xa enzelwe into entle ngabantwana bakhe. Kaloku abantwana aBa bazalelwa ukuBa 'ze BaBe luncedo kuBazali BaBo. Oku kuzolula kumzali kukuphumla; ukuzala ke kunomvuzo wako.

"Yawufiya umzi wakowayo usemaxhaleni. Iphelekwe ngeli lizwi, 'Ndlela-ntle, nyana wam, ukuzala kukuzolula.'" (H. M. Ndawo)

865. *Ukwanda kwaliwa ngumthakathi*

Kutshiwo xa kunconywa intsapho yomfo ngento eyenzi-leyo. Kaloku ligqwira lodwa elihamba libulala abantwana BaBanye abantu, kuBa linomona ngabo.

"Utsho kakhulu uNomathamsanqa elila kalusizi, kodwa ubuye wabulela esithi, Ukwanda kwaliwa ngumthakathi." (H. M. Ndawo)

866. *UkuBa ngundilele*

Ukungathabathi nxaxheBa entweni. Ngexefa lemfazwe yinkosi okanye isizwe esingalwiyo.

"Inkosi yethu enkulu yaba ngundilele kule mfazwe idlulileyo."

867. *Ukulala obentlombe*

Bathi abantu abahamba iintlombe mhla babuya, balale bangothuswa nayimpuku ngenxa yokudinwa. Kutshwiwo nakumntu olele kangako nasengqondweni.

"Kunzima nje ukulala ubuthongo obuhlayo kumzi ongawaziyo, hayi bona balala obentlombe." (A. C. Jordan)

868. *Ukulala ngophothe*

UkuBa lutywantsi; ukubekisa umetyiso ezantsi; ukuBa ludwamba.

"Uthe omnye engaboni waqutyulwa ngasemva bamtsho walala ngophothe."

869. *Ukulala emqokozweni*

Kuye kutshwiwo xa kukho inkaBi engatsaliyo nezinye, eyekeleleyo. Kubekiswa kumntu ongabancedisiyo abanye, ofika ayekelele, ethwalisa nzima aabo basebenzayo.

"Le Nqwelo kaLizwi ihamba nzima nje kungenxa yokuBa kwa lapha kuthi kukho iinkaBi ezilele emqokozweni, ezingatsaliyo."

870. *Ukulala ngenxeba*

Le yintetho yokuthi ngxe, ukuxolisa. Ibekiswa kumntu owoniweyo, nakokhuzwayo, njalo ke. Izelwe kwinto yokuBa isisiqhelo ukudambisa iintlungu zenxeba ngokulala ngalo, nokuBa lingopheli ngaphakathi. Zenje njalo zona izilwanyana.

"Kwezabathandanayo ke iindaBa, uyazi nawe mfundi ukuBa owesithathu ngumnqakathi. Wothi ke ulale ngenxeba nokuBa akuzivanga." (A. C. Jordan)

871. *Kwesikabadakazi*

Ubadakazi yindawo engahlalwa mntu. Apha kuthethwa ezinzulwini zobusuku; okanye ukuBa kobunzulu bona ubuthongo.

"Kwaxhelwa enye imbuzi yomphako, kusenzelwa ukuBa ma lize itshoba lingalali umbethe xa bekwesikabadakazi." (H. M. Ndawo)

872. Ukulala kobandayo

Kuthethwa ukufa. Umhlaḅa ke obandayo linchwaḅa.

"Ndindululwe yinto ekuḅonakala ukuḅa ma ndize kufuna indlela yayo kokwethu apha, ndingekasitheli kobandayo." (H. M. Ndawo)

873. Kufa ayayo

Le yindlela yokukhuthaza umntu ukuḅa enze loo nto kufuneka ukuḅa ayenze, nokuḅa kukho ingozi ehamba nayo.

"Ndimbandaza nje ndenziwa kukuxakwa. Andikwazi ukuthe-
tha into engathethekiyo. 'Kuf' ayayo mfo wam'." (A. C. Jordan)

874. Wafa ehamba

Ngumntu ongasenamsebenzi, othi noko ahambayo kanti ukufa oku ngaphakathi se kwamgqiba.

"Nempundan' ekhoyo ibulele intliziyo, yaf' ihamba yaxel' umkholonjane." (S. E. K. Mqhayi)

875. Ukufa namthanyana

Ukuncama; ukudana. Kukuthi ubulindele ukuzuza umthamo ozeleyo, usuke ungazuzi nto ibekele phi; unga-
hluthi.

"Naye nge wayebethwe kangako, koko kwehla laa mfazi wayekhala enkalweni, wafika waziphosa phezu komfundisi, axakwa ke amadoda ukumbetha, afa namthanyana." (A. C. Jordan)

876. Ukufa kufunjiwe

Le ntetho izekelwe ezinyokeni, ethi noko izisongileyo kanti ikukufa emntwini. Kanti ungathi uyibona iyiloo mfumba, ucinge ukuḅa akukho nto iyiyo. Yiyo nale nto esi saci se sisetyenziswa ukuchaza into engenamsebenzi.

"Kwafikwa efumane waakukufa kufunjiwe phezu komlambo, ehluthi mpu ngamanzi."

877. Wasit sho esofelweyo

Uthi umntu ofelweyo akhale aḅe wofa, iḅe sisijwili esinganyamezelekiyo.

"Wanga angazithwala entloko uyise, asitsho esofelweyo, akuyifumana incwadi evela kunyana wakhe ethetha ngolu hlobo." (H. M. Ndawo)

878. Ukufa luhlaza

Ukufa ngebaqo, ungagulanga.

“Mfo ndini ungaboze uyithethe into enjalo yokuba akukho nto ikukuthakatha, inene uya kufa luhlaza apha.”

879. Intsiza-mbulala

Ngumntu othi ebekuncedile ajike kwa yena akuphange okanye akubulale.

“Asimntu ungathemba luncedo lwakhe lowo, ngumasiza-mbulala, wobuya akuphange.”

880. Undofa-naye

Itjho indoda xa ithetha ngomfazi wayo, nomfazi utjho ebekisa endodeni yakhe. Ngabantu abaya kwahlulwa kukufa.

“Beza eLovedale ke uMthunzini esazimisele ukuBa uThembeka uza kuba ngundofa-naye wakhe.” (A. C. Jordan)

ISAHLUKO XIV
EZAMAGAMA AABANTU NAWEENDAWO

I. Amagama aabantu

881. *Ndiya kukubetha ngolukaBenya*
Ndiya kukuvisa into ebuhlungu. Andimazi lo Benya.
"Asinkosi nokuyithiya into embi, lo mntu wenze le ntlonzi iya kumbetha ngolukaBenya uswazi olubuhlungu."
882. *UDingiwe wadudelwa nguJambase*
Le ntetho ibekiswa kwintombi endala, ese idlulelwe ziimini zokuBa ingabuya yende; intombi esisiJumane.
"Ngenxa yokuBa ebekade esaliwa ngamasoka, ubengasabizwa ngegama lakhe, be kuse kusithiwa nguDingiwe odudelwa nguJambase."
883. *Yimbini yezolo kaGxuluwe*
Le ntetho ivele kwimbali kaGxuluwe nabaThwa. Bathi abafu abakhulu bakuncaza indaba kuGxuluwe, wathuma umntu ukuBa aye kuyizeka ekhaya, kodwa wantyandela ngojiyi ukuBa aze angabuyi. UGxuluwe wabaBulala aabo baThwa encediswa ngomnye umhlobo wakhe. Ayizanga ide ifike loo ndaba. Kuthethwa isithembiso esingaze sizaliseke.
"Silinde sada sancama, le nto yasuka yaayimbini yezolo kaGxuluwe."
884. *Amazwembe-zwembe akwaGxuluwe*
Ukwenza amaBona-ndenzile; ukuxomoloza se kungathi konakele, nje ngoGxuluwe ebaqwe ngabaThwa, kodwa wagqibela ngokuBulala.
"Kwa oko kufike kum ingqondo yokuBa ma ndenze ulutho ngayo le nto, hleze ndisinde, kuBa ukusinda oku komntu ukufumana ngamazwembe-zwembe." (S. E. K. Mqhayi)
885. *Emva komtshato weLawokazi*
AmaLawo ibingebantu benza zintsuku bona xa batshatayo, owaBo umtshato ibiyinto nje yaBumini, bathi befika abeze

esisuseni kube se kwagqitywa, baBe ke baphosiwe. Kuthethwa ukufika emva kwesithonga.

"Kwathi kulalwa kwaBe se kukho abakhoyo komkhulu besithi hleze ngomso bafike emva kokutshata kweLawokazi."
(H. M. Ndawo)

886. *Umona wasemLungwini ubandeza ichitywa ungaliqabi*

Ichitywa yimbola awathi umLungu akufika kweli lizwe wayithabathela kuye warweba ngayo, emonela umXhosa yena uyiqabayayo. Le ntetho ibekiswa kumntu obandeza into angenamsebenzi ngayo.

"Uthe noko yena angaxakekanga wabandeza into ndiyifuna nzima, wazalisekisa laa ntetho ithi umona wasemLungwini ubandeza ichitywa ungaliqabi."

887. *UmMbo nomXesibe*

Inyambalala yaBantu.

"Bafika bona nodaba oluthi asingomntu emaTolweni ngumMbo nomXesibe, yaye impi iya ingena ngokungena." (A. C. Jordan)

888. *Nje ngomdudo kaMapasa*

Into ebukeka kakhulu, enesidima nomfaneleko. UMapasa lo kuthiwa wadudelwa unyaka wonke.

"Zitsho ngento entle nebukakayo iinto zaseMbo, zibetha indlam, zathi iinkonde zamaXhosa zikhunjuzwa umdudo kaMapasa."

889. *Izinto azimnta' kaNgqika*

Esi saci sizekelwe kuMatwa unyana kaNgqika. Le nto ingamatwa zizinto ezifanayo, zilingana nokulingana. Oku kuthi mnta' kaNgqika kukuhlonipha eli gama uMatwa, kuBa lingenakubizwa ngumntu wonke, nje ngoko iligama lenkosi. Esi saci ke sisetyenziswa ukwahlula into kwenye, kuthiwe ezi zinto azimnta' kaNgqika, oko kukuthi azimatwa, azifani.

"Nanamhla oku isekho isaqhubeka loo ntlondi emaXhoseni, nakuba noko ngoku izinto zingasemnta' kaNgqika." (T. B. Soga)

890. *Waya kuma kwaNongxi ngeempondo*

UNongxi lo sisiganyonyo somfo esingoyiswa mntu. Le ntetho isetyenziswa xa othile nokuba unetyala, eza nobunqhina

obungenakufukunyiswa mntu. Kubekiswa nakumntu ohamba ehlokoza abanye, bathi bakumsukela abalekele enkosini yakhe, abangenakuyichukumisa bona.

"Ababanga nakumenza nto kuBa wasuka waya kuma kwa-Nongxi ngeempondo ngokuthetha ilizwi abangafumananga ndlela yakuliphikisa."

891. Ukuthetha uNongqawuse

Kukuthetha into esisimanga, into efana nentsomi. Izelelwe kwimbali yokuxhelwa kweenkomo. UNongqawuse lo wathi abantu ma babulale zonke iinkomo, batshise ukutya, iintlanti zandiswe, kwakhiwe oovimba abakhulu, kuBa ngomhla othile bonke abantu abafayo bovuka, iinkomo zozalisa iintlanti, umbona wokhula emasimini, kuvuke umoya omkhulu ubadudulele elwandle bonke abeLungu. Akukho nanye into eyeenzekayo kwezo zinto.

"O! kazi ooNongqawuse aaba boze baphele nini na kule Afrika?" (A. C. Jordan)

892. Lukhwekhwe lukaNtjweza

Ngumntu osoloko ethe nca omnye ngento engenamsebenzi.

"Wasuka lo mfo wandithi nca, waalukhwekhwe lukaNtjweza, ngemfeketho yento engunobenani."

893. Ucingo lwabaNtsundu

Yintetho esetyenziswa ukuchaza indlela iindaBa ezikhawuleza ngayo. Nangona zingahambi ngacingo lamLungu, zikhawuleza nga ngoko. Le nto ibangelwa kukuBa abantu abaNtsundu ingabantu abathanda kakhulu ukuncokola nokuncokolelana.

"Ucingo lwabaNtsundu lwamfumana esesekhaya uBen, akabanga sazixhamla nokuza nomntu wakowabo." (H. M. Ndawo)

894. Kukuza kukaNxele

Wathi uNxele ukusiwa kwakhe esiqithini saseRobben, wawajiya amaXhosa ewathembise ngokuthi wobuya abuye. Wahlala ke elindelwe kodwa akaze abuye, kuBa wafela apho.

Nayiphi ke into elindelweyo ize ingazaliseki, kuthiwa kukuza kukaNxele.

"Sahlala apho simlindele lada latshona ilanga, kanti sihleli nje silinde ukuza kukaNxele, kuBa akazanga ade afike."

895. Ukutsiba ilitye likaPhungela

UPhungela lo ngumfo owayeweza abantu eNciba. Be kukho ke ilitye apho emanzini aBe ebona ngalo ukuBa angabaweza abantu xa lisavelileyo. Ebethi amanzi akutsiba elo litye, azi ukuBa konakele. Umntu ke otsibe ilitye likaPhungela ngumntu ogeza gqitha, umntu oya engozini.

"Uthe ethetha nje unina baBe besithi ma kangabafundekeli bona, kwaamhlophe ukuBa se belitsibile ilitye likaPhungela."

896. Qabu unoQolomba efile nje

Ezintsomini unoQolomba yayisisilo esibi, esoyikekayo nesikhohlakeleyo ekwakusoyikiswa ngaso abantwana. Wathi mhla wafa kwavuywa zizo zonke izilo kuBa wayegqugqisile ngokuzibulala. Le ntetho ke isetyenziswa xa into embi idlule; okanye umntu owoyikwayo amkileyo.

"Wafika inkosi se iphinde yahlala esitulweni, iincwadi zibotshwe zabekwa kwesakhe isitulo. Wazithi hlasi, khatha enxhoweni kwa oko. Qabu unoQolomba efile nje." (A. C. Jordan)

897. Ubeba uya kuzeka ekaSambuntsuntsu, kanti uya kuzeka ekaSihlongonya

Kula madoda mabini, uSambuntsuntsu lo sisihluthi, isityebi; aBe yena uSihlongonya esisilambi, ihlwempu. Le ntetho isingiswa kumntu owe nganeno kumnqweno wakhe.

"Thelekisa nesi saci: Ubeba uya kwendela enkosini, kanti uya kwendela kumfokazana."

898. Ukusinda ngezikaSibi

Ukubungca emacebefwini, oko ke kukusinda ebunzimeni.

"Inja nokuBa yikati eboniweyo, yinyamakazi leyo. Kakade oku iya kusinda esindayo ngezikaSibi, ife efayo." (S. E. K. Mqhayi)

899. Ugwaz' uTshaka, ugwaz' ebona

UhlaBe emxholweni; uyichanile le nto.

"Wathi kanti ugwaz' uTshaka ugwaz' ebona kule nkosikazi wayifunayo, asinguye nomfazi ukulunga."

900. Ukubetha ngezikaTshiwo

Ukuhamba ngeenyawo. Akuthethwa ukungakhweli kuu-phela, kuthethwa ukunganxibi nto ezinyaweni.

"Kungoku nje sinyathela ngezihlangu, ndaweni yokubetha ngezikaTshiwo." (Tiyo Soga)

901. Ixhama litolwe ngabaThwa

Ebesithi umThwa akutya ityhothama, oko kukuthi inqweme lenyamakazi elidityaniswe nobuBende, asuke acubuke ayotywe ange udle amafutha esandawane, ozele nokozela, aze ke afunyanwe lutshaba esisisulu. Kuthethwa into esisisulu.

"Kwafa ilitye nembokothwe, saza isisalela sabo yaangamachithi, yaangamaxhama atolwe ngabaThwa." (H. M. Ndawo)

II. Amagama eendawo**902. Kukude eBakuba**

IBakuba le lilizwe elikude, ekungekho mntu wakha walifikelela ngokulihambela. Utsho umntu xa asengxakini; oko kukuthi kunzima, kwaye kukude apho kuyiwa khona.

"Wacinga wacinga wawakala esithi, Si! Kud' eBakuba." (A. C. Jordan)

903. UseNko naseBakuba

Uye apho angaziwayo; usemalanda-lahle.

"Kube kubuzwa apho aye khona, kwasuka akwaba kho waziyo, nophendulayo wathi, useNko naseBakuba."

904. KwaCihofe

UCihofe lo sisiziba esiseNxuba apho wathwasela khona uNgqanga ukuze abe ligqira. Salifumana eli gama ngokusuka uCihofe nabantu bakhe beyele khona, base beba ngabantu bomlambo, bengavumeli mntu ukuBa awele ngokuthanda. Kuthethwa ukuthi into etshone khona ayiphumeli ngaphandle. Kuye kutshiwo nakumntu ongaphumelelanga kwinto abezama ukuyenza.

"Asisixeko kungaya mntwana wamntu apho, kukwaCihofe, akuyi lubuyayo."

905. *Kukude eHala*

Ndiya kukufumana nokuba kunini na, kuBa kukude apho kuyiwa khona.

"La makhwenkwe abuqisa amasimi, ndiya kuwafumana nangomso, kukude eHala."

906. *Hamba uye eHala*

Yiya apho uya khona, andinamsebenzi nawe, andikukhathalele. Hamba uye kuzixhoma.

"Undigxotho kakubi emzini wakhe ngokuthi akanaxeja lam, ma ndihambe ndiye eHala."

907. *Ukubuyelela uxel' izulu lakwaHala*

Kubekiswa kumntu ongathi umkile, abuye abonwe sel' ekho. Izulu lakwaHala kuthiwa libetha libuyelela.

"Bahle baqonda ukuba kukho into ayifunayo, kuBa waman' ukungqingqa ebuyelela exel' izulu lakwaHala."

908. *Kukude eLatakisa*

ILatakisa le yindawo efana neBakuba, ilizwe elikude, elingazanga lihanjelwe. Kodwa ke iya chazwa intlalo yakhona. Kuthiwa amasi la atyiwa ngezilanda, impuku ilingana nenkabi yegufa, ikati yona inga ngenkabi yenkomo.

"Wayesithi xa athetha ngaye amncome, amenze afune ukulingana nesigebenga saseLatakisa." (G. B. Sinxo)

909. *Kuxhelw' eXhukwane*

Kuthethwa ukuba kumnandi, kuyolile, kuya vuywa. IXhukwane le yindawana eyayidume ngokuba kusebuhlwentfini obungathethekiyo, apho inyama le yayingaziwa. Be kuthi ke ukuba kude kwaakho othe waxhela, kanti koba ziziyunguma kwilali yonke, kuvuye nosebeleni ngenxa yomhluzi lowo.

"Kwakuxhelwe eXhukwane kuDing'indawo, ngoku kubonakala nje ukuba imbizo iya chithakala ngokungabi kho mvisi-swano." (A. C. Jordan)

ISAHLUKO XV
EZINYE IZACI

I. Binqa, Bala, Banda, Beka, Betha, Bila, Bulela, Buya

910. *Ukubinqela phezulu*

Kukusebenza ngokukhuthala.

"Yayiba yinto ebukekayo ke mhla kukho iqela lasemzini, inkosi idlala ngokwayo, inkosikazi ibinquele phezulu iququzelela abadlali." (A. C. Jordan)

911. *Uya kuyazi into abinque ngayo*

Oko kukuthi uya kuyifumana le nto ikukubethwa.

"Wafho eluma umlomo, kubonakala ukuba, ukuba ebekho loo mfana, ubeza kuyazi into abinque ngayo uNgubengwe." (A. C. Jordan)

912. *Ukubeka ibala*

Ukugxeka; ukungcikiva omnye, umana umkhomba ngomnwe.

"Ewe kunjalo elizweni Nomsa, asinguwe wedwa ohamba ethukwa, ebekwa amabala." (G. B. Sinxo)

913. *Ukwenza into emabalen*

Ukungafihli, ekwenzeni nasekuthetheni.

"Babegujene aaba bantu kuqala, ngeli xesha bahamba emabalen." (H. M. Ndawo)

914. *Umntu obandayo*

Umntu owoyikayo; igwala.

"Ukuba niya banda mna akukude kum efesegu. Ndisenakho ukucothoza ndiye kufika." (A. C. Jordan)

915. *Uggada-mbekweni*

Umntu ozifaka apho angafunekiyo, ongalindeli kumenywa.

"Asingephiki noogqada-mbekweni aaba, abahamba bezithi gxuphu ezintweni zabanye abantu."

916. *Ukubetha ngoyaba*
Ukungayilandeli into, khona ukuze ide ilityalwe, iduke.
"Le nto usuke wayibetha ngoyaba, yanga yinto engenamsebenzi."
917. *Wabetha kooma*
Ukutsho abanye bome imilomo, bangabi nanto yakuthetha.
"Lo mfo wathetha loo mini wabetha kooma, amadoda afana akhamisa apho enkundleni."
918. *Ukubetha ngenzimba*
Ukuthi yabalala; ukungayikhathaleli into.
"Wabonakala kwa lapha uPhekesa ukuaba uya jambajeka. Koko wayehamba nomfo osuke le nto wayibetha ngenzimba."
(S. E. K. Mqhayi)
919. *Undisule ukubila*
Undincamisile; undoyisile; undiphelise amabongo.
"Hayi noko lo mntu undisule ukubila, be ndingamlindele ukuaba uya kundenje nje ukundiphatha."
920. *Wabila waalingugwala*
Wabila wavuza amanzi, wathi gxi, waba ludaka.
"Weza egxadazela enkosini, ebile elingugwala, ekhefuzela kanga ngokuba kwakunzima ukuthetha." (A. C. Jordan)
921. *Umabil' ebanda*
Utywala besiXhosa.
"UMatogu waphuma sel' ephethe le bekilana kuthiwa ngufephiwe, izele yile nto bathi abanye ngumabil' ebanda." (E. S. Guma)
922. *Ukubila usoma*
Ukuaba sengxakini; ukuaba sebunzimeni.
"Kule yokugqibela into, inkolelo ebuthini, abajumayeli bobila besoma, kuaba xa ndijongileyo nje ngathi yendele gqitha kuni." (H. M. Ndawo)
923. *Ukubulela ngesikhohlela*
Kutshiwo kumntu ongenambulelo. Ngumntu onganeli kungabuleli nje kodwa, othi kwa yena akuthuke, akugxeke, akunyelise.
"Ungazidubi ngokumnceda lowo, yinto apha eya kukubulela ngesikhohlela."

924. *Akuyi lubuyayo*

Kukutshona undotshona.

"Wancuma kancinane uMthunzini, ngokwenkwenkwe ethiye isigu, xa ibona umganto usondela kuso, isazi ukuba uya apho kungayi lubuyayo." (A. C. Jordan)

II. *Cima, Chiza, Indaba, Dana, Dlabha, Dlala, Dlubu, Mdaka*925. *Ukucima iintsizi*

Kukusela utywala. Ezi ntsizi zicima kuBa umntu enxilile.

"Kwavakala ilizwi lomfo owehla enkalweni sel' edanduluka evuma ingoma kubonakala ukuba akanantsizi, nokuba ubenazo uzicimile." (A. C. Jordan)

926. *Ukuncima igama*

Ukumbulala. Yintetho yasesikolweni yokuBa igama lakhe licinywa ezincwadini zikaqulumente.

"Wafunga ukuba nabani na akhe wamva emhleka koku kubethwa kwakhe ngamakhwenkwe, uya kuncima igama."

927. *Ukunyela umchiza*

UkusaBa; ukuzimela.

"Koko unkonka wenkokeli akanqwalekanga yena kuliwa nje, usuke wanyel' umchiza, waba uya saba njalo." (S. E. K. Mqhayi)

928. *Yindaba yemilowo*

Imilowo zizizalwana. Xa kuphethwe umcimbi wamaKhaya, nokuba ngowaluhlobo luni na, kusetyenziswa esi saci.

"Unqandiwe akufun' ukungena kule ngxabano, kwathiwa ma kangazenzakalisi ngokungena indaba yemilowo, hleze ijike naye."

929. *Yehl' indaba*

Oko kukuthi kwenzeke into enkulu.

"Athe amadoda akugragramelana enje nje, wath' umntu, 'yehl' indaba'."

930. *Ukudana ube yinko*

Kukuthi umntu adane afumane akhamise umlomo.

"Ndidane ndaayinko ndakuv' ukuBa izithenile yazinikela eNqaBaya kwaBakwaMajeke." (S. E. K. Mqhayi)

931. *Ubed' idlaba*

Ngumntu ongenambulelo. Umntu osuke achase athiye, agalele ngecala leentsaba zomncedi wakhe.

"Lo mntu ufanel' ukubethwa, kuba sithe sakumsiza, wasuka waangubed' idlaba, wasivukela."

932. *Ukudlala undize*

Ukufeketha. Undize ngumdlalo wabantwana.

"Anikazeki mfazi wankosi, nisadlal' undize wabantwana ndijongile nje." (A. C. Jordan)

933. *Ukuyolis' udlubu*

Kukuthetha njalo, ange umntu akaphefumli; incoko.

"Yinto ongafika kuzele kulaa venkile, kuba umnini-yo ngumfo oyolis' udlubu, onamaBali amaninzi."

934. *Ukungenzi nelimdaka*

Ukuthi cwaka tu. Ilizwi elimdaka ke sisithuko nokuBa ssiqalekiso.

"Inkosi iphikele ukutshaya nje iqondele phantsi, ayenzanga nelimdaka." (S. E. K. Mqhayi)

935. *Ukuzenza akunje ngakwenziwa*

UbuBi athe umntu wazenza bunyamezeleka ngaphezu kobo abenziwe ngomnye umntu.

"Uvakele elila esithi; Kunzima phantsi kwelanga, ukuzenza akunje ngakwenziwa." (H. M. Ndawo)

III. Faka, Funa, Ginya, Godo, Gqibelo, Gxala, Hla, Hlaba**936. *Wafakwa amaqhubu***

Kukumtyhafisa; ukugalela umntu ngamanzi.

"Akabanga nakuhambela phambili kwimfundo yakhe, kuba abanye abantwana baphikela ukumfaka amaqhubu."

937. *Ukufun' undikho*

Ukufuna ukulwa.

"Uvakele ekhonya bukhali uAdonisi ngelifun' undikho; uphinda-phindile evakalisa ukuBa uzimisele ebunkokelini." (S. E. K. Mqhayi)

938. *Ukungaginyani*

Ukungevani; ukungabi nabudlelane omnye nomnye.

"Kucacile ukuba abasayi kuze bahlalisane kakuhle aabo, abaginyani."

939. *Ukuqengqa ugodo*

Ukuwisa umntu ngokumbulala. Yinto enye nokuthi: Ukudala ugodo.

"Lathi xa livulileyo walahla ngesitibili entlafunweni, waqengqa ugodo, kanti luhlanzile uselwa." (A. C. Jordan)

940. *Ingqibela-nkqoyi*

Into efike mva; isiphelo.

"Bamhleke bonke elugqatsweni akufika mva, besithi uyingqibela-nkqoyi."

941. *Akaphoswa mgqibelo*

Ngumntu oya njalo ezisuseni, nakwezinye izinto ezinjalo. Ngokwakudala yinkxentsi yelizwe eli lonke.

"Ingaaba lithamsanqa ukuba ungafika esekhaya, akaphoswa mgqibelo."

942. *Ukuba nesigxala*

Ukwenzakala emphefumleni; ukukhathazeka; ukuba nesikrokro.

"Ndithetha mna esi sihelegu sindifiye ndinesigxala ngaphakathi."

943. *Akuhlanga lungehlanga*

Le yintetho yokuxolisa; ukukhuza.

"Size kukukhuza ke, size kukukhupha ehlathini. Sithi akuhlanga lungehliyo, le nto yadalwa kwa sendalweni." (S. E. K. Mqhayi)

944. *Yehl' intlekele*

Yenzeka into embi nebuhlungu.

"Yeha! Yehl' intlekele, babulalana abantu, bizani amadoda."

945. *Amahla-ndinyuka*

Bubunzima, amanzithi-nzithi alo mhlaaba; amajingi-qhiwu.

Uthi uphantsi ube uphezulu, uthi uphezulu ube uphantsi, nje

ngaloo vili inkulu eyabonwa nguMqhayi, u'Khawulezisa amaxeja' igama layo.

"Hayi ke bethu amahla-ndinyuka obu bomi, be singatfho ukuBa laa mfo wayehlutha kangaka, woBa sel' eyinkambunca kuzezi mini nje."

946. *UkuhlaBa umhlola*

Ukufumana esona sizeka-bani sento, into efana nokuya esanuseni.

"Kwakungekho nomoya wokwenza kuvakale nevumba loku kufa kufunjiwe, akukho nantaka yokuhlaBa umhlola." (S. E. K. Mqhayi)

947. *UkuhlaBa ukhangele*

Ukwenza into eyiyo; ukuchana; ukuBa semxholweni.

"Asikuko nokuBa wahlaB' ekhangele ukungaziyeki kuphele iinkomo, kuBa inkomo yinto yomXhosa." (G. B. Sinxo)

948. *Akabikwa hlaBa*

Kukuphila qethe, kude kuthiwe akanawo nalo wempumlo.

"Wayesel' ephile engabikwa hlaBa ngoku umfo omkhulu, kuBa nesi 'sisu' yayiba yinto yeentsuku ezimbini-ntathu achache." (A. C. Jordan)

949. *UkuhlaBa umkhosi*

Le yindlela ekuxelelwa ngayo amadoda ukuBa ilizwe lifile.

"Wema enkalweni umfazi wawuhlaBa umkhosi, amadoda aphuthuma izikhali zawo maphuthu-phuthu.

IV. Hlala, Hlehla, Hlola, uKhooko, Khwekhwe, Lahla, Lamba, Luhlaza

950. *Ngumahlal' ekho*

Yinto eqhelekileyo; into yemihla ngemihla.

"Ngumahlal' ekho kakade ukunukana kwezalamane, ngokukodwa ebukhosini." (A. C. Jordan)

951. *Ukuhlalela ngentlamba*

Ukuthetha kakubi ngomntu; ukungcikiva.

"Kodwa bathe guququ emva kwethuBa, bamhlalela ngentlamba yokumngcikiva lowo ubeliqabane laBo lamzuzu." (Tiyu Soga)

952. *Umahlal' e fu fu*

Umntu osoloko enxilile.

"Wada wanikwa igama lokuḅa ngumahlal' e fu fu, ngenxa yokusoloko enxilile."

953. *Ukuhlehla inyevane*

Kukukhanyela into umntu abeyithethile.

"Sifike sel' ehlehla inyevane, esithi le nto sithi ubeyithethile izolo yena akayazi."

954. *Uyintlolela yombini*

Ngumntu ohlolela amacala amaḅini, okhangelela eli cala neliya. Singathi loo mntu ngumthuthi-ndaḅa.

"Le ndoda iyintlolela yombini, ma igxothwe kule ntlanganiso, kuḅa ezi ndaḅa zethu iza kuzithuthela utjhaḅa lwethu."

955. *Ukulalisa ukhooke*

Ukuzama ukuphozisa isilonda; ukuthuthuzela lowo wenzakalisiweyo.

"Kwakunje kwa kwaḅadala, kusaya kuḅa nje nakwaḅezayo. Asize kuvusa lukhooke kuni, size kulalisa lona." (S. E. K. Mqhayi)

956. *Ukuvusa ukhooke*

Kukuthunuka; ukuvuselela into enge ilityalwa.

"Xa eḅebekisa la mazwi ethetha nathi, eḅengavusi lukhooke lwesigweḅo esenziwa nguQamata phakathi komzi wakowaḅo." (B. A. Bangeni)

957. *Iqhakuva lokhwekhwe*

Yinto ebonisa ukuḅa into ethile, okanye isenzo esithile sibangelwa yini na.

"Sithe sakuwuphanda lo msindo wakhe ungaka, safumana ukuḅa uliqhakuva lokhwekhwe, eyona nto kukuḅa umntu lo ulambile."

958. *Ukulahlela kwesinomhlwa*

Ukuphosa ekulibaleni, kwindawo engenamsebenzi, enkunmeni.

"Wathi efika kwelakowaḅo waḅa sel' engowalahlela kwesinomhlwa ngenxa yobutjhipha ḅakhe."

959. *Into esemalanda-lahle*

Into esekudeni, apho ingaziwayo; phi-phi-phi.

"Unyana wasekhay' apha waya apho angaziwa mntu, emalanda-lahle."

960. *Uya kusinda ngokulambisa*

Le ntetho ivela kwintsoni yenchuka nempungutye, ngokuthi yona impungutye xa ityayo imana isiya kulinganisa ukuba iya kuphuma na kwikotyana ezazingene ngalo, imana izilambisa. Okunene akufika umnini-nyama, impungutye yathi nyubelele, yaxinga yona inchuka, yabulawa. Kuthethwa ukuba umntu uya kusinda ngokovelisa onke amacebo anawo; uya kusinda macebetshu.

"Eli tyala lalo mfo lingathi linzima, ndijongile nje angasel' esinda ngokulambisa."

961. *Umathunyw' angalambi*

Yincwadi (ileta) ebaluweyo, yona ingafuni kutya kwamntu.

"Thabatha lo mathunyw' angalambi umfake eposini, andifumani mntu wokundiyela edolophini, abantu bafuna umphako."

962. *Ukuwenza luhlaza*

Ukwenza umtsi omde, ofana nomtsi wenkawu.

"Uwenze waaluhlaza ukuya kutshona endlwini, waza wasinda ekubethweni."

963. *Lo mntu uluhlaza*

Ngumntu okwada, ongaphucukanga, ongahlambuluka.

"Ningazilandeli kakhulu izinto ezithethwa ngulo mntu, ungomntu oluhlaza uhlobo olu lwakhe."

V. Ukuma, Ukuna, Ngena, Injece, Notshhe, Umnquma, Into

964. *Ukuma nematha*

Ukumangaliswa yinto, uxakwe nokuxakwa yiyo.

"Nangoku ke akazanga alibale kukuqamba imatha. Okuya amxothileyo umfana wasala ezomeleza, ecinga icebo."
(A. C. Jordan)

965. *Ukuma ngomntu*

Ukulindela ukuBa loo mntu ade afike.

"Wada waqwela mhla wafika se kumiwe ngaye entlanganisweni yeetitjhala evuke emini eNcholosi." (A. C. Jordan)

966. *UMakad'enetha*

Ngumntu onamava, okade enethwa ziimvula engenadyasi, kodwa aphumelele. Nguthambo-dala kade bemqongqotha; udiza-dala kade bemkhwahlaza; ugaga oluman' ukuqongqothwa.

"Kuthe kwakuqondakala ukuBa iinkabi zixingile, wasithabatha ngokwakhe uMakad'enetha, wazikhuza, wagxwala, hayi zayincothula."

967. *Unam nawe*

Kutshiwo nokuthi: Unawe nawe. Kuxa kungekho mntu uvumayo ukuBa le nto yenziwe ngubani na. Omnye athi andazi, lowa athi asindim, njalo njalo ke.

"Kusuke kwavuka unawe-nawe ngenye indlela namhla, yaa-ngulo wathi usisinci, yaangulowa wathi akankulu." (S. E. K. Mqhayi)

968. *Ukungenwa yimfuxwa*

Kumntu osuke waalugcwamevu.

"Sifike ingengomsindo, esuke waangameva, efana nomntu lo ongenwe yimfuxwa."

969. *Undingene ingudu*

Ukungenwa umntu ingudu kukusoloko usemva kwakhe, usithi ma kakhawuleze kuloo nto ayenzayo.

"Akandiphanga nelincinane ithuba lokuBa ndiwuphicothe lo msebenzi, usuke wandingena ingudu."

970. *Injece yabantu ababini*

Ngumcimbi wabantu ababini. Ithethwa xa iyimbambano nokuBa yingxabano. Yindlela le yokunqanda umntu ukuBa angazingeni izinto ezikude naye.

"Uthe ngokubona abantu ababini besilwa, wafuna ukunqanda, waza wakhalyelwa ngokuthi ma kangayingeni injece yabantu ababini."

971. *Ngumot fhe*

Yinto engasayi kuze yenzeke; yinto engekhooyo.

"Kuthe ekuphumeni kwelanga lavela eli sithi lelikhulu. Sibe kuqwalasela ingqithi, unotfhe." (S. E. K. Mqhayi)

972. *Ukuba nomnquma*

Kukungafuni kutya, mhlawumbi ngenxa yokungaphili.

"Le nto yakho yokuBa nomnquma kuko konke ukutya okuni-kwayo, ixela ukungaphili kakuhle kwakho."

973. *Le nto iya kuBa nento yayo*

Kukho into enkulu apha eza kuvela, noko ingabonwayo ngamehlo.

"Kuthe nqadalala emva koku, wada wavakala uMancapha esithi—le nto iya kuBa nento yayo. Watfho efoLa idoJa eqhwitha etfhaya." (S. E. K. Mqhayi)

974. *Into ayibethwa ngankana*

Esi saci sithetha ukuthi, musa ukuyikhuphela yonke into oyaziyo kubantu basemzini, abantu abangathenjwayo.

"Sithe sihleli nempi yasemzini waphahluka omnye wethu ngezinto zasekhaya, samkhalimela ngokuthi into ayibethwa ngankana."

975. *Ukuzifikisela entweni*

Ukuzanelisa entweni.

"Safika ingeyonyama kuloo mzi, sazifikisela kuyo, semka izisu ezi zethu zibomvu."

VI. Nwayi, Phalala, Phanda, Phela, Phila, Qhofa, Isanga, Sindo

976. *Kokwabanye nwayi-nwayi, kokwakho goxe*

Ngumntu okhawulezayo ukuthabatha okanye ukwamkela izinto zabanye, kodwa unotfhe ukuBa yena ungaze umbone esahlukana nezakhe. Ngumntu ovimbayo.

"Livimba lomntu loo nto, umntu ongafika esithi nwayi-nwayi kokwabanye, kodwa athi goxe kwezakhe."

977. *UkuBa manyonyana*

Kukukhathazeka; kukho intjukumomo ekhooyo.

"Sithe sakufika wasuka waamanyonyana, akaBonakalisa kukhuleka nakuvuya akusibona."

978. *Lo mntu uphalele*

Lo mntu uchithakele; akanakhaya.

"Yena uNdimeni, wathi akudibana nonina-lume, zaphalala iinyembezi, wavakala esithi, 'Ndiphalele, andinabawo, andinama'." (G. B. Sinxo)

979. *Ukuphanda idlaka*

Idlaka asinto ikhe iphandwe, ngaphandle kokuβa liphandwa ngamagqwiya. Ukuphanda idlaka ke kukuvuselela into eβimelwe kukuyekwa ilityalwe; kukuvusa amathambo.

"Hayi mfo ndini, kaloku le ndawo se iqunjelwe. Akusekho nto ngoku, musa ukuphanda idlaka." (B. A. Bangeni)

980. *Uphela-sonwabe*

Kutjhiwo kumntu ongenangomso lanto. Udla ahluthe onwabe ngoku, axele abaThwa, ababesithi ukuβa βafumene ixhoβa balixhele liphekwe qole, kuβethe kuhluthe nenja nexhalanga, nentaka ixhwitha kwa lapha. Boxhimfana naloo nyamakazi ide iphele. Nguphela sonwabe ke lowo.

"Wabaxholisa kakhulu ngokusuka ukutya βakuphathe kakubi ngolwaa hloβo, βenze uphela-sonwabe."

981. *Kuphilwa phi?*

Yindlela umXhosa aβuza ngayo ukuβa kuselwa kweyiphi na imizi.

"Kuphilwa phi na ke Dlamini? Ndifile yindlala, oko kusile nje andikhange ndiβuβone konke." (B. A. Bangeni)

982. *Lo mntu akanamiphula*

Oko kukuthi lo mntu akanangqondo kakuhle. Ngale mihla se kusithiwa: lo mntu akanazipeni.

"Sibe kuβuza kulo mntu into eβe siyifuna, wasuka waphikela ukuhleka sada saqonda ukuβa hayi lo akanamiphula."

983. *Ukuziqhwalelisa*

Kukuzenza umntu ongazi nto, kanti uyazi; ukuzifihla.

"Uthe ukuqala kwakhe ukucengceleza le nto ngentloko waman' ukugingxiza, ekhubeka, kodwa kwacaca ukuβa uya ziqhwalelisa, uya yazi."

984. *Iqho fa elingenamnxhuma*

Yimali le yeza nabeLungu. Ikwaliqhoja elingenamlomo.
 "UNtsikana wawalumkisa amaXhosa ukuBa aze alumkele
 iqhoja elingenamnxhuma eliza nabelungu, kuBa lingumpham-
 banisi."

985. *Kuhlangene isanga nenkohla*

Yinto exakileyo nesisimanga. KudiBene iinto ezixakileyo
 zombini.

"Asazi ke namhla kweli tyala, kungathi kuhlangene isanga
 nenkohla, nomHlekazi akaBonisi lusu luhle."

986. *Intsinda-badala*

Liqhina eloyisa nabantu abadala ukuBa bangalicombulula.
 "Uthethe wathi, akasayi kuze asilibale nanini isenzo eso
 enziwe sona ngokukhululelwa iqhina elibe liyintsinda-badala."
 (H. M. Ndawo)

987. *Eligwele ngumsindo*

Ebila ukuBa nomsindo oku.

"Ekufikeni kwakhe emfazini, akaBonanga nto intle, kuBa
 ufike umfazi ebinqele phezulu, eligwele ngumsindo, ebetha
 uNdimeni." (H. M. Ndawo)

988. *Ukuzeka kade umsindo*

UkuBa ngumntu onomsindo oza kade.

"Lo mfo ngumntu ozeka kade umsindo, kodwa apho aBe
 nawo khona, iBa lulwabici, kunqandwa into enganqandekiyo."

989. *Ukusuka amadlu*

Kukumana ususela uya uBa mnandi ngakumbi. Kuku-
 mana utwela usenza amatshamba.

"Wabonakala eman' ukusuka amadlu, kwacaca ukuBa uzidle!
 iinto zakhe."

990. *Intsusa-mabandla*

Unobangela wento.

"Siya kuzama ukuyifumana eyona ntsusa-mabandla yale
 mbambano."

VII. Siya, Thetha, Tsiba, Ntsomi, Thunga

991. *Ufiyw' enkangala*

Ukufiywa elubala, wedwa, entlango.

"Nendlela yabo ngeli xeja yayise isenkangala se benqwena ukunga se benga bangade bafike ebantwini." (H. M. Ndawo)

992. *Ukufiya nento fela*

Le ntetho ivela emdlalweni wabantwana, icekwa. Kukuβa cekwa linaye, ufiywe yedwa nemhemhe yakhe.

"Bathe besakubona ukuβa iqhinga lakhe alilungi, bamfiya nentofela, bathi ma kazibonele iinto zakhe."

993. *Zifiyana ngotyefezo*

Oko kukuthi zifiyana ngokucotha.

"Asazi ke namhla kolu gqatso, zofiyana ngotyefezo, kukade zizondene kakade."

994. *Ukufiywa enyanyeni*

Ukufiywa elubala, entlango, wedwa; ukuyekelwa.

"Basuka bandifiya enyanyeni, ndasala ndimoka-mokana naloo nto ndodwa."

995. *Ukufiya ongalaziyo*

Ukuthetha afiye alilibeleyo, athethe izinto ezintle nezimbi.

"Wathetha wabathuka ebacukeza, wafiya angalaziyo."

996. *Ukufiya nenkwitshi*

Ukuβa netyala elingahlawulwanga.

"Wothi wakufika umsila wengwe βose βeqonda ukuβa namhla kunamhla, bafiyelwe inkwitshi, igunya lamagunya ke elo." (T. B. Soga)

997. *Umntu oyintsomi*

Ngumntu omncinane kakhulu ngesithomo, ongathi xa umbonele kude ugqibe uthi ngumntwana.

"Sasise sive lukhulu ngaye, salindela ukuβona umakhakhamela womfo, sasuka safikelwa yintsomi yomntu."

998. Ukuthetha intsomi

Ukuthetha into, okanye ukwenza ibali ekufika kuBe nzima ukulikholelwa.

"Ara! ngab' uthetha laa ntsomi yakudala, kwakusithiwa kwathi inyok' enguMajola, ehlonitshwayo ngamaMpondomise." (A. C. Jordan)

999. Ukuthetha wophele

Umntu ukuthetha azanelise, ajiye alilibeleyo.

"UkuBa uyiyeye yathetha yophela le mpi, waphumelela wena ekuyixoliseni uze wazi ukuBa lixolile." (A. C. Jordan)

1000. Ukuthetha utyhatyiwe

Kukuthetha ngokungakwekwi; ukuthetha okutsolo.

"Xa nditshoyo, ndithetha phandle, 'utyhatyiwe', kuBa andinguye owakwamfihlo." (B. A. Bangeni)

1001. Ukuthetha amatswele

Kukuthetha ubuxoki; into engavakaliyo.

"Sithe sakubuzisisa ngale nto, wasuka wambandaza wathetha amatswele, into engavakaliyo."

1002. Lo mntu uya tsiba

Ngumntu ongaphole mpo, umntu ohamba-hambayo; ukutsho ke uya thakatha.

"Abantu abasathandi ukuya kuloo mzi, okoko kwathi kwavakala ukuBa umnikazi-mzi uya tsiba."

1003. Ukuthunga amabenya

Ukunyhwalaza; ukukhohlisa.

"Basinda ekuBanjweni ngokusuka bathunge amabenya, kwaza kwaBa kho ukunganqhinelani kweentetho."

1004. Ukuthunga inqu

Kubekiswa kumntu othanda ukuqhula abanye; umntu ohlekisayo; incoko.

"Akungeqiniseki nokuBa ezi zinto azithethayo ziyinene na, kuBa ngumfo apha othanda kakhulu ukuthunga inqu, umqhuli wenene."

1005. Ukuthunga icebo

Ukwenza icebo; ukuzama iqhinga.

"Ma singafumani sihlale apha, ma sithunge icebo lokusikhupha kule ngxaki singene kuyo."

**VIII. Thunzi, Twa, Thwala, Ameva, Xaka, Xhuma,
Zeka, Amazwi**

1006. Akanasithunzi

Ngumntu ongenasidima; umntu odelekileyo.

"UThembeka wayephele isithunzi nje ngaye nawuphi na umfazi owaliwe yindoda." (A. C. Jordan)

1007. UkuBa nesithunzi

Kutshiwo kumntu ondilekileyo, ohlonelweyo nowoyikwayo. UkuBa nesithunzi yayiyinto exatyisiweyo kakhulu, kanga ngokuBa iinkosi be zisebenzisa amayeza afana nobulawu, ukuBa ziBe nzima, zingajongeki.

"Ubengemntu kulula nokuya kuncokola naye, kuBa ubenesithunzi, esoyikeka."

1008. Izinto ezingamatwa-totse

Le nto ingamatwa zizinto ezifanayo zilingana, kuthiwe zithe nqwa, zithene totse, zingamatwa-totse. Ngale mihla se kusithiwa: Yifeleni nefeleni.

"La mawele ayefana ngayo yonke into, ingamatwa-totse."

1009. Ukuthwala intfinga

Kuthethwa ukuzidla ngokufanelekileyo ngento oyenzileyo.

"Ubenconywa umntu akuzaqhuba iinkomo, atfho athwale intfinga." (T. B. Soga)

1010. Ukutafuzis'ameva

Ukuthi ngxex; ukucela uxolo.

"Siya kuva mntwan' enkosi utafuzis' ameva nje, kodwa sixakiwe kuBa akoniwanga thina. Koniwe oomawokhulu." (A. C. Jordan)

1011. Ingxuba-kaxaka

Into exakileyo; isiphithi-phithi sento.

"Lidabi elo elibe yingxuba-kaxaka, kwaanzima nokuBa singalamla."

1012 *Wokhul' exhuma*

Kuthethwa ukuḅa umntu uya kuḅa mdala ngaphambi kwexefa lakhe, ngenxa yeenzima aza kuzifumana.

"Kanti yena wayehlekela phakathi, esithi, 'Efike emaMpondo-miseni nje loo Zwelinzima wokhul' exhuma. Ndiza kumphulula ndimalise buu.'" (A. C. Jordan)

1013. *Ukuzekwa-mzekweni*

Le ntetho ibekiswa kumntu othi kuḅa kuchatshazelwe into abekade eyilindele, abe sel' esukela phezulu.

"Wasel' esithi, kuḅa kuthiwe chapha egameni naye alivayo, wazekwa-mzekweni, wasel' esithi gungqu endlwini." (W. K. Ntsikana)

1014. *Ukufukutha amazwi akhe*

Kuthethwa ukungawakhathaleli amazwi akhe. Umntu oyikhathaleleyo into ethethwa ngomnye ukhe ayipheke, ayinambithe, eve ubuncasa bayo, angayidli luhlaza.

"Ndiyazi kakade ukuḅa kuthethe mna nje, amazwi am aza kufukuthwa, kuḅa kuthethe into engento."

1015 *Ukukhothela emazwini akhe*

Ukukhothela emazwini omntu kuthethwa ukuḅa umana ukhetha ezo ndawo uhamba nazo, uziyeke ezo ungaziginyiyo. Kuthethwa ukuḅa umntu ma kangawobolozeli, ma kakhethe, alume elahla.

"Ngumfo onzima ukuthetha naye, kuḅa wosuka aman' ukukhothela emazwini akho, uḅe ke wena ungazi ukuḅa ngawaphi na kanye la angawafuniyo."

(ISIPHELO SECANDELO LOKUQALA)

IZACI NAMAQHALO ESIXHOSA
ICANDELO LESIBINI
AMAQHALO

ISAHLUKO I

IZILO, IZILWANYANA, IZINAMBUZANE

I. Indlovu, Ingwe, Inyathi, Inyoka, Iramncwa

1016. *Indlovu ayisindwa ngumboko wayo*

Sithi xa siyijongile indlovu le, umboko wayo ungathi wawungafuneki nganto, ngumthwalo nje obufanele ukuḅa yingxaki, kanti ke akunjalo, uya funeka kuḅa unomsebenzi wawo. Kuthethwa ukuḅa wonke umntu umelwe kukuwuthwala umthwalo wakhe neengxaki zakhe, nokuḅa ngathi zinzima.

"Kwezinye iindawo kwakufuneka emfunqule uJujuju, kwezinye embeke emagxeni. Indlovu ayisindwa ngumboko wayo."
(Z. Fufshane)

1017. *Ingwe idla ngamabala*

Kuthiwa kunzima ukuyahlula ingwe ehlosini kuḅa ziyelene kakhulu, ngokugquma kwazo, ubufalaḅume, kwa nange-miḅala yazo. Be kufuneka ke ukuḅa ziqatshelwe ngobuchule zonke iimpawu zengwe, ngakumbi amabala ayo. Ulusu lwengwe lusiwa komkhulu, kwenziwe umnweba owambathwa ziinkosi nangamaphakathi. Olwehlosi lona ulusu lwenziwa izidaḅane. Eli qhalo ke lithetha ukuḅa umntu woyisa ngemi-sebenzi yakhe, ubonwa ngayo nangezambatho zakhe.

"Abanye bathetha naye bengamazi—amehlo akhe ayengena-mḅizane na? Uncumo yonke loo nto! Ingwe idla ngamabala, nengwekazi ikwanjalo." (G. B. Sinxo)

1018. *Inyathi ibuzwa kwabaphambili*

Kuthi xa kusenqhina, nokuḅa kuphunywe iphulo, amazi-zingela wona, iinqhawa zokwenene, azihambi zifathula ematyholweni zibulisa, koko zihamba zibuzisa, zilanda nomkhondo, kuḅa kukho izilo eziyingozi nje ngenyathi le,

kufuneke yaziwe apho ingakhona ize ingabaqubuli. Eli qhalo lisetyenziswa ikakhulu ukucebisa aabo baqalayo ukusebenza. Lithetha ukuba yinto elungileyo nebululumko ukubuza kwaabo baziyo, nakwaabo banamava.

"Wathi noko afikayo, weenza iinguqu-inguqulo ezininzi ezamxabanisa nabantu kuba engabuzanga kubo, kanti ke inyathi ibuzwa kwaabaphambili."

1019. *Nok' inyoka ifileyo, ithambo layo lihlabane umntu afe*

Umntu uya hlalya lithambo lenyoka ekuudala yafayo, kunjalo nje linge lisenabo bonke ubuhlungu baloo nyoka. Ke eli qhalo lithethwa xa kukho nto ebe ise ibulityalwa, isuke ivuke yenze isivube-vube sengxabano engaphele ndawo.

"Se kuyiminyaka elifumi eli tyala lathethwayo lagwetywa, kodwa kusaman' ukwenzeka izinto ezisisiqhamo salo, kambe ke kakade nok' inyoka ifileyo, ithambo layo lihlabane umntu afe."

1020. *Isilo esinamandla sesidlayo*

Ukuze umntu awenze unsebenzi wakhe ngokufezekileyo, ngenyameko nangokukhuthala, kufuneka aye ngumntu odlayo ahluthe.

"Babesoloko bemangalisiwe ukuba kwathi ni na yena le nto wahlala ekhuthelile; wathi isilo esinamandla sesidlayo, uzigcine ngesisu sakhe yena."

1021. *Esihleliyo sidl' ukuhlala, esiphilayo sesithwehwayo*

Eli qhalo lizekelwe ezilwanyaneni zasendle, zona ongefika zithwehwa ukuya kufuna ukutya kwazo nokwamathole. Ke umntu olivila uya kuphelela apho ekuhlaleni angazuzi nto, kanti yena okhuthelileyo ohamba ngesithwakumbe, uya phila ngokuzisebenzela oko.

"Ibingumfo okhuthelileyo, esenza imisetyenzana apha naphaya, kuba esazi ukuthi esihleliyo sidl' ukuhlala, esiphilayo sesithwehwayo."

1022. *Akukho ramncwa lingaqumiyo kowalo umnxhuma*

Noyena mntu uligwala uya zikhusela kowakhe umzi. Ungabona nesona sinambuzanana ukuthimbisa kweyaso indlu xa sifikelwe lutjhaba. Sonke isilo sakubaqwa, singacela

ngasemnxhunyeni waso. Nomntu ke, noyena udeliweyo, uzibona ubunto nobunganga endlwini yakhe. Yiyo le nto amaNgesi athi: Ikhaya lomntu yinqaba yakhe.

“Nakubeni wayedume ngobugwala, bathi bakumfikela esendlwini yakhe, wakha wathimbisa, kuBa akukho ramncwa lingagqumiyo kowalo umnxhuma.”

II. Inkawu, Imbila, Iqaqa, Impuku, Ucwethe, Isele

1023. *Inqweme lenkawu lidliwa babini, owesithathu ngumnqakathi*

Kuthiwa zimbini izinto eziyole ngokuncamisayo kwaabo bayidlayo inyama yenkawu, ngumhluzi wayo nenqweme. Kodwa into engalityalwayo kukuBa intloko nezandla neenyawo zinqunyulwe zilahlwe, kuBa zifana nezomntu. Eli nqweme ke lincinane kakhulu, lanela nje baBe babini owesithathu asilele. Kuthethwa eli qhalo xa kugqugulwa into ngabantu abathile bodwa.

“IbaBuzo imvela-phi, nalapho basinga khona, besidla inqweme lenkawu nje phakathi kwangaka wona amaRamncwa.” (H. M. Ndawo)

1024. *Imbila yaswel' umsila ngokuyalezela*

Kukho imbali ethi: Kudala kwamiswa usuku lokuBa zonke iinyamazana ziye kwamkela imisila enkosini yazo. Ithe imbila ngokuva ilanga lihlaBa kamnandi, nangokunqena ukuhamba, yasel' iyaleza enkawini owayo. Inkawu isuke yawuthanda yawuhlomela kulowo wayo, yasel' iBa nogqajolo lomsila. Kuthethwa ukuBa ungathembi omnye umntu kwizinto zakho; ukuBa ufuna umsebenzi wakho ugqitywe kakuhle, wenze ngokwakho.

“Akavumi ukude ayiqonde into yokuBa kunyanzelekile ukuBa azenzele iinto zakhe, ngokungathi akazi ukuBa imbila yaswel' umsila ngokuyalezela.”

1025. *Iqaqa aliziva kunuka*

Iqaqa sisilwanyana esinevumba elibi. Yinto ethi isakuBa nomsindo, litsho nevumba lalo libalasele; phofu lona aliziva ukuBa liya nuka, kuBa naaku lizikhola kangaka. Kutshiwo kumntu ozibona ubunto engeni; umntu ongaziBoniyi iziphoso

zakhe, ohlala ebona imikhwa engathandekiyo kwaBanye, kanti unengaphezulu ukungathandeki kwayo.

“Yinto ongafika inyalasa, indolosa, phofu ingeni yanto, kuyinene oku kuthi, iqqaqqa aliziva kunuka.”

1026. *Neqaqa liya gquma kowalo umnxhuma*

Lithi iqqaqa xa lixinwe zizinja, litsho ngento embi yongqu-mo, nezinja ezo zikhe zibuye umva kukothuka. Kwa ngalo elo xa likhupha into enganyamezelekiyo yevumba. Ngako oko ke wonke umntu mkhulu kweyakhe indawo.

“Siqondile namhla ukuba neqaqa liya gquma kowalo umnxhuma kuba akasiphanga nelincinci lokuthetha akufika endlwini yakhe.”

1027. *Impuku ayivalelwa neempuzi*

Impuku iphila ziimpuzi, ngoko bubudenge ukuzivalela kunye. Yinto efana nokudibanisa inchuka nebokhwe, okanye impungutye nozanisi, iinto ezingevaniyo. Kuthethwa ukuba musa ukumngenisisa omnye umntu ekuhendweni.

“Nje ngokuba engumntu obuthathaka kakhulu kwicala lento eselwayo, singaba sivalela impuku neempuzi ukuba singamfjiya eyedwa apha.”

1028. *Ungaphathi mpuku-mbini, enye iya kukuphunyuka*

Kutshiwo kwaaba bantu bazele ngumnyu, athi endaweni yokwaneliseka koko anako, afune ukuphatha ngaphezu kwamandla akhe, aze ke alahlekelwe nayiloo ntwana ebenayo. Ungayibona loo nto kumntu onyolukileyo, ezalise umlomo ngenyama, asuke axakwe kukuyihlafuna, agqibele ngokumiwa yiyo.

“Akunakho ukuzenza zonke ezi zinto ngaxefa-nye, yenza ibe nye uyigqibe, ukhumbule eli qhalo lithi, ungaphathi mpuku-mbini, enye iya kukuphunyuka.”

1029. *Ibuzi libonwa ngolaleleyo*

Izinto ezilungileyo neziluncedo zifunyanwa ngulowo uzi-funelayo.

“Ma singafumane sibe sigolozwe apha, singe silindele imana, ibuzi lona libonwa ngolaleleyo.”

1030. *Nocweth' uzibon' ubukhulu*

Ucwethe sisilwanyanana esincinanana kakhulu. Kodwa ke naye uya zitsho. Nomntu olihlwempu uzifanisa nesityebi, uzibona ubunto.

"Nangona be singamazele nto, usuke wasixaka namhla, wanga ngumakhakhamela womntu, sabona ukuba nocweth' uzibon' ubukhulu namhla."

1031. *Akusele lingalunguziyo emnxhunzeni walo*

Isele lithi nokuaba lihleli esizibeni salo, limana ukukhangela ukuba akukho lutshaba na kufuphi, nokuaba alinakho na ukuphuma libethwe lilanga, lifumane nento etyiwayo. Ngako oko umntu kufuneka ukuba akhe awenze amalinge entweni, wothi kanti uya kuphumelela.

"Kuthe noko kungathi akukho ndlela yampumelelo, balinga kuba akukho sele lingalunguziyo esizibeni salo."

1032. *Unonkala uthombile, amasele aya ngqungqa*

Nangona unonkala lo namasele kuhlaliwa kunye emanzini, akukho kuvisisana kwanto. Uthi ke ukuba unonkala uthombile, oko kukuthi akakho, uwabone amasele ukuvuya, evuma iingonyana zawo, kutshotshwa kwa lapha. Yinto efana neli lamaNgesi lithi: Yakumka ikati iimpuku zisala zidlala.

"Uthe akuphuma apho endlwini, yavakala ingxolo yabantwana ukudlala, kuba kaloku akuthomba unonkala amasele aya ngqungqa."

III. Impukane, Imbovane, Umzondo, Inyosi**1033. *Akukho mpukane inqakulela enye***

Elowo umntu ma kazilungiselele okwakhe.

"Wabaxelela oonyana bakhe ukuba bakhe kwixabiso lokuaba bazisebenzele ngoku, akukho mpukane inqakulela enye."

1034. *Imbovane iya lithwala inyiki*

Ungamangaliswa kukuabona imbovane ithwele into enkulu yenyiki, iliquqa, isithi ni, kodwa iya kuda iye kufika nalo endlwini yayo. Kutshiwo kwaaba bantu baman' ukuthi izinto ezithile abanakuzenza, zinzima, kwatshwa kwacima, kwathi ni.

Kukukhuthaza umntu ukuba ayenze into ngokuzimisela, nokuba ngathi inzima kangakanani na.

“Uvakele esithi hayi yena ngoku woyisakele, akanamandla okuwuthwala yedwa lo mzi wakowabo: waxelelwa ukuba nembovane iya lithwala inyiki.”

1035. Intlwa ayibanjwa ngentloko isavela

Umntu ma kangayinxhameli into ade aqiniseke ukuba imi njani na. Yinto efana nokuphendula umbuzo ungawuvinga. Ngako oko ke, linda ude ubone. Intlwa zezi mbovane zibabayo emva kwemvula.

“Ndicela ukuba lo mfo anganxhami ngokundiphendula ndingekagqibi, ayilungi into yokubamba intlwa ngentloko isavela.”

1036. Umzondo awuziva kunuka

Umzondo asikuko nokuba unevumba elibukhali, kanti kwa nje ngeqaqa awuliva eli vumba. Kubekiswa kumntu onemikhwa emibi nengeyiyo, angayiboniyo yena.

“Aside siqonde ukuba kuthe ni na le nto azicingela kangaka ade ange ungumntu naanko, kambe ke kuthiwa umzondo lo awuziva kunuka.”

1037. Iinyosi zibenza zibutya

Iinyosi xa zenza ubusi, zilungiselela ubusika apho zihlala phantsi zidle iziqhamo zomsebenzi wazo. Nangeli xefa kanye zibenzayo, ziya tya. Apha kuthethwa ukuba umntu udla iziqhamo zomsebenzi wakhe.

“Bathe bakubuza le nto wasoloko waxhela, wabaxelela ukuba neenyosi zibenza zibutya, naye ufuyele ukuba atye.”

1038. Zingasuzela zityebile

Xa kuphakulwa iinyosi, kuqondwa ngokusuzela kwazo ukuba okunene zityebile; kanti xa kungekho nto, azidli ngakuluma. Le ntetho isetyenziswa xa othile asuke abe lugcwamevu ngumsindo xa kuthethwa ngento ethile ekuqondakala ukuba iya mchukumisa, ange ayingephathwa.

“Usuke wandweba, wagragramela wonke umntu ofuna ukumbuzwa ngale nto yenzekileyo, kwacaca ukuba uya yazi, kuba zingasuzela sukuza zityebile.”

ISAHLUKO II

IINTAKA

I. Ngeentaka, Isikhova, Isagwityi

1039. *Kungaf' intaka enkulu amaqanda aya bola*

Ezintakeni, kuthi ukuze amaqanda afukanyiweyo angaboli kusoloko kukho intaka ehleli kuwo, inkunzi nemazi zihlalisane kuwo. Ebantwini, abantwana abasakhulayo bagcinwa nge-nyameko enkulu ngabazali babo. Kuthi ukuaba abazali abasekho, ngakumbi uyise, kuqale kuBonakale ngendlela le baziphethe ngayo, okanye ngoBunzima ababuthweleyo, njalo njalo ke, ukuaba akukho mzali. Ngamanye amazwi kuthethwa ukuaba kuyonakala, kuchithakalwe.

"Kambe ke yakufa intak' enkulu amaqanda aya bola. Umpa-yipheli wahamba nazo yen' iintsiba zakhe. Akusekho mzi apha, Zulu." (A. C. Jordan)

1040. *Intaka evuka mva ikholwa zizagweba*

Kubekiswa kwaaba bantu basuka kade ekwenzeni into, umntu abe eziziliza axeleinja iza kulala. Naxa kuzingelwayo kakade, yintaka evuka mva ethi ibethwe ngenduku.

"Indoda yinto ethi yakufika kwisigqibo esithile, isebenze ingathandabuzi, kuaba intaka evuka mva ikholwa zizagweba."

1041. *Intaka evuka kuqala yeyona isindayo*

Umntu okhawulezayo ekwenzeni nasekusukeni, nguye ofumana izinto ezilungileyo, osindayo naselutshabeni. Intaka evuka kuqala iya sinda ezagwebeni, kuaba nabazingeli baba bengekhalungi.

"Nibokuziqhelisa into yokucinga nokusebenza ngokukhawuleza kuaba intaka evuka kuqala yeyona isindayo."

1042. *Akukho ntaka inokubaba ngephiko elinye*

Abazingeli-ntaka bona bayazi ukuaba intaka eyaphuke iphiko elinye ayibi saba nakho ukusinda. Kuthethwa ukuaba phambi kokuba umntu enze into, ma kaqiniseke ukuaba unazo

zonke izinto ezifunekayo; nokuḅa naye onke amandla akhe aphelele. Kukwathethwa ukuḅa yonke into inamacala amabini.

“Kule ngxoxo siya kuthanda ukukhe siweve onke la macala, kuḅa akukho ntaka inokubaba ngephiko elinye.”

1043. *Intaka yaakha ngoboya benye*

Sifumana ukuḅa iintaka ezininzi zaakha izindlu zazo ngoboya bezinye iintaka, buḅoya ezihamba ziḅuchola-chola, azixhwithi apha kwa kuzo. Kuthethwa ukuḅa ma kuncedwancedwane.

“Ndamangaliswa kukuḅona amadoda endibukele ndisebenza nzima, phofu esazi ukuḅa intaka yaakha ngoboya benye.”

1044. *Intaka ayaakhi ngoboya benye*

Eli qhalo lingathi liya phikisana neli lithi: Intaka yaakha ngoboya benye. Kuthethwa ukuḅa elowo umntu ma kazizamele iinto zakhe, angaxhomekeki kwaḅanye ekulungisweni kwazo.

“Uthe ngokusoloko ekhathaza efuna ukuncedwa, ḅada ḅamxelela aḅangakhathaliyo, ukuthi intaka ayaakhi ngoboya benye, ma kazizamele.”

1045. *Umnxeba wokubabisa awubi mkhulu*

Xa kwenziwa izabatha zokubabisa intaka, akufuneki ziḅe zikhulu kuḅa intaka leyo yozibona, ingaḅi saya. Kanti koḅo ḅuncinane ḅazo ziya yiḅamba intaka enkulu. Apha kutethwa ukuḅa izinto ezincinane zinokonakalisa izinto ezinkulu.

“Umḅanjwa akaqondanga ukuḅa ngelizwana nje elincinane uthe kanti uya ziḅintyela, kuḅa umnxeba wokubabisa awubi mkhulu.”

1046. *Isikhova sidla ngeso laso, esimehlw' ankungu sifa yindlala*

Eli qhalo lizekelwe ekuḅeni isikhova siyintaka ezingela ngobusuku, sithi kuḅa amehlo aso aḅukhali, siḅe nakho ukuzifumana ezo nto siphila zizo, amasele, iintakana neempuku. Sithi ke esise sigugile singasaḅoni kakuhle sife yindlala.

“Aḅantu ḅaḅemangalisiwe ukuḅa yena oḅu ḅutyeḅi ḅakhe ubufumana phi na, waḅaxelela ukuḅa isikhova sidla ngeso laso, esimehlw' ankungu sifa yindlala.”

1047. *Isagwityi esivuka mva sikholwa zizigweḅa*

Eli qhalo linye neli: Intaka evuka mva ikholwa zizagweḅa.

II. Inkuku, Inkwali, Idada

1048. *Umdla-nkuku wafa yindlala*

Kambe ke umntu oziqhelise ukudla inyama yenkuku wothi afe yindlala mhla zaphela. Kutshiwo kwaaba bantu bakhetha ukutya okuthile, bakucekise oku, bakunyelise okuya. Athi ke wona amaxeja endlala afike, anyanzeleke umntu ukuaba atye nasiphi na isithebe esithe sabekwa phambi kwakhe, kungenjalo abe wolamba.

“Noxola ke bethu, umdla-nkuku wafa yindlala ekhay’apha, thina siphila zezi nkohe, nangala manzi kanonkala.”

1049. *Inkuku ingalilisela iqanda lelayo*

Kuthi ukuze kuqinisekwe ukuaba isikhukukazi esithile siya beka, kuviwe ngokulilisela kwaso. Zikwakho phofu nezingamaxoki, ezimana ukutsho, kanti nento ukuaba zikhe zabeka. Kubekiswa ke kumntu osuka aman’ ukunokoza into engenani nokuaba be kungathethwanga nto ngayo. Loo nto phofu ibangelwa kukuthi umnini-ndaaba lo asuke abe nonyungu ngokuthi le nto yoda ivele, kanti njalo uya lilisela.

“Isazela asimphanga thuba, waman’ ukuthetha ngale nto, wada wanelwa ngamadoda, ngokwazi ukuaba inkuku ingalilisela iqanda lelayo.”

1050. *Isisila senkuku sibonwa mhla ligquthayo*

Kuyinene ukuaba isisila senkuku, indununu ke, asinto ifumana ibonwe ngaphandle kwamhla kugquthayo. Eli qhalo lithetha ukuaba izinto ezininzi, amahlebo, izinto ezifihlakeleyo, zivela mhla kukho iingxoxo ezifufu. Abantu abamisindo ifihliweyo babonwa mhla kukho iingxabano, njalo njalo ke. Yimihla ke leyo ekuthiwa ngayo iziqu zemithi zibeke phezulu.

“Le ngxoxo ifufu kangaka ivelise iinto ebe singazazi, kambe ke kakade isisila senkuku sibonwa mhla ligquthayo.”

1051. *Akukho nkwali iphandel’ enye, eyenje njalo yenethole*

Inkwali yintaka efana kakhulu nenkuku, yahluke ngokuaba yona ingenasisila, ingumnqini, yaye ihlala endle. Inkuku ke ziphila ngokuziqhwayela ukutya, zisenzela namant’ont’o azo. Ungawubona nomqhagi wakuvumbulula into ubize iimazi ukuaba zize nentsapho. Kuthiwa nakudala emaXhoseni

indoda ibiphandela oonyana bayo izikhundla zobuphakathi komkhulu. Kuthethwa ukuβα elowo umntu ma kazizamele okwakhe.

“Sidiniwe ngaaba bantu bahamba benqhiba ngokungathi sisebenzela bona, kanti akukho nkwali iphandel’ enye, eyenje njalo yenethole.”

1052. *Idada lidada kwesalo isiziβα*

Kuthethwa ukuβα wonke umntu uyinkosi kweyakhe indawo, ngako oko ke akukho mntu uthanda ukuza kuchukunyiswa ezihlalele.

“Kukho abantu abangaqondiyo ukuβα idada lidada kwesalo isiziβα, bafune ukuhamba beboxa kwimizi yaβanye abantu.”

ISAHLUKO III
IZILO ZASEKHAYA

I. Inkomo, Imazi, Inkunzi, Inkonyana

1053. *Inkomo enot shobo ayinqandwa*

Utshobo sisifo apha esiyenza inkomo iphambane, ibaleke igqibe imimango isenza ingozi. Noko injalo ayinqandwa, kuBa iya kudala ingozi engaphezulu. Lithethwa kumntu oneenkani, ofika aqinise intamo ekwenzeni into, kuthiwe ke ma kangandwa hleze aBe yingozi.

“Uthe ukuthetha oku wahamb’ apha, wasuka wafuna ukuhlaba abantu, kwaqondakala ukuBa ufana nenkomo enotshobo, ma kangandwa.”

1054. *Inkomo ihlinzwa cala nye*

Eli qhalo lisetyenziswa ukuchaza lo mbuso womLungu esiphantsi kwawo. Eli cala lihlinzwayo linenyama leloMlungu, kanti eli lingahlinzwanga lingenanyama leloMntu oNtsundu. Kuthethwa ukuBa kulawulwa ngamandla.

“Ngumbuso mni na lo apho inkomo ihlinzwa cala nye, safa ke thina bantu singenazwi lakuBusa.”

1055. *Inchwaba lenkomo lisesiswini*

Kutshiwo emagqobokeni wona athi sisoono ukutya into ezifeleyo; kanti ngokomntu oNtsundu inyama ayilahlwa, ngaphandle kweyoomalahlwa nofele, izinja namahafe.

“Ngabantu baphi na aBa bathi le nyama ma ilahlwe? Madoda asemzini, inchwaba lenkomo lisesiswini.”

1056. *Ubuso bendoda ziinkomo*

Xa kuthethwa ngendoda akutshiwo ukuthi imbi, kuBa obayo ubuhle abukho apho ebusweni, kodwa busemfuyweni yayo. Yiyo le nto ungaBona intombi entle itshate umfo onxhathu, kujongwe ubuhlanti bakhe.

“Ubebahlekisa abantu xa kuncokolwayo, athi noko yena angajongekiyo, iintombi zona aziyikhathalele loo nto, kuBa ubuso bendoda ziinkomo.”

1057. *Indoda engenankomo ayibazi ubuhlanti*

Ibongo lendoda nganye buuhlanti bayo, oko kukuthi liqela leenkomo enazo. Umzi ongenabuhlanti, akukho mzi apho, nabahambi badlula ngendlela. Eli qhalo libonisa ukudlelwa kwehlwempu. Kaloku inkundla yobuhlanti beenkomo yindawo engcwele yokwenzela amatheko anje ngokuguqa kwentombi xa iya ekwendeni; unyana ovela esuthwini wandlalelwa khona ukhuko, ade nomnini-khaya anchwatyelwe khona.

"Ma singathi xa siphethe amatheko anje, sibe siphazanyiswa ngamadoda angenankomo angabaziyo ubuhlanti."

1058. *Indoda engenamalusi, iinkomo zayo zaluswa yintengu*

Le ntetho ivele ekuheni intengu le iyintaka ethandana neenkomo. Zothi ke iinkomo ngokuva ikhwelo layo, zihlale ndaweni nye, kunge kukho bani uzalusileyo. Namakhwenkwe aya yithanda le ntaka, kuBa xa ikho afumana ithuba lokulala nokudlala.

"Yaphel' imihlambi kaZanemvula zizandawana namaxhwili, kazi uhleli apha nje, uthi yaluswa yintengu na!" (A. C. Jordan)

1059. *Ikhaf' oyisengayo*

Akukho nto inokukwenza ingozi ungayiqalanga ngokwakho. Kaloku nemazi yenkomo edume ngokukhaba, ayihambi ikhaba abantu nasemimangweni, yolinda ide ibe iza kusengwa.

"UkuBa uthukwa yintombi kungenxa yokuBa iqalwe nguwe ngokuyincokolisa, ibe ke ithi intetho, 'ikhaf' oyisengayo'."

1060. *Inkomo isengwa ngoyaziyo*

Ukuze uyenze kakuhle into kufuneka uyiqonde uBe namava ngayo. Yiyo le nto ungaze ubone uhlatywa okanye ukhatywa yinkomo ngayaziyo.

"Nangona ndiyintloko yalo mzi, kodwa nje ngomfiki, ndifuna ukufunda kwaBadala balapha, kuBa inkomo le isengwa ngoyaziyo."

1061. *Inkomo enomlomo ayinamasi*

Kudla ngokuthi ezi mazi zithanda ukunxakama, zide zibuye nasendle zifuna amathole azo, kanti akulele nto, ziziqhaga nje zakusengwa. Iintsengwanekazi zona ungafika zithe cwaka, umana usiva nje ngomnewino wazo. Kunjalo

nasebantwini, aabo banga kungasoloko kuviwa amazwi abo, akulele nto, ngamahamte nje enza ingxolo.

"Izithethi ezininzi apha ndingazifanisa nenkomo enomlomo kanti ayinamasi, andide ndive nto kanye kanye ziphezu kwayo."

1062. *Inkunzi iya zibeka ayibekwa*

Yinto eqhelekileyo le ezilwanyaneni. Ithi inkunzi yakuzibona ukuaba isexabisweni lokuaba ingawuphatha umhlambi lowo, imane inxwala leyo isesihlalweni, kanti yoda iyoyise, ibe ke iya zibeka njalo. Kuthethwa ukuaba elowo umntu ma kazilwele, azibonele.

"Se kukade ebamise bume abantu efuna ukubaphatha, athi ukuaba ethethiswa abaxelele ukuaba inkunzi iya zibeka ayibekwa."

1063. *Akukho nkunzi zikhonya buhlantini bunye*

Akukho bantu babini banokuphatha mzini mnye.

"Wanyanzeleka ukuaba unyana wakhe omkhulu aye kumcelela inxowa kwenye indawo, kuba kungekho nkunzi zinokukhonya buhlantini bunye."

1064. *Ayibaleki zibayeni zibini*

Akukho mntu unokukhonza iinkosi ezimbini, abe mkhulu kuzo zombini.

"Ade amaphakathi ambaqa into ayiyo, ambonela indawo yakhe, kuba ebezama ukukhonza iinkosi ezimbini, engazi ukuaba ayibaleki zibayeni zibini."

1065. *Ayikhabi zibayeni zibini*

Kutshiwo kumntu ofuna ukuphatha kule mizi yonke, axelelwe ukuaba unokuaba yinkunzi kowakhe umzi kuuphela.

"Uthe kuaba edume ngokuaba yingwalyalala kowakhe umzi, wafuna ukwenje njalo nakweminye, kanti ke kuthiwa ayikhabi zibayeni zibini."

1066. *Inkonyana ikhethwa kusakhanya*

Yinto enzima ukwenza nanto ni na xa se kumnyama, nje ngoko yaziwayo inkathazo yokukhetha amankonyana koonina ebumnyameni. Kuthethwa ukuaba umntu ma kalisebenzise lonke ithuba analo.

"Safika kuloo mzi wonke umntu ehamba ngezintya, kusetyenzwa kuqhum' uthuli, indoda enkulu ibamele ngokuthi inkonyana ikhethwa kusakhanya."

1067. Akukho nkonyana yakha yadloba nkundla mbini

Akukho mntu unokukhonza iinkosi ezimbini, hleze ayithande le, ayithiye leya. Naye ngokwakhe kuya kuBa kho eya kumdela kuzo.

“Wayeba yena uya zilungiselela ngokuBa ngumbolo-mbini, kanti ulibeke ukuBa akukho nkonyana yakha yadloba nkundla mbini.”

1068. Inkonyana itsiba apho unina atsiba khona

Kaloku inkonyana yona ayiyazi ingozi yayo, kuuphela nje ijonge unina, ithi ke ngokutsiba apho atsibe khona, kanti iya kwenzakala. Le yindlela yokuyala umntu ukuBa alumkele ukulandela umzekelo ombi.

“Kuthe kuBa inkonyana le itsiba apho unina atsiba khona, wasuka lo mfo wemka nehloombe lamadoda akowabo, kanti uya kwenzakala njalo.”

1069. Amankonyana alandela oonina

Athi apho avulelwe khona amankonyana, eve ekhondweni loonina ukuBa akaluswanga. Anendlela yokubalanda nokuba ebengabaBonanga apho batjhona ngakhona. Eli qhalo ke lithetha ukuBa umntu uya vela ngesimilo nokuba abaziwa abantu bakowabo. Lilonke ke kuthethwa ukuBa abantwana bafunda koonina, bafuze ooyise.

“Wathi akuziphatha ngohlobo olwasuka lwaxaka abantu, kwathiwa ma khe kulandwe isinqe sakhe, kwafunyanwa ukuBa amankonyana alandele oonina.

1070. Oxhela eyakhe akabuzwa

Umntu ofuyileyo angenza akuthandayo ngempahla yakhe, kungabi kho bani ubuza nto ngaloo nto. Kukuthi ke umntu ma kayekwe enze akuthandayo ngezinto zakhe.

“Ude wadinwa ngulo mntu usoloko embuza ukuBa ezi zinto uzenzela ni na, wamphendula fufu ngelithi, oxhela eyakhe akabuzwa.”

II. Izinja**1071. Inja ayimki apho ikhe yafumana khona ithambo**

Izinja, ngakumbi ezilambayo, zizinto ezihamba kule mizi yonke zikhangela ukuBa zingachola ni na. Ithi keinja apho

izuze khona ithambo, ise imana ukuya khona, ide iphelele apho, ngokungathi le nto yelo thambo yinto yemihla ngemihla. Ufho umntu okhe wafumana uncedo ekuthini, esithi angabuya eze kufuna olunye. Ukwenza into kujika kufane nomkhwa.

“Aniyi kudinwa ke mzi wakowethu ukujonga iintwana ezinje ngathi nje, niyazi ukuba inja ayimki apho ikhe yafumana khona ithambo.”

1072. Inja ayimlumi umnini-yo

Eli qhalo kulunyukiswa ngalo umntu owenzakaliswa ngabahlabo bakhe, kuza engacingi ukuza bangaze bamlume.

“Uphoswe ngumsebenzi wakhe ngokuthemba into ethethwe ngabahlabo bakhe, kuza esithi inja ayimlumi umnini-yo.”

1073. Inja ikhotha eyikhothayo, zingaba mbini ziya kothana

Oku ke kukubuyisela ubulungisa ngobunye. Kude kuthiwe abantu baba ngabantu ngokukhothana, yinja into ezikhotha ngokwayo. Ukutsho ke, umntu ngumntu ngabanye.

“Ubona nje thina maXhosa siphile kukwenzelana ububele, kambe ke nenja iya yikhotha eyikhothayo.”

1074. Inja ixhapha amanzi ngolwimi

Kuthethwa ukuza umntu ma kazingise, uya kuphumelela. Ungathi manga xa ubukele inja isela, ukuza yoda ikholwe na koku kulenca amanzi ngolwimi.

“Bathe bakufun’ ukutyhafa wabakhuthaza ngokuthi ma baqhube, nenja le ixhapha amanzi ngolwimi ide ikholwe.”

1075. Izithuku-thuku zenja ziphelela eboyeni

Okunene nokuza inja ibilile, loo mbilo womela kuyo, kungekho bani uzixhamla ngokuyisula, inye into enokuyenza kukuzivuthulula ngokwayo. Eli qhalo lithetha ukuza izinto ezenziwa nezithethwa lihlwempu azidli ngakukhathalelwa. Kutshiwo nakumntu lo onomsindo ongamsi ndawo.

“UNomathamsanqa usebenze ngokwekhoboka imihla nezolo, izithuku-thuku ziphelele eboyeni nje ngezenja.” (H. M. Ndawo)

ISAHLUKO IV

UMZIMBA NAMALUNGU AWO

I. Umzimba, Umlomo, Izinyo, Umqala, Ufele, Inkqayi

1076 *Umzimba waziwa ngumnini-wo*

Isoloko iyinyani le nto, kuBa nokuBa umntu uya gula, okanye ukhathazekile, ezo nto ziya kwaziwa nguye kuuphela, ziviwe ngaye. Kuthethwa ke ukuBa ungazingeni izinto zomnye umntu ngaphandle kwemvume yakhe.

"Uthe akungavumi ukuya emdlalweni, asaba sambuza sizathu, kuBa umzimba waziwa ngumnini-wo."

1077. *Umlomo awunasiziba*

Kutsho kakhulu abantu abathanda ukuthetha, kuBa besithi imilomo yeyabo, kunjalo nje ayinaziziba, ngako oko abanakunqandwa mntu. Kuthethwa ukuBa umntu ma kathethe kuBa umlomo awunamkhala. Kuye kutshiwo nakuBahambi kuthiwe umlomo awunasiziba, ize bayibuze indlela xa banga-yaziyo, bacele nokutya apho balambe khona.

"Benza isiphithi-phithi sengxolo, bengeva kunqandwa, bephe-kele ukuthi imilomo yeyabo, kwaye ayinaziziba."

1078. *Izinyo eliqaqambayo liviwa ngumnini-lo*

Elowo umntu uya zazela apho kunzima khona. Iingxaki zaziwa ngumnini-zo.

"Ubukho bethu abuncedanga nto, kuBa umnini-ndaba usuke akasixelela nto, kanti ke izinyo eliqaqambayo liviwa ngumnini-lo."

1079. *Kuhla ngamqala mnye*

Oko kukuthi, ukuBa uya ndivimba ezakho izinto kuBa ulungelwe wena, nam ndiya kwenje njalo ndakulungelwa. Eli qhalo liye lisetyenziswe ngamayolisa anamhla, xa umntu azinxhala ngeendidi zokutya, athi zonke zihla ngamqala mnye, ziya kuphelela siswini sinye.

"Akuncedi nto ukuza kufuna nto kum, ube wena ubundi-bandezela ezakho izol' oku, kaloku kuhla ngamqala mnye."

1080. Ubuhle buphela ngofele

Kuthethwa ukuba nokuba umntu mhle ngenkangeleko, unokuthi kanti ngaphakathi mbi. Yiyo le nto athi umntu xa afuna umfazi kuthiwe ma kangakhohliswa lufele olu, aluna-msebenzi kakade, into efunekayo emntwini sisimilo ukuba sihle, esingaxhomekekanga lufeleni sona.

"Wafika kwinto emhlophe nje ngekeleko, umlomo uzele ziinkooko, buphele pam ubuhle bakhe, kuba le nto ibubuhle iphela ngofele." (G. B. Sinxo)

1081. Inkqayi ingena ngeentlontlo

Izinto ezinkulu zineziziqalo ezincinane. Kuye kutshiwo xa kuyalwa umntu owenza into engathi incinane, imbi noko, kuba kuyaziwa ukuba iza kuya isanda, imxake ekugqibeleni. Imilambo emikhulu iphuma emithonjaneni emincinane; nemithi emikhulu ivela kwiimbewana ezidelekileyo.

"Waphikela ukumana esela utywala esithi buliyeza, saye simxelela ukuba inkqayi ingena ngeentlontlo, kunamhla nje nje, ulinxila laloo lali."

II. Iliso, Umbombo, Izandla, Impumlo**1082. Iliso liwela umfula uzele**

Iliso lona liya yinqwenela into nokuba umnini-lo akana-ndlela yokuyifumana, kuba libona nalapho umntu angenaku-fikelela.

"Kuthe iliso kuba liwela umfula uzele, ndafumana ndaane-minqweno endingayifikelelanga kuba ndingenazintsiba."

1083. Umona usuka esweni

Umntu umonela omnye ngenxa yokusuka abone into yomnye lowo, abe sel' eyinqwenela. Ukubona into kukuyifuna.

"Lo mntu undimonela ezi nkomana zam akaswele nto naye, nto nje ubona ndinentsi nam, ube ke umona lo usuka esweni."

1084. Ibongo lingaba likhulu umbombo uya qhoja

Akulungile ukuzingca okanye ukuzigasa kakhulu ngento oyiyo, mhlawumbi into oyenzileyo, hleze ubuye udane, oko kukuthi ke ugobe umnqonqo. Ngamanye amazwi kuthethwa ukuba ikratji landulela isiwo.

"Uthe namhla akuzibona eluthuthu olu liphango nodano, wathi kunyanisiwe ukuthi, ibongo lingaba likhulu umbombo uya qhoja." (H. M. Ndawo)

1085. *Igugu lingaba likhulu, umbombo uya qho ja*
Linye eli qhalo neli lingentla.

1086. *Izandla ziya sulana*

Abantu baba ngabantu ngokuncedana. Litjhiwo nangale ndlela: Izandla ziya hlambana.

"Ibe ngulowo wahamba ngeyakhe indlela wazama ukwenza into eyeyakhe yedwa, bathi kuba belibekele ukuaba izandla ziya sulana, abaphumelela."

1087. *Unyawo alunampumlo*

Eli qhalo libekiswa kwaaba bantu banomkhwa ombi wokugxotha abahambi emizini yabo. Kuthethwa ukuaba umntu ma kabaphathe kakuhle aabo bantu, kuba akazi apho unyawo lwakhe luya kumkhokelela khona ngenye imini, lunokumsa kulaa mntu wamgxothayo. Xa lithethwa lonke kuthiwa: Unyawo alunampumlo, alujoji; alunamehlo aluboni, luyimpumputhe nje.

"Nje ngokuba usigxotha nje emzini wakho, unyawo lona alunampumlo, mhlawumbi woze uhlwelwe kweyethu imizi."

III. Umhlana, Idolo, Umlenze, Uhlaanga, Isisu

1088. *Akukho qili linokuzikhotha umhlana*

Kutjhiwo xa umntu azama ukwenza into engaphaya kwamandla akhe. Kambe ke nesona silumko, iqili ke, asingebi nakho ukuzifikelela emqolo sizikhothe ngolwimi.

"Bamcebisa bonke ukuaba ma kafune uncedo kule nto, ingaphaya kwakhe, kuba akukho qili linokuzikhotha umhlana."

1089. *Ungevi emadolweni ungekaphakuli*

Uthi umntu akubonisela iinyosi, ahe sel' eguqa ngamadolo evuya. Eyenza nje loo nto akakaphakuli, akazi nokuba bukho na ubusi. Ngamanye amaxesha umntu udibana nenkunzi yenyoka. Abantu abaqhele ukuphakula bona baqala bafake intonga, zithi ukuaba iinyosi ezo zinyuka ngayo base besazi ukuaba kukho inyoka. Ngako oko ke ungaqali ngokuvuya nokuthakazela nokuyekelela umzimba ungekaqiniseki ukuthi uphumelele.

"Ukuze uphumelele kweli lizwe, kufuneka ukuaba uqale uqiniseke ngento ukuaba uyifumene, ungasuke uve emadolweni ungekaphakuli."

1090. Ukufa kusemlenzeni

Ukufa oku sihamba nako. Umntu ufa nokuba kuphi na, nokuba kunini.

"Akungekholwa ukuba lo mntu kuthiwa akasekho, umke apha ekhaya kusasa nje engabikwa hlabi; yinene into yokuba ukufa kusemlenzeni."

1091. Uhlaanga lophi kuuphindwa

Ufho umntu xa anqhina into ese ithethiwe, efuna ukuba inge iya ngena kwaabo ibithethwa kuho. Uhlaanga olungo-phiyo kakade luya phindwa, ukwenzela ukuba elo yeza liza kufakwa lingene, lihambe nemithambo leyo yegazi. Litshiwo nakuyiphi na into ephindwayo.

"Andiyi kolula ukuthetha. Ndingasuke ndithi, nto kaSifuba, aya bulela amakowenu la, athi kakade iintlaanga zopha kuuphindwa." (B. A. Bangeni)

1092. Isisu somhambi asingakanani singaphambili, ngemva ngumhlonzo

KwaXhosa abahambi ibingabantu abakhathalelwe kakhulu. Ubekhwazwa umhambi ezihambela ngendlela ukuba akhe eze kufumana amanzi. Wobuzwa ke lowo imvela-phi apho aya khona, nokuba ngumfo wasemanini, kuho nobuhlobo ibiyinto ekwakhathalelweyo. Kutshiwo ke kubantu abagxotha abahambi emizini yabo. Umhambi akafuni nto ingako nakoko kutya, sesisu sakhe kude kuthiwe singa ngesentaka. Umhlonzo ke ngumqolo.

"Yinto ni na le imbi kangaka bantu basesikolweni, yokugxotha abantu, anazi na ukuba isisu somhambi asingakanani singaphambili, ngemva ngumhlonzo?"

ISAHLUKO V
AMAZULU NENDALO NGOKUBANZI

I. Ilanga, Umso, Ukusa, Inkungu

1093. *Ilanga alitshoni lingaphumi*

Nokuba umntu usezingxakini ezimbi nezinzima, ukutsho ke etshonelwe lilanga, liyeza ixesha ekuya kubuya kuthi gabu, kubuye kube semini nakuye.

"Kunyanisiwe ukuthi alitshoni lingaphumi, be ndingatsho ukuba laa mfo angabuya avuke phantsi kwalaa mithwalo ibiphezu kwakhe."

1094. *Alitshoni lingenandaba*

Ulowo umhla uneento zawo, ezintle nezimbi. Imini nganye inesifundo nolwazi nodaba eza nalo.

"Ewe kambe ntombi kaLawule, eli lizwi lithi, 'Alitshoni lingenandaba' lithetha imihla enje ngalo." (S. E. K. Mqhayi)

1095. *Amangomso asa esihogweni*

Akulungile ukuthi into onokuyenza namhla, uyiyekel ingomso, ube ungayazi into ephethwe lingomso, ungazi apho uya kutshona khona. Abantu balahlekwa lukhulu ngenxa yoko.

"Umntu onga angazinikela kule nkonzo angabi saphuma ngomnyango, ma keze ngaphambili, amangomso asa esihogweni."

1096. *Ingomso alaziwa mntu*

Izinto eziya kuhla ngengomso azaziwa mntu.

"Basifiye singemdaka isiwana eso, kuba bengalazi ingomso into elibe lingayihlisayo phezu kwaBo." (H. M. Ndawo)

1097. *Ukusa akufiki kabini ukuvusa umntu*

Umntu oyeka ithuba lokwenza into ngexa asenakho ngalo, akasayi kubuya alichole elo thuba. Kude kuthiwe ithamsanqa eli linenkqayi, ukuba lidlule, kunzima ukubuya libambeke.

"Madoda ma sisebenze ngoku, ukusa akufiki kabini ukuvusa umntu, ukuba siphoswe leli thuba, soBa silahlekelwe umphelo."

1098. Inkungu ilala kwiintaba ngeentaba

Kwiindawo ezineentaba yinto eqhelekileyo ukubona inkungu ilele kule ntaba namhla, kanti ngomso kusa ilele kuleya. Kwezi ndawo ke zilala inkungu, kusoloko kukhangeleka kuhle, incha iluhlaza, nomhlaba lo unyakamile. Xa umntu asebenzisa eli qhalo, uthetha ukuthi, nakuba emi kakubi namhla, iyeza ingomso apho naye wobuya alungelwe.

"Inkungu ilala kwiintaba ngeentaba. Kulungelwa lo namhla, ukuze ngomso kulungelwe lowa." (G. B. Sinxo)

II. Intaba, Umlambo, Umfula, Isiziba, Indlela**1099. Iintaba ezikude ngamasithela**

Utsho umntu xa akhumbula into engaphaya kweentaba. Kaloku into emgama ikhangeleka ntle, neentaba ezo ke zifihle lukhulu.

"Incwadi yakho ize yafika kum, yatsho andabi nawo awokuthetha nawokuthi ni amandla. O! Iintaba ezikude ngamasithela." (H. M. Ndawo)

1100. Akukho mlanjana ungagqumiyo

Noyena mntu udelekileyo unesiphiwo esisesakhe yedwa, kunjalo nje wonke umntu ufuna ukuba baziwe okanye buviwe ubukho bakhe.

"Wathi noko wayedeliwe, waphikela ukuthetha yena ukuba ade eviwe, esitsho nokutsho ukuthi akukho mlanjana ungagqumiyo."

1101. Akukho mfula ungahlakomiyo

Yinto enye neli lithi: Akukho mlanjana ungagqumiyo.

1102. Isiziba siviwa ngodondolo

Udondolo olu ibe iyintonga ende ebisetyenziselwa ukuva ubunzulu besiziba, loo nto isenzelwa ukuqonda ukuba isiziba eso sinzulu kangakanani na, okanye asisosidibi na. Eli qhalo lisetyenziswa ekukhuthazeni umntu ukuba angayincami into engayivelelanga macala onke; ma kazame angancami, ma kalondla-londle phambi kokuziphosa entweni.

"Nje ngoko isiziba wayesel' esive ngodondolo, sel' enga ange engakhawulezanga ukuphethuka, kuba kaloku umzingisi akanafwa." (G. B. Sinxo)

1103. *Umazi wendlela ngowakha wayihamba*

Umntu onamava ngento ngulowo ukhe wayifikelela.

"Ndiya luḅulela olu ncedo undinike lona ekubaleni kwam le ncwadi, kuḅa wena uya yazi le ndlela kuḅa ukhe wayihamba."

1104. *Akukho ndlela ingayi ekhaya*

Zininzi iindlela zokwenza into enye.

"Nje ngokuḅa eli qhinga lingaphumelelanga, ma sizame elinye, kuḅa niyazi nani ukuḅa akukho ndlela ingayi khaya."

1105. *Yakun' imvula kuhlokoma neendlela*

Iindlela ezi zizinto ezithe cwaka tu, kodwa yakuna imvula uya kuziva nazo zihlokoma ngenxa yamanzi abaleka kuzo. Ngako oko ke nayiphi na into eyenzekayo, inento eyindululeyo.

"Nje ngokuḅa sel' esilwa elugwali nje, undululwe yinto, kuḅa yakun' imvula kuhlokoma neendlela."

III. **Umthi, Umthathi, Isibonda, Inkanga, Induku, Ameva, Ikhikhizela**

1106. *Kugawulwa owaziwayo*

Nasemithini xa kugawulwayo, umntu ukhetha lowo awufunayo, nacinga ukuḅa ulungile. Ukufa ke kunjalo, kumka naḅadumileyo naḅafanelekileyo.

"Kwenziwe amatile-tile okokuḅa le nkosi ingafi, kodwa akwanceda nto kuḅa kugawulwa owaziwayo."

1107. *Wogawula ubeka*

Uthi umntu ogawula umthi kufuneke aman' ukukhangela ukuḅa loo mthi uza kuwela kuliphi na icala, hleze uwele kuye umenzakalise. Ngoko ke umntu abosiqaphela isiphumo sento phambi kokuḅa ayigqibe ukuyenza.

"Mfo ndini wogawula ubeka, singathi kanti siya zixhoma ngokulandela ezaa zigqibo zaleya ntlanganiso."

1108. *Umthathi uya wuzala umlotha*

Umthathi wawusetyenziselwa izinto ezininzi ngenxa yokuḅa lufica kwawo. Amaceḅa awo ayesetyenziselwa ukukhanyisa, kuḅa ngumthi ovutha lula. Kanti noko ulufica unjalo ubuvutha uphele. kusale uthuthu lodwa, ngumlotha ke lowo, into

engasenamsebenzi mntwini. Apha ke kuthethwa ukuBa nomntu olungileyo uya bazala abantwana abangento.

"Lo mfana ngumntwana womFundisi odume kunene nge-mfundo nogqoboko. Uze ukhe uve kusithiwa, Umthathi uya wuzala umlotha nje, kuxa kuthethwa into enje ngale." (G. B. Sinxo)

1109. *Akukho sibonda siguga namaxolo aso*

Kakade ke kuqala kuvuthuluke amaxolo emthini, nje ngoko uya uguga, kuBa ixolo lithambile kunomthi. Se kobonwa ngokumana esiwa amaxolo ukuBa lo mthi mdala. Nase-mntwini kunjalo, zoba kho izinto neempawu ezibonisa ukuBa umfo lo uya khula, kunjalo nje uya guga.

"Unyana ubonwe sel' esuka ephakama engena eduda. Uvakele esithi, 'Uxolo bawo nani zidweja, akukho sibonda siguga namaxolo aso.'" (H. M. Ndawo)

1110. *Akukho nkanga idubul' ingethi*

Kuthethwa ukuBa yonke into nokuBa se intle ibukeka, iba nesiphelo.

"Ungandiboni se ndinje namhla nje, be ndikhe ndaayinto wena ngeemini zam, kambe ke akukho nkanga idubul' ingethi."

1111. *Induku entle yegawulwa ezizweni*

Umntu lo akacingelwa ukuBa angaayinto ngabantu bakowabo. Ngumntu wasemzini kakade obukwayo. Yiyo nale nto athi umfana xa afuna ukuzeka azisiye ezi ntombi abekade ehamba nazo imitshato, aye kuzifunela umfazi ezizweni.

"Uthe akugqiba ukufunda wagodukela ukunyusa abakowabo, kwathi kuba induku entle yegawulwa ezizweni, akahoywa, kusithiwa akukho nto inokucela kuye."

1112. *Umhambi akadinwa ziinduku*

IngaBa bubudenge ukuBa umhambi unokufiya ekhaya iinduku zakhe, kuBa uzikhusela ngazo ezintjabaeni, kwaye ke azinguwo nomthwalo ongako. Nangaphezu kokuzikhusela, ungfika etyethe ngazo umthwalo wakhe, kanti naxa aphumleyo ufika achophe phezu kwazo.

"Olu hambo lwethu luya kuba lude kakhulu, yonke into esiya kuyifuna ma ilungiswe iphathwe, umhambi akadinwa ziinduku zakhe."

1113. Induku ayinamzi

Apho kusoloko kusiliwa kuxatyanwa, akukho mzi woze ume apho, isiphelo sawo buhluwempu nokuchithakala. Kwakuyalwa ngeli qhalo, ukuBa umfana angamphathi kakubi umfazi wakhe ngokumbetha, kuBa umzi uBa ngumzi ngomfazi.

“Oonyana bakhe abavumelanga moya mbi ukuBa ungene phakathi kwaBo, kuBa besazi ukuBa induku ayinamzi.”
(H. M. Ndawo)

1114. Akukho mntu unesiphatho somnye

Elowo umntu unendlela eyeyakhe yokwenza izinto, nje ngokuBa abantu bengafani ekuphatheni imizi yaBo.

“Lo mphathi mtsha wafuna ukulinganisa umphathi ongaphambili, kodwa akwalunga nto, kuBa akukho mntu unesiphatho somnye.”

1115. Ameva aya bangulana

Uthi umntu ohlatywe ngameva afune amanye ukuza kuncothula lawo. Kuthethwa ukuthi, ukuBa ufuna ukwazi nto ngomntu othile, thumela omnye ofana kwa naye ngesimilo, nendlela yokuziphatha, njalo-njalo kuBa kaloku bona baya kwazana iziphoso zaBo.

“Kwathi ukuze lo mfo ade aziwe ukuBa ulisela, kweviwa ngelinye isela, kuBa ke kakade ameva la aya bangulana.”

1116. Ikhikhizela lihlum' esiqwini

Kuthi nokuBa kusemadizeni kumana kuBa kho izinto ezihlumayo apho ezikhondweni zeendiza. Ngamakhikhizela ke lawo. Le yintetho ebekiswa ukuchaza umntwana ongento ofuze uyise ongento naye.

“Ngokuphandle le nto iyinkohlakalo, nangona ivela nomntu, asililo ikhikhizela elifumane liziqinele, ihlum' esiqwini.”
(G. B. Sinxo)

ISAHLUKO VI

NGOBOMI NENTLALO YEKHAYA

I. Umzi, Indoda, Umntu, Inkosi, Iuzwana

1117. *Imizi ayifani, ifana ngeentlanti zodwa*

Kuye kutshiwo xa kuyalwa intombi isiya ekwendeni. Kuthethwa ukuba ma ingathwali amasiko akowayo icinge ukuba aya kulunga apho kuloo mzi iya kuwo. Nalapho iya kufika ekho amasiko, ekuya kufuneka ukuba ilandele wona. Ngulowo umzi unamasiko awo.

"Uhambe kakuhle ke ntombi yam, uye kusikhonzela apho uya khona, uze ukhumbule ukuba imizi le ayifani, ifana ngeentlanti zodwa."

1118. *Amadoda akafani, afana ngentjebe kuuphela*

Elo wo umntu unemikhwa nezimbo ezizezakhe yedwa.

"Ningabokusibopha ngengubo enye, nangona singamadoda nje asifani, sifana ngentjebe kuuphela."

1119. *Inxeba lendoda alihlekwa*

Umntu osengozini nasengxakini ma kungablekiswa ngaye, ma kancedwe.

"Abantu bakuthi se bephelwe bubuntu babo, sifike kwilali apho inxeba lendoda lihlekwayo, kanti ke alihlekwa."

1120. *Indoda imba kwenye eqolo*

Umntu lo uphumelela ngokuncedwa ngabanye, naye ngokuthi aqhathe abanye kuba efuna ukuphumelela.

"Uthe kuba indoda imba kwenye eqolo, wamana ukucaphula ezintweni zabanye, ephike ngeloku kuba akabonwa mntu."

1121. *Ungaqali ngokwandlala indoda ingekafiki*

Kuye kutshiwo kwintombi ethe phithi kukwenda, eba ngabona ndoda isiza, ibe se isithi naalo isoka, kanti yena umfo wasemzini uya zihambela iindlela zakhe. AmaNgesi wona

athi: Ungaqali ubale amantfontfo inkuku ingekaqanduseli. Kuthethwa ukuBa umntu ma kalinde isiphumo sento.

"Wadiliza iindladla, waakha ezintfa elungiselela isivuno esoba sikhulu, wathi kanti uqale ngokwandlala indoda ingekafiki, kuBa akazanga avune nento le."

1122. *Le nto umntu asinto izibangulayo*

Kambe ke kakade umntu ohlalywe ngameva ubangulwa ngomnye, akakwazi ukuwancothula ngokwakhe. Ngako oko ke abantu aaba baphila ngokuncedana.

"Ndiya bona ukuBa uxakwe ukuBa uqale ngeliphi na, ma ndise ndikunceda ke, kuBa le nto umntu asinto izibangulayo."

1123. *Le nto umntu iyemka nok' ibongwayo*

Eli qhalo lisingisele ekufeni kona kungakhethe bani, kungahloneli mntu, kuBa noyena mntu udumileyo uya fa.

"Kuthe kwakuvakala udaba lokuBa umfo kaNantsi, isityebi esidumileyo akasekho, kwacaca ukuBa nene-nene le nto umntu iyemka nok'ibongwayo."

1124. *Ngulowo (umntu) ukholwa ngokwakhe*

Ngulowo umntu waneliseka kukuzibonela nokuzivela into.

"Abasayi kude bakuve kule nto ubaxelela yona, ma baziyele, kaloku ngulowo umntu ukholwa ngokwakhe."

1125. *Kubi ukuthengelwa ngomnye, kuhle umntu ezifikisele*

Eli qhalo lelona limchaza kakuhle umXhosa kuBa ngumntu othanda kakhulu ukuzenzela into, azibonele nokuzibonela, kuBa akafuni ukulahlekelwa.

"Ndithe kuBa be ndithume umntu ukuBa aye kundifunela iinkomo, ndalahlekelwa, ubona nje kubi ukuthengelwa ngomnye, kuhle umntu ezifikisele."

1126. *Umbeki-nkosi indawo akayihlali*

Akunakuphatha abantu ababini ndawo nye, ngaxefa nye.

"Uye wanqhina umhlobo wakhe okokuBa umbeki-nkosi indawo akayihlali, ukuBa ma kube nguye kanye uqobo lo sel' esenziwa nje ukuphathwa." (H. M. Ndawo)

1127. Akukho nzwana ingenasiphako

Nokuba umntu sel' emhle, elungile, siya kuba kho isikhwasilima sona nokuba sinye.

"Ibiyingqondi enewonga, nenzwana engenasiphako, eyasekelwa ubuciko kwa sekuzalweni." (H. M. Ndawo)

II. Indlu, Umphanda, Ithunga, Isitya, Ikhuba**1128. Indlu yegagu iya netha**

Esi sisiyalo sokuaba into efunekayo emntwini asikokuthetha kodwa, kufuneka umntu enze. Ngumntu lowo ekude kuthiwe ngaye, uhluthi kukucikoza.

"Side samxelela ukuba indlu yegagu iya netha, sisitfho kukudinwa kukuthetha kwakhe, kungekho nto ade ayenze malunga noko kuthetha."

1129. Imiphanda ibulawa ngabamelwane

Apha kuboniswa ukuba umntu wenzakaliswa ngaabo bakufuphi naye, abahlobo bakhe. Kambe ke ngabamelwane kakade abahlobo into, bokhelane nemililo.

"Bathi kuba ingabahlobo bakhe akabandwebela nganto, kanti baya kugqibela ngokumenzakalisa, kuba imiphanda ibulawa ngabamelwane."

1130. Enethunga ayisengelwa phantsi

Intsingiselo yeyokuba akusengelwa phantsi ithunga likho, kuba iya kuba yinkcitho leyo. Kukuthi ke umntu othetha izinto eziyinene nezibonakalayo akanakungaphulwa-phulwa nokuba ungumntu odelekileyo yena. Ikwakukuthi ukuba umntu unabahlobo, uya kusoloko wazifumana iindlela zokusinda.

"Be ndisazi kakade ukuba enethunga ayisengelwa phantsi, abahlobo bam bandisindise ebunzimeni, se kusecimini ngakum."

1131. Ithunga lizala ngumphehlulu

Umntu ma kangancami, afumane ayiyeke into, nje ngomsengi esithi ubisi luphelile, kanti ngomonde umphehlulu ungalizalisa ithunga.

"Uthe noko aqondayo ukuba uphelelwe ngamandla, hayi wazama wafontelela, kuba nethunga lizala ngumphehlulu, wada waphumelela."

1132. *Isitya esihle asidleli*

Eli qhalo lithethwa mhla kufe umzali, nokuBa ngumntu obethandwa, eBekiwe, ehlonelwe ngumntu wonke. Lizekelwe ekuBeni izitya ezihle emzini azidleli nabani na, zigcinelwa abantu abakhulu, nemihla ebalulekileyo. Lithethwa ke kuthe-njwa ukuBa lowo ufileyo usaya kuBa mkhulu kuloo ndawo aye kuyo, kwelemimoya.

"Wathetha umfo wasemaTolweni waphetha ngokuthi, 'Bantu bakowethu isitya esihle asidleli. Kufa unesibindi.'" (A. C. Jordan)

1133. *Ikhuba lithengwa ngokubonwa*

Wonke umntu unga angazibonela into, angevi ngakuviswa. Kunjalo ngakumbi kumXhosa, kuBa wohamba umhlaBa, enga loo nto ayifunayo angayibona, akholwe yiyo, phambi kokuBa ayithabathe. Kambe ke abantu baya lahlekelwa kwezi mini ngokuthenga ngeposi izinto abangazibonanga, zize zifike kuBo zingeyiyo laa nto be kuthiwe ziyiyo.

"Mhlawumbi nothi nakuyibona le nto be sithetha ngayo niyithande, kakade ke ikhuba eli lithengwa ngokubonwa."

III. Ukudla, Amanzi, Ithanga, Inyama, Amasi, Izimba**1134. *Kubulala okudliwayo***

Yintetho eqhelekileyo le emaXhoseni, kuBa kuthiwa xa ufuna ukwenzakalisa umntu, mthiyele ngento ayithandayo. Ityhefu ongayidlanga ayikwenzi nto. Oyena mntu kakade onokukwenzakalisa asilotjhaba lwakho, kuBa lona ululumkele, kodwa ngumhloBo wakho odla naye sithebeni sinye, node uzityande igila kuye. Ngako oko ke lumkela okutyayo, kothi kanti kunetyhefu.

"Unganxhami ngokuyiginya yonke le nto bakucebisa yona, mhlawumbi ungasinda, kuBa kubulala okudliwayo."

1135. *Inchibi yamanzi ifa ngamanzi, eyezikhali zizikhali*

Umntu ufela kuloo nto alikroti kuyo. Ngamanye amazwi kuthethwa ukuBa ngulowo umntu uya kufa ngendlela yakhe eyodwa.

"Ubengumfo odumileyo ngokuBa yintlambi, kodwa imini yaba nye amanzi amkhulela, kwaamhlophe ukuBa inchibi yamanzi ifa ngamanzi."

1136. Amanzi aya dedelana

Kuthethwa ukuḅa yimfanelo ukuḅa umntu okwenzele okuhle, umbuyisele kwa ngobuhle; nokuḅa kulungile ukuḅa aḅantu aaba babekane. Le nto ungayibona apho kudibana khona imilambo emibini, akukho kulwa phakathi kwamanzi ayo.

"Nje ngokuḅa namanzi la ededelana, kuyimfanelo yethu ukuḅa olu ndwendwe siluphathe kakuhle, ukubuyekeza impatho yalo kuthi."

1137. Inkovu iphuma ethangeni

Ukuḅa akukho thanga akusayi kuḅa kho nkovu. Kuthethwa ukuḅa yonke into inesizathu sayo.

"Asinakulamkela eli lizwi lokuḅa le nto isuke yazenzekela, nenkovu iphuma ethangeni, akukho nto inokuzenzekela ingenasizathu."

1138. Ukuzalwa wedwa ngumlu wanyama

Umlu wenyama emaxhoseni ubuyinto esisisulu kuḅa wonke umntu ebeneqaso kuwo, nomntu ongumhambi. Kanti nezinja be zizenzela kuwo ukuḅa awunonelelwanga, noozimpe-thu xa uyekwe ixesha elide. Eli qhalo ke lithethwa ngumntu oseḅubini nosengozini, nokuḅa kusempini, xa amanye amadoda abuyelana ngokuzalana kwawo. Lithetha ukuḅa sisifulu.

"Ithe gqi kufuphi inkunzi yembabala, wathi ebeka-beka yaḅe impi se ithe saa, waqonda ukuḅa ukuzalwa wedwa ngumlu wanyama, kuḅa akubanga kho nanye indoda eza kumsiza."

1139. Uninzi luya boona ububende

Kuthethwa ukuḅa into ephethwe zizandla ezininzi ayilungi.

"Ukuze le nto siyiyilayo ibe nempumelelo, kuya kulunga kuphathe umntu aḅe mnye, uninzi luya boona ububende."

1140. Intloya iphuma emasini

Kuthethwa ukuḅa yonke into inesizathu sayo. Nangona intloya le ikhangeleka ngokungathi ingamanzi, kodwa iya vakala emlonyeni ukuḅa iphuma emasini.

"Yaye inonyana osel' eyinkonde enqhina amazwi awiswa lixhego elo. Yinto yaloo nto ukuthi, intloya iphuma emasini."
(H. M. Ndawo)

1141. *Izimba lendlela alihlumi*

Eli qhalo lisetyenziswa ikakhulu xa kubekiswa kumzali osoloko ebathethisa abantwana bakhe, engabayeki ngamanye amaxeja ukuba bazikhulele, okanye bafunde izinto ezintja ngokuzifumanela.

“Bada bamngxolisa abanye abazali ngokusoloko ebavalele ngendlu abantwana bakhe, bemxelela ukuba izimba lendlela alihlumi.”

1142. *Izimba lendlela alivuthwa*

Lisingisele kubantu abamizi ingasezindleleni, abasoloko befikelwa ngabahambi. Kuthethwa ukuba abantu abanobu bele abasayi kuze babe zizityebi.

“Kunyanisiwe ukuba izimba lendlela alivuthwa, ku ba oko sema ngakule ndlela, impahla yethu iphelele kubahambi.”

1143. *Ikhaba alithenjwa*

Xa umbona eselikhaba umntu akaqiniseki ukuba uya kufumana sivuno singakanani na. Ngako oko ke umntu ma kalinde ade abone isiphumo sento.

“Sothi kanti lo mcimbi siwunxhamele kakhulu, ube ke usemtjha, kanti ke ikhaba alithenjwa, ma singe siya nyamezela kancinane.”

ISAHLUKO VII

NGEENDLELA NEMIKHWA YABANTU

I. Imfazwe, Ubukroti, Indaba, Ubutyebi, Ukulamba

1144. *Imfazwe isuk' eziko*

lingxabano ziqalela kwiintwana ezincinane, nje ngokuḅa intlantsi idala umlilo.

“Ma singabi sayilanda kakhulu le nto noko ngathi incinane nje ingasuka inwenwezele, ubona nje wena imfazwe isuka eziko.”

1145. *Akukho kroti lemihla ngemihla*

Apha kuthethwa ukuḅa ikroti liba ligwala ngenye imini, kuḅa ikroti eliphikele ubukroti le mihla yonke lifa luhlaza, lingabanga luncedo mntwini.

“Ezi nciniḅa ḅe zindisukela ngoku zothuswa ndim, yandifundisa loo nto ukuḅa akukho kroti lemihla ngemihla.” (S. E. K. Mqhayi)

1146. *Inxeba lekroti lingaphambili*

Umntu ongelogwala ungafika neenduma ezi zingaphambili, kanti lona igwala iinduma zalo zizalise inqentsu, kuḅa kaloku ubethwe ebaleka. Ikroti lona alilunikeli umva utfhaḅa.

“Asisenakuḅa sabuya mva kule nto se siyiqalile, nokuḅa isiphumo sayo soba yini na, kakade ke inxeba lekroti lingaphambili.”

1147. *Iindaba azilali ndleleni*

Kuthiwa iindaba azilali ndleleni kuḅa ziya godola, ziya woyika umbethe. Kuthethwa ukuḅa nokuḅa into se ifihlwa, iya kuvakala phi-phi-phi ‘ngocingo lwaḅaNtsundu.’

“Kambe naye wayesel’ ebazi obu buxoki buhethwa ngaye, kuḅa iindaba ezi azilali ndleleni.” (G. B. Sinxo)

1148. *Indaba yotyelo ayikholi*

Asizizo zonke iindaba zika‘ndiva’ ezikholisayo. Elowo umntu unga angazibonela into. Ungamva umntu ekhuza

esithi, Indaba yetyelo ayikholisi mntu, hlal' usazi ukuba lowo uve into emangalisayo, anqwenela ukunga ange ezibonele ngokwakhe.

"Yinto ethe sakuyiva sasuka sakhuza sonke asalibala, kuBa indaba yotyelo ayikholi."

1149. *Ubutyebi abufunyanwa ngelanga*

Eli qhalo alisingisele ebutyebini kuuphela, lithetha nayiphi na into eyenziwa ngumntu. Ukuba yinto ebonakalayo iya kuthabatha ixefa phambi kokuba ilunge. Kutshiwo kubantu abasuka bayinxhamele into, bathi kuBa bengayigqibi kwa ngolo suku, babe se beyincama.

"Be simncama ngokuqhubela phambili imfundo yakhe, kodwa uthe akungaphumeleli, walahla, kanti ubutyebi abufunyanwa ngelanga."

1150. *Isityeba-mva sinqol' intaba*

Kutshiwo kumntu obelihlwempu waza watyeba bumini, kuze kuthi kunjalo asuke aBe nekrafu, athwale impumlo.

"Akungebi satsho ukuthi laa mfo uhamba phaya, ungasafuniyo nokuthetha nathi, ubelihlwempu izol' oku, inene isityeba-mva sinqol' intaba."

1151. *Akukho kwayama ngomfo olambayo*

Umntu olihlwempu akathenjwa, kuBa ukwalixoki negwala. "Yacaca intetho ethi, 'Akukho kwayama ngomfo olambayo', kuBa lo mfo wakowethu senjana nje kanye ngokwezinja, asiqumbelene nganto, asilwi." (S. E. K. Mqhayi)

II. UbuBele, Ulunya, Ukupha, Ucuntsu

1152. *Ububele bufun' obunye*

Umntu ofuna ukwenzelwa ububele, naye ma kaBenze.

"Be ndingazi ukuba ngalaa ntwana ndinenzele yona be niya kusuka nenje nje ukundinyula ebunzimeni, okunene ububele bufun' obunye."

1153. *Ulunya lubiz' olunye*

Apha kuthethwa ukuxathulana; oko ke kukuthi lowo ukwenze into embi, nawe umenze kwa yona.

"Sazimisela ukuba nathi siya kumenzela kwa olo lunya asenzele lona sakuba semzini wakhe, kaloku kuthiwa ulunya lubiz' olunye."

1154. *Olwabat fha luya phindana*

Eli qhalo lithetha ukuBa abantu abatfha benzelana ulunya; oko kukuthi baya ziphindezela omnye komnye. Xa lithethwa lonke lithi: Ulunya lwaBatfha luya phindana, olwamaxhegokazi luphindana ngecuba; oko kukuthi wona amaxhegokazi akazi-phindezeli, ayilungisa loo nto yolunya ngokuncazelana.

“Ma singazikhathazi ngaaBaya baFana basenzele ulunya kwilali yabo, kusekude ngaphambili, olwaBatfha luya phindana.”

1155. *Ukupha kukuzibekela*

Ukupha ngezinto zakho asiyolahleko leyo, kukuzilungiselela ingomso lakho. UkuBa ufuna ubuhloBo, benze ngoBubele.

“UkuBa abantu be beyazi into yokuBa ukupha kukuzibekela, nge bengayenzi le nto imbi kangaka yokuvimba abahambi ukutya.”

1156. *Ucuntsu akafani no fici*

Ukupha umntu into nokuBa incinane kangakanani na akufani nokumvimba kwaphela. Ungamva umXhosa ukuyiBaBaza kwakhe loo ntwana, athi ukuBa unqunyulelwe itakane eli, athi uwiselwe inkabi emazinyo asibozo kwaBani, njalo njalo ke.

“Thabathani le ntwana, oku kokuBa nisule nje imilomo, noko yena ucuntsu akafani no fici.”

III. Ubukhulu, Ubude, Ingqondo, Ithemba, Nijwa, Ukufa

1157. *Ubukhulu abubangwa*

Umntu lo asinto iBa nkulu ngokuBa isitfho; umntu uBa newonga kuba ezalwa nguNaantsi, okanye ngenxa yemisebenzi yakhe. Eli qhalo lavela mhla kwakubambene uNgonyama Tyhali owayezalwa ngumntu omnyama, noFeni Tyhali owayezalwa yinkosazana. Wagwetyelwa uFeni, kuBa kwathiwa ‘ubukhulu abubangwa ngamlomo, bahlulwa kukutfhata kwaBafazi.’

“Ziintwana ezo ongefika zihambela phezulu zifuna amawonga obunkokeli, ngokungathi aziyazi into yokuBa ubukhulu obu abubangwa.”

1158. Ubude abuphangwa

Eli qhalo linye neli lithi: Ubukhulu abubangwa.

1159. Isiqhelo siya yoyisa ingqondo

Umntu ufuneka ukuBa ayilumkele yonke imikhwa anayo, ngakumbi emibi kuBa kuya kuBa nzima ukwahlukana nayo. Isiqhelo siya kumnyanzela enze izinto abengethandi ukuzenza.

“Waziqhelisa into embi yokuthuka, walibala ukuBa isiqhelo siya yoyisa ingqondo, kungoku nje akasaziva nokuBa uya thuka xa athethayo.”

1160. Ithemba alibulali

Ufjho umntu othenjiswe into.

“Amehlo ke ohlala ejonge enkalweni, kuBa ithemba alibulali.”

1161. Ithemba alibulali, kubulala ubunxhamo

Apha kuthethwa ukuBa lowo uthenjise into ma kangaxhami, ma kabe nomonde ayilindele, okanye uya kufa kukuyinxhamela.

“Siya kuzama ke ukuBa le nto usithembise yona singayinxhameli, kuBa lona ithemba alibulali, kubulala ubunxhamo.”

1162. Umzingisi akana fwa

Umntu ozingisayo nonenzondelelo ude aphumelele.

“Le ntombi yayingazange ibonakalise nezinyo eli ngakuye, kodwa ke umzingisi akana fwa.” (Z. Fufhane)

1163. Elokufa alityeli

Ukufa oku kuza kungabungisananga namntu.

“Be ndingatfjho ukuBa into kaNantsi yoBa kukwezi mini nje ayisekho kweli, nene-nene elokufa alityeli.”

1164. Akukho kufa kunjani

Le ntetho isetyenziswa ekukhuthazeni umntu, xa loo nto aya kuyenza, okanye loo ndawo aya kuyo inengozi ehamba nayo. Kuthethwa ukuBa umntu uya fa nokuBa ufela phi na, njani na. Konke ukufa kuya fana.

“Ivakele inzwinini yamakhwelo, yatfjho igwatyu, wathi umntu phambili makhaBa akukho kufa kunjani.”

1165. *Akulahlwa mbeleko ngakufelwa*

Liqhalo elithethwa ekuḅeni athi umntu ofelwayo ngabantwana kuḅonakale ukuḅa uya ncama ukuthi woze abuye abe nomnye. Yindlela yokukhuthaza ukuḅa umntu ma kangancami kuloo nto ayenzayo.

“Ndithe se ndilahle iintonga ukuḅa le ncwadi yoza igqitywe, wandikhuthaza omnye umbali ngelithi akulahlwa mbeleko ngakufelwa.”

1166. *Usana olungakhaliyo lufel' embelekweni*

Umntu ongazixeliyo iintswelo neemfuno zakhe wosoloko wacingelwa ukuḅa konke kumlungele, angaze ke afumane luncedo mntwini. Kaloku abantwana bamaXhosa bahlala eqolo koonina, athi ke umntwana ozithuleleyo, ongaliliyo, kucingwe ukuḅa ulele okanye uhluthi.

“Kuthiwa kambe usana olungakhaliyo lufel' embelekweni. Nina ke nakhala nangona isikhalo senu singazanga sisatyelwe. Ndiya niva ke namhla.” (A. C. Jordan)

ISAHLUKO VIII
AMANYE AMAQHALO

I. Ukubona, Bulela, Ukuguga, Isilonda, Ulophu, Indawo

1167. *Ukubona kanye kukubona kabini*

UkuBa ukhe wadibana nento embi kwaakanye, loo nto ikwenza ukuBa uhlale undwebile ukuBa ingaphindi yenzeke kuwe.

"Andinakuzenza ndibuyele kulaa mzi apho be ndiphethwe kakubi kangaka, ukubona kanye kukubona kabini."

1168. *Ukukhula kukubona*

Okuya umntu akhulayo, kokuya ebona izinto, aBe ngoko uya funda, ufumana amava. Yinto enye nokuthi: Ukuhamba kukubona.

"Awu! ukukhula kukubona izinto. Naalo ke ihlazo namhla. Sikhuph' iingwevu ukuya kufunel' inkosi umfazi zisuke zibuye zidumb' iintloko buBuhle bentombazana." (A. C. Jordan)

1169. *Akubulehwa luvayo*

Le nto umntu kuthethwa izinto ezintle ngayo mhla yafa, kuBa kusithiwa wosuka aBe nekqatji.

"Andinazwi ngale nto nindenzele yona, se ndisithi nje akubulelwa luvayo, ndonikhumbula mhla nafa."

1170. *Ukuguga akuzi ngazingqi*

Ubudala bomntu buza bungamxelelanga, kube kungekho mntu uyifunayo loo nto. Uthi umntu engaqondi nje, aBone ngokungafikeleli kwezo nto awayekade enokuzenza. Into ehlekisayo yile yokuba wothi umntu sel' elibunga aman' ukuthi, kuguga othandayo.

"Se befumane bandincekelela nje, aBaqondi bona ukuBa ndaluphele, kaloku ukuguga oku akuzi ngazingqi, akubethi ntsimbi."

1171. *Isilonda siphola msinyane ngokuchanjuzwa*

UkuBa unenkathazo neenzima, yiBa nomntu omxelelayo ngazo, ufumane uncedo.

"Akuyi kukunceda nto ukuBa ezi ngxaki zakho uzimumathe, ziya kukudobelela, thetha ngazo, kuBa isilonda siphola ngokuchanjuzwa."

1172. *Isaala-kutyelwa sibona ngolophu*

Kutshiwo kumntu ongevayo, oncenkani, ade abe nazo naxa anqandwa ebeka engozini, kuthiwe ke lowo uya kuthi juu engabaselwanga. Ulophu ngumoya ofuju.

"Waba nganqandwa kusithiwa ma kangayi apho, wasuka waaneenkani, bamyeka kuba besazi ukuba isaala-kutyelwa sibona ngolophu."

1173. *Isaala-kutyelwa sibona ngomophu*

Eli qhalo ikwaleli lingentla, ngaphandle kokuba endaweni yokubona ngokutsha, umntu uya kubona ngomophu, oko ke kukuphalala kwegazi.

1174. *Akukho apho kunjani, iindawo zonke ziya fana*

Kutshiwo kwaaba bantu bangenazikhundla, bafuduka imihla nezolo, kuba besithi bafuna iindawo ezilungileyo. Kuthethwa ukuba iindawo zona ziya fana, ngumntu ngokwakhe owenza indawo ilunge okanye ingalungi.

"Umntu ma kazinze azakhele umzi kuloo ndawo akuyo, akukho apho kunjani, iindawo zonke ziya fana."

II. Into, Uphoyiyana, Iqili, Ukusina, Isisulu, Isithuko**1175. *Akukho nto ithe ni ibingathanga ni***

Yonke into ekhoyo izekelwe kwinto eyakha yaakho, akukho nto intja phantsi kwelanga.

"Hayi nina ningafumane nixhale ngale nto yenzekileyo, akukho nto ithe ni ibingathanga ni."

1176. *Ungalahli' imbo yakho ngophoyiyana*

Imbo le yinto exabisekileyo, ilitye elifana negolide, elalihomba amaMfengu. Uphoyiyana yena yinto engenamsebenzi, imfeketho. Kuyenzeka maxa wambi umntu akhohliseke ngulo phoyiyana. Xa lithethwa lonke lithi, Ungalahli imbo yakho ngophoyiyana, kuba uphoyiyana uyemka ngomso. Oko kukuthi ke, ungalahli izihlobo zakho ngomntu wasemzini owo buye akusiye; okanye ungalahli isiqha sakho senyama ngenxa yesanga.

"Uyinto ni na ke namhla umntu oNtsundu emva kokulahla amasiko akhe. Wena ke ulahla imbo yakho ngophoyiyana!"

(T. B. Soga)

1177. *Iqili loyiswa ngamanye amaqili*

Abantu abazimilo zifanayo bazana bodwa. Isilumko soyiswa sesinye isilumko.

"Be bezihlupha nje kakade ukucinga ukuba bangade bamenze nto lowo, iqili loyiswa ngamanye amaqili."

1178. *Isina-mva liya bukwa*

Kunjalo entlalweni yethu, oyena mntu ubukwayo ngulowo wenze into entle mva, kuba aabaya bokuqala se belityelwe.

"Wathi noko angagqithanga mntu ngale misebenzi yakhe wanconywa ngokuba isakhunjulwa, kuba isina-mva liya, bukwa."

1179. *Izisulu azelekelani*

Kuthethwa ukuthi ukuba ufumene isisulu kwinto ethile, ungacingi ukuba uya kuphinda ufumane esinye kwa kuloo nto. Se kusithiwa ngezi mini; iKresmesi iza kanye ngonyaka.

"Lathi kuba isela elo lalisindile okokuqala, labuya laphinda, laza ngoku labanjwa, kuba kaloku izisulu ezi azelekelani."

1180. *Isithuko asibeki siphako*

Ukuthuka umntu nokuthetha ngaye kakubi akusiguquli isimilo sakhe; okanye akumenzi ukuba abe yiloo nto athukwa ngayo.

"Ungazikhathazi wena ngezo zinto zimbi azithethayo ngawe, isithuko sona asizanga sabeka siphako mntwini."

ISIPHELO

ULUHLU LWAMAGAMA

A

Agwityi, is- 135, 136, 1047.
 Alusi, um-, 63, 1058.
 Andla, is-, 29, 415-428, 1086.
 Angxa, is-, 120.
 Anzi, am-, 381, 459, 573, 640,
 753-760, 836, 1074, 1135,
 1136.
 Anya, ukw-, 28, 182, 193, 844.

B

Babala, im-, 9.
 Badakazi, u-, 871.
 Bakuba, i-, 902, 903.
 Bala, uku-, 467.
 Bande, im-, 116.
 Beleko, im-, 452, 453, 1165,
 1166.
 Belu, u-, 645.
 Benya, u-, 881, 1003.
 BiBa, im-, 64.
 Bila, im-, 37, 38, 1024.
 Binqa, uku-, 910, 911.
 Biza, im-, 785-788.
 Boboyi, u-, 130.
 Bodla, uku-, 461.
 Bokothwe, im-, 644.
 Bokhwe, i-, 213, 214.
 Bonga, uku-, 169.
 Bongo, i-, 1084.
 Bontsi, u-, 508-510.
 Bovane, im-, 99, 1034.
 Bula, uku-, 609, 689, 692, 839.
 Bulu, im-, 23, 24.
 Bungane, i-, 89, 90.
 Buqa, uku-, 693.
 Butya, uku-, 719, 720.
 Buya, im-, 554.

B

Bala, i-, u-, 4, 122, 138, 166,
 167, 912, 913, 1017.
 Bamba, uku-, 2, 16, 70, 109,
 133, 143, 250, 260, 265, 288,
 362, 365, 551, 599, 638,
 842, 1035.
 Bambo, u-, 382, 383.
 Banda, uku-, 225, 421, 464,
 872, 914, 921.
 Bande, ama-, 521, 522.
 Bandla, ama-, 990.
 Bangula, uku-, 1115, 1122.
 Batha, i-, 502.
 Baya, isi-, 607, 1064, 1065.
 Beka, uku-, 200, 318, 330, 358,
 408, 419, 443, 451, 547,
 581, 709, 784, 855, 912,
 1062, 1180.
 Beko, um-, 784, 915.
 Bele, uBu-, um-, 191-193, 239,
 1152.
 Bende, uBu-, 719, 720, 1139.
 Betha, uku-, 110, 185, 268, 310,
 332, 380, 417, 470, 603, 642,
 737, 881, 900, 916-918.
 Bethe, um-, 197, 609.
 Bika, uku-, 64, 828, 948.
 Bila, uku-, 65, 765, 919-922.
 Bilini, um-, 397-403.
 Bilo, u-, 200.
 Bindi, isi-, 410-412.
 Binza, um-, 544.
 Bisi, u-, 75, 747.
 Boko, um-, 1016.
 Bola, uku-, 254, 274, 1039.
 Bombo, um-, 337, 1084, 1085.

Bona, uku-, 342, 899, 1029,
1133, 1167, 1168.
Bonda, isi, 1109.
Bonga, uku-, 1123.
Bopha, uku-, 94, 165, 227, 441,
521, 522, 830.
Boya, u-, 42, 226, 247, 248, 839,
1043, 1044, 1075.
Bulala, uku-, 879, 1129, 1134,
1160, 1161.
Bulela, uku-, 923, 1169.
Bundlwana, um-, 230.
Buya, uku-, 42, 116, 161, 219,
504, 516, 924.
Buzi, i-, 64, 1029.

C

Cala, i-, 233, 395, 396, 571,
1054.
Canda, uku-, 393, 536, 802.
Chathaza, i-, 236.
Catyana, isi-, 500.
Cheko, isi-, 761.
Cela, uku-, 349, 422, 479,
500, 501, 630, 797.
Celu, um-, 148.
Cephe, um-, 802.
Cihofe, u-, 904.
Ciko, isi, 788.
Cima, uku-, 925, 926.
Cinga, um-, 91, 556, 557.
Cingo, u-, 893.
Chitywa, i-, 886.
Chiza, um-, 927.
Cuña, i-, 714.
Cuntsu, u-, 1156.
Cwalamba, u-, 65.
Chwe, ulu-, 300.
Cwethe, u-, 67, 1030.

D

Daña, in-, 279, 323, 670-672,
766, 928, 929, 1094, 1147,
1148.

Dada, i-, 1052.
Daka, ama-, m-, u-, 487, 768,
814, 934.
Dana, uku-, 930.
Danga, isi-, 677.
Dawo, in-, 27, 43, 1126, 1174.
Debe, in-, 803, 804.
Deda, uku-, 43, 678, 1136.
Dima, in-, 682, 683.
Dina, uku-, 580, 1112.
Dingiwe, u-, 882.
Diza, iin, um-, 713, 814.
Dla, uku-, 61, 206, 212, 217,
220, 222, 272, 304, 326, 327,
343, 505, 523, 528, 542, 719,
726, 730, 733, 753, 765-
783, 804, 1017, 1020-1023,
1040, 1046, 1132, 1134.
Dlaña, i-, 931.
Dlala, i-, in-, uku-, 391-394,
558, 659, 681, 767, 932,
1046, 1048.
Dlazi, in-, 131.
Dlebe, in-, 79, 324-332.
Dlela, in-, 39, 119, 483, 629-
635, 1103-1105, 1141, 1142,
1147.
Dlele, isi-, 335.
Dlolothi, in-, 777.
Dlu, in-, ama-, 115, 243, 755,
818-821, 989, 1128.
Dluñu, u-, 933.
Doda, in-, 158, 677, 826,
1056-1058 1118-1121.
Dolo, i-, 467-475, 1089.
Dondolo, u-, 1102.
Donga, u-, 760, 824-826.
Dudo, um-, 54, 55, 674, 675,
882, 888.
Dudu, isi-, 736.
Dudumo, in-, 560, 561.
Duku, in-, 541, 1111-1113.

Duli, isi-, 646-649.
Dwe, in-, 139.

E

Ela, ukw-, 692.
Enda, ukw-, 668, 669.
Enza, ukw-, 34, 450, 648, 683,
934, 935, 962.

F

Fa, uku-, 123, 181, 193, 346,
458, 466, 577, 617, 644, 653,
657, 750, 787, 820, 826,
873-880, 896, 1019, 1039,
1046, 1048, 1090, 1135, 1163-
1166.
Faka, uku-, 105, 180, 184,
262, 317, 384, 385, 424,
520, 805, 846, 852, 936.
Fe, im-, 736-739.
Fele, u-, 11, 703, 704, 1080.
Fene, im-, 25-30.
Fihla, uku-, 309, 350.
Fika, uku-, 477, 582, 608, 975,
1097, 1125.
Finga, uku-, 364, 373.
Fohla, uku-, 849.
Fu, ili-, isi-, 563-565.
FuBa, isi-, 377-381.
Fukutha, uku-, 1014.
Fula, um-, 763, 1082, 1101.
Funa, uku-, 534, 790, 937, 1152.
Fuxwa, im-, 968.
Fuzo, im-, 92.

G

Gada, i-, 619-621.
Gaga, u-, 145, 663.
Gagu, i-, 1128.
Gala-gala, um-, 536.
Galo, in-, 435, 436.
Gama, i-, 926.
Gawula, uku-, 514, 1106, 1107,
1111.

Gaya, uku-, 643.
Gcawu, isi-, 96-98.
Gila, i-, 256.
Ginya, uku-, 93, 294, 295,
641, 938.
Giyo-giyo, i-, 149.
Goba, uku-, 454.
Godo, u-, 939.
Goloda, uma-, 63.
Gonyama, in-, 1, 2.
Goqo, i-, 517.
Govane, u-, 301.
Goxe, ukuthi, 976.
Gqabi, i-, 531-534.
Gqada, u-, 915.
Gqatsa, uku-, 106.
Gqaza, i-, 146.
Gqiba, uku-, 572, 940, 941.
Gqoloma, u-, 19.
GquBa, i-, um-, 303, 628, 664,
694, 695.
Gqudu, i-, 675.
Gquma, uku-, 1022, 1026, 1100.
Gqwangu, ubu-, 100.
GuBo, in-, 830-832.
Gudu, in-, 969.
Guga, uku-, 414, 793, 1109,
1170.
Gugu, i-, 1085.
GuJa, i-, 11, 209-212.
Gwala, i-, 162, 857.
Gwanife, i-, 541.
GweBa, isi-, 1040, 1047.
Gwele, i-, 987.
Gwiqi, in-, 295.
Gxala, isi-, 942.
Gxalaba, i-, 384.
Gxube, um-, 546.
Gxuluwe, u-, 883, 884.
Gxwala, uku-, 708.

H

Hagu, i-, 216, 217.

Hala, i-, 905-907.
 Hafe, i-, 205-207.
 Hili, u-, 20-22.
 Hla, uku-, 27, 36, 315, 557,
 929, 943-945, 1079.
 Hla, um-, 583-585, 820, 1050,
 1145.
 Hlaba, uku-, 394, 570, 619,
 649, 946-949.
 Hlaba, um-, 714, 743.
 Hlahla, i-, uku-, 535, 629, 746.
 Hlaahla, isi-, 439.
 Hlahlo, um-, 352.
 Hlakothi, um-, 537.
 Hlala, uku-, 76, 447, 556, 623,
 812, 813, 950-952, 1021, 1126.
 Hlamba, uku-, 360, 428, 499,
 660, 762.
 Hlambi, um-, 111.
 Hlana, um-, 51, 452, 813, 1088.
 Hlaanga, u-, 1091.
 Hlangala, um-, 43.
 Hlanti, uku-, 667, 1057, 1063,
 1117.
 Hlathi, i-, um-, 44, 304-306,
 476, 511-515.
 Hlaza, lu-, 72, 780, 878, 962,
 963.
 Hle, 398, 492, 543, 567, 1080,
 1132.
 Hlehla, uku-, 953.
 Hlehlo, um-, 69.
 Hleka, uku-, 113, 293, 306,
 1119.
 Hlinza, uku-, 60, 81, 1054.
 Hlobo, i-, um-, 144, 292.
 Hloko, um-, 375.
 Hlola, uku-, um-, 946, 954.
 Hloma, uku-, 157, 559.
 Hlontlo, um-, 539.
 Hlonzo, um-, 1092.
 Hlungu, i-, 553.
 Hlutha, uku-, 87, 269, 280.

Hluzi, um-, 199, 796.
 Hlwa, uku-, um-, 586, 590-592,
 594, 958.
 Hlwitha, isi-, 323.
 Hobe, i-, 133.
 Hodi, i-, 53.
 Hogo, isi-, 1095.

Γ

Γamnewa, i-, 1020, 1022.
 Ganisi, u-, 244.
 Gaty, u-, 40, 146.
 Gewu, i-, 744.
 Kroti, i-, 1145, 1146.

J

Ja, in-, 218-229, 1071-1075.
 Jama, uku-, 612.
 Jambase, u-, 882.
 Jece, in-, 970.
 Jiya, uku-, 749.
 Joja, uku-, 59.

K

KhaBa, i-, uku-, 33, 171, 174,
 177, 379, 1059, 1065, 1143.
 Kaba, in-, 462.
 Kabi, in-, 178, 574.
 Khaka, i-, isi-, 85, 853, 854.
 Khalane, i-, 88.
 Khambi, ama-, 740, 741.
 Kanga, in-, 227, 358, 1110.
 Kangala, in-, 991.
 Khanyela, uku-, 192, 449, 508,
 524.
 Khasa, uku-, 827.
 Khatha, isi-, 852.
 Kati, i-, 232-235.
 Kawu, in-, 31-36, 1023.
 Khaya, i-, 1104.
 Khenke, ama-, 615.
 Khikhizela, i-, 1116.
 Kinge, in-, 540.
 Khiwane, i-, 543.

KoBe, iin-, 733.
 KhoBo, ama-, 696.
 Kohla, in-, 985.
 Khooko, u-, 955, 956.
 Kholwa, uku-, 47, 723, 1047,
 1124, 1148.
 Khombe, um-, 12.
 Komo, in-, 159-167, 189, 190,
 1053-1061.
 Konjane, in-, 144.
 Khono, isi-, um-, 168, 437,
 438, 460.
 Khonto, um-, 850-851.
 Konkxa, in-, 846.
 Konyana, in-, 164, 474, 1066-
 1069.
 Kophe, iin-, 362.
 Kosi, -in-, 669, 791, 1126.
 Khosi, i-, um-, 206, 858, 949.
 Khotha, uku-, 51, 231, 285,
 286, 1015, 1073, 1088.
 Khova, isi-, 116-119, 1046.
 Kovu, in-, 229, 361, 1137.
 Khozi, um-, 672, 673.
 Khozo, u-, 545, 734, 735.
 KhuBa, i-, 656, 680, 681, 1133.
 Khuko, u-, 840.
 Kuku, in-, 237-243, 1048-1050.
 Khulu, uBu-, 1030, 1157.
 Kume, in-, 101-102.
 Kungu, in-, 611-613, 1046.
 Khuni, u-, 516, 537.
 Kunzi, in-, 170, 1062-1063.
 Kwali, in-, 503, 1051.
 Khwapha, i-, 385, 386.
 Khwe, uBu-, 218.
 Khwekazi, um-, 671.
 Khwekhwe, u-, 14, 892, 957.
 Khwelo, i-, 698.
 Khwenene, isi-, 126-129.
 Kwenkwe, in-, 718.
 Kwenkwezi, in-, 562.
 Khwezeli, um-, 65, 516.

L

Lahla, uku-, 322, 687, 703,
 859, 958, 959, 1165, 1176.
 Lahle, i-, 811-813.
 Lala, uku-, 53, 97, 169, 173,
 192, 241, 244, 247, 331, 449,
 525, 611, 650, 757, 818, 866-
 870, 872, 955, 1098, 1147.
 Lamba, uku-, 783, 960, 961,
 1151.
 Lambo, um-, 1100.
 Langa, i-, 567-575, 613, 1093,
 1149.
 Latakisa, i-, 908.
 Lawu, i-, 885.
 Lenze, um-, 476-478, 835, 1090.
 Lila, uku-, 89, 145, 151, 245, 35.
 Lilo, um-, 228, 807, 808.
 Lima, uku-, 685.
 Lobola, uku-, 655-656.
 Lomo, um-, 1, 142, 237, 261-
 281, 1061, 1077.
 Londa, isi-, 1171.
 Lonji, u-, 531.
 Lophu, u-, 1172.
 Lotha, um-, 1108.
 Lowo, um-, 928.
 Lu, um-, 1138.
 Lulwane, i-, 71.
 Lunda, i-, 202-204.
 Lungu, um-, 886.
 Lwandle, u-, 140, 610.
 Lwantunge, u-, 9.
 Lwimi, u-, 282-284, 1074.

M

Ma, uku-, 478, 498, 964, 965.
 Mango, um-, 778.
 Mapasa, u-, 888.
 Matha, i-, uku-, 704, 964.
 Mazi, i-, 171, 1059.
 Mba, uku-, 465, 515, 1120.
 Mbo, i-, um-, 887, 1176.

Mbona, u-, 732.
 Mila, uku-, 152, 155, 549, 554,
 632.
 Mini, i-, 145, 594, 595.
 Mitha, uku-, 172, 176.
 Mnyama, 348, 782, 790, 822.
 Mofu, u-, 165.
 Mona, u-, 886, 1083.
 Mophu, u-, 1173.
 Moya, u-, 118, 596-607, 800.

N.

Na, uku-, 819, 966, 1105, 1128.
 Naba, uku-, 550.
 Nam, u-, 967.
 Nama, isi-, 555.
 Ncha, i-, 547-551, 632.
 Nchathu, i-, 460.
 Nchiḽi, i-, 1135.
 Nciniḽa, i-, 379.
 Nchola, uku-, 257, 593.
 Ncholo, i-, 542.
 Nchuka, i-, 10, 11.
 Ncukuthu, i-, 83.
 Ncum, i-, 616.
 Nchunchu, i-, 142, 284.
 Ndikho, u-, 937.
 Ndilele, u-, 866.
 Ndonci, u-, 721.
 Nga, um-, 538.
 Ngaba-ngaba, i-, 140, 141.
 Ng'ang'ane, i-, 137.
 Ngcongolo, i-, 20, 46.
 Ngele, u-, 257.
 Ngena, uku-, 78-80, 107, 115,
 267, 323, 438, 496, 600, 675,
 755, 968, 969.
 Ngqanga, i-, 123, 124.
 Ngqika, u-, 889.
 Ngwe, i-, 2-6, 1017.
 Nina, u-, 569, 652-654, 1068-
 1069.
 Nko, i-, 903, 930.

Nkonazana, u-, 770.
 Nomyayi, u-, 150.
 Nongqawuse, u-, 891.
 Nongxi, u-, 890.
 Nonkala, u-, 54-56, 1032.
 Notfhe, u-, 971.
 Nqaba, i-, uku-, 238, 823.
 Nqatha, i-, 280, 724-726.
 Nqawa, i-, 709-711.
 Nkqayi, i-, 1081.
 Nqe, ama-, 465-466.
 Nqika, uku-, 99-101, 646.
 Nqilo, i-, 147.
 Nqina, i-, 199, 217.
 Nqindi, ama-, 170.
 Nqola, uku-, 637, 1150.
 Nqoma, i-, 175.
 Nqonqo, um-, 454-456.
 Nqu, i-, 1004.
 Nqhu, ulu-, 366.
 Nqugwala, i-, 920.
 Nquma, uku-, um-, 724, 972.
 Nqwazi, um-, 847.
 Nqweme, i-, 68, 1023.
 Nti, u-, 816.
 Ntla, ili-, 822.
 Ntlaka, i-, 269, 527.
 Ntlangu, i-, 221.
 Ntliziyo, i-, 413, 414.
 Ntsinde, i-, 684.
 Ntsundu, 893.
 Ntjiyane, i-, 151.
 Ntfo, u-, 121, 122.
 Ntfonto, i-, 338.
 Ntfonto, i-, 246.
 Ntjweza, u-, 892.
 Ntu, um-, 28, 58, 163, 166, 214,
 281, 286, 317, 429, 430,
 567, 592, 610, 666, 667, 733,
 779, 848, 970, 1097, 1122,
 1123.
 Ntwana, um-, 654, 658-665,
 889.

Ntyontya, uku-, 698, 699.
 Nuka, uku-, 1025, 1036.
 Nwabu, u-, 66.
 Nwayi-nwayi, 976.
 Nwe, um-, 340, 440-444.
 Nwelc, ii-, 319-322.
 NxeBa, i-, um-, 519, 870, 1045,
 1119, 1146.
 Nxele, u-, 894.
 Nxowa, i-, 181, 554.
 Nxhowa, i-, 835-839.
 Nxhuma, um-, 53, 984, 1022,
 1026, 1031.
 Nya, ama-, ulu-, 336, 1153.
 Nyaka, um-, 579.
 Nyala, ama-, 15, 668.
 Nyama, i-, 448, 716-719, 1138.
 Nyanga, i-, 577, 578.
 Nyani, um-, 689, 690.
 Nyathi, i-, 13, 1018.
 Nyawo, u-, 26, 236, 483-499,
 1087.
 Nyheke, i-, 642.
 Nyele, um-, 8.
 Nyi, isi-, 706.
 Nyiki, i-, 93-94, 1034.
 Nyoka, i-, 15-18, 1019.
 Nyoko, u-, 655-657.
 Nyongo, i-, 705-707.
 Nyonywana, ama-, 977.
 Nyosi, i-, 77, 78, 1037.
 Nyuka, uku-, 435, 945.
 Nyhwagi, i-, 43.
 Nzimba, i-, 918.
 Nzwana, i-, 1127.

O

Oja, uk-, 110, 538, 817.
 Okha, uk-, 626, 807.
 Oma, uk-, 91, 276, 296, 302,
 748, 917, 922.
 Ombela, uk-, 676.
 Ophula, uk-, 793, 794.

Osa, uk-, 722, 723.
 Otha, uk-, 228, 518, 810.
 Ozela, uk-, 679.

P

Pha, uku-, um-, 426, 686,
 687, 1155.
 Phaka, uku-, 786.
 Phako, isi-, 1127, 1180.
 Phala, uku-, 27, 208, 634.
 Phalala, uku-, 978.
 Phanda, uku-, um-, 53, 805,
 806, 979, 1051, 1129.
 Phanga, isi-, uku-, 438, 1158.
 Phantsi, 243, 436, 490, 622,
 623, 731, 732, 862.
 Phaphu, i-, 409.
 Phatha, uku-, 5, 336, 382, 418,
 425, 429-433, 857, 1028.
 Phatho, isi-, 1114.
 Phehlulu, um-, 1131.
 Pheka, uku-, 785, 794-796.
 Phela, i-, uku-, 79, 80, 513,
 597, 980 1075, 1080.
 Phemba, uku-, 606, 809, 810.
 Phika, i-, 407, 408.
 Phiko, i-, 108, 152-154, 1042.
 Phila, uku-, 246, 390, 981, 1021.
 Phinda, uku-, 635, 689, 737,
 1091, 1154.
 Phini, i-, 748.
 Phondo, u-, 183-190, 207, 890.
 Phosa, uku-, 621, 688, 735,
 851, 941.
 Phothe, u-, 868.
 Phothula, uku-, 701.
 Phoyiyana, u-, 1176.
 Pukane, im-, 72-76, 1033.
 Puku, im-, 60-65, 234, 235,
 1027, 1028.
 Phula, imi-, 982.

Phuma, uku-, 20, 186, 207, 209,
278, 368, 416, 512, 821, 1093,
1137, 1140.
Pumlo, im-, 225, 368-376, 1087.
Pundulu, im-, 143.
Phungela, u-, 895.
Phunzi, isi-, 525.
Phuthi, i-, 44.
Phuzi, i-, 1027.

Q

Qa, um-, 427, 748, 749.
Qhakuva, i-, 957.
Qala, um-, 302, 303, 1079.
Qalane, isi, 103.
Qanda, i-, 127, 253-254, 595,
1039, 1049.
Qandula, uku-, 255.
Qaqa, i-, 49-52, 1025, 1026.
Qaqaqa, u-, 832.
Qelezana, u-, 833.
Qhelo, isi-, 1159.
Qili, i-, 1088, 1177.
Qhinga, i-, 61, 222, 795.
Qobokazana, ama-, 650.
Qokozo, um-, 869.
Qolo, um-, 449-551, 1120.
Qholo, uku-, 10.
Qolomba, uno-, 896.
Qongqothwane, u-, 92.
Qhoja, i-, uku-, 374, 984,
1084-1085.
Qu, isi-, 1116.
Qhubu, i-, 936.
Qula, isi-, 480.
Qulo, ama-, 434.
Qhwalela, uku-, 983.

S

Sa, uku-, 370, 395, 586-589,
1097.
Sambuntsuntsu, u-, 897.
Sana, u-, 1166.

Sebe, i-, 32.
Seko, i-, 702.
Sela, uku-, 31, 602, 758, 763,
764, 800, 803.
Sele, i-, isi-, um-, 13, 18, 57-59,
544, 645, 1031, 1032.
Selwa, i-, 62, 798-801.
Seme, i-, 138.
Senga, uku-, 171, 173, 175, 176,
232, 235, 700-702, 801, 1059-
1060.
Senza, u-, 751.
Si, ama-, 74, 80, 212, 459,
539, 575, 745, 1061, 1140.
Si, uku-, um-, 77, 132, 817.
Siba, u-, 124, 155-158.
Sibi, u-, 898.
Sihlongonya, u-, 897.
Sika, uku-, 237, 463, 506, 725.
Sila, um-, uku-, 5, 6, 16, 24,
133, 249-252, 744, 776, 1024,
1050.
Sinda, uku-, 960, 986.
Sindo, um-, 987, 988.
Singa, isi-, 164.
Siza, uku-, 879.
Sizi, u-, 925.
So, ili-, uku-, 35, 333-334,
338-361, 657, 1056, 1082
1083.
So, um-, 141, 580, 581, 1095,
1096.
Soko, i-, 789.
Sonto, um-, 95.
Su, isi-, 457-460, 1055, 1092.
Suka, uku-, 112, 620, 989,
1040, 1041, 1083, 1144.
Suku, u-, uku-, 578, 742.
Sula, uku-, 264, 301.
Sulu, isi-, 1179.
Sundulo, um-, 201.
Swane, um-, 708.

Σ

Σiya, uku-, 109, 405, 651, 690,
809, 991-996.
Σiyi, i-, 363-367.
Σwa, ili-, 199, 1162.

T.

Tha, um-, 473.
Taba, in-, 636, 637, 1098, 1099,
1150.
Taka, in-, 104-115, 1039-1044.
Takane, ama-, 215.
Thakathi, um-, 865.
Takumba, in-, 81-82.
Tambanani, in-, 125.
Thambo, i-, 727-729, 289, 1019,
1071.
Tambo, in-, 841, 842.
Tamo, in-, 387-390.
Thamo, um-, 875.
Thanga, i-, 750, 1137.
Tanyongo, in-, 691.
Tapile, i-, 534.
Thati, um-, 1108.
The, ama-, 73, 283, 294-299,
390.
Thebe, isi-, 792, 793.
Themba, i-, uku-, 1143, 1160-
1161.
Thende, isi-, 504-506.
Tendele, in-, 134.
Tenetya, in-, 42.
Thenga, uku-, 172, 576, 1125,
1133.
Tengu, in-, 1058.
Thetha, uku-, 601, 604, 685,
808, 829, 998-1001.
Tethe, in-, 91.
Theza, uku-, 102, 518, 519.
Thi, uku-, um-, 36, 150, 523-
526, 528-530.
Tlama, in-, 220.
Tlanzi, in-, 573, 759.

Tloko, in-, 37, 90, 307-319,
425, 1035.
Tlombe, in-, 867.
Tlontlo, iin-, 1081.
Tloya, in-, 746, 1140.
Tlwa, in-, 1035.
To, in-, 205, 278, 351, 370,
432, 439, 466, 658, 673,
685, 734, 773, 911, 973,
974, 1175.
Tho, isi-, 481.
Thole, ama-, 112, 135, 137, 143,
180-182, 1051.
Tombi, in-, 618, 670.
Tonga, in-, 855-859.
Thontsi, ama-, 608.
Thonyama, um-, 665.
Tofela, in-, 992.
Tsala, uku-, 178, 179, 369.
Tsente, in-, 486, 501.
Tsiba, uku-, 552, 895, 1002,
1068.
Tsika, in-, 83.
Tsimbi, in-, 774.
Tsini, in-, 293, 700.
Tsomu, in-, 997, 998.
Tswela, ama-, 1001.
Tjha, uku-, 187, 233, 413, 434,
553, 694, 759, 761, 812, 815,
816, 841.
Tjhaka, u-, 899.
Tjhato, um-, 885.
Tjhaya, uku-, 445, 711-713, 715.
Tjefe, in-, 1118.
Tjhila, uku-, 125.
Tjinga, in-, 1009.
Tjhiwo, u-, 900.
Tjhofo, i-, 194-198, 1053.
Tjhona, uku-, 321, 462, 568,
587, 1093, 1094.
Tjhotjho, um-, 57.
Thuko, isi-, 1180.
Thuli, u-, 624-628.

Tulo, in-, 68-70.
 Thuma, uku-, um-, 540, 754, 961.
 Thumbu, i-, 114, 126, 129, 136, 463, 464, 661.
 Thunga, i-, uku-, 261, 843, 1003-1005, 1130, 1131.
 Tungo, in-, 482.
 Thunzi, isi-, 1006, 1007.
 Thupha, izi-, 445.
 Thuthu, u-, 662, 811.
 Twa, ama-, 1008.
 Thwa, um-, 901.
 Twala, in-, 84-87.
 Thwala, uku-, 139, 153, 198, 203, 356, 372, 381, 415, 706, 751, 1009, 1034.
 Tya, isi-, um-, 790, 791, 843, 844, 1132.
 Tyanda, uku-, 256, 363, 391.
 Tye, ili-, 56, 99, 101, 639-644, 895.
 Tyeβa, uku-, 131, 216, 354, 1038, 1149-1150.
 Tyesi, i-, 845.
 Tyhini, i-, 666.
 Tywala, u-, 742, 743.

V

Va, ame, um-, 417, 848, 1010, 1115, 1178.
 Valo, u-, um-, 404-406, 697.
 Vatala, i-, 752.
 Viko, u-, 520.
 Vimba, uku-, 346, 657.
 Vula, im-, 1105.
 Vundla, um-, 39-41.
 Vusa, uku-, 8, 204, 697, 956, 1097.
 Vuthwa, uku-, 546, 752, 797, 1142.

W

Wa, ili-, 596, 638.
 Wa, uku-, 49, 188, 258, 334, 475, 636, 647, 824.

X

Xaka, uku-, 134, 1011.
 Xakatho, um-, 834.
 Xam, u-, 45-48.
 Xhama, i-, 901.
 Xhapha, uku-, 223, 1074.
 Xathula, uku-, 231.
 Xhela, uku-, 909, 1070.
 Xhentsa, uku-, 676, 677.
 Xefa, i-, 223.
 Xesibe, um-, 887.
 Xhoba, uku-, 849.
 Xolo, i-, 526, 527, 1109.
 Xholo, um-, 860, 861.
 Xhoma, uku-, 359, 386, 691.
 Xhongo, u-, 479, 614.
 Xoxo, i-, 55.
 Xhukwane, i-, 909.
 Xhuma, uku-, 1012.
 Xhwili, i-, 14.

Y

Ya, um-, 545.
 Yaba, u-, 916.

Z

Zala, i-, 686, 688.
 Zala, uku-, 138, 163, 214, 255, 277, 383, 792, 837, 862-864, 1082, 1108, 1131, 1138.
 Zeka, uku-, 39, 897, 988, 1013.
 Zi, um-, 650, 651, 1113, 1117.
 Ziba, isi-, 1052, 1102.
 Ziko, i-, 827-829, 1144.
 Zimba, ama-, 730, 731, 1141, 1142.
 Zimba, um-, 258-260, 414, 1076.

Zingisi, um-, 1162.

Zinyo, i-, 238, 287-292, 1078.

Zipho, u-, 446-448.

Zolo, i-, 585, 883.


Zondo, in-, um-, 30, 1036.

Zulu, i-, 114, 129, 136, 558,
559, 907.

Zwane, u-, 507.

Zwe, ili-, 339, 378, 614-619,
1111.

Zwi, ili-, 1014, 1015.





28 FEB 1959

